## ISILUMKISO/INKQUBO YOKUHLELA

Molweni

Namkelekile kwaNECT kwinkqubo yoLwimi lwaseKhaya!

Qaphela ukuba ubhalo lwale nkqubo yoLwimi LwaseKhaya, Ikota yesi-3 lwenziwe kwixesha elifutshane kakhulu. Ngaso ke esi sizathu, siyavuma siqonda ukuba lungakho uhlelo notshintsho olungenzeka.

Singathanda ke ukuba ungathatha ubumnini kule nkqubo, ze usebenzisane neqela labahleli bethu ekuyiqwalaseleni kwakhona le nkqubo, ngenjongo zokuphucula olu guqulo. Ukuba uthe wafumana iimpazamo, nantsi imiqathango ngezantsi omawuyilandele:

1. Thumela iimeyile kwidilesi engqamene nolwimi lwakho kwezi zingezantsi:
   xitsonga@homelanguage.co.za
   tshivenda@homelanguage.co.za
   sepedi@homelanguage.co.za
   siswati@homelanguage.co.za
   isizulu@homelanguage.co.za
   isindebele@homelanguage.co.za
   isixhosa@homelanguage.co.za
   sesotho@homelanguage.co.za
   setswana@homelanguage.co.za
   afrikaans@homelanguage.co.za
   english@homelanguage.co.za
2. Kula mgca ukubuza ngesizathu sokuthumela iimeyile, cacisa ngokuthe gca ofuna kutshintshwe. Umzekelo kwi: BANGA 3 IKOTA 3 KWISICWANGCISO SESIFUNDO, AMAPHEPHA 45–47.
3. Kwiimeyile ubuqu, bhala uluhlu lwazo zonke iimpazamo ofuna zilungiswe. Okanye unganceda ngokuzenza ezi zilungiso kwikopi yakho yesicwangciso ze uzisikene okanye uthathe ifoto yephepha, ze uzithumele ngeimeyile.
4. Ukuba kukho ezinye iingxaki ezinkulu ozibonayo ongafuna zifumane ingqwalasela yethu, bhala kwakhona usebenzisa la dilesi yeimeyile, ze kula mgca obuza isizathu kwiimeyile bhala ngokucacileyo. Umzekelo: UBUNGQINA BOLWINI OBUSETYENZISWA KWINGINGQI YAM.
5. Ze kubuqu beimeyile, unike ingcaciso ethe vetshe ngomba lowo.
6. Nceda uthumele iimeyile enamagama akho, isikhundla sakho nenombolo zefowuni ofumaneka kuzo; ukuze sikwazi ukukufumana ukuba sifuna ezinye ingcaciso okanye sibe nengxoxo nawe.
7. **Sibulela kakhulu ngokufaka ubuchwephesha bakho kule nkqubo! Sifuna ukuqinisekisa ukuba siphuma nesicwangciso esinyanisekileyo nesamkelekileyo kwiilwimi zonke ezikule nkqubo.**

# Isiqulatho


Ezolawulo Ngale Nkqubo v
Iindlela Zokufundisa Ezingundoqo xiii

**Iveki 1 Umxholo: Ububele 1**
Ngomvulo 3
Ngolwesibini 7
Ngolwesithathu 13
Ngolwesine 20
Ngolwesihlanu 25

**Iveki 2 Umxholo: Ububele 29**
Ngomvulo 31
Ngolwesibini 36
Ngolwesithathu 43
Ngolwesine 50
Ngolwesihlanu 55

**Iveki 3 Umxholo: Ukuthembeka 59**
Ngomvulo 61
Ngolwesibini 67
Ngolwesithathu 73
Ngolwesine 80
Ngolwesihlanu 84

**Iveki 4 Umxholo: Ukuthembeka 89**
Ngomvulo 91
Ngolwesibini 96
Ngolwesithathu 102
Ngolwesine 108
Ngolwesihlanu 113

**Iveki 5 Umxholo: Ukusombulula iingxaki 117**
Ngomvulo 119
Ngolwesibini 125
Ngolwesithathu 131
Ngolwesine 138
Ngolwesihlanu 143

# Ezolawulo Ngale Nkqubo

## Isiphumo sesiFundo

Kule Kota, abafundi bakho kumele babe bazifumene ezi ziphumo zesifundo ezilandelayo;

### UKUMAMELA NOKUTHETHA

1 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukutsho okanye bacule imibongo emi 4 okanye iingoma.
2 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuthatha inxaxheba kwiingxoxo kwigumbi lokufundela besabelana ngolwazi olungaphambili.
3 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuthatha inxaxheba kwingxoxo engebali eli belifundwa noTitshala besebenzisa isicwangciso/isakhelo sengxoxo njengesikhokelo.
4 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukwakha awabo amabali
5 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukwabelana ngemisebenzi yabo yokubhala.
6 Abafundi kumele ukuba bayasiqonda kwaye bayakwazi ukusisebenzisa esi sigama silandelayo.

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| ububele | ukuba nobubele | isithukuthezi | ukuba yingxenye | ukungabi yingxenye | ukubandakanywa |
| ukungabandakanywa | ukuba nombulelo | kufanelekile | impatho | imfihlo | isithembiso |
| ukuthembeka | ukukhohlisa | ukuzinikezela | ukugragrama | ukukroba | ukuhlazeka |
| ukugweba | ingozi | ngabom | ukuthembeka | ukungathembeki | inyani |
| ubuxoki | ukuvuma | isacholo | ebengezelayo | ukuhlonipha | nomona |
| khangela | ukuqhathwa | qhatha | isidenge | ukuba nomdla | ukuvavanya |
| ndicaphukile | ndicaphukisiwe | ukubandezeleka | iziphumo | khohisa | ukungahoyi |
| iphiko lomoya | umbane | injineli | ubunjineli | indlala | imbalela |
| ukulamba | ukuchukumiseka | oncomekayo | wahlekwa | intatheli | gxila |
| ibhetri | uyilo | okufanyo | ukukhumbula ekhaya | uyilo | ukusebenzisa de ufumane isisombululo |
| ukukhangela nokuqokelela okulahliweyo | ukuphuhlisa | phanda | intanethi | ulwazi | izixhobo |
| inqaku | ithala leencwadi | ukuboleka | idatha | cofa | iphepha iskrolela |
| isazi seenkwenkwezi | ugqirha wezibalo | ubukroti | amandla omoya | ucalucalulo | ayilunganga |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| ityala | indumiso | bala | ubume | ulovane | ngokwahlukileyo |
| isini | ubuhlanga | inkolo | yeyakho | ngokungekho semthethweni | ulwaphulo mthetho |
| iqhula | inkcubeko | iBurundi | imibhiyozo | isiko | ngokwesiko |
| lifa lemveli | yeyakho | umnyhadala | isihlobo | | |

**IZANDI NEZANDI**

1 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuziva ze bazitsho izandi
2 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuzibona ezi izandi zilandelayo
3 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuwohlula ze baphinde bawadibanise amagama

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| ngq | xhw | ngx | ntw | tyw | nxw |
| nty | nkx | nts | nkq | krw | rhw |
| ngq | xhw | ndl | ntl | | |

Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuwohlula la magama alandelayo

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| ingqayi | ingqina | ingqambu | ingqondo | ixhwili | ixhwane |
| ixhwele | ingxaki | ingxelo | ingxam | ingxokolo | intwaso |
| intwala | umntwana | intwazana | tywaba | utywala | tywina |
| unxweme | enxwemeni | izantya | intyatyambo | intyabontyi | izantyalantyala |
| nkxaso | inkxalabo | intselo | ezantsi | nkqonkqo | inkqayi |
| inkqubela | nkqonkqoza | ikrwala | krwela | ikrwada | rhweba |
| umrhwebi | rhwaphiliza | ingqayi | ingqina | ingqiniba | ingqambu |
| ingqondo | ixhwili | ixhwane | ixhwele | indlu | indlovu |
| indlela | indlala | indlebe | intlaka | intlama | intloko |
| intluva | intliziyo | | | | |

**UKUFUNDA**

Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuzicalula ezi izandi zilandelayo

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| ngqo | ingqayi | ingqina | ingqambu | ingqondo | xhwi |
| ixhwili | ixhwane | ixhwele | ngxe | ingxaki | ingxelo |
| ingxam | ingxokolo | intwaso | intwala | umntwana | intwazana |
| tywaba | utywala | tywina | tywaa | unxweme | enxwemeni |
| izantya | intyatyambo | intyabontyi | izantyalantyala | nkxu | inkxaso |
| inkxalabo | intsila | intsika | intselo | ezantsi | nkqonkqo |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| inkqayi | inkqubela | nkqonkqoza | krwe | ikrwala | krwela |
| ikrwada | rhweba | umrhwebi | rhwaphiliza | ngqo | ingqayi |
| ingqina | ingqiniba | ingqambu | ingqondo | xhwi | ixhwili |
| ixhwane | ixhwele | indlu | indlovu | indlela | indlala |
| indlebe | intlaka | intlama | intloko | intluva | intliziyo |

Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukufunda la magama abonwa njalo

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| wayehlala | elilolo | enethemba | ngexesha | lekhefu | eziqatyiweyo |
| amenzele | ekhitshini | umama | uphosise | abahlobo | ngexesha |
| lekhefu | akababonisa | isacholo | edikiwe | phantsi | komthi |
| zisitya | iinkomo | iphiko | mpompa | amanzi | kumsele |
| onzulu | ezilahliweyo | izixhobo | intsimbi | isinyithi | ehlanganisa |
| i-intanethi | ulwazi | iselfowuni | wokwenza | undlela-lula | ekrelekrele |
| ngokwesini | ucalucalulo | iimbono | zabantu | ezikhetha | kwabanye |
| ahlukile | kwimidlalo | ngenkangeleko | inkcubeko | azifani | efanelekile |
| aziqhayise | wazibuka | | | | |

Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukulubona unxulumano kwibali njengakulo mzekelo ulandelayo

| |
|---|
| Wakuthi krwaqu phandle ubona imeko yesiqhelo esitsha. Inkxwaleko ibhalwe ebusweni babantu. Intlupheko izenzele unothanda ngenxa yeKhorona. Le ntlekele isifikeleyo asokuze ilibaleke. Iindwayi zelizwe lakowethu ziyanikezela. Abantu balangazelela ukufika kwentlakohlaza ivuselele intyatyambo. Mhlawumbi emva kwesi sihelegu kuza indyebo. Iindleko zamayeza zihleli emntwini. |

### UKUQIQA NOKUQONDA

1. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuqikelela okuza kwenzeka ebalini besebenzisa imifanekiso
2. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukukhumbula iinkcukacha ngebali .
3. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukubalisa ibali elifundiweyo.
4. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuchaza okwenzeka kuqala okulandelayo nokokugqibela ebalini.
5. Abafundi kumele ukuba bayakuqonda ukuba kuthetha ukuthini ukuba nomfanekiso ngqondweni, ukuyifunda ivaliwe nokucinga ngebali.
6. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuxoxa ngebali besenzisa isakhelo sengxoxo.
7. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuphendula imibuzo yebali.
8. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukushwankathela ibali.

### UKUBHALA

1. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuzoba umfanekiso obonisa ukuqonda ibali.
2. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukufakela iinkcukacha kwimizobo yabo.
3. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukubhala izivakalisi ezifutshane besebenzisa isakhelo sokubhala.
4. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukubhala 1 umhlathi besebenzisa isakhelo / isicwangciso sokubhala.
5. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukubhala: uluhlu/ ileta.

### UKUFUNDA NGAMAQELA ANCEDISWA NGUTITSHALA

1. Abafundi bafanele ukuba bakwazi ukufunda ngokuvakalayo kwincwadi abakumgangatho wayo bekunye notitshala kwiqela elikumgangatho olingana nowabo.
2. Abafundi bafanele ukuba bakwazi ukusebenzisa ukwazi ngezandi, imizekelo ebonakalayo ze bakwazi ukubona amagama axhonyiweyo xa befunda.
3. Abafundi kufuneka bakwazi ukuqala ukuzilawula ngokwabo ukuqaphela amagama nengqiqo nokuqonda

## IziXhobo zokuFunda eziphuma nale nkqubo

**Qaphela: Izixhobo ezi ziphuma nale nkqubo zezesikolo. Kwaye ziphuma kube kanye, ngako ke qinisekisa ukuba ziyabhalwa phantsi ze ziphatheke ngononophelo.**

Kwikota yesi-3 uTitshala ufumana ezi zixhobo zilandelayo:

1. **Iitshati ezixhonywayo ezimabala-bala x 4**
   Sebenzisa ezi tshati ukuxhoma umsebenzi wakho weveki. Kwiveki nganye xhoma: izandi zeveki namagama aqala ngezandi, amagama abonwa njalo, amagama asekelwe kumxholo, imifanekiso enamagama esekelwe kumxholo nesakhelo sokubhala.
2. **Iitshati zokufundisa ukubhala ngesandla**
   Ezi tshati mazixhonywe ngaphambili eklasini ukuqinisekisa ukuba ziyabonakala kubo bonke abafundi. Kwibanga loku-1 nelesi-2 ooTitshala baza kufumana iitshati zokubhala ngesandla, ze kwibanga lesi-2 nelesi – 3 ooTitshala bafumane iitshati zokubhala ngesandla nezokubhala ngokudibanisa.
3. **Isicwangciso seSifundo Ikota yesi-3**
   Sebenzisa esi sicwangciso ukukukhokela kwizakhono ekufuneka uzifundisile. Iindlela zokuFundisa ezinguNdoqo zicacisa indlela yokufundisa isifundo ngasinye. Kwiiveki ezimbini zokuqala kwiKota yesi-2 uza kulandela inkqubo yokuziqhelanisa nale nkqubo.
4. **Ikota yesi-3 iTreka**
   Sebenzisa itreka yakho ukuzalisa Isicwangciso sakho sonyaka nesekota. Faka uphawu nomhla kwisifundo ngasinye nomsebenzi wohlolo njengoko ubonisiwe. Emva kwesifundo ngasinye bhala iingcinga zakho ngesifundo.

5 **Ikota yesi-3 INcwadi eNkulu**
Sebenzisa amabali akwiNcwadi eNkulu ngexesha Lokufunda noTitshala. Amabali kule Kota asi – 8, oko kuthetha ukuba ibali elinye ngeveki.

6 **Ikota yesi-3 Izixhobo Zokufunda**
Izixhobo zokufunda ziquka oku kulandelayo:

7 **Oonotsheluza bamagama** baquka amagama asekelwe kumxholo, amagama abonwa njalo, izandi nezandi magama. Wasike la magama ze uwabeke ngokulandelelana kwindawo ecocekileyo. Sebenzisa itshati ukuxhoma oonotsheluza.

8 **Imifanekiso enamagama asekelwe kumxholo** le mifanekiso inamagama inikwezwe apho kufanelekileyo. Yisike ze uyibeke ngokulandelelana kwindawo ecocekileyo. Sebenzisa itshati ukuxhoma oonotsheluza.

9 **Imisebenzi esekelwe kuBugcisa bokubalisa ibali** ikhona kumxholo ngamnye.
Le misebenzi iquka imifanekiso emi-3 ukuya kwemi-4 ebalisa ibali. Umfanekiso ngamnye unamaphepha ali-10 omsebenzi. La maphepha alingana nenani lala maqela mancinane ngako ke iqela ungalinika amaphepha afanayo. Kopa / Shicelela amaphepha ngokwesidingo sakho.

10 **Incwadi yoMsebenzi wokuHlola** uyinikiwe ukubhala iziphumo zabafumdi nokucaphula ngokwenzekileyo kwiKota.

11 **Ikota yesi-3 Amaphepha omsebenzi wokufunda x 10**

12 Amaphepha omsebenzi wokufunda asi-8 uwanikiwe kule kota. Usebenzisa iphepha elinye ngeveki ukuqala kwiveki yoku-1 ukuya kweye – Sebenzisa la maphepha neklasi yonke ngexesha lokufunda namaqela ngoncedo lukaTitshala. Iphepha ngalinye kula asi-10 linamaphepha angama-Kopa/ Shicelela amaphepha ngokwesidingo sakho.

## Ezesiqhelo zeveki: 7 iiyure

1. Le nkqubo yokufunda ilandela imisebenzi eminye yemihla ngemihla iveki neveki.
2. Oku kwenza kube lula kooTitshala nabafundi ukulandela le nkqubo.
3. Abafundi bangalungiselela umsebenzi olandelayo xa sebeyazi inkqubo yemisebenzi yemihla ngemihla.
4. Lo msebenzi wesiqhelo usekelwe kwixesha elincinane elinikwe kwi – CAPS kuLwimi LwaseKhaya eliziiyure ezisi-7 ngeveki.
5. Ezesiqhelo zakhiwe ngendlela yokuba zisebenze ngokufanayo kuLwimi LwesiNgesi oluyinxalenye yale nkqubo yePSIRP.
6. Nceda uxhome lo msebenzi wesiqhelo kwigumbi lakho lokufundela, uwufunde de uwazi ngentloko!

| NGOMVULO | | NGOLWESIBINI | | NGOLWESITHATHU | | NGOLWESINE | | NGOLWESIHLANU | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Imisebenzi yeOrali | 15 | | | Imisebenzi yeOrali | 15 | | | Imisebenzi yeOrali | 15 |
| | | Izandi | 15 | Izandi | 15 | Izandi | 15 | Izandi | 15 |
| Ukubhala ngesandla | 15 | Ukubhala ngesandla | 15 | Ukubhala ngesandla | 15 | | | | |
| Ukufunda noTitshala | 15 | Ukufunda noTitshala | 15 | | | Ukufunda noTitshala | 15 | Ukufunda noTitshala | 15 |
| Ukubhala | 30 | | | Ukubhala | 30 | | | | |
| Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 | Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 | Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 | Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 | Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 |
| **1.45** | | **1.15** | | **1.45** | | **1.00** | | **1.15** | |

## Ulungiselelo lweveki

Kubalulekile ukukhumbula ukuba le nkqubo seyibenzele ooTitshala isicwangciso sesifundo, oku kunceda ukunciphisa ixesha njengoko uTitshala ENGASACWANGCISI, kodwa UKUZILUNGISELELA ukufundisa isifundo kuyafuneka kakhulu. Udinga nje imva kwemini enye uze uzilungiselele uncedisana noogxa bakho abafundisa kwesi sigaba.

**Xa nizilungiselela, khumbulani oku:**

1. Fundani isicwangciso sesifundo seveki.
2. Qinisekisani ukuba niyakwazi kwaye niyakuqonda ekufuneka kwenziwe, ukuba aniqinisekanga yiyani Kwiindlela zokuFunda ezinguNdoqo nihlaziye ulwazi lwenu.
3. Okulandelayo, jongani ukuba ngabaphi oonotsheluza nemifanekiso efunekayo kumxholo, amagama asekelwe kumxholo, amagama abonwa njalo, izandi nesakhelo sokubhala.
4. Oonotsheluza nemifanekiso mabalungiswe ngolu hlobo:
   - **a** Sika oonotsheluza okanye sika imifanekiso.
   - **b** Ncamathelisa kwiphepha okanye kwibhokisi.
   - **c** Ukuba unako faka iplastiki okanye ulamineyithe.
   - **d** Gcina aba notsheluza kwimvulophu okanye ubafake irekeni.
5. Qokelela zonke ezinye izixhobo onokuthi uzifune kuquka imifanekiso nezinto eziphathekayo.
6. Jonga ukuba unayo na iNcwadi eNkulu.
7. Funda yonke imisebenzi ekwincwadi yeDbe ekumele uyenze.
8. Ziqhelanise nomsebenzi wonke wokubhala.
9. Qinisekisa ukuba iTreka yakho uyizalisile kumsebenzi weveki ephelileyo, waye ucaphule ngezifundo zakho zeveki ephelileyo.

## Uludwe lwenkqubo yokuFunda neMixholo

| INANI LEVEKI | UMXHOLO | ITEKISI YOKUFUNDA NOTISHALA | AMAPHEPHA OMSEBENZI WOKUFUNDA |
|---|---|---|---|
| 1 | Ububele | UKhumo unomhlobo omtsha | 1 |
| 2 | Ububele | Isidlo sasemini esithe chatha | 2 |
| 3 | Ukuthembeka | Isacholo esiluhlaza | 3 |
| 4 | Ukuthembeka | Umalusi owakhwaza wathi 'ingonyama' | 4 |
| 5 | Ukusombulula iingxaki | Iphiko lamanzi likaWilliam elingumangaliso | 5 |
| 6 | Ukusombulula iingxaki | UKelvin Doe: UDJ Focus | 6 |
| 7 | Ukufunda izinto ezintsha | UZandile usebenzisa i-intanethi | 7 |
| 8 | Ukufunda izinto ezintsha | Ngubani uKatherine Johnson? | 8 |
| 9 | Ungubani? | UTrevor Noah, ulovane | 9 |
| 10 | Ungubani? | UMzantsi Afrika ngowethu sonke | 10 |

## Ikota yesi 3 Inkqubo YoHlolo

Inkqubo yoHlolo iyilwe ngokwe 'Abridged Section 4 of CAPS '. Le nkqubo iyafumaneka ngasemva kwiTreka yekota nganye.

## Iitshati ezixhonywa kwigumbi lokufundela

### ITSHATI EZIXHONYWAYO

**1** Njengenxalenye yale nkqubo uza kunikwa iitshati ezine ezinkulu ezimabala-bala zokuxhoma eklasini.
**2** Umbala ngamnye uza kusetyenziswa ukuxhoma isigama esahlukileyo seveki.
**3** Sebenzisa ezi tshati ngolu hlobo:
- **a** **Itshati eluhlaza okwengca** – xhoma amagama eveki asekelwe kumxholo nemifanekiso yawo.
- **b** **Itshati eluhlaza okwesibhakabhaka** – xhoma amagama esiwabona njalo kulo veki
- **c** **Itshati etyheli** – xhoma izandi namagama asekelwe kwizandi zeveki.
- **d** **Itshati epinki** – xhoma isakhelo sokubhala seveki.

**4** La magama axhonywa kwezi tshati makahlaziywe iveki neveki.

5 Nceda ungayeki amagama asekelwe kwimixholo nemifanekiso yawo axhonywe unyaka wonke. Okuxhonywe kwezi tshati makungqamane nomxholo owenzayo. Ukuba uwayeka onke la amagama asekelwe kwimixholo nemifanekiso yawo, iklasi yakho ixinana kakhulu kwaye abantwana baphele sebengazi apho kufuneka bejonge khona. Bavele bayeke ukujonga kwaphela
6 Xa uwothula amagama nemifanekiso qinisekisa ukuba uwagcina kakuhle.
7 Khumbula la magama nemifanekiso uza kuphinda uwasebenzise kunyaka ozayo.

**ITAFILE YOMXHOLO**

1 Yakha itafile esekelwe kumxholo lo wenziwayo eklasini yakho.
2 Sebenzisa le tafile ukubonisa imifanekiso nezinto eziphathekayo ezingqamane nomxholo.
3 Ziphawule ngamagama ezi zinto ukuze abafundi bawazi amagama azo, befunda nesigama esitsha.

# Iindlela Zokufundisa Ezingundoqo

## Ulawulo kwigumbi lokufundela

Ezinye zendlela zokulawula kwigumbi lakho lokufundela sizifake njengeendlela zokufundisa ezingundoqo. Ezi ndlela zokufundisa sizisebenzisa lonke ixesha kule nkqubo, ngoko ke kubaluleke kakhulu ukuba uziqhelanise nazo de uzazi.

***Injongo yezi ndlela zokufundisa ezingundoqo:*** *Kukuphucula ixesha olithathayo ukugqiba umsebenzi ngamnye, indlela abaziphatha ngayo abafundi nokuphucula intsebenziswano phakathi kwabafundi. Ukunciphisa ukuphazamiseka ekufundeni nokwazisa isakhono sokudlala ekufundeni.*

### UKUHLALA NAMAQELA AMANCINCANE

1 Kubalulekile ukunika ixesha nengqwalasela kwindlela ohlalisayo ngayo abafundi kwigumbi lokufundela.

2 Xa usenza oko, naku ekufuneka kuqwalaselwe:

   a **Baxube abafundi ngokwezakhono zabo ezahlukeneyo** – awufuni kuhlalisa abafundi ekunzima kubo bodwa kananjalo ungafuni ukuhlalisa abafundi ababukhali bodwa. Baxube abafundi bakho ukwenzela ukuba igumbi lakho lonke lokufundela libe ngumxube.

   b **Hlalisa abafundi bakho ngenyameko ukukhusela ingxabano nengxolo kwigumbi lokufundela.** Sukuhlalisa abafundi abathanda ukuhluphana ndawonye. Sukuhlalisa nabafundi abathanda ukuthetha ndawonye. Baleka ezi ngxaki ngokubohlula aba bafundi.

3 Kule nkqubo kukho imisebenzi embalwa efuna ukuba abafundi basebenze kunye kumaqela amancincane.

4 La maqela aquka abafundi aba-3 ukuya kwaba – 4, behleli kufutshane omnye komnye. Wenza oku ukwenzela ukuba xa uxelela abafundi ukuba mabasebenze kumaqela abo amancincane bakwenze oko ngokukhawuleza bengachithi xesha kuba abahambi kakhulu.

5 Ukuba bafundi bakho bahlala ngokwemiqolo indlela elula yokwakha la maqela kukuba abafundi ababini kumqolo wokuqala mabajike bajonge abafundi ababini kumqolo osemva kwabo. Oku kwenza iqela elinabafundi aba-4 ngokukhawuleza nangempumelelo.

6 Lo msebenzi sukuwuyekela kubafundi. Gqiba ngendlela oza kuyisebenzisa ukwakha la maqela, ze ufundise abafundi bakho indlela yokuya kumaqela ngokukhawuleza bethe cwaka.

7 Ukuba uyabona ukuba kukho iqela elingasebenzisani kakuhle, litshintshe elo qela unganyanzeli.

## UKULAWULA IINGXOXO KUMAQELA

1 Kule nkqubo, kukho imisebenzi efuna abafundi babambe iingxoxo kumaqela.
2 Fundisa abafundi bakho ukwenza oku kulandelayo:
   a Okukuqala, abafundi mabahlale kumaqela abo amancinci
   b Okwesibini, mabathathe ingqalelo kumbuzo nngxoxo okanye isakhelo
   c Wonke umfundi makanikwe ithuba lokuphendula umbuzo:
      - Umfundi woku– I makaphendule umbuzo woku –1
      - Umfundi wesi– 2 makaphendule umbuzo woku –1
      - Umfundi wesi– 3 makaphendule umbuzo woku – 1
      - Umfundi wesi– 4 makaphendule umbuzo woku –1
      - Umfundi woku–I makaphendule umbuzo wesi-2
      - Umfundi wesi–2 makaphendule umbuzo wesi-2
      - Umfundi wesi–3 makaphendule umbuzo wesi-2
      - Umfundi wesi–4 makaphendule umbuzo wesi-2
      - Njalo njalo
3 Ingaba licebo elihle ukusebenzisa' intonga ethethayo'/ ilitye / nantoni na ephathekayo ukulawula oku.
   a Nika iqela ngalinye into ephathekayo enjenge litye okanye intonga ezotywe ngemibala –bala.
   b Lo mntu ubambe ilitye okanye intonga nguye onelungelo lokuthetha abanye eqeleni bamamele.
   c Xa egqibile ukuthetha ilitye okanye intonga mayidluliswe kolandelayo njalo njalo.
4 Ukuba kufuneka kunikwe ingxelo, emveni kokuba wonke umfundi ethethile eqeleni, makuvotelwe ezona mpendulo zigqwesileyo kumbuzo ngamnye.

## IMISEBENZI YOKUZIHLAZIYA EYENZIWA XA KUFUNDWA

1 Xa kufundwa ngamaqela ngoncedo lukaTitshala, uTitshala makasebenze namaqela amabini kuphela.
2 Phambi kokuba ahoye iqela lokuqala, kubalulekile ukuba abafundi bamnike inzolo utitshala. Njengoko uTitshala eza kusebenza namaqela amabini kubalulekile ukuthatha ithuba ashukumise abafundi phambi kokuba baqhubeke nomsebenzi wesibini kwiphepha lomsebenzi wokufunda.
3 Yenza oku kanje:
   a Xa ugqibile ukusebenza thumela iqela lokuqala ezidesikeni zabo
   b Abafundi mabayeke oko bakwenzayo bakunike inzolo.
   c Yenza umsebenzi wokuhlaziya abafundi ubashukumise.
   d Wakugqiba bahlalise phantsi ze bajonge Iphetshana lomsebenzi Wokufunda.
   e Cacisa umsebenzi olandelayo omawenziwe kwelaPhetshana lomsebenzi Wokufunda

  - **f** Uyabakhumbuza abafundi ukuba baqinisekise ukuba bawugqibile lo bebewenza umsebenzi phambi kokuba benze olandelayo.
  - **g** Biza iqela lesibini lizo kufunda nawe.

**4** Sicebisa le migaqo mi-4 yokufunda nabafundi bakho:

## Umsebenzi woku – 1: UTitshala uthi

**1** Phakamani bafundi.
**2** Ndiza kunicacisela ngeentshukumo ezahlukeneyo esiza kuzenza, njengo kuzibamba entloko, ukubhabhisa ikayithi, ukushukumisa impumlo, ukuxhuma-xhuma kathathu; njalo njalo.
**3** Ukuba ndithi 'utishala uthi', yenza oko kutshiwo ndim.
**4** Ukuba anditshongo ukuba" utitshala uthi", yimani ngxi.
**5** Ukuba umfundi uye washukuma ndingatshongo ukuba utishala uthi, lo mfundi uyaphuma emdlalweni ngokuthi ahlale phantsi.
**6** Ophumelelayo ngulowo uzakushiyeka eme yedwa.

## Umsebenzi wesi-2: Umjayivo

**1** Yalela abafundi baphakame.
**2** Bacacisele ukuba uza kudlala umculo efowunini yakho.
**3** Xa abafundi besiva umculo mabajayive.
**4** Xa umculo ucima mabaqine.
**5** Umculo mawulayitwe ucinywe amatyeli amabalwa, ukwenzela abafundi bajayive baphinde baqine amatyeli ambalwa!

## Umsebenzi 3: Shukuma, shukuma, qina

**1** Yalela abafundi baphakame.
**2** Yithi: shukuma, shukuma, shukuma, shukuma, shukuma, shukuma, qina !
**3** Abafundi mabatsho kunye nawe shukuma, shukuma njengoko beshukumisa imizimba yabo'.
**4** Xa kufikwa kuqina nkqi bathi cwaka!
**5** Phinda phinda oku amatyeli ambalwa.

## Umsebenzi we – 4: Isitulo sam nam

**1** Umfundi makaphakame ame ecaleni kwesitulo sakhe. Makubekho umgama wokushukuma eklasin.

2 Nika abafundi imiqathango emayilandelwe – mabenze konke oku ngokukhawuleza bethe cwaka.
3 Yonke le miqathango yayamene nesitulo befunda umbekwa-phambili.
4 Nika imiqathango ngolu hlobo:
   - Yima emveni kwesitulo sakho
   - Phakamisa isitulo sakho
   - Khwela esitulweni sakho
   - Nyathela ngaphaya kwesitulo sakho
   - Njalo njalo etc.

## Imisebenzi ye-orali

Xa kuqala izifundo zoLwimi LwaseKhaya ngoMvulo, ngolwesiThathu nangolwesiHlanu uya kufundisa i-orali. Ezi zizifundo zokuphulaphula nokuthetha zale nkqubo, ezilungiswe ngobuchule ukunika abafundi amathuba okuthetha umntu eyedwa.

### Fundisa amaGama aSekelwe kuMxholo

***Injongo:*** *Kukuphuhlisa izakhono zabafundi zokuqiqa nokucinga besebenzisa ulwimi lwezemfundo, ukuze kuphuhle isakhono sokufunda ngengqiqo nentekelelo nangolwazi oluphangaleleyo. Ukuxhobisa abafundi ngcono ngokusetyenziswa kolwimi olufanelekileyo ukuze bamelane nesiGaba samaBanga aPhakathi.*

1 Fundisa abafundi amagama amathathu asekelwe kumxholo.
2 Sebenzisa imethodi iPATS xa ufundisa amagama amatsha.
3 IPATS sisifinyezi sika Khomba, Lingisa, Xela, Yitshoa.
4 Awuzisebenzisi zonke ezi zakhono ngexesha elinye ukhetha ezilungele elo gama ulicacisayo
   a P – Khomba umfanekiso okanye into yokwenyani.
   b A – Lingisa igama xa unako.
   c T – Xelela abafundi ukuba igama lithetha ukuthini ubanike nomzekelo.
   d S – Yitsho igama kwisivakalisi abantwana balibize emva kwakho.
5 Xa uwafundise onke amagama eveki asekelwe kumxholo waxhome kwibhodi yemiboniso edongeni kunye nemifanekiso yawo.
6 Asingabo bonke abafundi abaza kuwakhumbula onke la magama kwangoko. Ungazikhathazi ngoku, kwaye ungabenzi abafundi baphindaphinde igama amathuba amaninzi!
7 Abafundi baza kuhlangana nala magama matsha amathuba amaninzi kumxholo, kwaye baza kunikwa ithuba lokwakha isigama esise sabo.

## Ingoma okanye umbongo


***Injongo**: Ukuhlanganisa ulwazi lwamagama amatsha afundiswe abafundi. Ukufunda usebenzisa ukudlala.*

1 Ingoma okanye umbongo oza kuwufundisa abafundi ufumaneka kwisicwangciso sesifundo/seklasi.
2 Ekuhambeni kwexesha abafundi baza kuziqhela ezi ngoma nale mibongo de bazicule ngokuzenzekelayo.
3 Kodwa xa beqala ukuyifundiswa ingoma okanye umbongo, kufuneka ubafundise amagama, iintshukumo nesingqi (ukuba sikhona)
4 Fundisa ingoma okanye umbongo umqolo ube mnye ngexesha ngolu hlobo:
   a Cula okanye ucengceleze umbongo wonke phambi kwabafundi. Cacisela abafundi intsingiselo xa kuyimfuneko.
   b Cengceleza okanye ucule umqolo wokuqala abafundi balandele emva kwakho.
   c Cengceleza okanye ucule umqolo wesibini abafundi balandele emva kwakho.
   d Cengceleza okanye ucule umqolo wokuqala nowesibini kunye nabo, emva koko abafundi balandele emva kwakho.
   e Qhuba ngolu hlobo de ugqibe ukufundisa umbongo okanye iingoma.
5 Yenza iintshukumo ezihambelana nengoma okanye umbongo rhoqo.
6 Nika abafundi ithuba lokuchonga ze bacule ingoma abayithandayo ekupheleni kosuku. Le yindlela emnandi yokuqukumbela usuku nokugxininisa amagama amatsha abawafundileyo.

## Yazisa umxholo: Ukukhangela ulwazi abanalo

***Injongo:** Ukuqonda ulwazi abafundi abanalo ngomxholo ukuze wakhe phezu koko bakwaziyo ngomxholo. Ukufundisa abafundi ukucwangcisa nokuhlela ulwazi abanalo ngemifanekiso usebenzisa ubuchule bemephu yengqondo.*

1 Kulo msebenzi utitshala uqala ngokwenza imephu yengqondo ngokukhawuleza ebhodini
2 Utitshala uzoba isangqa esinegama lomxholo embindini webhodi.
3 *Okulandelayo, utitshala ubuza abafundi umbuzo othi: Nazi ntoni ngalo mxholo?*
4 Utitshala ubhala imibono/iimpendulo zabafundi kwimephu yengqondo. Kufuneka utitshala azame ukuhlanganisa ndawonye iimbono ezingqameneyo. Umzekelo ukuba umxholo uthi ‘ubuhlobo’ unganemephu yengqondo elolu hlobo:




5 Kwiveki yesibini kumjikelo weeveki, utitshala uza kusebenzisa le mephu yengqondo ukuncedisa abafundi ukuhlaziya obekufundwe kwiveki yokuqala yomxholo.

6 Utitshala ubuza abafundi umbuzo othi: Zintoni ezintsha, ezinika umdla esizifundileyo kulo mxholo ukuza kufikelela apha?

## Ubugcisa bokubalisa ibali iVeki 1

***Injongo:*** *Ukunika abafundi ithuba lokusebenzisa ulwimi olutsha lungangxengwanga, ze basebenzise ulwazi abanalo ngomxholo nobugcisa ukuze bayile ibali elinentsingiselo. Ukuphuhlisa isakhono sabafundi sokugcwangcisa iziganeko ngokulandelana kwazo. Ukunika abafundi ithuba lokusebenzisana nokuncedisana kumaqela amancinane.*

1 Lo msebenzi unika abafundi ithuba lokusebenzisa intelekelelo nobugcisa babo, amagama amatsha asetyenziswe kumxholo, isakhono sabo sokucwangcisa iziganeko ngokulandelelana kwazo beyila ibali elitsha.

2 Xelela abafundi ukuba mabahlale ngokwamaqela abo amancinane.

3 Nika iqela ngalinye iphepha elinobugcisa bokubalisa amabali ngomxholo. Eli phepha lifumaneka kwiPekhi yeziXhobo.

4 La maphepha anemifanekiso emi-3–4 enokusetyenziswa ukuyila ibali elihambelana nomxholo.
5 Xelela abafundi ukuba mabacinge ngebali elihambelana nemifanekiso.
6 Nika abafundi umzuzu ukuya kwemibini yokucinga ngeembono zabo.
7 Okulandelayo, umfundi ngamnye kwiqela lakhe makanikwe ithuba lokwabelana nabanye ngebali lakhe aliyilileyo.
8 Jikeleza, umamele abafundi abohlukeneyo bebalisa amabali abo.
9 Qokelela amaphepha uwagcine kakuhle aza kuphinde asebenze kwiveki elandelayo.
10 Khuthaza abafundi ukuba babalisele umntu ekhaya ngebali abaliyilileyo.

## Ubugcisa bokubalisa ibali iveki 2

***Injongo:*** *Ukunika abafundi ithuba lokusebenzisa ulwimi olutsha lungangxengwanga, ze basebenzise ulwazi abanalo ngomxholo ukuze bayile ibali elitsha. Ukuphuhlisa isakhono sabafundi sokugcwangcisa iziganeko ngokulandelelana kwazo. Ukunika abafundi ithuba lokusebenzisana nokuncedisana kumaqela amancinane.*

1 Xelela abafundi ukuba mabahlale ngokwamaqela abo amancinane.
2 Nika iqela ngalinye iphepha elinobugcisa bokubalisa amabali ngomxholo.
3 Khumbuza abafundi ukuba kwiveki edlulileyo basebenzise imifanekiso ukuyila awabo amabali.
4 Kule iveki, abafundi masebenze njengeqela ukuthatha isigqibo ngebali leqela labo.
5 Khumbuza abafundi ukuba ibali kufuneka libonise ubugcisa bokucinga nengqiqo, kwaye kufuneka lihambelane nemifanekiso!
6 Cela abafundi bathule, bajonge kuwe.
7 Cela iqela elinye okanye amabini abalise amabali awo.
8 Bulela abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Ingxoxo ngoMxholo wokuFunda noTitshala

***Injongo:*** *Ukufundisa abafundi izakhono zokuqiqa nokucinga nokujonga iimeko nkalo zonke, isakhono sokushwankathela, ukuqeqesha ingqondo ukuze kuphuhle ezi zakhono. Ukunika abafundi amathuba ophuhlisa ukuzithemba ngokubanika amathuba enene angangxengwanga nokuvelisa iimbono zabo, ukuhlola/ukuvavanya, ukuqhagamshelanisa nokusifunda isimo sivaliwe.*

1 Ingxoxo ngeTekisi yokuFunda noTitshala ibali ngooLwesiHlanu.
2 Qala ubhale isakhelo sengxoxo ebhodini.
3 Okulandelayo, funda ze ucacisele abafundi isakhelo sengxoxo.
4 Abafundi kufuneka bazi ukuba nayiphi na impendulo yamkelekile, iimbono neempendulo. ezingafaniyo neziphikisanayo zamkelekile.
5 Ekupheleni kwesifundo, cela abafundi bakujonge baphulaphule.

6 Kwimizuzu embalwa yokugqibela cela abafundi abohlukeneyo okanye elinye lamaqela likunike iimpendulo.
7 Bulela abafundi ngeempendulo, neembono zabo
8 Ukuba iimpendulo zabafundi azichanekanga okanye zifuna ukuphuhliswa balungise okanye ubuze imibuzo enyanzelisa ukuba impendulo ziphuhle

## Ukuqiqa nokuva izandi/ izandi/ukubhala ngesandla

**Ibanga 1& 2 (kude kuphele inkqubo yezandi)**

Ukuva nokwazi izandi, nokubhala ngesandla zihamba kunye kule nkqubo

### Ukuqukumbela/ukuhlanganisa: ngeMivulo

***Injongo**: Ukuhlola ngokungekho sikweni ulwazi lwabafundi lokwahlula izandi abazivayo, isakhono sokukhumbula izandi abazifundileyo kunye nokubhala ngesandla. Ukulungisa okanye uhlanganise ulwazi ngezandi nokubhala ngesandla beziqwalasela bazilungise iimpazamo ngokwabo. Ukusebenzisa okuqwalaselwe ngexesha lohlolo ngeenjongo zokwazi okuqhubekayo.*

1 NgeMivulo ngexesha lokubhala ngesandla abafundi bazilolonga bezikhumbuza ukubhala behlaziya izandi, amalungu egama namagama afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo.
2 Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala. Bakugqiba mababhale umhla.
3 *Okulandelayo xelela abafundi bagobe iphepha embindini, ecaleni komgca ekhohlo badwelise amanani 1–4, embindini badwelise amanani 6–10. (inani lamagama, amalungu egama nezandi, ziza kwahluka ngokwezifundo ezahlukeneyo).*
4 Yalela abafundi ukuba ecaleni kwenani ngalinye mababhale isandi okanye igama olibizayo, xa bengayazi impendulo mababhale umgca –
5 Khumbuza abafundi ukuba lo ngumsebenzi okhawelezileyo wokuhlola ukuba bayakukhumbula na ukubhala izandi, amalungu egama namagama abawafundileyo.
6 Xelela abafundi ukuba baza kuzihlola ngokwabo inqanaba labo lokubhala ngesandla nokwazi izandi.
   - Kufuneka bazihlole ukuba bayakwazi na ukuva babhale izandi, amalungu egama namagama ngokuchanelekileyo.
   - Kufuneka bazibone ukuba bayakwazi na ukubhala izandi ngokufanelekileyo
7 Bizela izandi, amalungu egama namagama akwisicwangciso sesifundo/seklasi.
8 Okulandelayo yalela abafundi bathathe ikhrayoni enombala benze izilungiso zomsebenzi wabo.
9 Bhala iimpendulo ngokuchanekileyo ebhodini, ubiza isandi ukwachaza nendlela eyiyo yokusibhala njengoko usenza.

10 Xelela abafundi abatsala nzima ukukhumbula isandi okanye ukubhala unobumba othile kufuneka baziphe ixesha bazifunde apha evekini.
11 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, ze uthathe iinkcukacha ngabafundi abadinga uncedo olongezelweyo.

## Ukufunda izandi namagama amatsha ngoolwesiBini nangooLwesiThathu

***Injongo:*** *Ukuphuhlisa gca, nangokulandela inkqubo eqingqiweyo yokwahlula izandi umfundi azivayo. Ukufundisa gca nangokulandelelanayo ukwahlula izandi zolwimi lwasekhaya azivayo umfundi kunye namalungu amagama.*

### Yazisa isandi esitsha

1 **Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo /c/**
2 Biza isandi uze uyalele abafundi basiphinde isandi kathathu.
3 Bonisa abantwana ukuba esi sandi /c/ sohlukile kwesesiNgesi.
4 Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ oonobumba
5 Buza abafundi: Ninawo amagama eniwaziyo anesandi /c/?
6 Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo**: cela, cima, coca, cika, icici**

### Yazisa amagama amatsha

1 Biza igama ngokucacileyo njengoko ubonisa unotsheluza**: cela, cima, coca, cika, uceba, icici**
2 Cela abafundi babize amagama belandele emva kwakho
3 Ncamathisela oonotsheluza bala magama kwiBhodi/Tshati yamaGama yeMiboniso

## Ukubhala u(oo)Nobumba namaGama amaTsha: ngoLwesiBini nangoLwesiThathu

***Injongo*****:** *Ukuphuhlisa gca, nangokulandelayo ulwazi lwabafundi lokubhala ngokuchanekileyo nangokutyibilikayo ukubiza ze babhale izandi ezingqamene nezandi abazifundisiweyo.*

1 Fundisa abantwana indlela efanelekileyo yokubhala isandi esifundiswayo
2 Yenza umfuziselo wokubhala isandi ebhodini – Cacisa inkqubo yokubunjwa kwesandi njengoko ubhala.
3 Yalela abantwana abangamanxele ukuba babeke iintloko zabo edesikeni.
4 Bazele ngomva abafundi, uphakamise isandla sakho sasekunene.
5 Yalela abafundi abasebenzisa izandla zasekunene ukuba balandele emva kwakho nibhale isandi emoyeni.
6 Okulandelayo, yenza le migaqo kunye nabantwana ababhala ngesandla sasekhohlo.

7 Yalela, umfundi ngamnye asebenze nosecalani kwakhe babhale isandi ngeminwe kwimiqolo yabo.
8 Emva koku yalela umfundi ngamnye ukuba abhale isandi ngomnwe kwidesika yakhe.
9 Ekugqibeleni, boniswa abafundi indlela yokubhala isa(za)ndi namagama ebhodini.
10 Abafundi mababhale isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
11 Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi esitsha esifundiweyo kuwo onke amagama nezivakalisi abazibhalileyo.

## Ukucalula nokuhlanganisa: ngooLwesiNe

***Injongo:*** *Ukufundisa uphuhlisa gca, nangokulandelayo inkqubo eqingqiweyo yokucalula nokuhlanganisa amalungu egama, ukuze bakwazi ukufunda nokubhala ngokuzimeleyo. Ukuphuhlisa ukuqiqa nokufunda amalungu egama ngokuzenzekelayo.*

### Ndiyenza...

1 Qala ngegama olifundise ngoLwesiBini
2 **Biza eli gama: cela**
3 Hlahlela eli gama ubize isandi ngasinye **/c/ – /e/ – /l/ – /a/**
4 **Biza isandi sokuqala /c/**
5 **Biza isandi esilandelayo /e/**
6 **Isandi esilandelayo /l/**
7 **Biza isandi sokugqibela /a/**
8 **Bhala igama elipheleleyo ebhodini: cela**
9 **Yenza umfuziselo, khomba ubuye uhlanganise izandi ukwenza igama /c/ – /e/ – /l/ – /a/**
10 **Okulandelayo, biza ilungu lokuqala legama /ce/**
11 **Biza ilungu lesibini le gama /la/**
12 **Yenza umfuziselo, khomba ubuye uhlanganisa amalungu egama ukwenza eligama /ce/ – /la**
13 Qhuba lemigaqo usebenzisa igama olifundise ngoLwesiThathu

### Siyenza...

1 Qala ngegama olifundise ngoLwesiBini
2 **Biza eli gama: cika**
3 **Buza abafundi: sithini isandi sokuqala kweli gama? /c/**
4 **Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo/ sesibini kweli gama? /i/**
5 **Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo/ sesithathu kweli gama?/k/**
6 **Buza abafundi: sithini isandi sokugqibela kweli gama? /a/**
7 **Bhala igama elipheleleyo: cika**
8 **Yalela abafundi ukuba bahlanganise izandi bakhuphe igama kunye nawe /c/ – /i/ – /k/ – /a/=cika**

9 **Okulandelayo, Biza ilungu lokuqala legama /ci/**
10 **Biza ilungu lesibini legama /ka/**
11 **Yenza umfuziselo, khomba ubuye uhlanganise amalungu egama ukwenza eli gama /ci/ – /ka**
12 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngoLwesiThathu

## Ukukhangela amagama: ngooLwesiHlanu

***Injongo:*** *Ukunika abafundi ithuba lokuhlanganisa lonke ulwazi lwezandi zoonobumba. Ukunika abafundi ithuba lokuziqhelisa isakhono sokuhlanganisanokwakha amagama. Ukwandisa isakhono sokubona izandi ngokuzenzekelayo.*

Bhala ebhodini le theyibhuli inezandi ezifundiweyo, eziquka izandi ozifundisileyo ngoLwesiBini nangoLwesiThathu

| | | |
|---|---|---|
| **c** | **m** | **p** |
| **k** | **d** | **a** |
| **l** | **e** | **i** |

### Yenza umfuziselo

1 **Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo /c/** no **/m/**
2 Khumbuza abafundi izandi ezisebhodini.
3 Cacisela abafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini.
4 **Bonisa abafundi ukwakha igama usebenzisa isandi ekujoliswe kuso njengo /c/ – /i/ – /m/ – /a/**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini akunyanzelekanga ukuba basebenzise u – **/c/** no **/m/**
6 **Bonisa abafundi ukwakha elinye igama /p/ – /e/ – /l/ – /a/ = pela**
7 Khumbuza abafundi ukuba bangasebenzisa izandi zeveki ukwakha igama elinjengo – **cima** okanye igama elingenazandi zale veki umzekelo: **pela**

### Abafundi bayenza

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko: **c, m**
2 Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala.
3 Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako.
4 Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumagama abo. Babonise indlela yokwakha la magama namanye: **cela, coca, cika, dela, dada, lala, mama, idama, imela, icici**

# Ukuqiqa nokuva izandi zopelo/ izandi/ ukubhala ngesandla

**Ibanga 2&3 (emva kokuphela kwenkqubo yezandi)**

Ukuva nokwahlula izandi zopelo nokubhala ngesandla zihamba kunye kule nkqubo

## IBANGA 2: IKOTA 3–4

### UKUBHALA NGESANDLA

### Ukuguqula/ ukutshintsha amagama: NgoMvulo

***Injongo***: *Ukulungisa nokuhlanganisa ulwazi lwezandi nokubhala ngesandla uzilungisa ngokwakho. Ukunceda abafundi babone apho amagama okanye izivakalisi zitshintsha khona ze zitshintshe nentsingiselo yamagama.*

***Qaphela***: *Ekuqaleni abafundi benza lo msebenzi bebhala ngokuqhelekileyo baze bathi xa bekwazi ukudibanise bayalelwe ukubhala NGOKUDIBANISA ngokupheleleyo.*

1 NgeMivulo ngexesha lokubhala ngesandla abafundi bazilolonga ukubhala ngokudibanisa, ngokuhlalutya bezikhumbuza izandi, namagama afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo.
2 Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala ze babhale umhla.
3 *Okulandelayo xelela abafundi ukuba ecaleni komgca obomvu ekhohlo badwelise amanani 1–5, batsibe umgca phakathi kwamanani.*
4 Bhala isivakalisi osinikiweyo kwisicwangciso sesifundo/seklasi ebhodini ecaleni kwenani ngolu hlobo:
- Ndifuna incwadi**.**

5 Yalela bafundi bakhuphele esi sivakalisi ezincwadini zabo.
6 Okulandelayo, yalela abafundi ukuba babhale isivumelanisi sesimelabizo soqobo ecaleni kwenani
- U
- Ni
- Si
- Ba

7 Yalela abafundi babhale izivakalisi besebenzisa isivumelanisi sesimelabizo soqobo
8 Khumbuza abafundi ukuba lo ngumsebenzi okhawulezileyo wokuhlola ukuba bayakukhumbula na ukubhala izandi, amalungu egama namagama abawafundileyo.
9 Xelela abafundi ukuba bahlola ulwazi lwabo ngezandi nokubhala.
10 Ekupheleni kwesifundo, bhala iimpendulo nguchanekileyo ebhodini, ubiza izandi ucacisa nendlela eyiyo yenkqubo yokubhala ngokudibanisa.
11 Cela abafundi bakhombe apho babona khona ipatheni, njengalapho isivakalisi sitshintsha khona.

**12** Krwela umgca phantsi kwepatheni ngolu hlobo:

- <u>U</u>funa incwadi.
- <u>Ni</u>funa incwadi.
- <u>S**i**</u>funa incwadi.
- <u>Ba</u>funa incwadi.

**13** Yalela abafundi bathathe ikhrayoni nokuba ngowuphi umbala benze izilungiso zomsebenzi wabo.

**14** Xelela abafundi ukuba batsala nzima ukukhumbula isandi okanye ukubhala ngokudibanisa kufuneka baziphe ixesha bazifundindise apha evekini.

**15** Ekupheleni kosuku qokelela iincwadi zabafundi, uthathe iinkcukacha ngabafundi abadinga uncedo olongezelweyo. Abanye abafundi banokuba batsala nzima kwizandi, ngelixa abanye ikukubhala ngokudibanisa.

## IBANGA 3: IIKOTA 1–2

### UKUBHALA NGESANDLA

### Isinye usisa kwisininzi: NgeMivulo

***Injongo*****:** *Ukufundisa nokuhlanganisa ulwazi lwezandi nokubhala ngesandla uzilungisa. Ukuphuhlisa isakhono sokufunda ngokunceda abafundi babone bakwazi nokulindela iphatheni zotshintsho kwigama ngenxa yesivumelanisi segama.*

***Qaphela****: Ekuqaleni abafundi benza lo msebenzi bebhala oonobumba ngokuqhelekileyo, xa abafundi befunde ukubhala izandi ezibalekayo ngokudibanisa bayalele bawugqibezele lo msebenzi bebhala ngokudibanisa.*

**1** NgeMivulo ngexesha lokubhala ngesandla abafundi bazilolonga bezikhumbuza ngezandi, amalungu egama namagama afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo

**2** Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala babhale isihloko 'Amagama esiNye usiya kwisiNinzi'

**3** *Yalela abafundi ukuba ecaleni komgca obomvu ekhohlo badwelise amanani 1–5, batsibe umgca phakathi kwamanani.*

**4** Khumbuza abafundi ukuba lo ngumsebenzi okhawulezileyo wokuhlola ukuba bayakukhumbula na ukubhala izandi, amalungu egama namagama abawafundileyo.

**5** Xelela abafundi ukuba bahlola ulwazi lwabo ngezandi nokubhala

**6** Bizela amagama anesinye, abafundi bawabhale ecaleni kwamanani ngolu hlobo, <u>**Amagama esiNye usisa kwisiNinzi**</u>

- ikati
- inkwenkwe
- imoto
- impukane
- umntwana

**7** Okulandelayo, yalela abafundi babhale isininzi sala magama.

8 Kwimizuzu emihlanu eshiyekileyo yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama, ubiza isandi ukwabonisa nendlela eyiyo yokusibhala ngokudibanisa njengoko usenza oku.
9 Cela abafundi bakubonise iipatheni abazibonayo umzekelo: apho izivakalisi zahluka khona.
10 Krwela umgca ngaphantsi kwezi patheni ngolu hlobo:
**Amagama esiNye usisa kwisiNinzi**
   1 ikati
   iikati
   2 Inkwenkwe
   amakhwenkwe
   3 imoto
   iimoto
   4 impukane
   iimpukane
   5 umntwana
   abantwana
11 Yalela abafundi bahlale bezikhumbula eziphatheni xa befunda naxa bebhala
12 Yalela abafundi bakhethe ikhrayoni nokuba ngowuphi umbala benze izilungiso zomsebenzi wabo
13 Xelela abafundi ukuba xa betsala nzima ukukhumbula isandi esithile okanye ukubhala unobumba othile ngokudibanisa, kufuneka baziphe ixesha bazifundindise apha evekini
14 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, uthathe iinkcukacha ngabafundi abadinga uncedo olongezelweyo. Abanye bangatsala nzima ukuqonda izandi ngelixa abanye betsala nzima ukubhala ngokudibanisa!

## IBANGA 3 IIKOTA 3–4

### UKUBHALA NGESANDLA

### IsiNye usisa kwisiNinzi: NgeMivulo

***Injongo***: *Ukufundisa nokuhlanganisa ulwazi lwezandi nokubhala ngesandla uzilungisa. Ukuphuhlisa izakhono zokufunda ngokunceda abafundi bakwazi ukubona nokulindela iiphatheni zotshintsho kwisivakalisi ngokulawulwa sisivumelanisi sesibizo.*

***Qaphela***: *Ekuqaleni abafundi benza lo msebenzi bebhala oonobumba NGOKUQHELEKILEYO, xa abafundi befunde ukubhala izandi ezibalekayo ngokudibanisa lo msebenzi kufuneka bawubhale wonke NGOKUDIBANISA.*

1 NgeMivulo ngexesha lokubhala ngesandla, abafundi bazilolonga bezikhumbuza ukubhala ngokudibanisa behlaziya amagama afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo
2 Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala babhale isihloko
**IsiNye usisa kwisiNinzi**

3 *Okulandelayo xelela abafundi ukuba ecaleni komgca obomvu ekhohlo badwelise amanani 1–5, batsibe umgca phakathi kwamanani.*
4 Khumbuza abafundi ukuba lo ngumsebenzi okhawulezileyo wokuhlola ukuba bayakhumbula na ukubhala amagama abawafundileyo.
5 Xelela abafundi ukuba bahlola ulwazi lwabo ngezandi nokubhala
6 Bizela izivakalisi ezinesinye kwisicwangciso sesifundo. Abafundi mabazibhale ezi zivakalisi ecaleni kwamanani ngolu hlobo,

**Izivakalisi ezinesiNye zisiya kwisiNinzi**

1 Ikati isela ubisi.
2 Inkwenkwe ikhaba ibhola.
3 Imoto imile.
4 Impukane iyabhabha.
5 Indlu iwile.

7 Okulandelayo, yalela abafundi babhale ezi zivakalisi kwisininzi.
8 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yesifundo, bhala izivakalisi ngokuchanekileyo ebhodini, ubiza isandi ukwabonisa nendlela eyiyo yokusibhala ngokudibanisa njengoko usenza oku.
9 Cela abafundi bakubonise apho izivakalisi zahluka khona krwela umgca phantsi kwephatheni ngolu hlobo:

**Izivakalisi zesiNye zisiya kwisiNinzi**

1 Ikati isela ubisi.
Iikati zisela ubisi.
2 Inkwenkwe ikhaba ibhola.
Amakhwenkwe akhaba ibhola.
3 Imoto imile.
Iimoto zimile.
4 Impukane iyabhabha.
Iimpukane ziyabhabha.
5 Indlu iwile.
Izindlu ziwile.

10 Yalela abafundi bahlale bezikhumbula eziphatheni xa befunda naxa bebhala.
11 Yalela abafundi bakhethe ikhrayoni nokuba ngowuphi umbala benze izilungiso zomsebenzi wabo.
12 Xelela abafundi ukuba batsale nzima ukukhumbula isandi esithile okanye ukubhala unobumba ngokudibanisa kufuneka baziphe ixesha bazifundise apha evekini.
13 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, uthathe iinkcukacha ngabafundi abadinga uncedo olongezelweyo kwizandi nokubhala ngokudibanisa.

## IZANDI

### Ukuhlalutya izandi ngokuzihlahlela nokuzihlanganisa: NgoolwesiBini nangoolwesiThathu

***Injongo:*** *Ukufundisa gca nokuphuhlisa ngokulandelelanayo ukuqonda izandi zopelo kwabafundi, nokuba nako ukuhlanganisa babuye bacazulule izandi zopelo namalungu amagama, ukuze bafunde bekwabhala ngokuzimeleyo. Ukwandisa ukuqonda izandi zopelo namalungu amagama ngokuzenzekelayo.*

**Ndiyenza ...**

1 Qala ngegama elikwisifundo sangolwesiBini
2 **Biza eli gama: Iposi**
3 Hlahlela eli gama ubize isandi ngasinye **/i/-/p/-/o/-/s/-/i/**
4 **Biza isandi sokuqala segama: /i/**
5 **Biza isandi esilandelayo segama: /p/**
6 **Biza isandi sesithathu segama: /o/**
7 **Biza isandi sesine segama: /s/**
8 **Biza isandi sokugqibela segama: /i/**
9 **Bhala igama elipheleleyo ebhodini**: **iposi**
10 **Yenza umfuziselo wokuzikhomba nokuzihlanganisa izandi ukwenza eli gama = iposi**
11 **Okulandelayo, Biza ilungu lokuqala legama /i/**
12 **Okulandelayo, Biza ilungu lesibini legama /po/**
13 **Biza ilungu lesithathu legama /si/**
14 **Yenza umfuziselo wokuwakhomba nokuwahlanganisa amalungu ukwenza eli gama= iposi.**
15 Qhuba ngale migaqo usebenzisa igama olifundise elikwisifundo sangolwesiThathu

**Siyenza ...**

1 Qala ngegama elikwisifundo sangolwesiBini.
2 **Biza eli gama: imizi**
3 **Buza abafundi: Sithini isandi sokuqala kweli gama? /i/**
4 **Buza abafundi: Sithini isandi sesibini? /m/**
5 **Buza abafundi: Sithini isandi sesithathu?/i/**
6 **Buza abafundi: Sithini isandi sesine?/z/**
7 **Buza abafundi: Sithini isandi sokugqibela? /i/**
8 **Cela abafundi ukuba bahlahlele igama bakhuphe isandi ngasinye /i/ – /m/ – /i/ – /z/ – /i/ =imizi**
9 **Bhala igama elipheleleyo ebhodini: imizi**
10 **Yalela abafundi ukuba bahlanganisa izandi ukwenza eli gama kunye nawe: /i/ – /m/ – /i/ – /z/ – /i/imizi**
11 **Buza abafundi lithini ilungu lokuqala legama? /i/**
12 **Buza abafundi lithini ilungu lesibini le gama? /mi/**

**13 Buza abafundi lithini ilungu lokugqibela legama? /zi/**
**14 Xelela abafundi bahlanganise amalungu egama ukwenza eli gama /i/ – /mi/-/zi/**
**15** Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolwesiThathu

**Uyenza...**

**1** Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale umhla nesihloko: amagama ano-**p**
**2** *Okulandelayo xelela abafundi ukuba ecaleni komgca obomvu ekhohlo badwelise amanani 1–5, batsibe umgca phakathi kwamanani.*
**3** Bizela amalungu egama amahlanu okanye amagama afumaneka kwisicwangciso sesifundo.
**4** Abafundi mababhale la magama ecaleni kwenani elichanekileyo. Mabasebenzise ulwazi lwabo lokuhlahlela nokuhlanganisa amagama.
**5** Abafundi mabakrwele umgca phantsi kwesandi ekujoliswe kuso kwigama ngalinye ukubanceda bapele la magama.
**6** Kwimizuzu emibini yokugqibela yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama ebhodini, uze ukrwele umgca phantsi kwesandi ekujoliswe kuso.
**7** Xelela abafundi bakorekishe umsebenzi wabo besebenzisa ikhrayoni nokuba ngowuphi umbala.
**8** Cacisela abafundi ukuba kwisifundo esilandelayo baza kufunda ukubhala esi sandi NGOKUDIBANISA.

### UKUBHALA NGESANDLA

## Ukubhala izandi ezitsha: NgoolwesiBini nangoolwesiThathu

***Injongo**: Ukufundisa gca nokuphuhlisa ngokulandelelanayo kwabafundi, babhale ngokuchanekileyo amalungu egama ahambelana nezandi zopelo ezifundisiweyo.*

**1** Fundisa abantwana indlela echanelekileyo yokubhala isandi esifundisiweyo ngokudibanisa.
**2** Bonisa abafundi indlela eyiyo yokubhala unobumba omncinci nomkhulu.
**3** Yenza umfuziselo ubhala isandi ebhodini – Cacisa indlela eyiyo yokubhala esi sandi ngonobumba njengoko ubhala.
**4** Yalela abantwana abangamanxele ukuba babeke iintloko zabo edesikeni.
**5** Bazele ngomva abafundi, uphakamise isandla sakho sasekunene.
**6** Yalela abafundi abasebenzisa izandla zasekunene ukuba balandele emva kwakho njengoko ubhala isa(za)ndi emoyeni.
**7** Okulandelayo, yenza le migaqo kunye nabantwana ababhala ngesandla sasekhohlo.
**8** Yalela, umfundi ngamnye asebenze nosecalani kwakhe babhale isandi ngeminwe kwimiqolo yabo.
**9** Emva koku, xelela umfundi ngamnye ukuba abhale isandi ngomnwe kwidesika yakhe.

10 Ekugqibeleni, bonisa abafundi kwakhona kube kanye indlela yokubhala esi sa(za)ndi namagama ebhodini.
11 Abafundi mababhale isandi/amagama/nesivakalisi ezincwadini zabo.
12 Xa usenza umfuziselo wamagama, gxininisa indlela oonobumba abaqhoboshelana okanye abadibana ngayo omnye komnye.
13 Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi kuwo nawaphi amagama/izivakalisi ezibhaliweyo.

## IZANDI

### Ukutshintsha oonobumba: ngoolwesiNe

***Injongo:*** *Ukunika abafundi ithuba lokuhlanganisa lonke ulwazi lwezandi zonobumba kunye namalungu egama. Ukuphuhlisa isakhono sokufunda, ngokubanceda bafundi bagqale ze babone utshintsho lwesandi esinye esibangela ukutshintsha kwentsingiselo yegama.*

#### Ndiyenza ...

1 Cacisa ukuba namhlanje siza kufunda silolonge isakhono sokuqwalasela umahluko omncinane emagameni. Esi sakhono sisinceda sibe ngabafundi nabhali abangcono.
2 Bhala ebhodini amagama amabini abhalwe kwisicwangciso sesifundo/seklasi umz.: bila, sila
3 Cacisa ukuba siza kujonga la magama mabini sikhangele umahluko phakathi kwawo.
4 Yenza umfuziselo ukhangelela abafundi umahluko kula magama **bila**, **sila**
5 Cacisa ukuba umahluko kwizandi, izandi u – **/b/** no **/s/** zivakala ngokwahlukileyo kodwa zonke ezinye izandi ziyafana!

#### Siyenza ...

**Isiqendu 1**
1 Bhala amagama amabini abhalwe kwisicwangciso sesifundo/seklasi umz.: **sela, sala**
2 Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3 Biza umfundi abemnye akrwele umgca apho abona khona umahluko kula magama**:** **sela, sala**
4 Cacisa umahluko kula magama mabini

**Isiqendu 2**
1 Bhala ebhodini igama elibhalwe kwisicwangciso sesifundo/seklasi umz: **bila**
2 Buza abafundi: Sesiphi isandi onokusitshintsha kweli gama ukwenza igama elahlukileyo?
3 Bhala iimpendulo zabafundi ebhodini ngolu hlobo: mila, lila; bela, bala

**Uyenza …**
1 Bhala ebhodini igama elibhalwe kwisicwangciso sesifundo/seklasi umz: **mila**

2 Buza abafundi: Sesiphi isandi onokusitshintsha kweli gama ukwenza igama elahlukileyo?
3 Yalela abafundi ukuba bakhe amagama amaninzi kangangoko betshintsha isandi esinye egameni.
4 Ekupheleni kwesifundo, biza abafundi babe kunye.
5 Biza abafundi abohlukeneyo ukuba baye ebhodini babhale amagama abo
6 Funda amagama abo ubonise apho kutshitshwe khona izandi: **bila, lila, mela, sila**

**IZANDI**

## Ukukhangela amagama: ngoolwesiHlanu

***Injongo**: Ukunika abafundi ithuba lokuhlanagasa lonke ulwazi lwezandi zoonobumba kunye namalungu egama. Ukuphuhlisa nokulolonga isakhono sokucalula/ ukuhlahlela nokuhlanganisa amagama namalungu egama ngokuzenzekelayo.*

Bhala le theyibhuli ebhodini. Iquka izandi ezifundiweyo kunye nezifundisiweyo kunye ngolwesiBini nangolwesiThathu, ikwaquka nezinye izimaphambili.

| | | | |
|---|---|---|---|
| **ph** | **u-** | **p** | **ama-** |
| **th** | **b** | **a** | **isi-** |
| **l** | **e** | **m** | **izi-** |

## Yenza umfuziselo

1 **Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo ph/** no **/th/**
2 Khumbuza abafundi izandi ezikwitshati ebhalwe ebhodini
3 Cacisela abafundi ukuba banemizuzu emithathu ukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini
4 Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso: **/th/** – **/e/** – **/th/**-**/a/** = **thetha**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi kwizandi ezisebhodini, akunyanzelekanga ukuba basebenzise u: **/th/ okanye /ph/**.
6 Bonisa abafundi indlela yokwakha elinye igama **/u/** – **/m/** – **/a/** – **/m/** – **/a/** = **umama**
7 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa izandi ekujoliswe kuzo, njengo **thetha** okanye igama elingenazandi zale veki umzekelo: **umama**

## Ahafundi bayenza

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko: **ph, th**.
2 Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3 Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako

4 Nika abafundi ithuba lokukrekisha umsebenzi wabo. Babonise indlela yokwakha la magama (namanye): **phuma, thuma, isithuba, izithuba, amathuba, thetha, amaphupha, thatha, zethu, lethu, latha, pam, izibele, ibele, mela, lala, lam, amaphela, phupha**

## Ukufunda notitshala okuneendlela zobuchule zokufundela ukuqonda

Ibali lokufunda notitshala elitsha lifundwa ngeveki nganye.

Ukufunda notitshala kwenziwa ngolu hlobo:

| | |
|---|---|
| NgoMvulo: | Phambi kokufunda |
| NgolwesiBini: | Ufundo lokuqala |
| NgolwesiNe: | Ufundo lwesibini |
| NgolwesiHlanu: | Emva kokufunda |

Kwezi seshoni zokufunda notitshala, qinisekisa ukuba bonke abafundi bahleli phantsi bazolile kwaye bayibona ngokucacileyo imifanekiso yencwadi enkulu. Bakhumbuze abafundi ngokulindeleyo ngexesha lokufunda notitshala, okufana noku:

- Hlala kakuhle UZOLE
- Beka IZANDLA zakho phezu kwamathanga akho
- Gcina AMEHLO akho neengcinga zakho ebalini
- AMAZWI enu athi cwaka (yenza isijekulo esibonisa imilebe eqhotyoshiweyo)

***Imigomo engundoqo yokuFunda noTitshala kule nkqubo ime ngolu hlobo:***

1 *Abafundi baxhamla indlela ekuyiyo ukufunda ibali lipheleleyo elinobugocigoci kunokuba bebenokuzifundela bebodwa. Kuba ngoku bengenaxhala ngenkqubo yokufunda, bamilisela iingqondo kwisimo sebali kunye nabalinganiswa. Abafundi kwakhona banokonwabela amabali baze baphuhlise uthando lokufunda.*

2 *Njengoko utitshala efunda ibali ekhwaza, uthi engaqondanga enze umfuziselo wezakhono ezithile zokufunda; ufunda ukusuka kwiphepha lokuqala aye kuma kwelokugqibela; ufunda ukusuka phezulu ephepheni aye kuma ezantsi kulo; ufunda ukusuka ekhohlo ukuya ekunene; uyaziqaphela iimpawu zokubhala neziphumlisi, ufunda ngokutyibilikayo ngesantya esifanelekileyo, kwaye ufunda ebonakalisa imvakalelo, ethi yongeze intsingiselo kwitekisi. Abafundi bathi bengaqondanga bafunde izakhono ezininzi ngokuqwalasela lowo ufunda ngokutyibilikayo.*

3 *Njengoko utitshala efunda, umilisela intsingiselo ngoku: ukukhomba indawo ethile emfanekisweni; ngokusebenzisa isijekulo okanye intshukumo; kunye nokongeza imvakalelo kwilizwi lakhe. Utitshala ukwayongeza ngokukodwa intsingiselo ngokunqumama acacise igama elithile okanye ibinzana. Ngokuphulaphula utitshala nokujonga kuye, abafundi bafumana izakhono ezitsha zolwimi.*

4 *Ngoko, kubalulekile ukuba ngexesha lokufunda notitshala, utitshala abafundise abafundi ukucinga ngebali elo, nendlela yokwakha ukuqonda kwabo ibali. Kule nkqubo, sikhethe*

*ukwakha izakhono zengqiqo nokuqonda ibali ngokwenza ngokulinganisa sikwafundisa iindlela zobuchule ezahlukeneyo zengqiqo nokuqonda. Kusetyenziswa ezi zakhono zilandelayo zengqiqo nokuqonda:*

- *Qikelela*
- *Bona umfanekiso-ntekelelo*
- *Khangela kwitekisi*
- *Shwankathela*
- *Cinga ngetekisi (mangala)*
- *Dibanisa okusebalini nokuthe kwehla kuwe*
- *Bonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini*
- *Yenza uhlolo*

## IINDLELA ZOBUCHULE ZOKUFUNDISA INGQIQO NOKUQONDA

Le theyibhuli ingezantsi inika iinkcukacha ngendlela nganye yobuchule.

| **Indlela yobuchule 1: Qikelela** | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa abafundi beqikelela, bachaza oko bacinga ukuba kuza kwenzeka ebalini. Abafundi banokuqikelela into eza kwenzeka ngokujonga imifanekiso encwadini. Banako nokuqikelela okuza kulandela emva kokufunda iphepha letekisi. Okokugqibela, abafundi banokuqikelela indlela abacinga ukuba liza kuphela ngayo ibali. |
| *Umgomo* | *Ngokwenza abafundi baqikelele, ubenza bacinge ngebali phambi kokuba balifunde. Abafundi basebenzisa ufifi abalunikwayo bazame ukuqashela ukuba ngoobani abalinganiswa, kwaye ziyintoni iziganeko eziphambili eziya kwenzeka. Ngokuqikelela, abafundi baphuhlisa isakhono sabo sengqiqo yokuqonda ngokucinga ngebali.* |
| Amanqwanqwa<br>*(okuqikelela ngemifanekiso)* | **1** Jonga umfanekiso.<br>**2** Buza abafundi: Nicinga ukuba kwenzeka ntoni apha?<br>**3** Bayeke abafundi bacinge ngombuzo.<br>**4** Ukuba abafundi abakwazi ukuphendula, nika impendulo engumzekelo kwimpendulo.<br>**5** Bonisa ukuba iqhoboshelana njani imifanekiso omnye komnye ukwakha ibali. |
| Imizekelo<br>*(yokuqikelela ngemifanekiso)* | **1** Ucinga ukuba kwenzeka ntoni apha?<br>**2** Ucinga ukuba uziva njani lo mlinganiswa? Kuba kutheni?<br>**3** Ucinga ukuba uza kubona ntoni kumfanekiso olandelayo? |
| Amanqwanqwa<br>*(okuqikelela unayo itekisi)* | **1** Funda iphepha letekisi.<br>**2** Buza abafundi: ucinga ukuba yintoni elandelayo eza kwenzeka?<br>**3** Bayeke abafundi bacinge ngombuzo.<br>**4** Ukuba abafundi abakwazi ukuphendula umbuzo, banike impendulo yombuzo engumzekelo. |
| Imizekelo<br>*(yokuqikelela unayo itekisi)* | **1** Yintoni ocinga ukuba iza kulandela yenzeke?<br>**2** Ucinga ukuba lo mlinganiswa ulandelisa ngokwenzani?<br>**3** Ucinga ukuba eli bali liphela njani? |

| Indlela yobuchule 2: Yenza umfanekiso-ntekelelo | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa abafundi besenza umfanekiso-ntekelelo, kufuneka bacinge ngokuqhubeka ebalini njengomboniso okumboniso-bhanyabhanya. Kufuneka bazame ukulibona ibali ezingqondweni zabo njengoko lisenzeka. |
| *Imigomo* | *Ukwenza umfanekiso-ntekelelo kunceda ukunikeza intsingiselo kumagama asephepheni ngokuwaguqula abe ngumboniso okumboniso-bhanyabhanya kwiingqondo zabafundi. Ukwenza umfanekiso-ntekelelo kukwanceda abafundi babone ukuba iziganeko ezikwitekisi ziqhoboshelene njani, esinye kwesinye. Oku kubanceda ekwakheni ukuqonda, bacinge ngebali njengento enye, kunokucinga ngephepha nephepha ngokwahlukeneyo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi ekwiphepha.<br>**2** Yithi: Ngoku siza kwenza umfanekiso-ntekelelo ngebali ngokungathi sibukele umboniso-bhanyabhanya.<br>**3** Yalela abafundi bavale amehlo abo. Bacacisele ukuba mabaphulaphule amagama ze benze umboniso-bhanyabhanya ezingqondweni zabo.<br>**4** Funda itekisi kwakhona.<br>**5** Baxelele abafundi ukuba wenze umfanekiso-ntekelelo wantoni. (Yenza umfuziselo wesi sakhono.)<br>**6** Babuze abafundi: Nibone ntoni? (Kwenzeke ntoni kumboniso-bhanyabhanya wenu?)<br>**7** Mamela ze uxoxe ngeempendulo zabafundi. Qinisekisa ukuba iimpendulo zabafundi zingqamene nokwenzeka ebalini. |
| Imizekelo | **1** Ndenza umfanekiso-ntekelelo kaJoe ephumelela ugqatso. Ndiwubonile umbilo uqengqeleka entlokweni yakhe ubhabha macala onke. Ndiwabonile amehlo akhe emiliselwe entanjeni esiphelweni, nomzimba wakhe usebenza nzima kangangoko unako.<br>**2** Uthini owakho umfanekiso-ntekelelo? Kwenzeke ntoni kowakho umboniso-bhanyabhanya? |
| **Indlela yobuchule 3: Khangela kwitekisi** | |
| Ingcaciso | Imibuzo yokukhangela kwitekisi yeyona iluhlobo olusisiseko kwimibuzo yengqiqo nokuqonda. Le mibuzo ibuza abafundi ukuba bacinge ngento okanye bajonge amagama akwiphepha, ze bakhumbule ulwazi oluthile. |
| *Umgomo* | *Le mibuzo isisiseko sokujonga ukuqonda amagama asephepheni. Le ndlela yobuchule ibonisa abafundi indlela yokuchonga nokukhangela igama-ntloko eliya kubanceda baphendule le mibuzo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Buza abafundi umbuzo ngolwazi olukwitekisi, njengolu: Ebefuna ukogqitha bani uJoe kolu gqatso?<br>**3** Bavumele abafundi baphendule umbuzo.<br>**4** QAPHELA: Bancede abafundi bafumane iimpendulo ngokuchonga igama-ntloko eliluncedo, ze bakhangele kwitekisi elo gama. Amaxesha amaninzi oku kungabakhokhelela kwimpendulo. |
| Imizekelo | **1** Wayefuna ukogqitha **bani** uJoe elugqatsweni?<br>**2** Wenza ntoni uJoe phambi kogqatso?<br>**3** Wazilolonga **nini** uJoe ukulungiselela ugqatso?<br>**4** Lwalubanjelwe **phi** ugqatso? |

| **Indlela yobuchule 4: Shwankathela** | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa abafundi beshwankathela, bacinga ngokwenzeke ebalini. Banako nokucinga ngezinye izinto, ezinjengezi: oko bakuthandileyo ngebali; noko bathe bakufunda ebalini. |
| *Umgomo* | *Ukushwankathela kubonisa ukuba umfundi uliqondile waza wacinga ngalo ibali. Ukucela abafundi ukuba bashwankathele ibali yeyona ndlela ingcono yokujonga ukuqonda kwabo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi.<br>**2** Khumbuza abafundi: Xa sishwankathela, sicinga ngawona macandelo abalulekileyo ebalini. Sinako nokucinga ngoko sithe sakuthanda ngebali, noko sithe sakufunda ebalini.<br>**3** Nika abafundi umzuzu bacinge ngebali.<br>**4** Bayalele abafundi baguquke bajongane bathethe ze babelane neqabane ngezishwankathelo zabo.<br>**5** Ekugqibeleni, ungabacela ukuba babhale phantsi izishwankathelo zabo, besebenzisa isakhelo ukubanceda. |
| Imizekelo | Ibali: UJoe uphumelela ugqatso<br><br><u>Abafundi banokulishwankathela ibali ngolu hlobo:</u><br><br>**Eli bali linge**nkwenkwe egama linguJoe efuna ukodlula eyona nkwenkwe inamendu esikolweni, uSizwe kugqatso lweembaleki. UJoe uziqhelisa ngokuzilolonga lonke ixesha, aze ekugqibeleni amodlule uSizwe.<br><br>**Ndiyithandile** le ndawo apho uJoe aqhawula intambo ekupheleni kogqatso – ibisenza imincili kakhulu.<br><br>**Ndifunde ukuba** xa uzama ngamandla unganikezeli ungaphumelela. |
| **Indlela yobuchule 5: Cinga ngetekisi (Mangala)** | |
| Ingcaciso | Xa utitshala (emangele) ecinga ukuba ingaba kutheni, utitshala ucingela ngaphandle ngetekisi. Wenzela ukuba abafundi beve oko akucingayo ngetekisi. |
| *Umgomo* | *Ngokwenza umfuziselo wendlela yokucinga/ukumangala ngetekisi, sifundisa abafundi izinto ezimbini. Okokuqala, sifundisa abafundi ukuba abantu abafunda kakuhle abafundi nje amagama kuphela, basoloko becinga ngoko bakufundayo. Okwesibini, sibonisa abafundi iindidi zeengcinga abathi babe nazo ngetekisi abantu abafunda kakuhle. Ngokwenza oku, sibonisa abafundi indlela yokucinga ngetekisi, enobugcisa nechubekileyo. Ethubeni, abafundi baya kuqalisa nabo ukuzenzela oko.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Cinga ngombuzo okanye uluvo anokuba nalo umntu ofunda ngokutyibilikayo ngetekisi. (Izimvo zinikiwe kwiibloko zoFundo lokuQala noFundo lesiBini kwizicwangciso zesifundo.)<br>**3** Yithi: Ndibona/ndiqaphela ...<br>**4** Yithi: Ndiyamangala ...?<br>**5** Abafundi <u>a</u>banyanzele<u>kanga</u> ukuphendula umbuzo. |
| Umzekelo | <u>**Ndibona**</u> ukuba uSizwe wamhleka uJoe xa engenela ugqatso. <u>**Ndiyamangala**</u> ingaba oku kuyakumkhathaza na uJoe? |

| **Indlela yobuchule 6: Dibanisa okusebalini nokwakhe kwakwehlela** | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa abafundi *bedibanisa okusebalini nokwakhe kwabehlela,* bathelekisa ibali kunye nobomi babo (kusuka kwitekisi kuye kwisiqu sakhe umntu), okanye kwenye itekisi (itekisi ukuya kwitekisi), okanye kwenye into ekwihlabathi jikelele (itekisi ukuya kwihlabathi jikelele). |
| *Umgomo* | *Ukudibanisa okusebalini nokwakhe kwabehlela kunceda abafundi bayiqonde nzulu itekisi ngokuyidibanisa kwezinye izinto abasele bezazi, okanye ezakhe zabebhlela. Kubabonisa ukuba banako ukwenza iindidi ezahlukeneyo zokudibanisa: itekisi kwenye itekisi; itekisi kuwe buqu; kubomi babo; netekisi kwihlabathi lilonke – kolunye ulwazi abasele benalo ngehlabathi.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Buza abafundi umbuzo, ofana nalo: Kwakunini apho wawukhe wafuna ukuphumelela into njengoJoe?<br>**3** Yenza umfuziselo ukunika impendulo engumzekelo, ngolu hlobo: indikhumbuze indlela endandisoloko ndikhuphisana ngayo kunye nodade wethu esikolweni. Wayesoloko efumana amanqaku aphezulu kwinto yonke, kwaye abazali bam babezidla ngaye. Ndandifuna ukwenza abazali bam bazidle nangam. |
| Imizekelo | **1** Kukukhumbuza njani oku ngobomi bakho?<br>**2** Ndixelele ngexesha apho kwathi kwenzeka into efana nale kuwe.<br>**3** Ukuba ubunguJoe, ucinga ukuba ubuya kwenza ntoni xa uSizwe ekuhleka?<br>**4** Ucinga ukuba waziva njani uSizwe akodlulwa nguJoe?<br>**5** Ingaba oku kukukhumbuza ngowuphi omnye umlinganiswa? |
| **Indlela yobuchule 7: Bonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini** | |
| Ingcaciso | Ukubonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini kuquka ukusebenzisa oko sele ukwazi, kudibane noko uthe wakufunda ukuze uqashele kakuhle ngento ekhoyo ebalini. Oku ke 'kukuyifunda ivaliwe'. Xa abafundi bebonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini, baqashela kakuhle ngento ekwibali. Ngamanye amaxesha, umbhali akazibhali zonke iinkcukacha zebali. Uthi ke umbhali aziyeke ezinye iindawo zingagqitywanga, ukuze abo bafundayo bazigqibele ngokwabo. |
| *Umgomo* | *Abafundi kufuneka bazigqibele ngokwabo ezinye iindawo zebali bebonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini – kufuneka bafunde 'ukuyifunda ivaliwe'. Ukuze benze oku, kufuneka basebenzise oko kubhaliweyo, kunye noko sele bekwazi ukuze bazame ukugqiba ngoko kungathanga kwabhalwa ngokugqibeleleyo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Buza abafundi: nazi ntoni ngoku? Ithini itekisi?<br>**3** Buza abafundi: yintoni enye esinokuyiqashela ngoku? Ingaba ikhona into engaxelwayo yitekisi?<br>**4** Buza abafundi: yintoni esinokubonisa ngayo ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini, ngoJoe kwindlela athe gqolo waziqhelisa ezilolonga ngayo?<br>**5** Mamela ze **uxoxe** ngeempendulo zabafundi. Qinisekisa ukuba iimpendulo zabafundi ziyavakala.<br>**6** Ukuba abafundi batsala nzima, banike umzekelo wokubonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini. Sebenzisa esi sakhelo sesivakalisi ukunceda: Xa sithathela kwi … ndicinga ukuba … |

| | |
|---|---|
| Umzekelo | **Itekisi:**<br>Umntakwethu wenze isicelo sokuya eDyunivesithi. Ndifike ekhaya ndambona ephethe ileta encumile. Umama ebekhala, ehleka emgona.<br>**Ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini:**<br>Xa sithathela kwinto yokuba umntakwethu enze isicelo sokuya eDyunivesiti, nokuba ephethe ileta abonakala echwayitile, sinako ukuqashela sithi isicelo sakhe sibe yimpumelelo. |
| **Indlela yobuchule 8: Ukwenza uHlolo** | |
| Ingcaciso | Xa sihlola itekisi, siyigweba ngokomba wetekisi leyo. |
| *Umgomo* | *Abafundi kunyanzelekile bafundiswe ukuba kufuneka besoloko bekuhlola oko bakufundayo, ukuze bakwazi ukuxhasa okanye bangqine iziphumo zohlolo lwabo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Buza abafundi umbuzo ohlolayo, uze ubacele baxhase impendulo yabo. Umzekelo: Ucinga ukuba u – x wenze into efanelekileyo? Ngoba okanye hayi ngoba?<br>**3** Mamela uze **uxoxe** ngeempendulo zabafundi. Qinisekisa ukuba iimpendulo zabo ziyavakala.<br>**4** Ukuba batsala nzima abafundi, yabelana nabo ngolwakho uhlolo njengomzekelo: **Ndicinga ukuba** u – x wenze into elungileyo **kuba** u – x |
| Umzekelo | **Eminye imibuzo yohlolo iqala ngo:**<br>**1** Ingaba ucinga…<br>**2** Ingaba uyavumelana no…<br>**3** Ngokubona kwakho…<br>**4** Uyithandile… |

Ngezantsi yinkcazelo yeendlela zokufundisa ezibandakanya konke, ngesifundo ngasinye sokuFunda noTitshala: Phambi kokufunda; UFundo lokuQala; UFundo lwesiBini; kunye naseMva kokuFunda. Funda ezi nkcazelo ukuze ufumane ukuqonda ngokucacileyo ukutyibilika kwesifundo ngasinye.

## UKUFUNDA NOTITSHALA: PHAMBI KOKUFUNDA

### INDLELA YOBUCHULE YENGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

Phambi kokuFunda, sakha izakhono zengqiqo nokuqonda ngokwenza abafundi bacinge ngebali phambi kokuba lifundwe.

**1** Baxelele abafundi ukuba namhlanje baza kujonga imifanekiso esebalini, baze bacinge ngebali.

**2** Baxelele abafundi ukuba, ukuthathela koko bakubonayo, baza kwenza uqikelelo ngebali. Oku kuthetha ukuba baza kusebenzisa imifanekiso bazame ukuqashela ukuba lingantoni ibali.

3 Cacisela abafundi ukuba bangacingi ngomfanekiso ngamnye uwodwa. Mabacinge ukuba izalana njani imifanekiso omnye nomnye. Kufuneka ukuba badibanise yonke imifanekiso omnye nomnye bazame ukuqonda ukuba lingantoni ibali xa liphelele.
4 Babonise abafundi uqweqwe lwebali uze ufunde isihloko ukhwaze.
5 Babuze abafundi: Nicinga ukuba kuza kwenzeka ntoni kweli bali?
6 Okulandelayo, jonga umfanekiso ngamnye ebalini, uze uthi njengoko ujonga ubuze abafundi:
   a Nibona ntoni kulo mfanekiso?
   b Nicinga ukuba kwenzeka ntoni apha?
   c Nicinga ukuba yintoni elandelayo enokwenzeka?
7 Ukuba abafundi bayalibala ukudibanisa imifanekiso eyahlukeneyo, bathundeze ukuba benze oko. Umzekelo: 'Nisakhumbula ukuba le nkwenkwe ibisenza ntoni kumfanekiso wokugqibela? Yenza ntoni ngoku? Nicinga ukuba kwenzeka ntoni?'
8 Xa ufika kumfanekiso wokugqibela, buza abafundi: Nicinga ukuba liza kuphela njani eli bali (ukuba lichanekile)?
9 Babulele abafundi ngokuqikelela kwabo.
10 Ukuba unexesha, funda ibali lonke kube kanye ungakhange ume.

## UKUFUNDA NOTITSHALA: UFUNDO LOKUQALA

### INDLELA YOBUCHULE YENGQIQO NOKUQONDA: INDLELA YOBUCHULE EMELE UKUSETYENZISWA ICHONGIWE KWISICWANGCISO SESIFUNDO.

KuFundo lokuQala, siqala sakhe izakhono zengqiqo nokuqonda ngokufunda ze ucacise ibali kubafundi. Senza nomfuziselo wendlela ekucingwa ngayo ngebali. Phambi kokufunda, xelela iklasi into oza kuyenza. Thetha into efana nale: *'Klasi, lixesha lokuFunda noTitshala. Nikhumbule, qho xa sifunda okanye simamela ibali, kubalulekile ukusoloko sicinga ngebali. Namhlanje ndiza kunibonisa ukuba mna, ndicinga njani ngebali. Oku ndiza kukwenza (umzekelo) ngokwenza umfanekiso-ntekelelo wokwenzeka ebalini. Oku kuthetha ukuba njengoko ndifunda, ndiza kuzenzela umfanekiso-bhanyabhanya webali engqondweni yam.'*

1 Funda iphepha ngalinye lebali ngokutyibilikayo nangokucacileyo. Njengoko ufunda sebenzisa izijekulo, iintshukumo nembonakalo yobuso, uze utshintshe imvakalo-zwi yelizwi lakho uqaqambisa intsingiselo.
2 Apho kufanelekileyo yima, uze ucacisele abafundi igama okanye ibinzana.
3 Ngaxeshanye, ngexesha loFundo lokuQala, sikwamilisela iingqondo ekwenzeni umfuziselo nokufundisa abafundi indlela yobuchule yengqiqo nokuqonda.
4 Ekupheleni kwephepha ngalinye uya kubona iibloko ezimbini ezinemibala, ziphawulwe uFundo lokuQala kunye noFundo lwesiBini.
5 Xa ugqibile ukufundela abafundi iphepha elo, nqumama uze ubonakalise ukuba uyacinga ngokuthetha oko kuseblokweni. Ngokwenza oku, wenza umfuziselo wendlela yokucinga ngebali. Kubalulekile ukuba uyiqonde into oyithethayo – ukuba ayivakali kuwe, ayisayi kuvakala nakubafundi.

6 Kwiphepha lokugqibela lebali, kukho imibuzo embalwa kwibloko yoFundo lokuQala neyoFundo lwesiBini.
7 Buza abafundi abohlukileyo baphendule imibuzo.
8 Babonise abafundi ukuba kungakho iimpendulo ezingaphaya kwenye ezichanekileyo xa kuphendulwa umbuzo, kwaye abafundi banokuba neembono ezahlukileyo.

### UKUFUNDA NOTITSHALA: UFUNDO LWESIBINI

### INDLELA YOBUCHULE YENGQIQO NOKUQONDA: LE NDLELA YOBUCHULE KUFUNEKA ISETYENZISIWE ICHONGIWE KWISICWANGCISO SESIFUNDO.

Kufundo lwesiBini, siyaqhuba ngokwakha izakhona zengqiqo nokuqonda ngokufundela abafundi ibali, nokwenza umfuziselo wendlela yokucinga ngebali. Kwakhona, xelela iklasi into oza kuyenza. Thetha okufana noku: *'Klasi, lixesha lokuFunda noTitshala. Khumbulani, qho xa nifunda okanye niphulaphule ibali, kubalulekile ukusoloko nicinga ngebali. Namhlanje, ndiza kunibonisa ukuba ndicinga njani ngebali. Ndiza kukwenza oku (umzekelo) ngokwenza umfanekiso-ntekelelo wokwenzeka ebalini. Oku kuthetha ukuba njengoko ndifunda, ndiza kwenza umboniso-bhanyabhanya webali engqondweni.*

1 Okulandelayo, funda iphepha ngalinye lebali ngokutyibilikayo nangokucacileyo. Njengoko ufunda, sebenzisa izijekulo, iintshukumo, inkangeleko yobuso, uze utshintshe nemvaka-lozwi ukuqaqambisa intsingiselo.
2 Ngaxeshanye, ngoFundo lwesiBini, uyakwenza umfuziselo wendlela yokucinga ngebali.
3 Ekupheleni kwephepha ngalinye uya kubona iibloko ezimbini ezinemibala, ziphawulwe uFundo lokuQala noFundo lwesiBini.
4 Xa ugqibile ukubafundele eli phepha abafundi, nqumama ubonise ukuba uyacinga ngokuthetha oko kuphakathi kwibloko yoFundo lwesiBini. Ngokwenza oku, wenza umfuziselo wendlela yokucinga ngebali. Kubalulekile ukuba uyiqonde into oyithethayo – xa ingavakali kuwe, ayisayi kuvakala nakubafundi.
5 Kwiphepha lokugqibela lebali, kukho imibuzo embalwa kwibloko yoFundo lokuQala nolwesiBini.
6 Buza abafundi abohlukileyo baphendule imibuzo.
7 Okokugqibela, cela abafundi baqulunqe umbuzo ngetekisi.
   a Cela abafundi umntu azimele acinge ngombuzo anokuwubuza ngetekisi.
   b Ukuba kuyimfuneko, bakhumbuze abafundi ngamagama athile okanye amabinzana emibuzo, umzekelo: ngubani; yintoni; kwakunini; phi; njani; kwakutheni; ngokweembono zakho; ucinga ukuba; dwelisa; njl, njl.
   c Xelela abafundi baguquke ze bathethe, babelane ngemibuzo yabo.
   d Emva koko, cela abafundi abambalwa babelane neklasi ngemibuzo yabo.
   e Nika abanye abafundi ithuba lokuphendula le mibuzo.

## UKUFUNDA NOTITSHALA: EMVA KOKUFUNDA

Injongo yomsebenzi waseMva kokuFunda kukunika abafundi ithuba lokuhlanganisa ukuqonda kwabo ibali nokuziqhelisa ukusebenzisa ulwimi olutsha abalufundlileyo.

**Emva kokufunda, uya kwenza omnye kwimisebenzi emine:**

1. Zoba itekisi
2. Linganisa ibali
3. Balisa kwakho ngomlomo okanye ngokubhala iindawo ezithile ebalini
4. Ingqiqo nokuqonda okubhalwayo

### ZOBA ITEKISI

1. Hlalisa abafundi kwiidesika zabo, beneencwadi zabo zokubhala okanye iphepha elingabhalwanga, ipensile kunye neekrayoni.
2. Xelela abafundi ukuba baza kuzenzela umfanekiso-ntekelelo ngento ethile kwitekisi. Bakhumbuze ukuba xa besenza umfanekiso-ntekelelo ngento ethile, bacinga ngokuba ikhangeleka injani, inuka njani, ivakala njani xa uyibamba, kwaye isandi sayo sinjani. Mabenze nomfanekiso-ntekelelo wendlela abaziva ngayo ngomlinganiswa, isiganeko okanye into ekwitekisi.
3. Bacele abafundi bavale amehlo ze baphole. Bafundele itekisi kwakho kube kanye.
4. Emva koko, bacele bawavule amehlo, ze bazobe oko bathe benza umfanekiso-ntekelelo ngako kuvela kwitekisi. Abafundi banokongeza iimpawu bacacise ivumba, incasa, njl, njl.
5. Emva koko abafundi mabasebenzise isi/ziqali-sivakalisi babhale isivakalisi nokuba zibini ngoko bathe benza umfanekiso-ntekelelo ngako.
6. Okokugqibela, bavumele baguquke ze bathethe, babelane ngemifanekiso-ntekelelo yabo neqabane.

### LINGANISA IBALI

1. Hlalisa abafundi kwimethi okanye indawo ethe cwaka phandle.
2. Xelela abafundi ukuba namhlanje baza kulinganisa iindawo ezithile zebali abalifundileyo.
3. Bambela phezulu incwadi enkulu. Funda iphepha lokuqala.
4. Nika abafundi imiyalelo yento ekufuneka bayilinganise. (ekwisicwangciso sesifundo)
5. Linganisa imiyalelo kunye nabafundi.
6. Phinda kwiphepha ngalinye.
7. Baqeqeshe abafundi ukuba kwakubonisswa ngophawu ukuba mabathi cwaka baphulaphule mabenze njalo, njengoko ufunda iphepha usenza neentshukumo.


### UKUBALISWA KWAKHONA OKANYE UKUBHALWA KWEENDAWO EZITHILE ZEBALI

1. Hlalisa abafundi bazole ukuze bamilisele iingqondo kuwe.
2. Landela amanqwanqwa kwisicwangciso sesifundo ukubalisa kwakhona indawo ethile kwibali kunye nabafundi.

3 Okokuqala, uza kwenza umfuziselo wokubalisa ukhumbula into esebalini.
4 Okulandelayo, uza kubaxelela abafundi ukuba bacinge ngento ethile ebalini – mabangalinganisi umzekelo wakho.
5 Baza kuthi ke ngoku abafundi BAGUQUKE ZE BATHETHE babelane bebalisa kwakhona kunye neqabane.
6 Okokugqibela, uya kubiza babe mbalwa beze kwabelana neklasi babalise kwakhona.
7 Ukuba isifundo sesokubalisa ngokubhala, abafundi baya kuzoba/ babhale ibali kwakho ezincwadini zabo zomsebenzi.

#### OKUBHALWAYO KWENGQIQO NOKUQONDA

1 Phambi kwesifundo, bhala isihloko setekisi njengesihloko ebhodini.
2 Emva koko bhala imibuzo yengqiqo nokuqonda ebhodini, kunye neziqali-zivakalisi zeempendulo. (Apho kufanelekileyo.)
3 Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala baze babhale isihloko.
4 Baxelele abafundi ukuba namhlanje, baza kucinga ze babhale iimpendulo zale mibuzo.
5 Funda imibuzo nabafundi, uze ucacise xa kuyimfuneko.
6 Baxelele abafundi banokungayibhali phantsi imibuzo, mababhale iimpendulo kuphela.
7 Hamba hamba ujikeleze uze uncede abafundi abatsala nzima.
8 Kwimizuzu emibini yokugqibela, phendula imibuzo kunye nabafundi, bavumele bakorekishe imisebenzi yabo.



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala

***Injongo:*** *Ukuphulaphula nokunika umfundi ngamnye ithuba lokuzifundela ngaphandle, nokuphuhlisa gca izakhono zokufunda ngengqiqo nokuqonda. Ukunika abanye abafundi eklasini ithuba lokuziqhelisa ukufunda izandi, amagama avela kakhulu kwitekisi, amagama afundeka lula ngokuhlahlela, nokudibanise izandi namalungu egama, phambi kokubhala umsetyenzana ohlola ukuqonda nengqiqo.*

Kubalulekile ukuba umamele umfundi ngamnye ezifundela nokuba kukanye ngeveki

#### EKUFUNEKA UKWENZE NABANYE BAFUNDI EKLASINI

1 Phambi kokuqala kwesifundo sokufunda ngamaqela ancediswa ngutitshala, qiniseka ukuba abanye abafundi apha eklasini baneencwadi zabo zokubhala kunye nephepha lomsebenzi wokufunda uzimele
2 Qiniseka ukuba iphepha lomsebenzi wokufunda uzimele likhuselekile ngokulifaka kwifayili okanye isingxotyana seplastiki.
3 Qeqesha abantwana ngemigaqo emayilandelwe xa ilithuba lokufunda ngamaqela notitshala
   a Nika bonke abafundi iphepha lomsebenzi wokufunda uzimele
   b Cacisela abafundi ukuba umsebenzi wokuqala kwiphepha lomsebenzi wokufunda uzimele kufuneke wenziwe ugqitywe.

- **c** Biza iqela lize kukufundela.
- **d** Xa sele umamele umfundi ngamnye kwiqela elo bayalele babuyele kwidesika zabo.
- **e** Yalela abafundi benze umdlalwana wokuphumza ingqondo umzekelo ingonyana okanye umdlalo.
  - *Qaphela: imizuzu engama-30 mininzi abafundi behleli besenza umsebenzi omnye umntu eyedwa. Ngenxa yesi sizathu kubalulekile ukuba ubaphumze ngokwenza umdlwana okanye ingonyana enika umdla.*
- **f** Phinda ubahlalise ubanike nephepha lomsebenzi wokufunda uzimele.
- **g** Cacisela abafundi ukuba umsebenzi olandelayo kwiphepha lomsebenzi wokufunda uzimele kufuneke wenziwe ugqitywe.
- **h** Biza elinye iqela lize kukufundela.

**4** Bubuchule ukuhlalisa umfundi osilelayo ekufundeni kunye nomfundi okwaziyo ukufunda ukuze bancedisane.

### ISIMO SEPHEPHA LOMSEBENZI WOKUFUNDA UZIMELE

**1** Iphepha lomsebenzi wokufunda uzimele linemisetyenzana eli-10 qho ngeveki. Kukho amathuba alishumi evekini okuba utitshala asebenze namaqela. Oko kuthetha ukuba abafundi baza kuyigqiba imisebenzi ngeeseshoni ezil-9.

**2** Imifanekiso ikhumbuza abafundi ngemabakwenze ngexesha lesifundo ngesuku ngalunye.

- **a** Umlomo ubakhumbuza ukuba babize izandi zegama ngalinye.
- **b** Iliso likhumbuza abafundi ukuba bafunde amagama ngokuwabona.
- **c** Umfanekiso onomntwana omnye ukhumbuza abafundi ukuba lithuba lokuba umntu ngamnye azifundele.
- **d** Abantwana ababini bakhumbuza abafundi ukuba lithuba lokufunda bebabini
- **e** Umfanekiso wesandla esibambe usiba lokubhala ukhumbuza abafundi ukuba lithuba lokuba bazobe okanye babhale.

**3** Kugcinwa uluhlu oluyintloko olunazo zonke izandi namagama asetyenziswa njalo afundisiweyo. Amabali amatsha akhiwa kusetyenziswa izandi namagama eveki asetyenziswa njalo, nangokuquka izandi namagama asetyenziswa njalo asele efundisiwe. Oku kuthetha ukuba abafundi abahlangani namagama abangazange bawabona kwiphepha labo lomsebenzi.

### UKWAHLULA AMAQELA NOKUKHETHA ITEKISI YOKUFUNDWA KWISIFUNDO SOKUFUNDA NGAMAQELA ANCEDISWA NGUTUTSHALA.

**1** Kwiveki ezimbini zokuqala zokuvulwa kwezikolo, mamela umfundi ngamnye efunda eyedwa

**2** Sebenzisa le rubriki ingezantsi ukwahlula abafundi ngokomgangatho wabo wokufunda

**3** Hlela abafundi, ubafake kumaqela, iqela ngalinye libe nabafundi abafunda ngokufanayo/ kumgangatho olinganayo.

**4** Le nkqubo inezifundo ezilishumi ngeveki zokumamela abafundi befunda. Kufuneka uhlele ube namaqela alishumi. Ukuba unamaqela angaphantsi kweshumi ungalisebenzisa eli thuba ukusebenza namaqela atsala nzima ukufunda ukufunda.

**5** Kwitreka yakho uza kufumana ifomu yokubhala amagama abafundi ngokwamaqela abo, kunye netheyibhuli yokubhala itekisi abayafundayo nokujonga inkqubo yabo xa befunda.

**6** **Qaphela**: le rubriki yeyokwahlula abafundi ngokomgamgatho wabo wokufunda

**7** Ukuba kukho abafundi abaliqela abakumgangatho olinganayo wokufunda, banike umsebenzi wengqiqo nokuqonda ukubohlula.

**8** Kwiklasi enabafundi abangama-40 kungakho:

- Akukho qela lipheleleyo kumgangatho 1, ngabafundi abambalwa.
- Iqela elinye kumgangatho 2
- Amaqela amabini okanye amathathu kumgangatho 3
- Amaqela amabini okanye amathathu kumgangatho 4
- Iqela elinye okanye amabini kumgangatho 5

| Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda: kumgangatho 1 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda kumgangatho 2 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda kumgangatho 3 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda kumgangatho 4 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda kumgangatho 5 |
|---|---|---|---|---|
| • Lo mfundi akazi kwagama okanye ufunda amagama ambalwa<br>• Lo mfundi akaziqondi izandi ezininzi noonobumba. | • Lo mfundi wazi amagama ambalwa aqhelekileyo<br>• Lo mfundi akaziqondi izandi nonobumba OKANYE lo mfundi udinga uncedo ukufunda amagama nezandi ezitsha | • Lo mfundi wazi amagama amaninzi aqhelekileyo.<br>• Lo mfundi udinga uncedo ukufunda amagama angekafundiswa/ amatsha | • Lo umfundi wazi amagama aqhelekileyo amaninzi ukwafunda nesininzi samagama angekafundiswa/ amatsha<br>• Lo mfundi udinga uncedo ngamathuba athile ukufunda amagama angaqhelekanga<br>• Lo mfundi uyakwazi ukufunda amagama amaninzi ngokutyibilika | • Lo umfundi wazi amagama amaninzi aqhelekileyo<br>• Lo mfundi ufunda amagama angekafundiswa<br>• Lo mfundi ufunda ngokutyibilika nangokucacileyo.<br>• Ngomnye wabafundi abagqwesileyo ekufundeni eklasini. |

## EMAKWENZIWE NEQELA NGALINYE NGEXESHA LOKUFUNDA NGAMAQELA ANCEDISWA NGUTITSHALA.

1 Biza iqela likufundele
   - a Qinisekisa ukuba banetekisi echanekileyo.
   - b Hlalisa iqela kwisangqa
   - c Khumbuza abafundi amagama abawafunde ngokuwabona kule veki. Bonisa abafundi onotsheluza bala magama baziqhelise ukuwafunda.
   - d Okulandelayo, nika abafundi imizizu embalwa bazifundele indawana yetekisi bethe cwaka.
   - e Nika umfundi ngamnye ithuba lokufundela ngaphandle indawana yetekisi eyedwa.

2 Kwizifundo zokufunda ngamaqela ancediswa ngutitshala kubalulekile ukukhumbula ukuba:
   - a **Bonisa abafundi amagama avela nasetyenziswa kakhulu kwitekisi**. Khumbuza abafundi ukuba kukho amagama **e**kufuneka bawafunde ngokuwajonga bawagcine engqondweni.
   - b **Yakha izakhono zokuhlahlela amagama**. Xa umfundi etsala nzima ukufunda igama, ungakhawulezi umnike impendulo mncedise umbonise ukuhlahlela nokuhlanganisa zandi ukuze kuphume igama.
   - c **Ncoma, ukhuthaze abafundi.** Ukufunda ngamaqela ancediswa ngutitshala kufuneka kwenziwe kube sisifundo esinika umdla, esikhuthazayo nesakha ukuzithemba kubafundi.
   - d **Phuhlisa ukufunda ngokutyibilikayo.** Ncedisa abafundi kuphuhle ukufunda ngokutyibilikayo**.** Xelela abafundi ukuba xa ufunda kufuneka kuvakale ngathi uyathetha. Yenza ymfuziselo ufundela abafundi ngokutyibilikayo balandele emva kwakho.
   - e **Yakha ingqigqo nokuqonda ngokufundwayo.** Xelela abafundi ukuba xa befunda kufuneka bacinge ngoko bakufundayo. Fundisa abafundi ukuba banqumame, baphinde bafundisise xa belahlekelwa ngumxholo wabakufundayo**.** Fundisa abafundi ukuba babe nomfanekiso ngqondweni njengoko befunda – bazakhele umboniso bhanyabhanya ezintlokweni zabo ngoko bakufundayo. Fundisa abafundi ukuzama bahlale bekhumbula abakufundayo kwaye babuze xa kukho abangakuqondiyo.

## UKUNAKEKELWA/UKUGCINWA KWAMAPHEPHA OMSEBENZI WOKUFUNDA UZIMELE

1 Licebo elihle ukuwagcina kwifayile okanye kwisingxotyana seplastiki xa abafundi bewasebenzisa.

2 Xa kugqityiwe ukutyenziswa amaphepha omsebenzi okufunda uzimele, wanekekele, uwagcine kakuhle.

3 Xa uwagcine kakuhle amaphepha omsebenzi okufunda uzimele, angahlala iminyaka kuba abafundi ababhali kuwo, babhala kwiincwadi zabo zokubhala.

### ENYE INDLELA YOKUFUNDA NGAMAQELA

Khumbula ukuba isizathu sokufunda ngamaqela kukumamela umfundi ngamnye ezifundela eyedwa ukuze bancedwe baphuhlise isakhono sabo sokufunda. Ukuba akukho ndawo yaneleyo kwiklasi yakho yokuhlala nabafundi phantsi nifunde, okanye kuyingxaki ukugcina ucwangco kwiklasi xa ufunda neqela, ikhona enye indlela.

Kwisifundo sokufunda ngamaqela ancediswa ngutitshala, nika bonke abafundi amaphepha omsebenzi okufunda uzimele, uze wenze oku kulandelayo:

1. Bacacisele umsebenzi wokuqala abaza kuwenza okwiphepha lomsebenzi lokufunda uzimele
2. Wandule, ubize umfundi ngamnye eze kwitafile yakho, afundele ngaphandle
3. Mamela umfundi ngamnye efunda kwitekisi ekumgangatho wakhe
4. Phuhlisa isakhono sabo sokuhlahlela amagama nokufunda ngobugcisa.
5. Emva kwemizuzu eli-15, Yalela abafundi benze umdlalo wokuphumza ingqondo.
6. Phinda uhlalise abafundi baqhubeke nomsebenzi okwiphepha lomsebenzi wokufunda uzimele
7. Bacacisele umsebenzi olandelayo okwiphepha lomsebenzi lokufunda uzimele.
8. Qhubeka ubize abafundi ngabanye beze kukufundela kwitafile yakho.

Ukuba ukhetha ukwenza le inkqubo xa usenza isifundo sokufunda ngamaqela, qinisekisa ukuba ufumana ithuba lokumamela umfundi ngamnye kube kanye ngeveki.

## Inkqubo elandelwayo yokubhala

***Injongo:*** *Kukufundisa nokuncedisa abafundi kwinkqubo elandelwayo bebeka iingcinga zabo ephepheni. Nokubonisa abafundi ukuba ukulandela inkqubo kubanika amathuba okutshintsha, becokisa ukuphucula iingcinga zabo. Kunokulindela ukuba bathi beqala ukubhala babhale konke ngokuchanekileyo.'*

Inkqubo yokubhala elandelwayo iquka la manyathelo alandelayo ukucwangcisa, ukuyila, ukuhlela, ukupapasha nokunikweza iindlebe. La manyathelo mane aphuhlisa ubuchule bokubhala, afundiswa abafundi kuwo oomathathu la mabanga kule mfundo esisiSeko.

### CWANGCISA UKUBHALA

1. Le nkqubo iphuhlisa ubuchule bokubhala, ifundisa abafundi indlela yokucwangcisa ukubhala besebenzisa:
   a. Uluhlu
   b. Imephu yengqondo
2. Phambi kokuba abafundi bacwangcise umsebenzi wabo, kumele wena ubabonise abamele bakwenze ukuze baqiniseke ngokufuneka bekwenzile. Isicwangciso sesiFundo siyakukhokela ukwenza oku.

3 Cacisela abafundi ukuba ngamaxesha onke kumele bakuCINGE kuqala oko baza kubhala ngako. Bonisa ngokuthetha iingcinga zakho ngokuvakalayo.
4 Sebenzisa isakhelo sesicwangciso ukwakha esakho isicwangciso sokubhala.
5 Nika abafundi imizuzu embalwa ukuba bacinge ngoko baza kukubhala.
6 Vumela abafundi baguquke bathethe, besabelana ngeengcinga zabo.
7 Abafundi mabasebenzise isakhelo sokubhala besakha esabo isicwangciso sokubhala bekhokhelwa bekwancedwa nguTitshala

### YILA/CEBA UKUBHALA

1 Phambi kokuba siqale isifundo, bhala kwakhona isicwangciso sokubhala kwisifundo sangoMVULO ebhodini. Bhala isakhelo sokubhala ebhodini.
2 Cacisa, ubabonisa ngendlela abaza kusibenzisa ngayo isicwangciso ukwenza idrafti.
3 Abafundi mabenze konke oku besebenzisa isakhelo sokubhala.
4 Njengokuba bafundi bebhala idrafti zabo, hamba hamba eklasini unika uncedo.

### HLELA UKUBHALA

1 Bhala itshekhilisti yokulungisa umbhalo okwisicwangciso sesiFundo ebhodini.
2 Funda ucacisele abafundi indlela yokusebenzisa le tshekhilisti.
3 Bonisa abafundi indlela ezilungiswa ngayo iimpazamo ezenziweyo.
4 Nika abafundi ithuba lokulungisa iimpazamo zabo besebenzisa itshekhilisti.

### UKUPAPASHA NOKUNIKWEZA INDLEBE

1 Yalela abafundi babhale kwakhona ngokucocekileyo umsebenzi wabo.
2 Nika abafundi ithuba lokutshintsha incwadi ze omnye afunde umsebenzi womnye.
3 Abafundi mabanikwe ithuba lokufunda umsebenzi wabo eklasini.
4 Cela abanye babafundi babhale ngokutsha kumaphepha befaka imizobo ze babhale amagama abo ngezantsi kumaphepha lawo. Xhoma lo msebenzi eludongeni ukuze ubonwe ngumntu wonke eklasini.
5 Qokelela iincwadi zabafundi. Okulindelwe kuwe kukuba ngekota umakishe amaphepha nje amabini kumsebenzi wokubhala usebenizsa irubhriki. Khumbula ukuba kubalulekile ukufunda yonke imibhalo yabafundi uncome, ucebisa nalapho basilele khona.
6 Oku kunceda nasekukhuliseni ukuzithemba kwisakhono sokubhala.

## Ubuchule obuphuhlisa ukubhala

***Injongo:*** *Kukuxhobisa abafundi ngobuchule bokuphuhlisa ukubhala obusebenza njengesakhelo ukubancedisa ekujikeni iingcinga zabo zibe yimibhalo yokwenene.*

1. Landela isicwangciso sesifundo seveki nganye ukwenza umsebenzi owunikiweyo wokubhala.
2. Kwesi sicwangciso sesifundo uya kuqaphela ukuba imisebenzi emayenziwe eklasini ilandelelana ngokufanayo amaxesha onke. Oku kunceda bafundi ukuze bakwazi emabakulindele kumsebenzi obhalwayo Oku kunceda nokwakha ukuzithemba.
3. Uya kuqaphela ke Titshala ukuba ubuchule obahlukeneyo buyafundiswa kubafundi ekubancediseni kwiphulo lokugqiba umsebenzi obhalwayo onikiweyo.
4. Iphulo kukuba abafundi babazi obu buchule bokufunda bebusebenzisa ngokokwabo.
5. Obu buchule benza abafundi bazibone benakho ukwenza umsebenzi obhalwayo xa befundiswe onke la manyathelo alandelwayo kule nkqubo yokubhala.

**UBUCHULE BOKUBHALA BOKU-1: UTITSHALA WENZA UMFUZISELO WOKUBHALA KUQALA**

- **a** UTitshala ubonisa abafundi ekufuneka kwenziwe kuqala.
- **b** Ngokujonga okwenziwa nguTitshala abafundi bayacacelwa ngokufuneka bekwenzile.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI-2: ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE**

- **a** Ukubhala sisenzo sokubeka iingcinga ephepheni.
- **b** Oku kuthetha ukuba ababhali mabacinge kuqala, ze bathathe isigqibo ngeembono phambi kokuba bazibhale.
- **c** Kwaye oku kuthetha ukuba akukho mpendulo zilungileyo nezingalunganga xa kubhalwa umbhali ngamnye uneengcinga zakhe aza kubhala ngazo.
- **d** Banike ithuba elaneleyo lokucinga ngamaxesha onke abafundi.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI – 3: ABABHALI BAKRWELELA UMGCA KWIGAMA NGALINYE ABALIBHALAYO**

**a** Abafundi bacinga ngesivakalisi abafuna ukusibhala, ze basivakalise ngaphandle.
**b** Abafundi babala ukuba isivakalisi sinamagama amangaphi, ze bakrwele imigca ukubonisa igama ngalinye.
**c** Imigca mayikrwele ukusuka ekhohlo isiya ngasekunene, isuka ngentla isiya ngezantsi.
**d** Imigca mayingqamane nobude begama ngalinye.
**e** Makushiywe izithuba phakathi kwamagama.
**f** Makubekwe isingxi ekupheleni kwesivakalisi.
**g** Xa imigca igqityiwe ukukrwelwa, umbhali makabhale amagama, ukuba akaqinisekanga ngegama makazame ukubhala isandi esi siqala ngalo igama phambi kokucela uncedo.
**h** Le nkqubo yakha isakhelo nokuzimisela kubabhali. Abafundi ekunzima ukubhala le nkqubo ingabanceda kakhulu.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI-4: ABABHALI BASEBENZISA IZIXHOBO UKUBHALA AMAGAMA**

**a** Fundisa abafundi bakho ukungaceli uncedo kuTiitshala xa bebhala amagama abangawaziyo. Kufuneka besebenzise izixhobo kuqala ukubhala la magama. Umzekelo:
- Amagama aseludongeni kwigumbi lokufundela
- Ezinye iincwadi
- Uluhlu lopelo lovavanyo
- Ukanti bangabuza nakoogxa babo eklasini.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI-5: ABABHALI BASEBENZISA IINKUMBULO ZABO UKUKHUMBULA AMAGAMA**

**a** Abafundi mabazame ukukhumbula amagama asele bewafundile, ze bawabhale la magama besebenzisa iinkumbulo zabo.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI-6: ABAFUNDI BABIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO**

**a** Fundisa abafundi ukutsho igama abangalaziyo kancinane okofudo ukuze bamamele ze bachonge izandi ezahlukeneyo ezenza igama.
**b** Abafundi mababhale phantsi izandi ngohlobo abaziva ngalo. (Bangangawabhali ngokuchanekileyo amagama kodwa oku makungakuphazamisi njengoko sifuna nje ukuba baqale babhale amagama abangawaziyo besenzisa imvakelelo yezandi).
**c** Zama ukufunda ulwazi lwezandi kubafundi, ze ubancome ngokukwazi ukuva izandi ezo ukwakha amgama. Sisakhono esibaluleke kakhulu esi ungalibali ukuncoma ngamaxesha onke.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI – 7: ABABHALI BAYAKUFUNDA ABAKUBHALILEYO**

**a** Abafundi mabazifundele imibhalo yabo ngokuvakalayo okanye bafundele oogxa babo. Ukuba nababukeli (ukufundela oogxa babo) kwenza le nkqubo ilandelwayo yokubhala ibe nentsingiselo engaphaya.
**b** Ngeli thuba besenza oku qinisekisa ukuba akukho magama bawashiyayo.
**c** Mabaqinisekise ukuba amagama alandelelana ngokuvakalayo.
**d** Okona kubalulekileyo qinisekisa ukuba wenza abafundi bakho bayonwabele le nkqubo ukuze bazingce ngoko bakubhalileyo.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI – 8: ABAFUNDI BAYAGUQUKA/ BAYAJIKA BATHETHE**

**a** Kumaxesha athile eklasini abafundi bangaguquka bathethe noogxa babo.
**b** Oku kunceda abafundi babelane ngeengcinga zabo koko baza kubhala, ukufundela oogxa babo oko bakubhalileyo, bexelelana nangemifanekiso ekwimibhalo yabo okanye beqonda ukuba bakuvile na ekufuneka kwenziwe.
**c** Fundisa abafundi bakho baguquke bajongane ebusweni bethethela phantsi.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI – 9: UKUBAMBA IINGXOXO NABAFUNDI**

**a** Bubuchule obubaluleke kakhulu oko njengoko abafundi besabhala.
**b** Hamba, hamba phakathi kwabo, ze ume xa ubona ongathi unzinyelwe koko kufuneka ekubhalile.
**c** Yiba nengxoxo nalo mfundi.
**d** Wujonge umsebenzi wabafundi, umamele, unike noncedo apho lufuneka khona.
**e** Ungalibali ukunika umfundi nganye ithuba lakho nawe, kananjalo ncoma imibhalo yabo.

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: amabali amafutshane anabantu abanobubele, imifanekiso yabantu bebonisa ububele.
5. Yenza uphando nakwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: ubonisa izenzo zobubele kubahlobo.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lesi 2 Masifunde & nelesi 3 Masibhale

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lesi 4 & nelesi 5 Masenzeni

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lesi 6 & nelesi 7 Masifunde

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso:** ngexesha apho wabonisa ububele kumhlobo.

IVEKI 1

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI ABANALO

1. Bonisa abafundi umfanekiso kaThomas ekhathazekile encwadini, kwiNcwadi eNkulu yebali: **UKhumo unomhlobo omtsha**
2. Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha: **Ububele**
3. Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4. Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5. Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6. Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   - **a** Kukuthini ukuba nobubele?
   - **b** Sibubonisa kubani ububele?
   - **c** Ngubani osibonisa ububele?
   - **d** Sibubonisa kubani ububele kwabanye?

### AMAGAMA ASEKWELWE KUMXHOLO

1. Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha :
   Point- Khomba igama
   Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   Say – yitsho igama kwisivakalisi
2. Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
   - ububele
   - ukuba nobubele
   - isithukuthezi

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wakumbon'ekhedamile | *Khomba emehlweni uze ubeke isandla esidleleni ukekelise intloko* |
| Sondela kuye – ncuma usiza | *Yiba ngathi uya phambili uncume* |
| Mamela ingxaki- bonis'uvelwano | *Bamba indlebe ubonise ukuphulaphula* |
| Dlala naye – azive onwabile | *Lingisa unge uyaxhuma shukumisa amagxa ukhombe komnye* |

## Ukubhala Ngesandla

Imizuzu 15

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla.
2 Okulandelayo abafundi mababhale amanani u 1-5 ecaleni komgca.
3 Bhala esi sivakalisi silandelayo ebhodini ecaleni kwenani loku-1: **Ndicula iculo ngelixa ndidanisa.**
4 Okulandelayo, bhala ezi zimelabizo ecaleni kwamanani 2 – 5:
   2 Yena
   3 Thina
   4 Mna
   5 Bona
5 Xelela abafundi babhale kwakhona isivakalisi baqale ngegama elinikiweyo.
6 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo, ubiza izandi ze ucacise indlela yokubhala ngokudibanisa.
7 Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo njengangalapho kutshintsha khona isivakalisi.
8 Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo :
   1 Ndicula ingoma ngelixa ndidanisa.
   2 Ucula ingoma ngelixa edanisa.
   3 Sicula ingoma ngelixa sidanisa.
   4 Ndicula ingoma ngelixa ndidanisa.
   5 Bacula ingoma ngelixa bedanisa.
9 Yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

Isivakalisi: ____________________

____________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2 Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **UKhumo unomhlobo omtsha.**

3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4 Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6 Funda ibali kube kanye, ungemi.

## Ukubhala:

Imizuzu 30

### Ukuyila Nokuhlela

**ISIHLOKO:** Bhala ibali apho umlinganiswa abonisa ububele komnye umntu.

**UMSEBENZI:** Bhala izivakalisi ezili-10 eziza kungena kula ncwadi: **Amabali obubele**

**UBUGCISA BOKUYILA:** Yenza imephu yengqondo

#### YAZISA NGESIHLOKO SOKUBHALA

1 Bonisa abafundi ukuba ababhali **bayacinga phambi kokuba babhale**.
2 Cacisa iimbono zakho ngesi sihloko umzekelo: *Ndiza kubhala ibali ngenkwenkwe eyathatha uhambo nomninawa wayo nabahlobo bayo, kuba wayebona ukuba umninawa unesithukuthezi. Le nkwenkwe ibonisa ububele kumninawa wayo.*

#### UMFUZISELO WOKUPHENDULA (NDIYENZA )


1 Bhala imephu yengqondo kwelinye lamacala ebhodi yakho.
2 Bonisa abafundi indlela yokwenza imephu yengqondo ngokuphendula imibuzo.
3 Gqibezela imephu yengqondo kwelinye icala lebhodi

| **iMephu yengqondo** | | |
|---|---|---|
| Ngubani umlinganiswa oyintloko kweli bali? | Ingaba bakhona abanye abalinganiswa? | Ngubani obonisa ububele? |
| Umlinganiswa ububonisa njani ububele? | **Ibali lam** | Yintoni ingxaki ebalini? |
| Lenzeka phi ibali? | Ingaba zikhona iinkcukacha ezibalulekileyo? | Isonjululwa njani ingxaki? |

| **iMephu yengqondo** | | |
|---|---|---|
| NguPeter | Umninawa wakhe uMichael | UPeter ubonisa ububele kuMichael |
| Uhamba nomninawa wakhe | **Ibali lam** | UMichael uziva enesithukuthezi ufuna ukuhamba noPeter. |
| Ekhaya kulo Peter noMichael bahlala nosapho lwabo ePitoli. | Abahlobo bakaPeter abamfuni uMichael kodwa yena uyamthethelela umnakwabo. | uPeter ugqiba ekubeni abonise ububele ngokuhamba noMichael |

**ABAFUNDI BASEBENZISA UBUGCISA BOKWENZA ISICWANGCISO (UYENZA)**

1 Abafundi mabavale amehlo bacinge ngomlinganiswa obonise ububele komnye umntu.
2 Xelela abafundi **baguquke bathethe** nomlingane besabelana ngeengcinga zabo.
3 Bonisa abafundi ifreyimu yokuyila ebhodini, abafundi mabasebenzise le freyimu yokuyila ukwenza umsebenzi wabo njengoko ubuwenzile.
4 Banike incwadi zokubhala.
5 Xelela abafundi ukuba babhale iingcinga zabo – **bangakopi** ezakho.
6 Njengokuba abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe ingxoxwana.




## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda1**.
2 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo woku1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo:

15 imizuzu

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: ngq**
2 Biza igama: **ingqayi**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/**-**/ngq/**-**/a/**-**/y/**-**/i/**
4 Biza isandi sokuqala: **/i/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/ngq/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/a/**
7 Biza isandi sesine: **/y/**
8 Biza isandi sokugqibela: **/i/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ingqayi**
10 Yenza umfuziselo ukhombe xa uhlanganisa izandi usakha eli gama **/i/**-**/ngq/**-**/a/**-**/y/**-**/i/** = **ingqayi**
11 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/in/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/gqa/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/yi/**
14 Yenza umfuziselo ukukhombe xa ukuhlanganisa amalungu egama usakha igama: **/in/**-/**gqa/**-**/yi/** = **ingqayi**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **ngq**
2 Biza igama: **ngqo**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala? **/ngq/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/o/**
5 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/ngq/**-**/o/**
6 Bhala igama elipheleleyo: **ngqo**
7 Yenza umfuziselo wokukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eli gama **/ngq/**-**/o/= ngqo**
8 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? : **/ngqo/**
9 Baxelele abafundi bahlanganise amalungu bakhe igama: **/ngqo/= ngqo**

**UYENZA**

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u-sh**
2 Abafundi mababhale amanani 1 -5.
3 Bizela la magama alandelayo:

1 **ngqo**
2 **ingqayi**
3 **ingqina**
4 **ingqiniba**
5 **ingqambu**
6 **ingqondo**

4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ngasinye ekujoliswe kuso.
5 Kwimizuzu emibini yokugqibela yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama ebhodini uze ukrwele umgca ngaphantsi kwesandi ekujoliswe kuso.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la amagama ngokubhala ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________


Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **ngq**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca phantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.



## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Ufundo Lokuqala


**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYAKWAZI UKUDIBANISA IMEKO**

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
| --- | --- |
| **UKhumo unomhlobo omtsha**<br>UKhumo wayesenza yonke into kunye noBonga. Babehlala phantsi komthi othile yonke imihla xa besitya isidlo sabo sasemini. Babesoloko bekhaba ibhola kunye kwindawo enye ebaleni. | UKhumo uchitha lonke ixesha analo kunye nabahlobo bakhe ababini. Oko **kufana nqwa** nam kunye nabahlobo bam benene! Nathi senza yonke into kunye! |
| Ngenye imini ukukhala kwentsimbi ngexesha lekhefu, uMnumzana Ngoma wabiza uKhumo ukuba ashiyeke. uKhumo wajonga kuBonga noBantu. Bajonga kuye nabo. 'Ndiza kudibana nani phandle,' watsho uKhumo. | |
| Khumo, ndikubizele ukuba ndithethe nawe malunga nomnye wabafundi abalapha eklasini,' watsho uMnumzana Ngoma. 'Ndiye ndaqaphela ukuba uThomas ungumntwana oneentloni. Ndiyambona ukuba usoloko ehleli yedwa ngexesha lekhefu. Bendinqwenela ukuba umenze inxalenye yabahlobo bakho.'<br>UKhumo akazanga ayazi into amakayithethe. Wayefuna ukuxelela uMnumzana Ngoma ukuba uThomas wayethule kwaye enesimo esingaqhelekanga, kwaye abahlobo bakhe babengafuni ukudlala noThomas. Kodwa uKhumo wathula akathetha. | UKhumo akafuni ukwenza uThomas abe yinxalenye yabo, kodwa akafuni nokuthi hayi kutitshala! Ndiyacinga ingaba uza kuthatha isigqibo esithini? |
| Akufika phandle uKhumo, uBonga noBantu babesebehleli kwindawo yabo yesiqhelo. 'Usengxakini?' wabuza uBantu.<br>'Hayi – uMnumzana Ngoma uchole ipensile yam phantsi,' waphosisa watsho uKhumo. Wayengafuni ukubaxelela into eyayithethwe nguMnumzana Ngoma. Wayefuna ukuqala ayicingisise phambi kokuba ayithethe. | UKhumo udinga ixesha lokucinga ngento afanele kukuyenza. Ndiyakwazi **ukudibanisa imeko**! Ngamanye amaxesha, xa mna nomyeni wam singavumelani, ndidinga ixesha lokucinga phambi kokuba ndilungele ukuthetha ngaloo nto. |
| Ngobo busuku uKhumo wakhalaza kumama wakhe. 'Yhoo! UMnumzana Ngoma undicele ukuba ndibe ngumhlobo wala nkwenkwe inesimo esingaqhelekanga inguThomas,' wambombozela watsho uKhumo. 'Akanabahlobo kwaye akathethi namntu. Andazi ukuba kutheni esithi mandidlale naye.' | UKhumo uziva enendawana engcono emva kokuthetha nomama wakhe ngoko kuthe kwenzeka esikolweni. Xa ndikhathazekile, ndisoloko ndiziva ngcono emva kokuthetha nomntu endimthandayo nendimthembileyo, kanye **njengo**Khumo. |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Umama kaKhumo wamjonga ngendlela ecingisisayo. 'Uyabona ke, awunyanzelekanga ukwenza oko. UMnumzana Ngoma ebekucela nje. Ayikho into anokuyenza uMnumzana Ngoma ukuba awufuni, 'watsho umama wakhe ngendlela ezimiseleyo enzulu.<br><br>Oko kwamenza uKhumo waziva ngcono. 'Andinyanzelekanga ukuba ndidlale nala mntwana unesimo esingaqhelekanga,' wacinga njalo. | |
| Kodwa wathi akungqengqa ngobo busuku, wacinga ngexesha awayeqala ukuya esikolweni, phambi kokuba azane noBonga noBantu. Wacinga ngezo veki zokuqala, xa wayehlal' elilolo ngexesha lekhefu, enethemba lokuba kukho umntu oya kuza ahlale ecaleni kwakhe. 'Mhlawumbi andinyanzelekanga,' wacinga njalo uKhumo, 'kodwa ndiyafuna.' | UKhumo **udibanisa imeko** kaThomas. UKhumo ucinga ngexesha awayehlala yedwa ngalo, njengoThomas. Xa **edibanisa le meko**, uthatha isigqibo sokwenza uThomas inxalenye yabo, noxa ebengafuni ekuqaleni. |
| Ngosuku olulandelayo, uKhumo wahlala noBantu kunye noBonga. Waqwalasela uThomas ehleli yedwa. 'Ndicinga ukuba masiye kukhangela ukuba uThomas akafuni na ukuhlala nathi,' watsho uKhumo.<br><br>'Uyaziva, uThomas? Kutheni ufuna ukumfaka kuthi?' wabuza uBantu.<br><br>'Ewe, akabonakali njengomntu onika umdla nowonwabisayo!' watsho uBonga.<br><br>'Ndicinga ukuba ulungile, watsho uKhumo. 'Kwaye ndiyamsizela. Akukho nomnye apha kuthi onqwenela ukuhlala yedwa ngexesha lekhefu. Kwaye, ukuba sinomhlobo wesine, singadlala amaqela.'<br><br>' Kulungile,' uBantu noBonga bavumelana naye. | |
| UKhumo waya kuThomas. 'Mfondini! Awufuni kuza kuhlala nathi?'<br><br>UThomas wabhekabheka. 'Mna?' wabuza.<br><br>'Ewe, wena. Uyafuna ukuza kuhlala nathi?'<br><br>Bazala luncumo ubuso bukaThomas. 'Kulungile,' watsho. | UKhumo akudingeki ukuba amcele uThomas adlale nabo. Uyazikhethela ekugqibeleni. UKhumo **udibanisa imeko!** Wenza oko anqwenela ukuba kwenziwe kuye! |
| Akugqiba ukutya la makhwenkwe abeka amatye amakhulu ukwenza iipali zokufaka amanqaku. Adlala isibini kwisibini. 'Lo ibe ngowona mdlalo mnandi sakha sawudlala.!'watsho uBantu. 'Uze udlale nathi kwakhona ngomso!' uBonga watsho kuThomas. | |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'Ndiyaziqhayisa ngawe, Khumo,' watsho uMnumzana Ngoma, ekupheleni kwemini. Njengoko uKhumo wayephuma, waziva enokuziqhayisa naye. | Oo! UMnumzana Ngoma ufanele ukuba umbonile uKhumo esenza uThomas inxalenye yabo! Kufana nangokuya ndabona intombi yam imema udade wayo umncinci ukuba adlale nayo. Ndaziva ndiziqhayisa ngokwenza kwakhe okulungileyo |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| Ngubani utitshala kaKhumo? | Utitshala wakhe nguMnumzana Ngoma. |
| Wacelwa ukuba enze ntoni uKhumo nguMnumzana Ngoma? | Wamcela ukuba enze uThomas inxalenye yabo ngexesha lekhefu. |
| Ebeqhele ukuhlala nabani uThomas ngexesha lekhefu? | Uqhele ukuhlala yedwa. |
| **Imibuzo efuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze uMnumzana Ngoma aziqhayise ngoKhumo? | • Kuba uKhumo wathatha isigqibo sokucela uThomas ukuba ahlale naye kunye nabahlobo bakhe.<br>• Kuba uKhumo wenza okulungileyo. Wayenganyanzelekanga!<br>• Kuba uKhumo wenza uThomas wayinxalenye yabo.<br>• Kuba uKhumo wenza oko wayekucelwe nguMnumzana Ngoma. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 1.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6 Cacisa uMsebenzi **wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye imisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

Imizuzu 15

### ISIGAMA SOMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha :
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- ukuba yingxenye
- ukungabi yingxenye
- ukubandakanywa
- ukungabandakanywa

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wakumbon'ekhedamile | *Khomba emehlweni uze ubeke isandla esidleleni ukekelise intloko* |
| Sondela kuye – ncuma usiza | *Yiba ngathi uya phambili uncume* |
| Mamela ingxaki- bonis'uvelwano | *Bamba indlebe ubonise ukuphulaphula* |
| Dlala naye – azive onwabile | *Lingisa unge uyaxhuma shukumisa amagxa ukhombe komnye* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI

**1** Yohlula abafundi babe ngamaqela amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
**3** Xelela abafundi bacinge ngebali eliza kungena kwimifanekiso.
**4** Nika abafundi umzuzu ube mnye okanye ibe mibini becinga ngokwakha ibali .
**5** Okulandelayo umfundi ngamnye kwiqela makabelane ngebali lakhe alakhileyo.
**6** Khumbuza abafundi ukuba ibali ngalinye kumele linike umdla kwaye lihambelane nemifanekiso!
**7** Cela abafundi babelane kwaye bamamelame amabali abo.
**8** Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.



## Izandi Nezandi Zopelo: 

Imizuzu 15

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: xhw**
2 Biza igama: **xhwi**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/xhw/-/i/**
4 Biza isandi sokuqala: **/xhw/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/i/**
6 Bhala igama elipheleleyo: **xhwi**
7 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama **/xhwi/ = xhwi**
8 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/xhwi/**
9 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa amalungu usakha igama: **/xhwi/** = **xhwi**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **xhw**
2 Biza igama: **ixhwili**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/xhw/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/i/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine: **/l/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela**: /i/**
8 Bhala igama elipheleleyo: **ixhwili**
9 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama **/i/-/xhw/-/i/-/l/-/i/ = ixhwili**
10 Buza abafundi: Ngubanii ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
11 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/xhwi/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/li/**
13 Xelela abafundi bahlanganise amalungu egama bakhe igama elipheleleyo: **/i/-/xhwi/-/li/ = ixhwili**

**UYENZA**

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi** u- **xhw**
2 Abafundi mababhale amanani 1 -5.
3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **xhwi**
   2 **ixhwili**
   3 **ixhwane**
   4 **ixhwele**

4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwelele umgca isandi eso kufundwa ngaso.
5 Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo bhala amagama ebhodini ukrwelele isandi umgca ngaphantsi.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepenisile enombala.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **xhw**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi <u>mabakrwele umgca ngaphantsi</u> kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.



*ixhwane*

*ixhwele*

*Ixhwili lathi xhwi ixhwane.*

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

Isivakalisi: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukubhala:

30 imizuzu

### Ushicilelo Nokwabelana

**ISIHLOKO:** Bhala ibali apho umlinganiswa abonisa ububele komnye umntu.

**UMSEBENZI:** Bhala izivakalisi ezili-10 ezizakungena kula ncwadi**: Amabali obubele**

**UBUGCISA BOKUYILA:**

*(Chaza apho lenzeka khona ibali nabalinganiswa)*

**Ngenye imini**……….. (*Cacisa ingxaki*)

**Kwaze**………………… *(Cacisa ukuba isonjululwa njani ingxaki)*

**Ekugqibeleni**……… *(Sixelele ngendlela abonakalise ngayo ububele)*


**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala iplani le ubuyenze ngoMvulo ebhodini.

### YENZA UMFUZISELO UBONISA UKUDRAFTA (NDIYENZA)

1 Khumbuza abafundi ngeplani oyenze ngoMvulo.
2 Funda iplani yakho njengoko ibhaliwe ebhodini.
3 Funda isakhelo sokubhala.
4 Babonise indlela yokugcwalisa ifreyimu yokubhala usebenzisa iplani yakho njengalapha: UPeter uhlala ePitoli nosapho lwakho. Wayenomninawa wakhe onguMichael. UPeter wayethanda ulonwabo enobubele. UMichael yena wayenentloni. **Ngenye imini** uPeter noMichael babedlala eyadini kwaze kwafika abahlobo bakaPeter. Bacela uPeter ayekudlala epakini nabo. UMichael wacela ukuhamba nabo, bavele bahleka abahlobo bakhe. UPeter wahamba nabahlobo bakhe eshiya umninawa wakhe.
**Waza**, wajika uPeter wabona umnakwabo ekhathazekile. Wamkhwaza ukuba makeze. UMichael wabobotheka luncumo. UPeter waxelela abahlobo bakhe ukuba ufuna ukubandakanya umninawa wakhe. **Ekugqibeleni** wonke umntu wonwaba. UPeter yamonwabisa into yokubona umninawa wakhe onwabile.

### ABAFUNDI BAGQIBEZELA UKWENZA IDRAFTI (UYENZA)

1 Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
2 Yalela abafundi babhale umhla nesihloko: **Ibali lobubele: iDrafti**
3 Abafundi mabaye kwisicwangciso sangoMvulo bacinge ngezimvo zabo.
4 Abafundi mabazalise ifreyimu yokubhala besebenzisa esa sicwangciso sabo.
5 Abafundi bangazongeza izivakalisi okanye izimvo zabo ukuba banexesha.
6 Khumbuza abafundi ngezixhobo abanokuzisebenzisa ukubanceda xa bebhala.
7 Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana** nabo batsala nzima.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30



**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 1.**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo:

Imizuzu 15

### Ukutshintsha Isandi

**NDIYENZA......**

1 Baxelele ukuba namhlanje siza kufunda ukujonga umahluko kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngababfundi abangcono.
2 Bhala la magama mabini ebhodini: **ixhwele, ixhwili**
3 Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha : **ixhwele, ixhwili**
4 Cacisa umahluko ku: **/ele/** no **/ili/** ezi zandi zibizwa ngokwahlukeneyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

**SIYENZA...**

**ISIQENDU SOKU-1**

1 Bhala la magama mabini ebhodini: **ingqayi, ingqina**
2 Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3 Biza umfundi eze ngaphambili, aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama: **ingqayi, ingqina**
4 Baxelele umahluko kumagama.

**ISIQENDU SESI-2**

1 Bhala eli gama ebhodini: **ingqina**
2 Buza abafundi: **Sesiphi isandi onokusitshintsha nesinye sandi ukwakha igama elitsha?**
3 Bhala iimpendulo zabafundi usenza uluhlu ebhodini: **qina, tywina**

**UYENZA ...**

1 Bhala eli gama ebhodini: **ingqiniba**
2 Yalela abafundi benze amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela egameni
3 Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4 Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
**nxiba, tsiba**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ________________________________

Amagama: ________________________________

________________________________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Isifundo Sesibini


**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYAKWAZI UKUDIBANISA IMEKO**

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UKhumo unomhlobo omtsha**<br><br>UKhumo wayesenza yonke into kunye noBonga. Babehlala phantsi komthi othile yonke imihla xa besitya isidlo sabo sasemini. Babesoloko bekhaba ibhola kunye kwindawo enye ebaleni. | |
| Ngenye imini ukukhala kwentsimbi ngexesha lekhefu, uMnumzana Ngoma wabiza uKhumo ukuba ashiyeke. uKhumo wajonga kuBonga noBantu. Bajonga kuye nabo. 'Ndiza kudibana nani phandle,' watsho uKhumo. | Jonga uKhumo! Ukhangeleka ekhathazekile. Ndiyakwazi ukudibanisa imeko! Ngamanye amaxesha, xa inqununu indibizele kwintlanganiso, ndiziva ndinexhala ngathi kukho into engalunganaga endiyenzileyo! |
| Khumo, ndikubizele ukuba ndithethe nawe malunga nomnye wabafundi abalapha eklasini,' watsho uMnumzana Ngoma. 'Ndiye ndaqaphela ukuba uThomas ungumntwana oneentloni. Ndiyambona ukuba usoloko ehleli yedwa ngexesha lekhefu. Bendinqwenela ukuba umenze inxalenye yabahlobo bakho.'<br><br>UKhumo akazanga ayazi into amakayithethe. Wayefuna ukuxelela uMnumzana Ngoma ukuba uThomas wayethule kwaye enesimo esingaqhelekanga, kwaye abahlobo bakhe babengafuni ukudlala noThomas. Kodwa uKhumo wathula akathetha. | UKhumo ufanele ukuba uziva engaqinisekanga ngento amakayenze. Ufanele ukuba unexhala lento enokwenzeka xa enokuthi hayi kutitshala wakhe. Kodwa ukwanalo nexhala lokuba baya kuthini abahlobo bakhe ngokwenza uThomas abe yinxalenye yabo. Ndingadibanisa imeko! Umhlobo wam kunye nodade wethu bobabini bandimemela esidlweni sasemva kwemini ngoMgqibelo. Ndandingazi ukuba mandithi hayi kwesiphi isimemo, kuba ndandingafuni kubaphoxa bobabini! |
| Akufika phandle uKhumo, uBonga noBantu babesebehleli kwindawo yabo yesiqhelo. 'Usengxakini?' wabuza uBantu.<br><br>'Hayi – uMnumzana Ngoma uchole ipensile yam phantsi,' waphosisa watsho uKhumo. Wayengafuni ukubaxelela into eyayithethwe nguMnumzana Ngoma. Wayefuna ukuqala ayicingisise phambi kokuba ayithethe. | |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ngobo busuku uKhumo wakhalaza kumama wakhe. 'Yhoo! UMnumzana Ngoma undicele ukuba ndibe ngumhlobo wala nkwenkwe inesimo esingaqhelekanga inguThomas,' wambombozela watsho uKhumo. 'Akanabahlobo kwaye akathethi namntu. Andazi ukuba kutheni esithi mandidlale naye.'<br><br>Umama kaKhumo wamjonga ngendlela ecingisisayo. 'Uyabona ke, awunyanzelekanga ukwenza oko. UMnumzana Ngoma ebekucela nje. Ayikho into anokuyenza uMnumzana Ngoma ukuba awufuni, 'watsho umama wakhe ngendlela ezimiseleyo enzulu.<br><br>Oko kwamenza uKhumo waziva ngcono. 'Andinyanzelekanga ukuba ndidlale nala mntwana unesimo esingaqhelekanga,' wacinga njalo. | |
| Kodwa wathi akungqengqa ngobo busuku, wacinga ngexesha awayeqala ukuya esikolweni, phambi kokuba azane noBonga noBantu. Wacinga ngezo veki zokuqala, xa wayehlal' elilolo ngexesha lekhefu, enethemba lokuba kukho umntu oya kuza ahlale ecaleni kwakhe. 'Mhlawumbi andinyanzelekanga,' wacinga njalo uKhumo, 'kodwa ndiyafuna.' | UKhumo ukhumbula indlela awayeziva elilolo ngayo xa wayengenabahlobo bahlala naye ngexesha lekhefu. Udibanisa nemeko kaThomas. Uyaqonda ukuba uThomas ufanele ukuba uziva elilolo, njengendlela awayeziva ngayo naye. Uyayazi indlela akhathazeke ngayo yile meko. Ndicinga ukuba kungeso sizathu ethatha isigqibo sokudlala noThomas. |
| Ngosuku olulandelayo, uKhumo wahlala noBantu kunye noBonga. Waqwalasela uThomas ehleli yedwa. 'Ndicinga ukuba masiye kukhangela ukuba uThomas akafuni na ukuhlala nathi,' watsho uKhumo.<br><br>'Uyaziva, uThomas? Kutheni ufuna ukumfaka kuthi?' wabuza uBantu.<br><br>'Ewe, akabonakali njengomntu onika umdla nowonwabisayo!' watsho uBonga.<br><br>'Ndicinga ukuba ulungile, watsho uKhumo. 'Kwaye ndiyamsizela. Akukho nomnye apha kuthi onqwenela ukuhlala yedwa ngexesha lekhefu. Kwaye, ukuba sinomhlobo wesine, singadlala amaqela.'<br><br>' Kulungile,' uBantu noBonga bavumelana naye. | Ndicinga ukuba uKhumo uziva onwabile xa ebona uThomas encuma. |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| UKhumo waya kuThomas. 'Mfondini! Awufuni kuza kuhlala nathi?'<br>UThomas wabhekabheka. 'Mna?' wabuza.<br>'Ewe, wena. Uyafuna ukuza kuhlala nathi?'<br>Bazala luncumo ubuso bukaThomas. 'Kulungile,' watsho. | UKhumo ufanele ukuba uyaziqhayisa ngokuba enze ubulungisa, waza wenza omnye umntu wonwaba! Ndiyakwazi ukudibanisa imeko! Ngenye imini ndanikezela ngesitulo sam ebhasini kumama omdala kunam owayemi ngeenyawo. Ndandisifuna ngokwenene eso situlo, kodwa ndisazi ukuba yena wayesidinga ngakumbi. Wakhangeleka onwabe kakhulu xa ndimnika loo ndawo yam. Ndaziva ndiziqhayisa ngokukhetha ukulunga ndenze omnye umntu azive onwabile! |
| Akugqiba ukutya la makhwenkwe abeka amatye amakhulu ukwenza iipali zokufaka amanqaku. Adlala isibini kwisibini. 'Lo ibe ngowona mdlalo mnandi sakha sawudlala.!'watsho uBantu. 'Uze udlale nathi kwakhona ngomso!' uBonga watsho kuThomas. | |
| 'Ndiyaziqhayisa ngawe, Khumo,' watsho uMnumzana Ngoma, ekupheleni kwemini. Njengoko uKhumo wayephuma, waziva enokuziqhayisa naye. | UKhumo ufanele ukuba uziva ekhululekile kuba wenze abantu abaninzi bonwaba. |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Kwamthatha ixesha elingakanani uKhumo ukuthatha isigqibo sokuba enze uThomas inxalenye yabo? | Kwamthatha ubusuku obunye. |
| Waziva njani uThomas akucelwa okokuqala ukuba adlale? | Wothuka/ wayonwabile |
| Ekuqaleni, uKhumo akafunanga ukwenza uThomas inxalenye yabo. Ungayidibanisa le meko? Wakhe wafuna ukungazidibanisi nomntu othile? | Impendulo eyeyomfundi. |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze uKhumo athathe isigqibo sokwenza uThomas inxalenye yabo? | • Kuba wacinga indlela ekuyiyo ukuhlala wedwa ngexesha lekhefu.<br>• Kuba waqonda ukuba ngokuya wayehlala yedwa, wayenqwenela ukuba kubekho umntu ofuna ukuhlala naye.<br>• Kuba waqonda ukuba eso yayisisenzo sobulungisa nenkathalo awayenokusenza. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 1.**
2 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- Ukuba nombulelo
- kufanelekile
- impatho

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wakumbon'ekhedamile | *Khomba emehlweni uze ubeke isandla esidleleni ukekelise intloko* |
| Sondela kuye – ncuma usiza | *Yiba ngathi uya phambili uncume* |
| Mamela ingxaki- bonis'uvelwano | *Bamba indlebe ubonise ukuphulaphula* |
| Dlala naye – azive onwabile | *Lingisa unge uyaxhuma shukumisa amagxa ukhombe komnye* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala ifreyimu yengxoxo ebhodini
Eli bali lingo ….
UKhumo unobubele ngoba……
Eli bali liyadibana nomxholo 'Ububele' ngoba…….

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwifreyimu yengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

**4** Abafundi baza kunikana amathuba kumaqela bephendula imibuzo kwifreyimu yengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.

**7** Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.

**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Ukufumana Amagama

Bhala itheyibhuli yakho ebhodini enezandi esezifundiwe kwakunye namagama nezandi ebezifundwe kwisifundo sangoLwesiBini noLwesiThathu.

| **ngq** | **xhw** | **i** |
|---|---|---|
| **l** | **a** | **n** |
| **e** | **y** | **o** |
| **m** | **d** | **b** |
| **u** | **s** | **h** |

#### YENZA UMFUZISELO

1 Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: **/ ngq /** no **/ xhw /**
2 Hlaziya zonke izandi namagama akhiwe ngokuhlanganiswa ebhodini.
3 Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4 Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso seveki ngolu hlobo: **/i/-/xhw/-/e/-/l/-/e/ = ixhwele**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise: **/ ngq / okanye / xhw /**
6 Bonisa abafundi ukwenza amanye amagama njengo: **/i/-/l/-/a/-/l/-/i/ = ilali**

#### ABAFUNDI BAYENZA

1 Xelela abafundi bavule iincwadi zabo babhale isihloko: **ngq, xhw**
2 Yalela abafundi babhale amagama, banike imizuzu emithathu ukwakha amagama.
3 Banike abafundi imizuzu emi 3 ukufuna ze bakhe amagama kangangoko banako.
4 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo. Bonisa abafundi iindlela zokwakha la amagama:
**ngqo, ingqayi, ingqina, ingqiniba, ingqambu, ingqondo, ixhwili, ixhwane, ixhwele, yona, dela, isela, bhala, shiya**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________


## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA**

**ISISHWANKATHELO SEBALI ESIBHALIWEYO**

1 Abafundi baza kucinga *ngeyona ndawo ibalulekieyo ebalini*.
2 Abafundi baza **kucinga ngemeko yabo ebadibanisa** nebali.
3 Ibali ngalinye liza kuwongwa ngamaqaku ama-Ukuba ibali lakho silililithandile uza kuwafumana onke la manqaku, ukanti ukuba asilithandanga siza kunika i-0.
4 Bhala isishwankathelo sebali ebhodini.
5 Abafundi mabasebenzise le freyimu ukuphendula imibuzo:
**Eli bali ingo**… (izivakalisi ezi 2-3)
**Ndiyakwazi ukudibanisa imeko kweli bali ngoba……..**
**Eli bali lisibonisa ububele ngoba……….**
**Kumanqaku ama-5, eli bali ndilinika ii…ngoba…**
6 Cacisa ukuba abafundi abazukwazi ukubhala/ ukubalisa ngakho konke okwenzeka ebalini –kwawufuneka bekhethe iindawo ezibalulekileyo.
Yenza umfuziselo ubonisa abafundi bakho ngolu hlobo**: Eli bali** lingoKhumo ebonisa ububele kuThomas. **Ndiyakwazi ukudibanisa imeko kweli bali ngoba** uKhumo ukwazile ukuzigqibela ngento elungileyo ekumele ayenze. Ngamanye amaxesha nam ndithatha ixesha elide ndicinga ngezigqibo ekumele ndizithathe. **Eli bali lisibonisa ububele ngoba** uKhumo ugqiba ekubeni aphathe uThomas ngendlela acinga ukuba naye angafuna ukuphathwa ngayo. Ngobubele! **Kumanqaku ama-5, eli bali ndilinika iinkwenkwezi ezintathu ngoba** ndilithande kuwo wonke amabali endiwafundileyo.
7 Nika abafundi ixesha lokucinga *ngeyona ndawo ibalulekileyo ebalini*.
8 Xelela abafundi ukuba **mabaguquke bathethe** besabelana ngeembono zabo.
9 Abafundi mababhale isishwankathelo besebenzisa ifreyimu yokubhala.
10 Abafundi mabakunike inzolo.
11 Biza umfundi om-1 ukuya kwaba-2 babelane neklasi ngeengcinga zabo.
Shwankathela ibali ngolu hlobo: ***Eli bali lingo****Khumo. Kufuneka egqibile ukuba uya kumbandakanya okanye angambandakanyi na uThomas. Sisigqibo esinzima kuba abahlobo bakhe abafuni kumbandakanya uThomas, kodwa uTitshala wakhe ucela uKhumo ukuba ambandakanye uThomas.* **Siyakwazi ukudibanisa imeko kweli bali ngoba** *abanye bethu esikolweni bakhe bazive behlelelekile njengoThomas.* **Eli bali lisibonisa ububele ngoba** uKhumo wenzela uThomas ububele. Uyamthethelela umnakwabo amele isigqibo sakhe nangona abahlobo bakhe bemgxeka. **Kumanqaku ama-5, eli bali ndilinika iinkwenkwezi ezi- 4,** ngoba silithandile kodwa ibingelona bali limnandi kula besikhe sawafunda.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 1.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.



## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki imizuzu 15

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: amakhadi ovelwano,ombulelo,ezimemo asevenkileni njl njl)
5. Yenza uphando nakwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: fumana umsebenzi obafundisa ukumamela, enye yendlela zokubonisa ububele kukumamela. Nceda abafundi bafunde esi sakhono.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lesi 8 Masifunde & nele 9 Masenzeni

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha le 10 Masifunde

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha le 11, 12 & 13 Masibhale

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso:** womntu okubonisa ububele.

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

IVEKI 2

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI ABANALO

1 Bonisa abafundi umfanekiso kaMatuma enika uNtsako isonka, kwiNcwadi eNkulu yebali: **Isidlo sasemini esithe chatha**
2 Xelela abafundi ukuba siyaqhubeka nomxholo: **Ububele**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Singabubonisa njani ububele kwabanye?
   b Kutheni kubalulekile ukubonisa ububele?
   c Siziva njani xa abanye bebonisa ububele kuthi?
   d Xa ungena bubele kuthwa u……?

### AMAGAMA ASEKWELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha :
   Point- Khomba igama
   Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
   - imfihlo
   - isithembiso
   - ukuthembeka

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wakumbon'ekhedamile | *Khomba emehlweni uze ubeke isandla esidleleni ukekelise intloko* |
| Sondela kuye – ncuma usiza | *Yiba ngathi uya phambili uncume* |
| Mamela ingxaki- bonis'uvelwano | *Bamba indlebe ubonise ukuphulaphula* |
| Dlala naye – azive onwabile | *Lingisa unge uyaxhuma shukumisa amagxa ukhombe komnye* |

## Ukubhala Ngesandla

Imizuzu 15

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla nesihloko : **Amagama isinye ukuya kwisininzi**
2 Okulandelayo abafundi mababhale amanani u 1-5 ecaleni komgca, betsiba imigca phakathi kwamanani.
3 Biza la magama alandelayo kwisinye. Abafundi mababhale igama ecaleni kwenani elichanelekileyo

   **Amagama isinye ukuya kwisininzi**

   1 unyawo
   2 izinyo
   3 igusi
   4 imela
   5 igqabi

4 Okulandelayo, yalela abafundi babhale amagama kwakhona kwisininzi.
5 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo, ubiza izandi ze ucacise indlela yokubhala ngokudibanisa.
6 Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo.
7 Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo :

   **Amagama isinye kuya kwisininzi**

   1 unyawo
   unyawo
   2 izinyo
   amazinyo
   3 igusi
   iigusi
   4 imela
   Iimela
   5 igqabi
   amagqabi

8 Yalela abafundi bacinge ngezipateni xa befunda okanye bebhala.
9 Yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1. Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2. Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **Isidlo sasemini esithe chatha.**
3. Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4. Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5. Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6. Funda ibali kube kanye, ungemi.

## Ukubhala: Imizuzu 30

### Ukuhlela

**ISIHLOKO:** Bhala ibali apho umlinganiswa abonisa ububele komnye umntu.


**UMSEBENZI:** Bhala izivakalisi ezili-10 eziza kungena kula ncwadi: Amabali obubele

**UBUGCISA BOKUYILA:**
- Bhala uluhlu lokulungisa ebhodini. Phambi kokuba siqale isifundo sokubhala.
- Bhala idrafti yakho ebhodini phambi kokuba siqale isifundo faka impazamo ibenye okanye zibe mbini.

**ULUHLU LOKUYILA:**
1. Ingaba ndisebenzise ixesha elidlulileyo?
2. Ingaba ukhona umlinganiswa obonisa ububele?
3. Ingaba ikhona ingxaki kwibali lam?
4. Ingaba le ngxaki iyasonjululwa?
5. Ingaba ndiwapele ngokuchanekileyo amagama?
6. Ingaba zonke izivakalisi zam ziqala ngonobumba omkhulu?
7. Ingaba zonke izivakalisi zam ziphela ngesingxi okanye uphawu lokukhuza?

**UMFUZISELO WOKUPHENDULA (NDIYENZA)**

1. Fundela abafundi itshekhlisti yokuhlela ukhwaze.
2. Fundela abafundi idrafti yakho ukhwaze.
3. Jonga itshekhlisti yakho, ujonge nedfrafti yakho ukuba ichanekile okanye kufuneka wenze izilungiso okanye uphucule ukubhala.
4. Yenza umfuziselo ubonisa le nkqubo kubafundi.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ______________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 2**.
2. Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo woku1**.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2**.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 2

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: ngx**
2 Biza igama: **ngxe**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/ngx/-/e/**
4 Biza isandi sokuqala: **/ngx/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/e/**
6 Bhala igama elipheleleyo: **ngxe**
7 Yenza umfuziselo ukhombe xa uhlanganisa izandi usakha eli gama **/ngx/-/e/= ngxe**
8 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/ngx/**
9 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/e/**
10 Yenza umfuziselo ukukhombe xa ukuhlanganisa amalungu egama usakha igama: **/ ngxe/** = **ngxe**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **ingxaki**
2 Biza igama: **ingxaki**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/ngx/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine ? **/k/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela? **/i/**
8 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/ngx/-/a/-/k/-/i/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ingxaki**
10 Yenza umfuziselo wokukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eli gama **/i/-/ngx/-/a/-/k/- /i/** = **ingxaki**
11 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? : **/i/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/ngxa/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama?: **/ki/**
14 Baxelele abafundi bahlanganise amalungu bakhe igama: **/i/-/ngxa/-/ki/** = **ingxaki**

**UYENZA**

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u-sh**
2 Abafundi mababhale amanani 1 -4.

3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **ngxe**
   2 **ingxaki**
   3 **ingxelo**
   4 **ingxam**
   5 **ingxokolo**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ngasinye ekujoliswe kuso.
5 Kwimizuzu emibini yokugqibela yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama ebhodini uze ukrwele umgca ngaphantsi kwesandi ekujoliswe kuso.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la amagama ngokubhala ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________


Amagama: ____________________

____________________

## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **ngx**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca phantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.



# Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

## Ufundo Lokuqala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYAKWAZI UKUHLOLA IMEKO**




| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>Isidlo sasemini esithe chatha</u>**<br><br>Ngomnye uMvulo, uMatuma wakhupha isonka sakhe esiqatyiweyo kwibhegi yakhe. Sasifakwe inyama yenkukhu nemayoneyizi – ezona wayezithanda. Waluma phambi kokuqaphela ukuba uNtsako wayengatyi.<br><br>‘Siphi esakho isidlo sasemini?’ uMatuma wabuza kuNtsako.<br><br>‘Andinakutya namhlanje,’ watsho uNtsako. ‘Umama wam ufumene ingozi ngoku usesibhedlele. Akukho sonka ekhaya. Kodwa uze ungaxeleli mntu.’<br><br>UMatuma wasiqhekeza phakathi isonka sakhe waza wanika uNtsako elinye icala. ‘Soze ndixelele mntu – ndiyathembisa,’ watsho. | |
| Kusasa ngoLwesiBini, uMatuma wangena ekhitshini kowabo.<br><br>‘Mama ndiyacela, ungandenzela izonka eziqatyiweyi zibe zibini zesidlo sasemini namhlanje?’watsho ngelizwi elimnandi.<br><br>‘Ezibini? Ngokuba kutheni?’ wabuza umama wakhe.<br><br>‘Ndi... ndilambe kakhulu namhlanje!’ watsho evakala enyanisekile.<br><br>‘Mhlawumbi uyakhula?’ wacinga njalo umama kaMatuma, njengoko wayefaka isonka esiqatyiweyo sesibini kwibhegi yakhe yesidlo sasemini. | UMatuma akanyanisekanga kumama wakhe. Andikwazi kuthatha isigqibo ndithi kulungile ukuphosisela umama wakhe ukanye akulunganga. |
| Ngexesha lekhefu, uMatuma wakhupha izonka eziqatyiweyo ezibini ebhegini yakhe waza wanika uNtsako esinye.<br><br>‘Sesam?’ wabuza uNtsako ebonakala othukile, | Ndiyabona ukuba uMatuma ujije inyaniso kancinci ezama ukunceda umhlobo. **Ngokweembono zam,** ukuphosisa kwakhe kulungile kuba kuyanceda akulimazi. |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| NgoLwesiThathu phambi kokuya esikolweni, uMatuma wanyubeleza wangena ekhitshini kuselithuba wenzela uNtsako isonka esiqatyiweyo. Wayengafuni ukuba umama wakhe ambuze kwakhona ngesonka esiqatyiweyo asongezayo. Ngelishwa umama wakhe wangena kanye xa aqaba ibhotolo yamandongomane esonkeni.<br><br>'Esinye isonka kwakhona?' wabuza umama wakhe efuna ukuqonda.<br><br>'E..e..kukho ezemidlalo namhlanje ngoko ke ndidinga ukutya okuthe chatha,' waphosisa watsho. | Kwakhona, uMatuma wajija inyaniso kancinci ukugcina isithembiso asenze kumhlobo wakhe. **Ndihlola imeko** ndithi wenza into efanelekileyo, kuba uzama ukuba ngumhlobo wenene. |
| Ngexesha lekhefu, uMatuma wakhupha izonka ezibini ebhegini yakhe – esinemicwe yenyama yehagu nesonka samasi esenziwe ngumama wakhe kunye nesiqatywe ibhotolo yamandongomane esenziwe nguye.<br><br>'Ufuna esiphi?' wabuza kumhlobo wakhe.<br><br>'Ndingasithatha esi sinemicwe yenyama yehagu nesonka samasi? Wabuza uNtsako.<br><br>'Ngokuqinisekileyo!' waphendula ngobubele uMatuma, noxa wayesifunela yena eso sonka sinemicwe yenyama yehagu nesonka samasi. | |
| Kusasa ngoLwesiNe, uMatuma wathatha ixesha elide ngabom ukuhlamba anxibe ukuze angabi naxesha lokutya isidlo sakusasa.<br><br>'Matuma! Ushiyiwe lixesha!' wakhwaza watsho umama wakhe.<br><br>'Ndiyaxolisa mama,' waphendula njalo. 'Ndincede undiqabele isonka njengesidlo sakusasa!'<br><br>Endleleni eya esikolweni, wasifaka isonka sakhe sesibini ebhegini yokutya. Wacinga ukuba anganakho ukuchitha usuku engakhange asifumane isidlo sakusasa. | **Ndihlola imeko** ndithi bekunzima kuMatuma ukuphosisela umama wakhe. Ude akasitya isidlo sakhe sakusasa ukuze angaphosiseli umama wakhe aze ancede nomhlobo wakhe kwakhona. |
| Ngexesha lesidlo sasemini, isisu sikaMatuma sasixuxuzela, kodwa wasidlulisa ngovuyo isonka sesibini kumhlobo wakhe. | **Ndihlola imeko** ndithi uMatuma umilise ingqondo yakhe ekuncedeni umhlobo wakhe – uzimisele ukulamba intsasa yonke ukuba uNtsako uza kuba nesidlo sasemini. |
| Ngokuhlwa ngalo mini, njengoko uMatuma wayedlala phandle phambi kwesidlo sangokuhlwa, umama wakhe wafumana umnxeba.<br><br>'Ndingumama kaNtsako,' latsho ilizwi efowunini. | |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'UNtsako undixelele ukuba umthumelele isidlo sasemini le veki yonke bendilele esibhedlele. Ndiyabulela kakhulu ngokumnakekela,' watsho.<br><br>Umama kaMatuma wancumela ecaleni. Ekugqibeleni wawuqonda umcimbi wesonka esongezwayo. | |
| Umama kaMatuma wamkhwaza. 'Matuma, ndifuna ukuthetha nawe, yiza hlala phantsi,' watsho umama wakhe.<br><br>'Yhoo, uza kundingxolisela ukutya kakhulu!' wacinga njalo.<br><br>'Ndiyazi ukuba kutheni ubucela ukongezelwa isidlo sakho sasemini,' wancuma umama wakhe, 'kodwa kutheni ungakhange uvele undichazele?'<br><br>'Inje le nto mama, ndimthembisile uNtsako ukuba andisoze ndixelele mntu ukuba akukho kutya kowabo,' watsho uMatuma. | **Ndicinga** ukuba umama kaMatuma uyayiqonda into ebangele ukuba anganyaniseki, xa ecacisa uthi ebebonisa inkathalo kumhlobo wakhe. **Ndihlola imeko** ndithi umama kaMatuma ucinge ukuba wenze into efanelekileyo. |
| Ngosuku olulandelayo ngexesha lesidlo sasemini, uNtsako wakhupha ilollipop ebhegini yakhe yokutya.<br><br>'Le yeyakho, ivela kum nomama wam.' Watsho uNtsako. | |
| Njengoko uMatuma wayemunca ilollipop yakhe, wacinga ngendlela ekumnandi ngayo ukunceda umhlobo. | Izenzo zikaMatuma ibizezokunceda umhlobo wakhe. Ndiyavuya kuba uziva onwabile ngezenzo zakhe. |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Sisonka esiqatywe ntoni esona sithandwa nguMatuma? | UMatuma uthanda isonka esinenyama yenkukhu nemayoneyizi. |
| Waphathela bani esinye isonka esiqatyiweyo uMatuma? | Weza nesonka asongezele umhlobo wakhe uNtsako. |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze uMatuma angamxeleli umama wakhe ukuba isonka asongezileyo sesikaNtsako? | • Kuba wathembisa umhlobo wakhe ukuba akayi kuxelela mntu.<br>• Kuba wayengafuni ukophula isithembiso sakhe kuNtsako.<br>• Kuba wayefuna ukuba ngumhlobo olungileyo.<br>• Kuba ungumhlobo onovelwano/ onobuntu/ ocingela omnye. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 2.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6 Cacisa uMsebenzi **wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye imisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

Imizuzu 15



### ISIGAMA SOMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha :
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- ukukhohlisa
- ukuzinikezela
- ukugragrama
- ukukroba

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wakumbon'ekhedamile | *Khomba emehlweni uze ubeke isandla esidleleni ukekelise intloko* |
| Sondela kuye – ncuma usiza | *Yiba ngathi uya phambili uncume* |
| Mamela ingxaki- bonis'uvelwano | *Bamba indlebe ubonise ukuphulaphula* |
| Dlala naye – azive onwabile | *Lingisa unge uyaxhuma shukumisa amagxa ukhombe komnye* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI



**1** Yohlula abafundi babe ngamaqela amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
**3** Xelela abafundi bacinge ngebali eliza kungena kwimifanekiso.
**4** Nika abafundi umzuzu ube mnye okanye ibe mibini becinga ngokwakha ibali .
**5** Okulandelayo umfundi ngamnye kwiqela makabelane ngebali lakhe alakhileyo.
**6** Khumbuza abafundi ukuba ibali ngalinye kumele linike umdla kwaye lihambelane nemifanekiso!
**7** Cela abafundi babelane kwaye bamamelame amabali abo.
**8** Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

## Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

### NDIYENZA

1 Biza isandi**: ntw**
2 Biza igama: **intwaso**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/**-/**ntw/**-/**a/**-/**s/**-/**o/**
4 Biza isandi sokuqala: **/i/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/ntw/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/a/**
7 Biza isandi sesine: **/s/**
8 Biza isandi sokugqibela: **/o/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **intwaso**
10 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama **/i/**-/**ntwa/**-/**so/** = **intwaso**
11 Okulandelayo, biza ilungu lokuqala legama: **/i/**
12 Biza ilungu lesibini legama: **/ntwa/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/so/**
14 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa amalungu usakha igama: **/i/**-/**ntwa/**-/**so/** = **intwaso**

### SIYENZA

1 Biza isandi: **ntw**
2 Biza igama: **intwala**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/ntw/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine : **/l/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela: **/a/**
8 Bhala igama elipheleleyo: **intwala**
9 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama **/i/**-/**ntw/**-/**a/**-**l/**-/**a/** = **intwala**
10 Buza abafundi: Ngubanii ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
11 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/ntwa/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama?: **/la/**
13 Xelela abafundi bahlanganise amalungu egama bakhe igama elipheleleyo: **/i/**-/**ntwa/**-/**la/** = **intwala**

**UYENZA**

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi** u- **ntw**
2 Abafundi mababhale amanani 1 -5
3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **intwaso**
   2 **intwala**
   3 **umntwana**
   4 **intwazana**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwelele umgca isandi eso kufundwa ngaso.
5 Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo bhala amagama ebhodini ukrwelele isandi umgca ngaphantsi.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepenisile enombala.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________

Amagama: ______________________

______________________

## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **ntw**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## Ukubhala:

30 imizuzu

### Ushicilelo Nokwabelana

**ISIHLOKO:** Bhala ibali apho umlinganiswa abonisa ububele komnye umntu.

**UMSEBENZI:** Bhala izivakalisi ezili-10 ezizakungena kula ncwadi: Amabali obubele

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

**Ngenye imini**……….. (*Cacisa ingxaki*)

**Kwaze**………………… *(Cacisa ukuba isonjululwa njani ingxaki)*

**Ekugqibeleni**……… *(Sixelele ngendlela abonakalise ngayo ububele)*

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala iplani le ubuyenze ngoMvulo ebhodini.

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA UKUDRAFTA (NDIYENZA)


1. Khumbuza abafundi ngeplani oyenze ngoMvulo.
2. Funda iplani yakho njengoko ibhaliwe ebhodini.
3. Funda isakhelo sokubhala.
4. Babonise indlela yokugcwalisa isakhelo sokubhala / ifreyimu yokubhala ubhale isihloko nomhla.

#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA UKWENZA IDRAFTI (UYENZA)

1. Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
2. Yalela abafundi babhale umhla nesihloko: **Ukubonisa ububele**
3. Abafundi mababhale ibali kwakhona ngaphandle kokwenza iimpazamo.
4. Ukuba abafundi banethuba bangenza umzobo ohamba ebali.
5. Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana** nabo batsala nzima.

#### ABAFUNDI BABELANA NGEMIBHALO

1. Kwimizuzu emihlanu yokugqibela abafundi mababeke phantsi iipenisile neepeni.
2. Abafundi mabaguquke bathethe nomlingani.
3. Biza umfundi omnye ukuya kwaba-2 babelane ngombhalo wabo neklasi.
4. Xhoma umsebenzi wabafundi apho afikelela khona amehlo abo ukuze bakwazi ukufunda imisebenzi yabanye



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30



**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 2.**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukutshintsha Isandi

Imizuzu 15

**NDIYENZA......**

1. Baxelele ukuba namhlanje siza kufunda ukujonga umahluko kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngabafundi abangcono.
2. Bhala la magama mabini ebhodini: **intwala, intwaso**
3. Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha : **intwala, intwaso**
4. Cacisa umahluko ku: **/la/** no **/so/** ezi zandi zibizwa ngokwahlukeneyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

**SIYENZA...**

**ISIQENDU SOKU-1**

1. Bhala la magama mabini ebhodini: **ingxelo, ingxaki**
2. Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3. Biza umfundi eze ngaphambili, aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama: **ingxelo, ingxaki**
4. Baxelele umahluko kumagama.

**ISIQENDU SESI-2**

1. Bhala eli gama ebhodini: **intwazana**
2. Buza abafundi: **Sesiphi isandi onokusitshintsha nesinye sandi ukwakha igama elitsha?**
3. Bhala iimpendulo zabafundi usenza uluhlu ebhodini: **Indlwana, isandlwana**

**UYENZA ...**

1. Bhala eli gama ebhodini: **intwala**
2. Yalela abafundi benze amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela egameni
3. Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4. Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
   **icala, ibala, sala, lala**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________



## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Isifundo Sesibini


**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYAKWAZI UKUHLOLA IMEKO**

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>Isidlo sasemini esithe chatha</u>**<br><br>Ngomnye uMvulo, uMatuma wakhupha isonka sakhe esiqatyiweyo kwibhegi yakhe. Sasifakwe inyama yenkukhu nemayoneyizi – ezona wayezithanda. Waluma phambi kokuqaphela ukuba uNtsako wayengatyi.<br><br>'Siphi esakho isidlo sasemini?' uMatuma wabuza kuNtsako.<br><br>'Andinakutya namhlanje,' watsho uNtsako. 'Umama wam ufumene ingozi ngoku usesibhedlele. Akukho sonka ekhaya. Kodwa uze ungaxeleli mntu.'<br><br>UMatuma wasiqhekeza phakathi isonka sakhe waza wanika uNtsako elinye icala. 'Soze ndixelele mntu – ndiyathembisa,' watsho. | Xa sibonisa uvelwano, sizibeka ezihlangwini zomntu esivelana naye. Simphatha ngendlela ebesinokunqwenela ukuphathwa ngayo. **Ndihlola imeko** ndithi uMatuma ngumntu onovelwano, kuba ukhawuleza abelane ngokutya kwakhe nomhlobo wakhe – akalindanga nokucelwa. |
| Kusasa ngoLwesiBini, uMatuma wangena ekhitshini kowabo.<br><br>'Mama ndiyacela, ungandenzela izonka eziqatyiweyi zibe zibini zesidlo sasemini namhlanje?'watsho ngelizwi elimnandi.<br><br>'Ezibini? Ngokuba kutheni?' wabuza umama wakhe.<br><br>'Ndi... ndilambe kakhulu namhlanje!' watsho evakala enyanisekile.<br><br>'Mhlawumbi uyakhula?' wacinga njalo umama kaMatuma, njengoko wayefaka isonka esiqatyiweyo sesibini kwibhegi yakhe yesidlo sasemini. | **Ndicinga** ukuba uMatuma ubonisa uvelwano ngokungabelani ngehlebo likaNtsako. Oku kundibonisa ukuba ngenene uyamcingela indlela aziva ngayo. |
| Ngexesha lekhefu, uMatuma wakhupha izonka eziqatyiweyo ezibini ebhegini yakhe waza wanika uNtsako esinye.<br><br>'Sesam?' wabuza uNtsako ebonakala othukile, | Kowu, ndinqwenela ukuba xa ndinokuphelelwa yinto etyiwayo, ndibe nomhlobo onovelwano nokhathala njengoMatuma. |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| NgoLwesiThathu phambi kokuya esikolweni, uMatuma wanyubeleza wangena ekhitshini kuselithuba wenzela uNtsako isonka esiqatyiweyo. Wayengafuni ukuba umama wakhe ambuze kwakhona ngesonka esiqatyiweyo asongezayo. Ngelishwa umama wakhe wangena kanye xa aqaba ibhotolo yamandongomane esonkeni.<br>'Esinye isonka kwakhona?' wabuza umama wakhe efuna ukuqonda.<br>'E..e..kukho ezemidlalo namhlanje ngoko ke ndidinga ukutya okuthe chatha,' waphosisa watsho. | Kukho **ubungqina** obuthe chatha bokuba uMatuma unovelwane – wenza iqhinga lokufumana esinye isonka ukuze angaphuli isithembiso sakhe kuNtsako. |
| Ngexesha lekhefu, uMatuma wakhupha izonka ezibini ebhegini yakhe – esinemicwe yenyama yehagu nesonka samasi esenziwe ngumama wakhe kunye nesiqatywe ibhotolo yamandongomane esenziwe nguye.<br>'Ufuna esiphi?' wabuza kumhlobo wakhe.<br>'Ndingasithatha esi sinemicwe yenyama yehagu nesonka samasi? Wabuza uNtsako.<br>'Ngokuqinisekileyo!' waphendula ngobubele uMatuma, noxa wayesifunela yena eso sonka sinemicwe yenyama yehagu nesonka samasi. | **Ndicinga ukuba** kukucingela omnye xa uMatuma enika umhlobo wakhe esi sonka ebesifuna siqu. Ngenene umbonisa ububele umhlobo wakhe. |
| Kusasa ngoLwesiNe, uMatuma wathatha ixesha elide ngabom ukuhlamba anxibe ukuze angabi naxesha lokutya isidlo sakusasa.<br>'Matuma! Ushiyiwe lixesha!' wakhwaza watsho umama wakhe.<br>'Ndiyaxolisa mama,' waphendula njalo. 'Ndincede undiqabele isonka njengesidlo sakusasa!'<br>Endleleni eya esikolweni, wasifaka isonka sakhe sesibini ebhegini yokutya. Wacinga ukuba anganakho ukuchitha usuku engakhange asifumane isidlo sakusasa. | Kowu, uMatuma unovelwane ude ancame isidlo sakhe sakusasa ukuze ancede umhlobo. |
| Ngexesha lesidlo sasemini, isisu sikaMatuma sasixuxuzela, kodwa wasidlulisa ngovuyo isonka sesibini kumhlobo wakhe. | |
| wayedlala phandle phambi kwesidlo sangokuhlwa, umama wakhe wafumana umnxeba.<br>'Ndingumama kaNtsako,' latsho ilizwi efowunini.<br>'UNtsako undixelele ukuba umthumelele isidlo sasemini le veki yonke bendilele esibhedlele. Ndiyabulela kakhulu ngokumnakekela,' watsho. | |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ngokuhlwa ngalo mini, njengoko uMatuma Umama kaMatuma wancumela ecaleni. Ekugqibeleni wawuqonda umcimbi wesonka esongezwayo. | |
| Umama kaMatuma wamkhwaza. 'Matuma, ndifuna ukuthetha nawe, yiza hlala phantsi,' watsho umama wakhe.<br>'Yhoo, uza kundingxolisela ukutya kakhulu!' wacinga njalo.<br>'Ndiyazi ukuba kutheni ubucela ukongezelwa isidlo sakho sasemini,' wancuma umama wakhe, 'kodwa kutheni ungakhange uvele undichazele?'<br>'Inje le nto mama, ndimthembisile uNtsako ukuba andisoze ndixelele mntu ukuba akukho kutya kowabo,' watsho uMatuma. | Umama kaMatuma uyaziqhayisa ngobuntu bentombi yakhe, kuba iphathele umhlobo wayo ukutya, yaza yagcina ihlebo lomhlobo wayo. |
| Ngosuku olulandelayo ngexesha lesidlo sasemini, uNtsako wakhupha ilollipop ebhegini yakhe yokutya.<br>'Le yeyakho, ivela kum nomama wam.' Watsho uNtsako. | **Ndihlola imeko** ndithi uNtsako nomama wakhe bafuna ukubonisa umbulelo kuMatuma ngobubele bakhe – ukuthenga ilollipop kufanele ukuba yindlela yokubonisa oko. |
| Njengoko uMatuma wayemunca ilollipop yakhe, wacinga ngendlela ekumnandi ngayo ukunceda umhlobo. | Kukho **ubungqina** obuninzi ebalini bokuba uMatuma ngumhlobo onovelwano. Ndicinga ukuba ufanele ukufumana isipho esisodwa! |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| Yintoni le kwakufuneka engayithethanga mntwini uMatuma? | Wayengafanelanga kuxelela mntu ukuba uNtsako akanakutya ekhaya. |
| Cacisa ixesha owakhe wabonisa uvelwano ngalo kumhlobo, njengoMatuma. | *Ndabonisa uvelwano kumhlobo xa* ......... |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Wabonisa uvelwano njani uMatuma kumhlobo wakhe? | • Wamphathela into etyiwayo yonke imihla ngelixa umama wakhe wayegula esesibhedlele.<br>• Wagcina ihlebo lomhlobo wakhe.<br>• Waphosisa efuna ukufumana ukutya okuthe chatha, kuba efuna ukugcina ihlebo lomhlobo wakhe.<br>• Wanika umhlobo wakhe isonka esiqatyiweyo esasifunwa nguye buqu.<br>• Wancama isidlo sakhe sakusasa ukuze umhlobo wakhe abe nento yokutya ngexesha lesidlo sasemini. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 2.**
2 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15



### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- ukuhlazeka
- ukugweba
- ingozi
- ngabom

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wakumbon'ekhedamile | *Khomba emehlweni uze ubeke isandla esidleleni ukekelise intloko* |
| Sondela kuye – ncuma usiza | *Yiba ngathi uya phambili uncume* |
| Mamela ingxaki- bonis'uvelwano | *Bamba indlebe ubonise ukuphulaphula* |
| Dlala naye – azive onwabile | *Lingisa unge uyaxhuma shukumisa amagxa ukhombe komnye* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala ifreyimu yengxoxo ebhodini
Kweli bali ….
Ndibona ubungqina bokuba uMatuma unobubele……….
Ndiyangqinelana /andingqinelani ngobuxoki buka Matuma ngokuba…..

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwifreyimu yengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

**4** Abafundi baza kunikana amathuba kumaqela bephendula imibuzo kwifreyimu yengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.

**7** Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.

**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Ukufumana Amagama

Bhala itheyibhuli yakho ebhodini enezandi esezifundiwe kwakunye namagama nezandi ebezifundwe kwisifundo sangoLwesiBini noLwesiThathu.

| | | |
|---|---|---|
| **ngx** | **ntw** | **a** |
| **l** | **s** | **o** |
| **k** | **i** | **z** |
| **u** | **m** | **n** |
| **e** | **h** | **b** |

#### YENZA UMFUZISELO

1. Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: **/ ngx /** no **/ ntw /**
2. Hlaziya zonke izandi namagama akhiwe ngokuhlanganiswa ebhodini.
3. Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4. Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso seveki ngolu hlobo: **/i/-/ngx/-/e/-/l/-/o/** = **ingxelo**
5. Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise: **/ ngx / okanye / ntw /**
6. Bonisa abafundi ukwenza amanye amagama njengo: **/k/-/a/-/m/-/a/** = **kama**

#### ABAFUNDI BAYENZA

1. Xelela abafundi bavule iincwadi zabo babhale isihloko: **ngx, ntw**
2. Yalela abafundi babhale amagama, banike imizuzu emithathu ukwakha amagama.
3. Banike abafundi imizuzu emi 3 ukufuna ze bakhe amagama kangangoko banako.
4. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo. Bonisa abafundi iindlela zokwakha la amagama:
   **ngxe, ingxaki, ingxelo, ingxam, ingxokolo, intwaso, intwala, umntwana, intwazana, kama, usula, bheka, hleba, ishumi**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA**

**BALISA IBALI**

1 **Isishwankathelo sebali esibhaliweyo**
2 Abafundi baza kucinga *ngeyona ndawo ibalulekieyo ebalini*.
3 Abafundi baza **kucinga ngemeko yabo ebadibanisa** nebali.
4 Ibali ngalinye liza kuwongwa ngamaqaku ama-Ukuba ibali lakho sililithandile uza kuwafumana onke la manqaku, ukanti ukuba asilithandanga siza kunika i-0.
5 Bhala isishwankathelo sebali ebhodini.
6 Abafundi mabasebenzise le freyimu ukuphendula imibuzo:
**Eli bali lingo**… (izivakalisi ezi 2-3)
**Ndicinga ukuba……..**
**Eli bali lisibonisa uvelwano ngoba……….**
**Kumanqaku ama-5, eli bali ndilinika ii…ngoba…**
7 Cacisa ukuba abafundi abazukwazi ukubhala/ ukubalisa ngakho konke okwenzeka ebalini –kwawufuneka bekhethe iindawo ezibalulekileyo.
Yenza umfuziselo ubonisa abafundi bakho ngolu hlobo: **Eli bali lingo** *Matuma enceda umhlobo wakhe. Ndicinga ukuba u* ***Matuma wenze into elungileyo kuba nomama wakhe wayezingca ngaye, ngesigqibo awasithathayo ukugcina imfihlo kaNtsako iyimfihlo. Eli bali lisibonisa uvelwano kuba u****Matuma wenzela uNtsako ububele. Kwinkwenkwezi eezi* **5, eli bali ndlinika isi 5 ngoba** ndicinga uMatuma ngoyena mntu onobubele endakhe ndafunda ngaye.
8 Nika abafundi ixesha lokucinga *ngeyona ndawo ibalulekileyo ebalini*.
9 Xelela abafundi ukuba **mabaguquke bathethe** besabelana ngeembono zabo.
10 Abafundi mababhale isishwankathelo besebenzisa ifreyimu yokubhala.
11 Abafundi mabakunike inzolo.
12 Biza umfundi om-1 ukuya kwaba-2 babelane neklasi ngeengcinga zabo. Shwankathela ibali ngolu hlobo: ***Eli bali lingo*** *Matuma enceda umhlobo wakhe ngokuqinisekisa ukuba akaxeleli kwamntu ngemfihlo yakhe,nangona oko kwakuthetha ukuba kumele angathethi nyani kumama wakhe.helping her friend. She keeps her friend's secret even though it means lying to her mother.* ***Sicinga ukuba uMatuma wenza into elungileyo ngoba*** *herubuxoki bakhe zange bulimaze mntu- babusenzelwa ukuze buncede umhlobo wakhe.* ***Eli bali lisifundisa uvelwano ngaobu****Matuma wenzela uNtsako ububele. Kwinkwenkwezi eezi* **5, eli bali ndlinika isi 3 ngoba** ndicinga ukuba abanye bethu balithandile ze abanye bacinga ukuba belilungile.

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ______________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 2.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki imizuzu 15

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: Lungiselela ukudlala umdlalo nabafundi. Abafundi mabanike iinkucukacha esingazaziyo ngabo ephepheni, ezinye mazibe yinyani ezinye mazingabi yonyani. Yiba namaphepha abhalwe 'inyani' amanye. abhalwe 'ubuxoki'. Yiza nejagi zibembini enye mayibhalwe 'inyani' enye ibhalwe 'ubuxoki'. Abafundi mabaqashele ukuba uthetha 'inyani'okanye uthetha 'ubuxoki'. Qokelela amaphepha akho ngokwempendulo ze ufake kwezijagi. Ekupheleni kwemini baxele ukuba zeziphi iinkcukacha ezinyinyani nezibubuxoki.
5. Yenza uphando nakwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: phanda ngomdlalo 'Two truths and a lie' ziphe ithuba udlale lo mdlalo umfutshane nabafundi bakho.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.
8. Hlenga hlengisa amaqela akho okufunda notitshala ukuba kunyanzelekile.
9. Hlela uhlolo lwakho olusesikweni nolungekho sesikweni lweveki.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 14 Masifunde

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 15 &16 Masibhale

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 17 Masibhale

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso:** wakho ubonise indlela oziva ngayo xa uthethe ubuxoki okanye unganyinisekanga.

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

IVEKI 3

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI ABANALO

1. Bonisa abafundi umfanekiso kaZandile efumana isacholo, kwiNcwadi eNkulu yebali: **Isacholo esiluhlaza.**
2. Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha: **Ukuthembeka**
3. Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4. Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5. Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6. Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
7. Kuthetha ukuthini ukuthembeka?
8. Kuthetha ukuthini ukungathembeki?
9. Kutheni kubalulekile ukuthembeka?

### AMAGAMA ASEKWELWE KUMXHOLO

1. Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha :
   Point- Khomba igama
   Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   Say – yitsho igama kwisivakalisi
2. Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
   - Ukuthembeka?
   - ukungathembeki
   - inyani
   - ubuxoki

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wakumbon'ekhedamile | *Khomba emehlweni uze ubeke isandla esidleleni ukekelise intloko* |
| Sondela kuye – ncuma usiza | *Yiba ngathi uya phambili uncume* |
| Mamela ingxaki- bonis'uvelwano | *Bamba indlebe ubonise ukuphulaphula* |
| Dlala naye – azive onwabile | *Lingisa unge uyaxhuma shukumisa amagxa ukhombe komnye* |

## Ukubhala Ngesandla

Imizuzu 15

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla nesihloko : **Izivakalisi isinye ukuya kwisininzi**
2 Okulandelayo abafundi mababhale amanani u 1-5 ecaleni komgca, betsiba imigca phakathi kwamanani.
3 Biza izivakalisi kwisinye ngolu hlobo lungezantsi. Abafundi mababhale iizivakalisi ecaleni kwenani elichanelekileyo
   **Izivakalisi Isinye ukuya kwisininzi**
   1 Ndiza kuxuka izinyo lam.
   2 Inyawo lam liyabanda.
   3 Igusi iyandileqa.
   4 Ndiza kusika ngemela.
   5 Igqabi liza kuwa emthini.
4 Okulandelayo, yalela abafundi babhale izivakalisi kwakhona kwisininzi.
5 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo, ubiza izandi ze ucacise indlela yokubhala ngokudibanisa.
6 Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo : apho kukho utshintsho khona
7 Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo :
   **Izivakalisi isinye ukuya kwisininzi**
   1 Ndiza kuxuka izinyo lam.
   Ndiza kuxuka amazinyo am.
   2 Inyawo lam liyabanda
   Iinyawo zam ziyabanda.
   3 Igusi iyandileqa.
   Iigusi ziyandileqa.
   4 Ndiza kusika ngemela.
   Ndiza kusika ngeemela.
   5 Igqabi liza kuwa emthini.
   Amagqabi aza kuwa emthini.
8 Yalela abafundi bacinge ngezipateni xa befunda okanye bebhala.
9 Yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1. Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2. Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **Isacholo esiluhlaza!**
3. Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4. Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5. Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6. Funda ibali kube kanye, ungemi.

## Ukubhala: Imizuzu 30

### Ukuyila Nokuhlela

**ISIHLOKO:** Bhala ngexesha apho wakhetha ukuthembeka nangona kwakunzima.

**UMSEBENZI:** Bhala umhlathi ube nezivakalizi ezili -10.

**UBUGCISA BOKUYILA:** Bhala uluhlu

**YAZISA NGESIHLOKO SOKUBHALA**

1. Bonisa abafundi ukuba ababhali **bayacinga phambi kokuba babhale**.
2. Cacisa iimbono zakho ngesi sihloko umzekelo: *Ngenye imini ndalahla ijezi entsha kadade wethu. Ndayithatha engayazi ze ndayilibala ebhasini ngempazamo. Emva kweentsuku ezimbalwa, ndamva eyikhangela.Wandibuza ukuba khange ndiyibone na. Ndandibawela ukuxoka ndithi andiyazi- kodwa ndathetha inyani.*


**YENZA UMFUZISELO UBONISA ICEBO LOKUPLANA (NDIYENZA)**

1. Yohlula ibhodi kabini ze kwelinye icala uzobe ifreyimu yokuplana ukubhala.
2. Bonisa abafundi indlela owenza ngayo uluhlu uphendula imibuzo.
3. Phendula imibuzo kwelinye icala le freyimu yokuplana.

| Imibuzo | Imibuzo |
|---|---|
| ***Umhlathi woku-1***<br>**1** Kwenzeke ntoni?<br>**2** Wawunyaniseke ngantoni?<br>**3** Bobuphi ubuxoki owawungobuthethile?<br>**4** Kwakutheni ukuze ufune ukuthetha ubuxoki? Waziva njani?<br>***Umhlathi wesi-*2**<br>**1** Kwenzeka ntoni chaza iziphumo?<br>**2** Ucinga ukuba ngekwakwenzeke ntoni ukuba wawungathetha inyani?<br>**3** Ingaba ucinga ukuba ukuthembeka oku wakubonisayo kwakuyinto elungileyo? Ewe/ hayi?<br>**4** Ucinga njani ngalento wayenzayo ngoku? | ***Umhlathi woku-1***<br>**1** Udadewethu wathengelwa ijezi entsha. Ndaze ndayiboleka. Ndayilibala ebhasini yaze yalahleka.<br>**2** Udadethu ndamxelela ukuba ndiyilahlile ijezi.<br>**3** Ndandibawela ukumxelela ukuba andiyazi ukuba ndiyitheni.<br>**4** Ndandisoyika ukuba uza kuba nomsindo.<br>***Umhlathi wesi-* 2**<br>**1** Ndamxelela ukuba ndiza kumthengela ijezi entsha.Ndacitha ixesha lam ndisebenza ndisenza imali. Udadethu zange andiqumbele.<br>**2** Wayengasoze ayazi kodwa wayezakuxakwa kwaye akhathazeke.<br>**3** Ewe kwakuyinto elungileyo-nangona kwakunzima. Udadethu wandixolele ngoku siyayihleka.<br>**4** Ndibawela ukuthi kanti ndandingayithathanga ijezi .Ndibawela ukuba kuthi kanti ndandiyinonophele ijezi kadade wethu. |

## ABAFUNDI BASEBENZISA ICEBO LOKUPLANA (UYENZA)

1. Xelela abafundi bavale amehlo bacinge ngexesha apho babenyaniseke ngalo nangona kwakunzima.
2. Yalela abafundi **baguquke bathethe** nomhlobo, besabelana ngamabali.
3. Bonisa abafundi ifremu yeplani ebhodini, mabayikope ukuze bazo kubhala eyabo.
4. Banike **incwadi zokubhala**
5. Baxelele abafundi ukuba ngoku lithuba lokuba babhale ezabo iimbono **bangakopi** ezi zikaTitshala.
6. Njengoko abafundi bebhala, hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana nabo.**



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda3**.
2 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo woku1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama



**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: tyw**
2 Biza igama: **tywaba**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/tyw/-/a/-/b/-/a/**
4 Biza isandi sokuqala: **/tyw/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/a/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/b/**
7 Biza isandi sesine: **/a/**
8 Bhala igama elipheleleyo: **tywaba**
9 Yenza umfuziselo ukhombe xa uhlanganisa izandi usakha eli gama **/tyw/-/a/-/b/-/a/** = **tywaba**
10 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/tywa/**
11 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/ba/**
12 Yenza umfuziselo ukukhombe xa ukuhlanganisa amalungu egama usakha igama: **/tywa/-/ba**= **tywaba**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **tyw**
2 Biza igama: **tywina**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala? **/twy/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/i/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/n/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine ? **/a/**
7 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/tyw/-/i/-/n/-/a/**
8 Bhala igama elipheleleyo: **tywina**
9 Yenza umfuziselo wokukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eli gama **/tyw/-/i/-/n/-a/** = **tywina**
10 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? : **/tywi/**
11 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/na/**
12 Baxelele abafundi bahlanganise amalungu bakhe igama: **/tywi/-/na/** = **tywina**

**UYENZA**

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u- tyw**
2 Abafundi mababhale amanani 1 -5.

3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **tywaba**
   2 **utywala**
   3 **tywina**
   4 **tywaa**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ngasinye ekujoliswe kuso.
5 Kwimizuzu emibini yokugqibela yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama ebhodini uze ukrwele umgca ngaphantsi kwesandi ekujoliswe kuso.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la amagama ngokubhala ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________


Amagama: ____________________

____________________

## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **tyw**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca phantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.



## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Ufundo Lokuqala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDINOMFANEKISO-NGQONDWENI**

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Isacholo esiluhlaza**<br>UZandile wayebaleka egoduka evela kuloSindiswa ongumhlobo wakhe. Wayesele ekufutshane kakhulu nekhaya xa iliso lakhe lahlala kwinto ethile. Yayiyinto ebengezelayo eluhlaza okwesibhakabhaka. Wagoba ukuze achole isacholo esihle, esibengezelayo esiluhlaza. Wasichola nje uZandile wankcunkca. Laliselitshona ilanga, kwaye wayethembise umama wakhe ukuba uya kuba sekhaya phambi kokuba kulale ubumnyama. | Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** kaZandile esima ngephanyazo xa ebona ukumenyezela engceni! |
| Akufika ekhaya, wajiwuzisela isacholo sakhe phezulu.<br>‘Jonga ndichole ntoni!’ watsho.<br>Wasifaka esihlahleni sakhe wasibuka. Sasimlingana gingci!<br>‘Uyithatha phi loo nto Zandile?’ wabuza umama wakhe.<br>‘Umntu waso ufanele ukuba ulahlekelwe ngenene!’<br>‘Ndisichole endleleni, ngoko ke sesam ngoku!’ watsho uZandile, ezijonga esipilini. | Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** woncumo olusixwexwe lukaZandile njengoko ejonge phantsi kwisacholo sakhe esitsha! |
| Ngentsasa elandelayo uZandile waphuma phandle. Wayesiphakamisele phezulu isandla sakhe ukuze imitha yelanga ihlabe kwisacholo sakhe esiluhlaza. Wasiqwalasela njengoko sibengezela siqaqambile. Wayengazange wayibona ngaphambili into enjalo ngobuhle. | Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** woncumo lukaZandile njengoko ejonge isacholo esihlahleni sakhe! |
| Wabona ummelwane wakhe uGeeta, ekhasa kwindledlana eyayiphambi kwezindlu zakowabo.<br>‘Wenza ntoni?’ wabuza uZandile. ‘Ndikhangela isacholo sam. Ndicinga ukuba siwe ngexesha ebendidlala izolo!’ watsho uGeeta, ekhangeleka elusizi. ‘Sesona sacholo sam ndisithandayo.’ | Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** kaGeeta ekhangeleka ekhathazekile njengoko ekhangela isacholo sakhe phandle. |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Oo, watsho uZandile. UZandile wacinga ingaba ayisiso na isacholo esicholwe nguye eso. Wehlisa umkhono wejezi yakhe.<br><br>'Masithembe uza kusifumana!' watsho. Waza wabaleka wangena endlwini. | Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** kaZandile egquma ngobuchule isacholo esiluhlaza esihlahleni sakhe, ukuze uGeeta angasiqondi! |
| Akuba phakathi uZandile, wabuka isacholo kwisihlahla sakhe. Waza wazijonga esipilini. Isacholo sasibengezela ngeyona ndlela sisihle. Wayengxamele ukubonisa abahlobo bakhe esikolweni ngosuku olulandelayo. Kodwa wacinga ngoGeeta. 'Ndakuthini ukuba uGeeta usibonile isacholo sam esitsha, kuthi kanti sesiya sakhe silahlekileyo?' wacinga njalo uZandile. Wasikhulula wasibeka isacholo sakhe. | Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** kaZandile efaka isacholo ezantsi edrowini yakhe, ukuze singabonwa mntu! |
| Ngexesha lekhefu, ngosuku olulandelayo, uZandile wahlala kunye noGeeta noSindiswa.<br><br>'Ngempela-veki ndilahle isacholo sam endisithanda kunene. Siluhlaza kwaye siyabengezela,' watsho uGeeta.<br><br>UZandile wacinga ngesacholo esibengezelayo esiluhlaza esasiphakathi edrowini yakhe. Ngoku wayesazi ngokuqinisekileyo ukuba sesikaGeeta.<br><br>'Kodwa ndisichole. Sesam ngoku!' wacinga njalo uZandile. Akazange athethe nto. | Jonga ubuso bukaZandile! Ukhangeleka engonwabanga! Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** kaZandile ehleli ngokuthe cwaka, enethemba lokuba intsimbi iza kubetha kungekudala |
| Akufika ekhaya uZandile evela esikolweni, wakhupha isacholo wasinxiba. Wasibuka sisesihlahleni sakhe. Waza wazijonga esipilini. Sasibengezela kakhulu isacholo. Wayengazange wakha wayibona into entle ngolo hlobo. Kodwa kwathi qatha ubuso bukaGeeta obukhathazekileyo ngexesha lesidlo. Wasikhulula isacholo wasifaka epokothweni yakhe. | Jonga uZandile! Unxibe isacholo, kodwa akakhangeleki onwabile ngoku! Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** wakhe ekwezinzulu iingcinga! Ufanele ukuba ucinga indlela asithanda ngayo isacholo sakhe esihle. Kodwa, ufanele ukuba uyacinga nangobuso bukaGeeta obukhathazekileyo ngexesha lesidlo. |
| UZandile waya kwammelwane wakhe onguKapoor waza wankqonkqoza emnyango. Akuvula uGeeta, wajiwuzisa isacholo emoyeni.<br><br>'Jonga ndichole ntoni!' wachaza. | Oo! Ukhupha isacholo epokothweni yakhe ukuze anike kuGeeta! Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** woncumo olusixwexwe lukaZandile njengoko ebonisa uGeeta into ayicholeyo! |
| Ubuso bukaGeeta babengezela. UZandile waziva ephantse wavuya njengoGeeta njengoko wayemncedisa enxiba isacholo esiluhlaza nesibengezelayo.<br><br>'Ndiyabulela Zandile,' watsho uGeeta. 'Undenzele imini emnandi!' | |

IVEKI 3

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| Wachola ntoni uZandile? | Wachola isacholo esibengezelayo, esiluhlaza okwesibhakabhaka. |
| Wasichola phi uZandile isacholo? | Wasichola esitalatweni / endleleni. |
| Kwakutheni ukuze uGeeta akhase endleleni phambi kwendlu yakowabo? | Kuba wayelahlekelwe sisacholo sakhe! Wayekhangela sona! |
| **Imibuzo efuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze uZandile angasinxibi isacholo aye ngaso esikolweni? | • Kuba waqonda ukuba isacholo yayisesikaGeeta.<br>• Kuba wayengafuni ukuba uGeeta asibone isacholo.<br>• Kuba wayefuna ukusigcina isacholo! |

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 3.**
2. Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6. Cacisa uMsebenzi **wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye imisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

Imizuzu 15



### ISIGAMA SOMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha :
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- ukuvuma
- isacholo
- ebengezelayo

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wakumbon'ekhedamile | *Khomba emehlweni uze ubeke isandla esidleleni ukekelise intloko* |
| Sondela kuye – ncuma usiza | *Yiba ngathi uya phambili uncume* |
| Mamela ingxaki- bonis'uvelwano | *Bamba indlebe ubonise ukuphulaphula* |
| Dlala naye – azive onwabile | *Lingisa unge uyaxhuma shukumisa amagxa ukhombe komnye* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI



**1** Yohlula abafundi babe ngamaqela amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
**3** Xelela abafundi bacinge ngebali eliza kungena kwimifanekiso.
**4** Nika abafundi umzuzu ube mnye okanye ibe mibini becinga ngokwakha ibali .
**5** Okulandelayo umfundi ngamnye kwiqela makabelane ngebali lakhe alakhileyo.
**6** Khumbuza abafundi ukuba ibali ngalinye kumele linike umdla kwaye lihambelane nemifanekiso!
**7** Cela abafundi babelane kwaye bamamelame amabali abo.
**8** Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: nxw**
2 Biza igama: **unxweme**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/u/-/nxw/-/e/-/m/-/e/**
4 Biza isandi sokuqala: **/u/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/nxw/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/e/**
7 Biza isandi sesine: **/m/**
8 Biza isandi sokugqibela: **/e/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **unxweme**
10 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama **/u/-/nxw/-/e/-/m/-/e/= unxweme**
11 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/u/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/nxwe/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/me/**
14 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa amalungu usakha igama: **/u/-/nxwe/-/me/** = **unxweme**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **nxw**
2 Biza igama: **enxwemeni**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/e/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/nxw/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/e/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/m/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sesihlanu kweli gama? /e/
8 Buza abafundi: Ngubani isandi sesitandathu kweli gama? /n/
9 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/i/**
10 Bhala igama elipheleleyo: **enxwemeni**
11 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama **/e/-/nxw/-/e/-/m/-/e/-/n/-/i/** = **enxwemeni**
12 Buza abafundi: Ngubanii ilungu lokuqala kweli gama? **/en/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/xwe/**
14 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/me/**
15 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokugqibela kweli gama? **/ni/**
16 Xelela abafundi bahlanganise amalungu egama bakhe igama elipheleleyo: **/en/-/xwe/-/me/-/ni/** = **enxwemeni**

### UYENZA

1. Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi** u-**nxw**.
2. Abafundi mababhale amanani 1 -2.
3. Bizela la magama alandelayo:
   1. **unxweme**
   2. **enxwemeni**
4. Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwelele umgca isandi eso kufundwa ngaso.
5. Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo bhala amagama ebhodini ukrwelele isandi umgca ngaphantsi.
6. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepenisile enombala.
7. Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________


Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

## Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1. Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **nxw**
2. Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.



unxweme

enxwemeni

Udada enxwemeni.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi:

Amagama:

Isivakalisi:

## Ukubhala:

30 imizuzu

### Idrafti

**ISIHLOKO:** Yenza ibali ngamalungu oosapho nendlela abakhathalelana ngayo

**UMSEBENZI:** Bhala umhlathi ube nezivakalizi ezili -Ezizakuba yinxenye yencwadi ezakuba yeyeklasi, incwadi leyo engeentsapho nokukhathalelana kwazo.

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

Kwaye kukho… *(sixelele ngabadlali nendawo yebali )*

Wa……*(cacisa ngengxaki)*

Kodwa… *(cacisa indlela esonjululwa ngayo ingxaki)*

Ekugqibeleni … *(lisifundisa ntoni ibali?)*


**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala iplani le ubuyenze ngoMvulo ebhodini.

### YENZA UMFUZISELO UBONISA UKUDRAFTA (NDIYENZA)

1 Khumbuza abafundi ngeplani oyenze ngoMvulo.
2 Funda iplani yakho njengoko ibhaliwe ebhodini.
3 Funda isakhelo sokubhala.
4 Babonise indlela yokugcwalisa isakhelo sokubhala / ifreyimu yokubhala usebenzisa iplani yakho njengalapha:
**Ngenye imini** udadethu wathengelwa ijezi entsha. Ndaze ndayiboleka.
Ndayilibala ebhasini yaze yalahleka. **Ndandinokuthi** andiyazi ukuba ndiyitheni.
**Ndandibawela nokuxoka.**
Ndandisoyika ukuba uza kuba nomsindo. **Ndandinokuthi** ndazincama ndamxelela ukuba ndiyilahlile ijezi
**Akuva oko** udadethu wakhathazeka, kodwa waphela endixolela. Ndasebenza ivekana ezimbalwa ukwenza imali. Ze ndamthengela ijezi. **Ukuba ndandixokile** ebengasoze ayazi ukuba kwenzeka ntoni ejezini. Ndiyacinga ukuba oko bekuzakuba kubi kakhulu!
**Ndiyacinga ukuba yaba yinto ebalulekileyo ukuthembeka** kuba ndayisombulula ingxaki yam. **Xa ndicinga ngayo** ngoku ndibawela ukuthi ingaba ndandinonophele.

### ABAFUNDI BAGQIBEZELA UKWENZA IDRAFTI (UYENZA )

1 Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
2 Yalela abafundi babhale umhla nesihloko: **Ngamanye amaxesha ukuthembeka kunzima : iDrafti**
3 Abafundi mabaye kwisicwangciso sangoMvulo bacinge ngezimvo zabo.
4 Abafundi mabazalise ifreyimu yokubhala besebenzisa esa sicwangciso sabo.
5 Abafundi bangazongeza izivakalisi okanye izimvo zabo ukuba banexesha.
6 Khumbuza abafundi ngezixhobo abanokuzisebenzisa ukubanceda xa bebhala.
7 Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana** nabo batsala nzima.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 3.**
2. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 3

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukutshintsha Isandi

Imizuzu 15

**NDIYENZA......**

1 Baxelele ukuba namhlanje siza kufunda ukujonga umahluko kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngabafundi abangcono.
2 Bhala la magama mabini ebhodini: **tywaba, utywala**
3 Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha : **tywaba, utywala**
4 Cacisa umahluko ku: **/ba/** no **/la/** ezi zandi zibizwa ngokwahlukeneyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

**SIYENZA...**

**ISIQENDU SOKU-1**

1 Bhala la magama mabini ebhodini: **enxwemeni, unxweme**
2 Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3 Biza umfundi eze ngaphambili, aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama: **unxweme, enxwemeni**
4 Baxelele umahluko kumagama.

**ISIQENDU SESI-2**

1 Bhala eli gama ebhodini: **utywala**
2 Buza abafundi: **Sesiphi isandi onokusitshintsha nesinye sandi ukwakha igama elitsha?**
3 Bhala iimpendulo zabafundi usenza uluhlu ebhodini:
**sala, icala, ibala, lala**

**UYENZA ...**

1 Bhala eli gama ebhodini: **tywaba**
2 Yalela abafundi benze amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela egameni
3 Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4 Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
**inqwaba, qaba, igaba**

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15


### Isifundo Sesibini

**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDINOMFANEKISO-NGQONDWENI**

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Isacholo esiluhlaza**<br><br>UZandile wayebaleka egoduka evela kuloSindiswa ongumhlobo wakhe. Wayesele ekufutshane kakhulu nekhaya xa iliso lakhe lahlala kwinto ethile. Yayiyinto ebengezelayo eluhlaza okwesibhakabhaka. Wagoba ukuze achole isacholo esihle, esibengezelayo esiluhlaza. Wasichola nje uZandile wankcunkca. Laliselitshona ilanga, kwaye wayethembise umama wakhe ukuba uya kuba sekhaya phambi kokuba kulale ubumnyama. | Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** wamehlo kaZandile evuleka esiba makhulu kukothuka xa eguqa engceni achole isacholo esitsha! |
| Akufika ekhaya, wajiwuzisela isacholo sakhe phezulu.<br><br>'Jonga ndichole ntoni!' watsho.<br><br>Wasifaka esihlahleni sakhe wasibuka. Sasimlingana gingci!<br><br>'Uyithatha phi loo nto Zandile?' wabuza umama wakhe.<br><br>'Umntu waso ufanele ukuba ulahlekelwe ngenene!'<br><br>'Ndisichole endleleni, ngoko ke sesam ngoku!' watsho uZandile, ezijonga esipilini. | Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** kaZandile edanisa ejikeleza indlu, ephethe isacholo sakhe esitsha esijiwuzisa emoyeni! Uziva onwabe ngeyona ndlela! |
| Ngentsasa elandelayo uZandile waphuma phandle. Wayesiphakamisele phezulu isandla sakhe ukuze imitha yelanga ihlabe kwisacholo sakhe esiluhlaza. Wasiqwalasela njengoko sibengezela siqaqambile. Wayengazange wayibona ngaphambili into enjalo ngobuhle. | Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** wobuso bukaZandile obonwabileyo njengoko ebuka isacholo sakhe esihle. Usithanda kakhulu! |
| Wabona ummelwane wakhe uGeeta, ekhasa kwindledlana eyayiphambi kwezindlu zakowabo.<br><br>'Wenza ntoni?' wabuza uZandile. 'Ndikhangela isacholo sam. Ndicinga ukuba siwe ngexesha ebendidlala izolo!' watsho uGeeta, ekhangeleka elusizi. 'Sesona sacholo sam ndisithandayo.' | Oo! Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** womlomo kaZandile uvuleka kukothuka akuqonda ukuba isacholo ingasesikaGeeta! Andiqondi ukuba uZandile ukhe wacinga ukuba isacholo ingasesomntu amaziyo! |
| Oo, watsho uZandile. UZandile wacinga ingaba ayisiso na isacholo esicholwe nguye eso. Wehlisa umkhono wejezi yakhe.<br><br>'Masithembe uza kusifumana!' watsho. Waza wabaleka wangena endlwini. | UZandile ufanele ukuba **unomfanekiso-ngqondweni** wesacholo esibengezelayo esiluhlaza siphuncuka esihlahleni sikaGeeta! Ufanele ukuba uyaqonda isacholo sesomhlobo wakhe uGeeta! |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Akuba phakathi uZandile, wabuka isacholo kwisihlahla sakhe. Waza wazijonga esipilini. Isacholo sasibengezela ngeyona ndlela sisihle. Wayengxamele ukubonisa abahlobo bakhe esikolweni ngosuku olulandelayo. Kodwa wacinga ngoGeeta. 'Ndakuthini ukuba uGeeta usibonile isacholo sam esitsha, kuthi kanti sesiya sakhe silahlekileyo?' wacinga njalo uZandile. Wasikhulula wasibeka isacholo sakhe. | Ndicinga ukuba uZandile **unomfanekiso-ngqondweni** wabahlobo bakhe bebuka isacholo sakhe esitsha. Kodwa, uphinda abe nomfanekiso-ngqondweni kaGeeta ekhomba isacholo esithi,'Hayibo! Sesam!' Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** kaZandile ecinga ngononophelo, aze afake isacholo edrowini yakhe, apho singenakubonwa mntu! |
| Ngexesha lekhefu, ngosuku olulandelayo, uZandile wahlala kunye noGeeta noSindiswa.<br><br>'Ngempela-veki ndilahle isacholo sam endisithanda kunene. Siluhlaza kwaye siyabengezela,' watsho uGeeta.<br><br>UZandile wacinga ngesacholo esibengezelayo esiluhlaza esasiphakathi edrowini yakhe. Ngoku wayesazi ngokuqinisekileyo ukuba sesikaGeeta.<br><br>'Kodwa ndisichole. Sesam ngoku!' wacinga njalo uZandile. Akazange athethe nto. | Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** kaZandile emamele umhlobo wakhe kwaye eziva enganyanisekanga! Ufanele ukuba akakuthandi okwehlele uGeeta, kodwa kufuneka esigcinile nesacholo! |
| Akufika ekhaya uZandile evela esikolweni, wakhupha isacholo wasinxiba. Wasibuka sisesihlahleni sakhe. Waza wazijonga esipilini. Sasibengezela kakhulu isacholo. Wayengazange wakha wayibona into entle ngolo hlobo. Kodwa kwathi qatha ubuso bukaGeeta obukhathazekileyo ngexesha lesidlo. Wasikhulula isacholo wasifaka epokothweni yakhe. | UZandile ukhangeleka engonwabanga ngoku. Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** kaZandile eshukumisa intloko eyisa phambili nasemva, ezama ukuthatha isigqibo ngento amakayenze ngesacholo. Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** wakhe esikhulula ekugqibeleni. Ndicinga ukuba uthathe isigqibo sokuba asinaxabiso lingade limenze angcatshe umhlobo wakhe! |
| UZandile waya kwammelwane wakhe onguKapoor waza wankqonkqoza emnyango. Akuvula uGeeta, wajiwuzisa isacholo emoyeni.<br><br>'Jonga ndichole ntoni!' wachaza. | Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** kaZandile ehamba kancinci, kuba unqwenela ukuba angasigcina isacholo! Kodwa ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** kaZandile ejiwuzisela uGeeta isacholo emoyeni ukuze asibone, encumile. |
| Ubuso bukaGeeta babengezela. UZandile waziva ephantse wavuya njengoGeeta njengoko wayemncedisa enxiba isacholo esiluhlaza nesibengezelayo.<br><br>'Ndiyabulela Zandile,' watsho uGeeta. 'Undenzele imini emnandi!' | Ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** kaZandile etsala umoya ezantsi ephefumla. Ndicinga ukuba unqwenela ukuba isacholo ibisesakhe. Kodwa, ndiyakwazi ukuba **nomfanekiso-ngqondweni** woncumo lokuziqhayisa lukaZandile, kuba uyazi ukuba okulungileyo kukubuyisela isacholo sikaGeeta! |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Kwakutheni ukuze uZandile ehlise umkhono wejezi yakhe? | Ukuze agqume isacholo awayesichole nawayesinxibile. |
| Yintoni eyenza usuku lukaGeeta lube mnandi? | Kukufumana isacholo sakhe. |
| **Yiba nomfanekiso-ngqondweni** wakho uchola into oyithandayo esitalatweni! Ucinga ukuba ungenza ntoni emva kokuyichola? | Ndicinga ukuba ndinga… |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze uZandile athathe isigqibo sokubuyisela isacholo kuGeeta? | • Kuba waqonda ukuba isacholo sesomhlobo wakhe.<br>• Kuba waqonda ukuba uya kusoloko esinxiba emfihlakalweni isacholo.<br>• Kuba waqonda ukuba umhlobo wakhe kuya kumonwabisa ukufumana isacholo sakhe.<br>• Kuba waqonda ukuba yayikukwenza okulungileyo oko. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ______________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 3.**
2. Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1**.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2**.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 3

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- ukuhlonipha
- nomona
- khangela

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wakumbon'ekhedamile | *Khomba emehlweni uze ubeke isandla esidleleni ukekelise intloko* |
| Sondela kuye – ncuma usiza | *Yiba ngathi uya phambili uncume* |
| Mamela ingxaki- bonis'uvelwano | *Bamba indlebe ubonise ukuphulaphula* |
| Dlala naye – azive onwabile | *Lingisa unge uyaxhuma shukumisa amagxa ukhombe komnye* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala ifreyimu yengxoxo ebhodini
i. Kweli bali……
ii. Ndicinga ukuba bendinguZandile bendizakuvuma/ bendingazukuvuma ukumnika ngoba……..
iii. Eli bali layamene nomxholo '***Ukuthembeka*' *ngoba…….***

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwifreyimu yengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

**4** Abafundi baza kunikana amathuba kumaqela bephendula imibuzo kwifreyimu yengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.

**7** Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.

**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

# Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

## Ukufumana Amagama

Bhala itheyibhuli yakho ebhodini enezandi esezifundiwe kwakunye namagama nezandi ebezifundwe kwisifundo sangoLwesiBini noLwesiThathu.

| | | |
|---|---|---|
| **tyw** | **nxw** | **a** |
| **i** | **b** | **e** |
| **m** | **l** | **n** |
| **u** | **h** | **o** |



### YENZA UMFUZISELO

1. Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: **/ tyw /** no **/ nxw /**
2. Hlaziya zonke izandi namagama akhiwe ngokuhlanganiswa ebhodini.
3. Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4. Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso seveki ngolu hlobo: **/twy/-/a/-/b/-/a/** = **tywaba**
5. Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise: **/ tyw / okanye / nxw /**
6. Bonisa abafundi ukwenza amanye amagama njengo: **/m/-/a/-/m/-e/-/l/-/a/** = **mamela**

### ABAFUNDI BAYENZA

1. Xelela abafundi bavule iincwadi zabo babhale isihloko: **tyw, nxw**
2. Yalela abafundi babhale amagama, banike imizuzu emithathu ukwakha amagama.
3. Banike abafundi imizuzu emi 3 ukufuna ze bakhe amagama kangangoko banako.
4. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo. Bonisa abafundi iindlela zokwakha la amagama:
   **tywaba, utywala, tywina, tywaa, unxweme, enxwemeni, mamela, bila, bhula, hleba**

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA / YENZA UMFANEKISO-NGQONDWENI**

1. Hlalisa abafundi ezidesikeni bavule iincwadi zabo ubanike amaphepha okuzoba nepensile.
2. Cacisa kubafundi ukuba namhlanje **baza kubhala** ze **bazobe** oko kusengqondweni zabo xa becinga ngebali.
3. Yenza u**mfuziselo** ubabonisa **oko ukucingayo kubalulekileyo** ngebali umzkl: Njengangokuya uZandile wayehamba esiya ekhaya, wafumana isacholo esihle esibengezelayo. **Ndinomfanekiso ngqondweni** wakhe esifaka esandleni sakhe amehlo akhe ebengezela ezele ulonwabo! Wayefuna ukusigcina kuba sasi sihle kakhulu isacholo.
4. Zoba umfanekiso wakho ebhodini ka Zandile efaka isacholo esandleni.
5. Yenza **umfuziselo** usongeza izivakalisi kumzobo umzkl: yiba nomfanekiso ngqondweni kaZandile amehlo akhe ebengezela ezele uncumo akubona isacholo. Efuna ukusigcina.
6. Okulandelayo, xelela abafundi ukuba baza kukhetha eyona nto **ibalulekileyo abanomfanekiso ngqondweni wayo** xa becinga ngebali.
7. Yalela abafundi bavale amehlo baphole. Bafundele itekisi kube kanye kwakhona.
8. Yalela abafundi bavule amehlo ze baqale ukuzoba iingcinga zabo.
9. Ekugqibeleni abafundi **mabaguquke bathethe** ze babelane ngemizobo yabo.

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 3.**
2. Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

imizuzu 15

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

IVEKI 3

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: Amaphephandaba ngabantu bethetha ubuxoki.
5. Yenza uphando nakwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxhol o lowo, umzekelo:
   Phanda iimeko apho kuvumelekileyo ukuthetha ubuxoki. Kubalulekile ukunceda abafundi bakwazi ukubuza imibuzo ukuze bazokwazi ukuliqonda ihlabathi!
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha la 18 Masifunde & 19 Masibhale

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha la 20 & 21 Masenzeni

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha la 22 & 23 Masifunde

**Umsebenzi 4:** Bhala kwidayari yakho ukuba imozulu injani namhlanje**.**

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI ABANALO

1 Bonisa abafundi umfanekiso kaModise ekhwaza ingonyama, kwiNcwadi eNkulu yebali: **Umalusi owakhwaza wathi 'ingonyama'**
2 Xelela abafundi ukuba siyaqhubeka nomxholo : **Ukuthembeka**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Yintoni eyenza ukuba ubani athembeke?
   b Uthembe bani wena?
   c Yintoni enokwenziwa ngumntu ukwenza ungamthembi kwakhona?
   d Ucinga leliphi ixesha elilungileyo lokungathethi inyani (*khuthaza ingxoxo phakathi kwabafundi. Sukubaxelela nje ukuba akulunganga ukungatheth' inyani. Umzekelo abafundi mabacinge ngoMatuma, owathetha ubuxoki ukunceda umhlobo wakhe… Cinga ngemeko apho ubuxoki bakho bungasindisa umntu? Cinga nangemeko apho ubuxoki bakho ikukunika umntu into ebe iyimfihlo kuye njl njl.* )

### AMAGAMA ASEKWELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha :
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
- ukuqhathwa
- qhatha
- isidenge
- ukuba nomdla
- ukuvavanya

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Masithethe inyaniso- ngamaxesha onke | *Linganisa ngesandla umntu othethayo unqwale uze ukhombe esihlahleni ubonisa ixesha* |
| Masithethe inyaniso- ezintweni zonke | *Lingisa ngesandla umntu othethayo unqwale use isandla sokunene macala* |
| Ubuxoki bubhebhethe – thetha inyaniso | *Misa umnwe wokukhomba unikine intloko uze ulingise umntu othethayo unqwale intloko* |
| Zonk'izinto zakulunga | *Misa ubhontsi phambi kwakho* |
| Wakuthetha inyaniso | *Lingisa ngesandla umntu othethayo unqwale intloko* |

## Ukubhala Ngesandla

Imizuzu 15

**1** Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla nesihloko.
**2** Okulandelayo abafundi mababhale amanani isi 1-5 ecaleni komgca.
**3** Bhala esi sivakalisi silandelayo ebhodini ecaleni kwenani 1**: Baza kudlala umdlalo wabo pha**.
**4** Bhala ezi zimelabizo zilandelayo kwinani isi-2 ukuya kwi-4.
   **2** mna
   **3** thina
   **4** yena
**5** Yalela abafundi babhale izivakalisi kwakhona beqala ngegama elinikiweyo.
**6** Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo, ubiza izandi ze ucacise indlela yokubhala ngokudibanisa.
**7** Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo : apho kukho utshintsho khona
**8** Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo :
   **1** Baza kudlala umdlalo wabo pha.
   **2** Ndiza kudlala umdlalo wam pha.
   **3** Siza kudlala umdlalo wethu pha.
   **4** Uza kudlala umdlalo wabo pha.
**9** Yalela abafundi ukuba bathathe ipensile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1. Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2. Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **Umalusi owakhwaza wathi 'ingonyama'**
3. Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4. Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5. Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6. Funda ibali kube kanye, ungemi.



## Ukubhala: Imizuzu 30

### Ukuyila Nokuhlela

**ISIHLOKO:** Bhala ngexesha apho wakhetha ukuthembeka nangona kwakunzima.


**UMSEBENZI:** Bhala umhlathi ube nezivakalizi ezili -10.

**UBUGCISA BOKUYILA:**
- Bhala uluhlu lokulungisa ebhodini. Phambi kokuba siqale isifundo sokubhala.
- Bhala idrafti yakho ebhodini phambi kokuba siqale isifundo faka impazamo i-okanye zibe-2.

**ULUHLU LOKUYILA:**
1. Ingaba ndisebenzise ixesha langoku?
2. Ingaba ndisebenzise umntu wokuqala ( Ndi, Si)
3. Ingaba ndinezivakaisi ezilishumi kwimihlathi emibini?
4. Ingaba ndiwapele ngokuchanekileyo amagama?
5. Ingaba zonke izivakalisi zam ziqala ngonobumba omkhulu?
6. Ingaba zonke izivakalisi zam ziphela ngesingxi okanye uphawu lokukhuza?

**UMFUZISELO WOKUPHENDULA (NDIYENZA)**

1. Fundela abafundi itshekhlisti yokuhlela ukhwaze.
2. Fundela abafundi idrafti yakho ukhwaze.
3. Jonga itshekhlisti yakho, nedfrafti yakho ukuba zichanekile okanye kufuneka wenze izilungiso okanye uphucule ukubhala.
4. Yenza umfuziselo ubonisa le nkqubo kubafundi.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 4**.
2 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo woku1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: nty**
2 Biza igama: **izantya**
3 Cazulula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/**-**/z/**-**/a/**-**/nty/**-**/a/**
4 Biza isandi sokuqala kweli gama: **/i/**
5 Biza isandi sesibini kweli gama: **/z/**
6 Biza isadi sesithathu kweli gama: **/a/**
7 Biza isadi sesine kweli gama: **/nty/**
8 Biza isadi sesihlanu kweli gama: **a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **izantya**
10 Yenza umfuziselo ukhombe xa uhlanganisa izandi usakha eli gama **/i/**-**/z/**-**/a/**-**/nty/**-**/a/**= **izantya**
11 Okulandelayo, biza ilungu lokuqala kweli gama: **/i/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/zan/**
13 **What is the third syllable: /tya/**
14 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa amalungu usakha: **/i/**-**/zan/**-**/tya/** = **izantya**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **nty**
2 Biza igama: **intyatyambo**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/nty/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/ty/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sesihlanu kweli gama? **/a/**
8 Buza abafundi: Ngubani isandi sesitandathu kweli gama? **/mb/**
9 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/o/**
10 Cela abafundi bohlule igama ngokwezandi zalo ezahlukeneyo: **/i/**-**/nty/**-**/a/**-**/ty/**-**/a/**-**/mb/**-**/o/**
11 Bhala igama elipheleleyo: **intyatyambo**
12 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa izandi usakha eli gama **/i/**-**/nty/**-**/a/**-**/ty/**-**/a/**-**/mb/**-**/o/** =**intyatyambo**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? **/in/**
14 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/tya/**
15 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/tya/**

**16** Buza abafundi: Ngubani ilungu lokugqibela kweli gama? **/mbo/**

**17** Xelela abafundi bahlanganise amalungu bakhe igama: **/in/-/tya/-/tya/-/mbo/** = **intyatyambo**

### UYENZA

1. Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: amagama anesandi u- **nty**
2. Abafundi mababhale amanani 1 -5.
3. Bizela la magama alandelayo:
   1. **izantya**
   2. **intyatyambo**
   3. **intyabontyi**
   4. **izantyalantyala**
4. Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi eso kufundwa ngaso.
5. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
6. Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la magama ngokubhala ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

## Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1. Fundisa bafundi ukubhala oonobumba abancinci ngokudibanisa: **nty**
2. Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/amagama/nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwisandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

# Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

## Ufundo Lokuqala

### UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYACINGA / NDIZITHATHELA ISIGQIBO NGOKULANDELA IBALI

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Umalusi owakhwaza wathi 'ingonyama'**<br><br>Yonke imihla ekuseni, uModise wayephuma aye kufunela iinkomo zakhe amadlelo aluhlaza ukuze zifumane ukutya. Imini yonke, wayehlala ezolusile ngothando ezikhusela engozini. | |
| Ngobunye ubusuku, wathi xa esondela ekhaya uModise, wadlula kwisangqa sabantu belali, babehleli phandle bencokola iindaba zaloo mini.<br><br>'Ndive ukuba kukho enye ingonyama eqhawule elugcinweni yaza yahlasela ithole lenkomo elisanda kuzalwa!' watsho omnye wabemi belali.<br><br>'Ndifunde ngenzululwazi efuna ukuzoba amehlo ngepeyinti kwimiqolo yeenkomo ukuzama ukuzikhusela ekuhlaselweni ziingonyama!'wahleka omnye ummi welali.<br><br>'Siza kwenza ntoni ukuba kungakho ingonyama efika ihlasele iinkomo zelali yethu?'wacinga njalo ummi welali wesithathu. | **Ndiyacinga ingaba** le ncoko imenza azive njani uModise? **Ndiyacinga ingaba** uyoyika na ukuba ingonyama ingahlasela iinkomo zakhe? |
| Ngentsasa elandelayo uModise wazikhaphela iinkomo zakhe zanxusa ucingo lweMakgadikgadi elikhaya lezilwanyana zasendle. Wabona indlulamthi isitya kwimithi emide. Wacinga ukuba ingaba iingonyama ziyazihlasela na iindlulamthi. Waza wacinga ukuba ingaba kungenzeka ntoni xa kungakho ingonyama ehlasela enye yeenkomo zakhe azixabise kunene.<br><br>Wakhwaza,'Ingonyama! Ingonyama! Kukho ingonyama eleqa iinkomo zam!' | **Ndiyacinga ingaba** kuza kwenzeka ntoni xa uModise ekhwaza esithi 'ingonyama'? |
| Baphuma bebaleka abemi belali ukuza kunceda le nkwenkwe boyikise ingonyama ibaleke. Kodwa bathi bakufika ekupheleni kwepaki, ababona ngonyama, kungabonakali nanto ileqwayo. UModise akazange akwazi ukuzibamba wagigitheka akubona iimbuso ezibhidekileyo.<br><br>'Ungabe uphinde ukhwaze uthi 'ingonyama' ingekho Modise!' bambombozela batsho abemi belali, njengoko babehamba. | Oo! Bonke abemi belali beza bebaleka ukuza kunceda uModise. kodwa akukho ngonyama. **Ndiyacinga ingaba** baziva njani xa bebona ukuba kudlalw**e** ngabo? |


IVEKI 4

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ngemva kwemini elandelayo, uModise waziva edikiwe njengoko wayehleli phantsi komthi omkhulu webaobab ejonge iinkomo zakhe zisitya. Wagigitheka yedwa xa ecinga ngobuso obumangalisekileyo babemi belali bakubona ukuba kudlalwe ngabo. Wathatha isigqibo sokuba kungamnandi ukubenza into yokudlala kwakhona.<br><br>Watsala umoya ezantsi waza wakhwaza, 'Ingonyama! Ingonyama! Nantso ingonyama ileqa inkomo zam!' | **Ndiyacinga ingaba** kuza kwenzeka ntoni namhlanje xa ekhwaza esithi 'ingonyama', kuba udlale ngabo bonke abemi belali kusuku olungaphambili? **Ndiyacinga ingaba** baya kuza bebaleka na? |
| Abemi belali beza bebaleka ukuza kunceda le nkwenkwe bothuse ingonyama ibaleke. Kodwa bathi bakufika kumthi webaobab, bafumanisa kwakhona ukuba akukho ngonyama, kungabonakali nanto ileqwayo. UModise waphela yintsini akubona ukudikwa okubhalwe ebusweni babemi belali.<br><br>'Ungabe uphinde ukhwaze uthi 'ingonyama' xa kungekho ngonyama!'<br><br>'Bubukrwada obo nokungabi nambeko ukudlala ngathi!' wakhwaza watsho omnye ummi welali njengoko ehamba esimka. | **Ndiyacinga ingaba** baziva njani abemi belali bakuqonda ukuba uModise udlale ngabo kwakhona? |
| Ngosuku olulandelayo, uModise wathatha iinkomo zakhe ziye kusela emlanjeni. Wahlala phantsi waphupha ngendlela adlale ngayo ngabemi belali.<br><br>Kodwa ngephanyazo, kwabakho into engathi ncam. Wothuswa kukukhwaza kweenkomo zinxakama. Iintsimbi zazo zazibetha zikhala ngamandla njengoko zazibaleka zigqiba indawo yonke. Kanye ngelo xesha, kwatsiba imazi yengonyama iphuma ezihlahleni yangqala kwelona thole lincinane. UModise akazange awakholelwe amehlo akhe.<br><br>'Ingonyama! Ingonyama! Nantso ingonyama ileqa iinkomo zam!' wakhwaza exakanisekile. | Owu hayi – ngoku kukho ingonyama ngenene! **Ndiyacinga ingaba** abanye abemi belali baza kuza bebaleka na ngoku? |
| Kodwa ngeli tyeli, akukho mntu wavelayo. Abemi balali bacinga ukuba uModise uzama ukudlala ngabo kwakhona. | **Ndiyacinga ingaba** kutheni kungekho mntu uzileyo ngoku? Kufanele ukuba kungenxa yokuba udlale ngabo kwakabini, ngoku abamkholelwa. |
| Ngorhatya, abemi belali bamangala ukuba kutheni uModise engabuyanga ukuza ekhaya. Bakhangela, bakhangela de bamfumana egixa – esoyika nokushukuma. Imazi yengonyama yayihleli phezu kwexhoba layo ixhaphe igazi.<br><br>'Bekukho ingonyama ngenene apha! Umhlambi wam uthe saa! Ndikhwazile ndathi 'ingonyama'! kutheni ningezanga?' wabuza uModise engcangcazela. | |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Kwabakho ixhego elizama ukumthuthuzela njengoko babehamba begoduka.<br><br>'Siza kukuncedisa ufumane iinkomo zakho ezilahlekileyo kusasa,' latsho, lijikelisa ingalo ligona uModise. 'Akukho mntu uzileyo ukuza kukunceda kuba akukho mntu ukholelwa ixoki... naxa selithetha inyaniso!'<br><br>Ukususela loo mini, uModise wathatha isigqibo sokuba akasayi kuze aphinde adlale ngabemi belali kwakhona. | **Ndiyacinga ingaba** uModise unqwenela ukuba ngengazange adlale ngabemi belali? |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Udlale ngabemi belali amatyeli amangaphi uModise? | Udlale ngabo kabini. |
| Silwanyana sini esihlasele iinkomo zikaModise? | Inkomo zakhe zihlaselwe yingonyama. |
| **Imibuzo efuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze abemi belali bangezi bebaleka xa ingonyama yenene yafika yahlasele iinkomo zikaModise? | • Kuba uModise wakhwaza kabini esithi, 'ingonyama' ngaphambili, kodwa kwakungekho ngonyama!<br>• Kuba uModise wadlala ngabo kabini ngoku abasamkholelwa.<br>• Kuba ukhwaze ngendlela efana nangoku wayephosisa noxa enyanisile ngoku.<br>• Kuba akukho mntu ukholelwa ixoki – nokuba selithetha inyani. |





## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ______________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 4.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6 Cacisa uMsebenzi **wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye imisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

Imizuzu 15

### ISIGAMA SOMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha :
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- ndicaphukile
- ndicaphukisiwe
- ukubandezeleka

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Masithethe inyaniso- ngamaxesha onke | *Linganisa ngesandla umntu othethayo unqwale uze ukhombe esihlahleni ubonisa ixesha* |
| Masithethe inyaniso- ezintweni zonke | *Lingisa ngesandla umntu othethayo unqwale use isandla sokunene macala* |
| Ubuxoki bubhebhethe – thetha inyaniso | *Misa umnwe wokukhomba unikine intloko uze ulingise umntu othethayo unqwale intloko* |
| Zonk'izinto zakulunga | *Misa ubhontsi phambi kwakho* |
| Wakuthetha inyaniso | *Lingisa ngesandla umntu othethayo unqwale intloko* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI



**1** Yohlula abafundi babe ngamaqela amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
**3** Xelela abafundi bacinge ngebali eliza kungena kwimifanekiso.
**4** Nika abafundi umzuzu ube mnye okanye ibe mibini becinga ngokwakha ibali .
**5** Okulandelayo umfundi ngamnye kwiqela makabelane ngebali lakhe alakhileyo.
**6** Khumbuza abafundi ukuba ibali ngalinye kumele linike umdla kwaye lihambelane nemifanekiso!
**7** Cela abafundi babelane kwaye bamamelame amabali abo.
**8** Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: nkx**
2 Biza igama: **nkxu**
3 Cazulula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/nkx/-/u/**
4 Biza isandi sokuqala kweli gama: **/nkx/**
5 Biza isandi sesibini kweli gama: **/u/**
6 Bhala igama elipheleleyo: **nkxu**
7 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa izandi usakha eli gama **/nkx/-/u/** = **nkxu**
8 Okulandelayo, biza ilungu lokuqala kweli gama: **/nkxu/**
9 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa amalungu usakha eli gama: **/nkxu/** = **nkxu**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **nkx**
2 Biza igama: **inkxaso**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/nkx/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/s/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/o/**
8 Cela abafundi bahlule igama ngokwezandi zalo ezahlukeneyo: **/i/-/nkx/-/a/-/s/-/o/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **inkxaso**
10 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa izandi usakha eli gama **/i/-/nkx/-/a/-/s/-/o/** = **inkxaso**
11 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? **/in/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/kxa/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/so/**
14 Xelela abafundi bahlanganise amalungu bakhe eli gama: **/in/-/kxa /-/so/ =inkxaso**

**UYENZA**

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u- ntl**
2 Abafundi mababhale amanani 1 -3.
3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **nkxu**
   2 **inkxaso**
   3 **inkxalabo**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi eso kufundwa ngaso.

IVEKI 4

5 Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo, bhala amagama ebhodini ukrwele umgca ngaphantsi kwesandi.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepensile enombala.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________


______________________________


## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibaniso: **nkx**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi <u>mabakrwele umgca ngaphantsi</u> kwisandi ebekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.



inkxalabo

Uthe nkxu emanzini.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________



## Ukubhala:

30 imizuzu

### Ushicilelo Nokwabelana

**ISIHLOKO:** Yenza ibali ngamalungu oosapho nendlela abakhathalelana ngayo

**UMSEBENZI:** Bhala umhlathi ube nezivakalizi ezili -10.

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

**Ngenye imini………..**

**Ndandinokuthi………………**

**Ndandibawela nokuxoka…………**

**Ze………..**

**Akuva oko**

**Ukuba ndandixokile**

**Ndiyacinga ukuba yaba yinto ebalulekileyo ukuthembeka / ukungathembeki**

**Xa ndicinga ngayo**

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala iplani le ubuyenze ngoMvulo ebhodini.

### YENZA UMFUZISELO UBONISA UKUDRAFTA (NDIYENZA)

1 Khumbuza abafundi ukuba ngoMvulo usebenzise uluhlu lokuhlela uhlela idrafi yakho.
2 Xelela abafundi ukuba namhlanje siza kushicilela ze sabelane ngemibhalo yethu.
3 Bhala kwakhona umbhalo ufakele umhla nesihloko.

### ABAFUNDI BAGQIBEZELA UKWENZA IDRAFTI (UYENZA)

1 Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
2 Yalela abafundi babhale umhla nesihloko: **Ngala mini ndaxoka ngayo: iDrafti**
3 Abafundi mabaye kwisicwangciso sangoMvulo bacinge ngezimvo zabo.
4 Yalela abafundi babhale kwakhona umbhalo ngaphandle kwempazamo.
5 Ukuba abafundi banethuba bangafaka umzobo kwimibhalo yabo.
6 Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana** nabo batsala nzima.

### ABAFUNDI BABELANA NGEMIBHALO

1 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela abafundi mababeke phantsi iipenisile neepeni.
2 Abafundi mabaguquke bathethe nomlingani.
3 Biza umfundi omnye ukuya kwaba-2 babelane ngombhalo wabo neklasi.
4 Xhoma umsebenzi wabafundi apho afikelela khona amehlo abo ukuze bakwazi ukufunda imisebenzi yabanye.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukutshintsha Isandi

Imizuzu 15

**NDIYENZA......**

1 Baxelele ukuba namhlanje siza kufunda ukujonga umahluko kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngababafundi abangcono.
2 Bhala la magama mabini ebhodini: **inkxaso, inkxalabo**
3 Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha: **inkxaso, inkxalabo**
4 Cacisa umahluko phakathi kuka: **/so/** no **/bo/** ezi zandi zibizwa ngokwahlukileyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

**SIYENZA...**

**ISIQENDU SOKU 1**

1 Bhala la magama mabini ebhodini: **intyabontyi, intyatyambo**
2 Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3 Biza umfundi eze ngaphambili aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama: **intyabontyi, intyatyambo**
4 Baxelele umahluko kumagama.

**ISIQENDU SESI 2**

1 Bhala eli gama ebhodini: **izantyalantyala**
2 Buza abafundi: **Sesiphi isandi onokusitshintsha nesi sandi ukwakha igama elitsha?**
3 Bhala iimpendulo zabafundi usenza uluhlu ebhodini: **sala, icala, ibala, bala, ikrwala**

**UYENZA...**

1 Bhala eli gama ebhodini: **nkxu**
2 Yalela abafundi bakhe amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela egameni
3 Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4 Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
**nwabu, ishushu, itutu, inunu**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Isifundo Sesibini

**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYACINGA / NDIZITHATHELA ISIGQIBO NGOKULANDELA IBALI**

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
| --- | --- |
| **Umalusi owakhwaza wathi 'ingonyama'**<br><br>Yonke imihla ekuseni, uModise wayephuma aye kufunela iinkomo zakhe amadlelo aluhlaza ukuze zifumane ukutya. Imini yonke, wayehlala ezolusile ngothando ezikhusela engozini. | |
| Ngobunye ubusuku, wathi xa esondela ekhaya uModise, wadlula kwisangqa sabantu belali, babehleli phandle bencokola iindaba zaloo mini.<br><br>'Ndive ukuba kukho enye ingonyama eqhawule elugcinweni yaza yahlasela ithole lenkomo elisanda kuzalwa!' watsho omnye wabemi belali.<br><br>'Ndifunde ngenzululwazi efuna ukuzoba amehlo ngepeyinti kwimiqolo yeenkomo ukuzama ukuzikhusela ekuhlaselweni ziingonyama!'wahleka omnye ummi welali.<br><br>'Siza kwenza ntoni ukuba kungakho ingonyama efika ihlasele iinkomo zelali yethu?'wacinga njalo ummi welali wesithathu. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi abemi belali banexhala lokuba ingonyama ingeza kuhlasela iinkomo zabo – kanye ngohlobo abeve ngalo. |
| Ngentsasa elandelayo uModise wazikhaphela iinkomo zakhe zanxusa ucingo lweMakgadikgadi elikhaya lezilwanyana zasendle. Wabona indlulamthi isitya kwimithi emide. Wacinga ukuba ingaba iingonyama ziyazihlasela na iindlulamthi. Waza wacinga ukuba ingaba kungenzeka ntoni xa kungakho ingonyama ehlasela enye yeenkomo zakhe azixabise kunene.<br><br>Wakhwaza,'Ingonyama! Ingonyama! Kukho ingonyama eleqa iinkomo zam!' | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uModise ufuna ukwazi ukuba kungenzeka ntoni xa ingonyama inokuhlasela! |


IVEKI 4

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Baphuma bebaleka abemi belali ukuza kunceda le nkwenkwe boyikise ingonyama ibaleke. Kodwa bathi bakufika ekupheleni kwepaki, ababona ngonyama, kungabonakali nanto ileqwayo. UModise akazange akwazi ukuzibamba wagigitheka akubona iimbuso ezibhidekileyo.<br><br>'Ungabe uphinde ukhwaze uthi 'ingonyama' ingekho Modise!' bambombozela batsho abemi belali, njengoko babehamba. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, abemi belali bacaphukile kuba bemke 'bembombozela'. |
| Ngemva kwemini elandelayo, uModise waziva edikiwe njengoko wayehleli phantsi komthi omkhulu webaobab ejonge iinkomo zakhe zisitya. Wagigitheka yedwa xa ecinga ngobuso obumangalisekileyo babemi belali bakubona ukuba kudlalwe ngabo. Wathatha isigqibo sokuba kungamnandi ukubenza into yokudlala kwakhona.<br><br>Watsala umoya ezantsi waza wakhwaza, 'Ingonyama! Ingonyama! Nantso ingonyama ileqa inkomo zam!' | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uModise wacinga ukuba yayihlekisa into yokudlala ngabemi belali, kuba xa ecinga ngayo uyagigitheka! |
| Abemi belali beza bebaleka ukuza kunceda le nkwenkwe bothuse ingonyama ibaleke. Kodwa bathi bakufika kumthi webaobab, bafumanisa kwakhona ukuba akukho ngonyama, kungabonakali nanto ileqwayo. UModise waphela yintsini akubona ukudikwa okubhalwe ebusweni babemi belali.<br><br>'Ungabe uphinde ukhwaze uthi 'ingonyama' xa kungekho ngonyama!'<br><br>'Bubukrwada obo nokungabi nambeko ukudlala ngathi!' wakhwaza watsho omnye ummi welali njengoko ehamba esimka. | Yiba nomfanekiso-ngqondweni wendlela ababecaphuka ngayo abemi belali! Babecaphuka ngosuku lokuqala, ngoku kudlalwe ngabo kwade kwakabini! |
| Ngosuku olulandelayo, uModise wathatha iinkomo zakhe ziye kusela emlanjeni. Wahlala phantsi waphupha ngendlela adlale ngayo ngabemi belali.<br><br>Kodwa ngephanyazo, kwabakho into engathi ncam. Wothuswa kukukhwaza kweenkomo zinxakama. Iintsimbi zazo zazibetha zikhala ngamandla njengoko zazibaleka zigqiba indawo yonke. Kanye ngelo xesha, kwatsiba imazi yengonyama iphuma ezihlahleni yangqala kwelona thole lincinane. UModise akazange awakholelwe amehlo akhe.<br><br>'Ingonyama! Ingonyama! Nantso ingonyama ileqa iinkomo zam!' wakhwaza exakanisekile. | |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Kodwa ngeli tyeli, akukho mntu wavelayo. Abemi balali bacinga ukuba uModise uzama ukudlala ngabo kwakhona. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, abemi belali bathe bakumva uModise ekhwaza bagungquzisa amehlo abamhoya kweli tyeli! |
| Ngorhatya, abemi belali bamangala ukuba kutheni uModise engabuyanga ukuza ekhaya. Bakhangela, bakhangela de bamfumana egixa – esoyika nokushukuma. Imazi yengonyama yayihleli phezu kwexhoba layo ixhaphe igazi.<br><br>‘Bekukho ingonyama ngenene apha! Umhlambi wam uthe saa! Ndikhwazile ndathi ‘ingonyama’! kutheni ningezanga?’ wabuza uModise engcangcazela. | Yinto elungileyo ukuba abemi belali bayayibona ingonyama nexhoba layo – okanye bebeya kucinga ukuba ebebaphosisele kwakhona! |
| Kwabakho ixhego elizama ukumthuthuzela njengoko babehamba begoduka.<br><br>‘Siza kukuncedisa ufumane iinkomo zakho ezilahlekileyo kusasa,’ latsho, lijikelisa ingalo ligona uModise. ‘Akukho mntu uzileyo ukuza kukunceda kuba akukho mntu ukholelwa ixoki… naxa selithetha inyaniso!’<br><br>Ukususela loo mini, uModise wathatha isigqibo sokuba akasayi kuze aphinde adlale ngabemi belali kwakhona. | **Ndithatha isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uModise ufunde isifundo, kuba uthathe isigqibo sokungadlali ngabemi belali. Xa uphosisa lonke ixesha, abantu abayi kukholelwa xa uthetha inyaniso! |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Waphosisa wathini uModise? | Waphosisa wathi kukho ingonyama eleqa iinkomo zakhe, noxa kwakungenjalo. |
| Yeyiphi le ndawo yokugcina izilwanyana **ungazithathela isigqibo ngokulandela ibali** uthi uhlala kufutshane kuyo uModise? | Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali ndithi, uModise uhlala kufutshane neNdawo yoGcino lweZilwanyana iMakgadikgadi, kuba uhamba neenkomo zakhe zigudle ucingo lwayo. |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze uModise athathe isigqibo sokungaze aphinde adlale ngabemi belali kwakhona? | • Kuba waqonda ukuba oko kwamenza akahlonipheka/ wacaphuka/ wanomsindo.<br>• Kuba waqonda ukuba wathi akudlala ngabo, oko kwakuthetha ukuba abayi kuza xa ebadinga.<br>• Kuba wabona ukuba ukudlala ngabantu kwakunemiphumela engathandekiyo. |

IVEKI 4



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 4.**
2 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha :
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- iziphumo
- khohlisa
- ukungahoyi

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Masithethe inyaniso- ngamaxesha onke | *Linganisa ngesandla umntu othethayo unqwale uze ukhombe esihlahleni ubonisa ixesha* |
| Masithethe inyaniso- ezintweni zonke | *Lingisa ngesandla umntu othethayo unqwale use isandla sokunene macala* |
| Ubuxoki bubhebhethe – thetha inyaniso | *Misa umnwe wokukhomba unikine intloko uze ulingise umntu othethayo unqwale intloko* |
| Zonk'izinto zakulunga | *Misa ubhontsi phambi kwakho* |
| Wakuthetha inyaniso | *Lingisa ngesandla umntu othethayo unqwale intloko* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala ifreyimu yengxoxo ebhodini
  **i** Kweli bali……
  **ii** Imiphumela kaModise yokungathembeki……..
  **iii** Ndicinga eli bali lindifundise ……

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwifreyimu yengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

**4** Abafundi baza kunikana amathuba kumaqela bephendula imibuzo kwifreyimu yengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.

**7** Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.

**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukufumana Amagama

Imizuzu 15

Bhala itheyibhuli yakho ebhodini enezandi esezifundiwe kwakunye namagama nezandi ebezifundwe kwisifundo sangoLwesiBini noLwesiThathu.


| nty | nkx | a |
|---|---|---|
| u | h | i |
| t | y | l |
| m | b | o |
| s | z | |

### YENZA UMFUZISELO

1 Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: **/ nty** / no **/ nkx /**
2 Hlaziya zonke iizandi namagama akhiwe ngokuhlanganiswa ebhodini.
3 Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4 Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso ngolu hlobo: **/i/** - **/i/-/nkx/-/a/-/s/-/o/** = **inkxaso**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise u: **/ nty / okanye / nkx /**
6 Bonisa abafundi ukwenza amanye amagama njengo: **/b/-/a/-/l/-/a/** = **bala**

### ABAFUNDI BAYENZA

1 Xelela abafundi bavule iincwadi zabo babhale isihloko: **nty, nkx**
2 Yalela abafundi mababhale amagama, banike imizuzu emithathu ukwakha amagama.
3 Banike abafundi imizuzu emi 3 ukufumana ze bakhe amagama kangangoko banako.
4 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
5 Bonisa abafundi iindlela zokwakha la amagama: **izantya, intyatyambo, izantyalantyala, intyabontyi, nkxu, inkxaso, inkxalabo, bala, zola, ibhola, shiya, tsiba**



## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15


### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA / DIBANISA IIMEKO NGOKUFUNDA IBALI**

**YENZA UMFANEKISO WETEKISI**

1 Hlalisa abafundi ezidesikeni bavule iincwadi zabo ubanike amaphepha okuzoba ipensile nekhrayoni.
2 Abafundi namhlanje baza **kubhala** ze **bazobe** ngezinto abalinganiswa abazicingayo okanye abazivayo.
3 Yenza u**mfuziselo** ubabonisa **indlela okhetha ngayo abalinganiswa oko bakucingayo nabakuvayo** umzkl: UModise uhlala ecaleni kwepaki yelizwe. Wolusa imfuyo yakowabo ecaleni kosango lwale paki. Epakini kukho izilwanyana zasendle. Wakhe wabona nendlulamthi. Uyoyika okoko wabona esi silwanyana sasendle uyacinga ukuba inoba zikhona nezinye!
4 Zoba umfanekiso kaModise ebhodini ehleli ecaleni kosango lwepaki ejonge imfuyo esoyika.
5 **Yenza umfuziselo** ufakela ilifu lokucinga kumfanekiso linesivakalisi esi-1 okanye ezibini, umzkl: Ingaba zikhona iingonyama. Ndinovalo!
6 Okulandelayo xelela abafundi ukuba baza kukhetha umlinganiswa badibanise iimeko kwindlela acinga okanye aziva ngayo.
7 Yalela abafundi bavale amehlo baphole. Bafundele itekisi kube kanye kwakhona.
8 Yalela abafundi bavule amehlo ze baqale ukuzoba iingcinga zabo.
9 Ekugqibeleni abafundi **mabaguquke bathethe** ze babelane ngemizobo yabo.

IVEKI 4



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ___________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 4.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

imizuzu 15

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: imifanekiso neentetho zabantu abadumileyo nabasombululi zingxaki abadumileyo.
5. Yenza uphando nakwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: phanda ngoncedo nangezakhono ongazinika abafundi bakho ekusombululeni iingxaki zabo noogxa babo. Nceda abafundi baqonde amacebo okusombulula iingxaki zabo.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 24 & 25, Masenzeni

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 26 Masifunde & 27 Masenzeni

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 28 & 29 Masibhale

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso:** wengxaki owakhe wayisombulula!

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### YAZISA UMXHOLO: UJONGA ULWAZI ABANALO

1. Bonisa abafundi umfanekiso ongaphandle, kwiNcwadi eNkulu yebali**: Iphiko lomoya lika William elingumangaliso**
2. Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha: **Ukusombulula iingxaki**
3. Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4. Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5. Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6. Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a. Chaza iindidi zeengxaki ozaziyo ezifuna ukusonjululwa?
   b. Ngubani osombulula iingxaki?
   c. Zeziphi ezniye iindlela esingasombulula ngazo iingxaki zethu?

### AMAGAMA ASEKWELWE KUMXHOLO

1. Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha :
   Point- Khomba igama
   Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   Say – yitsho igama kwisivakalisi
2. Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
   - iphiko lomoya
   - umbane
   - injineli
   - ubunjineli

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Uyandidinga –nam ngokunjalo | *Khomba omnye kabini uze ubeke isandla kuwe esifubeni* |
| Xa ndixakekile – bambisana nam | *Kekelisa intloko uvule izandla unge uxakiwe , dibanisa izandla zakho esinye sijonge phezulu esinye ecaleni zibambane* |
| Xa uxakekile – ndibambisane nawe | *Khomba omnye ukekelise intloko uvule izandla unge uxakiwe, dibanisa izandla zakho esinye sijonge phezulu esinye ecaleni zibambane* |
| Sidibanis'iintloko – silibal'ezezolo | *Yisa intloko phambili unge uza kuyidibanisa neyomnye, uphose ngesandla ngasemva* |
| Sidibanis'iintloko – sijonge phambili | *Yisa intloko phambili unge uza kuyidibanisa neyomnye, misa iminwe yokukhomba yomibini ukhombe ngayo phambi kwakho* |

## Ukubhala Ngesandla

Imizuzu 15

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla nesihloko: **Amagama isinye ukuya kwisininzi.**
2 Okulandelayo abafundi mababhale amanani u 1-5 ecaleni komgca, betsiba imigca phakathi kwamanani.
3 Biza la magama alandelayo kwisinye. Abafundi mababhale igama ecaleni kwenani elichanelekileyo

**Amagama isinye ukuya kwisininzi**

1 Impuku
2 Intwala
3 Ubomi
4 Umfazi
5 Igusha
6 Intlanzi

4 Okulandelayo, yalela abafundi babhale amagama kwakhona kwisininzi.
5 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo, ubiza izandi ze ucacise indlela yokubhala ngokudibanisa.
6 Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo.
7 Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo:

**Amagama isinye ukuya kwisininzi**

1 impuku
iimpuku
2 intwala
iintwala
3 ubomi
ubomi
4 umfazi
abafazi
5 igusha
iigusha
6 intlanzi
iintlanzi

8 Yalela abafundi bacinge ngezipateni xa befunda okanye bebhala.
9 Yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ________________________________

Amagama: ________________________________

________________________________

Isivakalisi: ________________________________

________________________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1. Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2. Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **Iphiko lomoya likaWilliam elingumangaliso**
3. Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4. Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5. Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6. Funda ibali kube kanye, ungemi.

IVEKI 5

## Ukubhala:

Imizuzu 30

### Ukuyila Nokuhlela

**ISIHLOKO:** Cinga ngelinye lamabali anengxaki owafundileyo kulo nyaka.Bhalela umhlobo wakho okanye isizalwana sakho umxelela ngale ngxaki nendlela esonjlulwe ngayo apha ebalini.

**UMSEBENZI:** Bhala umhlathi ube nezivakalizi ezili -10.

**UBUGCISA BOKUYILA:** Yenza uluhlu.

**YAZISA NGESIHLOKO SOKUBHAL**

1. Yenza umfuziselo ubonisa abafundi ukuba **uyacinga phambi kokuba ubhale.**
2. Cacisa iingcinga zakho zebali ngolu hlobo:
   *Amabali amaninzi anengxaki ethile esonjululwayo. Ndilithande kakhulu ibali esilifundileyo elingoTimeo kwikota ephelileyo. Ndikhumbula ukuba abantu bonke kusapho lwakhe babejongene nokuxhaphazwa ngendlela ezahlukeneyo ngemini enye.*

*Bonke babengaziva kamnandi. UTimeo wayengena kukwazi ukuphelisa ukuxhaphazwa, kodwa wayenako kuwenza usapho lwakhe luzive lungcono kakhulu. Wabanceda ngokubamamela nokubenza bakwazi ukumelana neengxaki zabo ukubheka phambili.*


## YENZA UMFUZISELO UBONISA ICEBO LOKUPLANA (NDIYENZA)

1. Yohlula ibhodi kabini ze kwelinye icala uzobe ifreyimu yokuplana ukubhala.
2. Bonisa abafundi indlela owenza ngayo uluhlu uphendula imibuzo.
3. Phendula imibuzo kwelinye icala le freyimu yokuplana.

| **<u>Imibuzo</u>** | **<u>iPlani</u>** |
|---|---|
| **Umhlathi woku- 1**<br>**1** Uzakukhetha eliphi ibali?<br>**2** Yintoni ingxaki?<br>**3** Yasonjululwa njani ingxaki?<br>**Umhlathi wesi- 2**<br>**1** Ucinge ntoni ngebali? Ngoba?<br>**2** Ucinge ntoni ngohlobo esonjululwe ngayo ingxaki? Ngoba?<br>**3** Ucinga ukuba lomntu uzakufumana le leta uza kufunda ntoni? | **Umhlathi woku- 1**<br>**1** ElikaTimeo nosapho lwakhe.<br>**2** Ingxaki yayikuba abantu kusapho lwakhe babexhatshazwa ngendlela zahlukeneyo.<br>**3** UTimeo wabiza umhlangano wosapho. Waze wabaxelela ngexesha apho anye wayekhe waxhaphazwa. Wanceda wonke umntu ukuba adibanise iimeko ukuze bangaziva bengenabani.<br>**Umhlathi wesi- 2**<br>**1** Ndilithandile ngokuba uTimeo ebengutata olungileyo.<br>**2** Ndicinge beluluhle. Akanakho ukulawula konke okwenzeka ebomini bamalungu osapho lwakhe, kodwa anganceda ngokunika indlebe.<br>**3** Nokuba asinakuzisombulula iingxaki kodwa singanceda ngokumamela. |

## ABAFUNDI BASEBENZISA UBUGCISA BOKWENZA ISICWANGCISO (UYENZA)

1. Abafundi mabavale amehlo bacinge ngebali abalifundlieyo elalinengxaki.
2. Xelela abafundi **baguquke bathethe** nomlingane besabelana ngeengcinga zabo.
3. Bonisa abafundi ifreyimu yokuyila ebhodini, abafundi mabasebenzise le freyimu ukuplana ukwenza umsebenzi wabo njengoko ubuwenzile.
4. Banike incwadi zokubhala.
5. Xelela abafundi ukuba babhale iingcinga zabo – **bangakopi** ezakho.
6. Njengokuba abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe ingxoxwana.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ______________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 5.**
2 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo woku1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: nts**
2 Biza igama: **intsila**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/**-**/nts/**-**/i/**-**/l/**-**/a/**
4 Biza isandi sokuqala kweli gama: **/i/**
5 Biza isandi sesibini kweli gama: **/nts/**
6 Biza isandi sesithathu kweli gama: **/i/**
7 Biza isandi sesine kweli gama: **/l/**
8 Biza isandi sokugqibela kweli gama: **/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **intsila**
10 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eli gama **/i/**-**/nts/**-**/i/**-**/l/**-**/a/** = **intsila**
11 Okulandelayo, biza ilungu lokuqala kweli gama: **/in/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/tsi/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/la/**
14 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa amalungu usakha eli gama: **/in/**-**/tsi/**-**/la/** = **intsila**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **nts**
2 Biza igama: **intsika**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/nts/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/i/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/k/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama: **/a/**
8 Cela abafundi bohlule igama ngokwezandi zlo ezahlukeneyo: **/i/**-**/nts/**-**/i/**-**/k/**-**/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **intsika**
10 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa izandi usakha eli gama **/i/**-**/nts/**-**/i/**-**/k/**-**/a/** = **intsika**
11 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? **/in/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? Ask learners: **/tsi/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? Ask learners: **/ka/**
14 Xelela abafundi bahlanganise amalungu bakhe eli gama: **/in/**-**/tsi/**-**/ka/** = **intsika**

**UYENZA**

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u- nq**
2 Abafundi mababhale amanani 1 -5.
3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **intsila**
   2 **intsika**
   3 **intselo**
   4 **ezantsi**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanelekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi eso kufundwa ngaso.
5 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
6 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la amagama ngokubhala ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________________________________


Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ ukubhala izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala oonobumba abancinci ngokudibanisa: **nts**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ebekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.



## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Ufundo Lokuqala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYAHLOLA IMEKO**


| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>Iphiko lomoya likaWilliam elingumangaliso</u>** | **PHAMBI KOKUFUNDA**<br>Kwihlabathi jikelele abantu basebenzisa amaphiko omoya ukudala umbane. Sibona njalo amaphiko omoya ecaleni kweendawo ezinamanzi, kuba abantu baseMzantsi Afrika amaxesha amaninzi bayawasebenzisa la maphiko ukunika amandla iimpompo zabo zamanzi! Ndiyacinga ingaba eli bali liza kuthetha ngombane okanye ngamanzi na? |
| Eli bali lisekwe kwibali eliyinyaniso likaWilliam Kamkwamba. UWilliam wasebenzisa ubugcisa bakhe wanceda abanye abantu ngexesha lobunzima! | |
| UWilliam wakhulela kwilalana yaseMalawi ebizwa ngokuba yiWimbe. Ngexesha lakhe lobuntwana, kwakungekho mbane kwilali yakhe. Abantu belali kaWilliama babexhomekeke kumanzi emvula ukuze bankcenkceshele izityalo zabo. | **Masihlole** ingxaki kweli bali: kwakungekho mbane kwilali kaWilliam. |
| Xa wayeneminyaka eli-14 uWilliam, kwabakho imbalela enkulu. Kwakungekho kutya kwaneleyo, abantu elalini bathwaxwa yindlala. Usapho lukaWilliam lwalunokutya okuncinci lufumana isidlwana esincinci ngokuhlwa.<br>UWilliam wanyanzeleka ukuba ayeke isikolo kuba abazali bakhe babengenayo imali yentlawulo yesikolo. | Oo! Yayingekho nye kuphela ingxaki kaWilliam… wayethwaxwa yindlala kwanyanzeleka aphume esikolweni. |
| Ngexesha awayengenzi nto ngalo, uWilliam wayethanda ukuya kwithala leencwadi aye kufunda. Ngenye imini, wafumana incwadi ethi, *Ukusebenzisa Amandla.* Le ncwadi yayinomfanekiso wephiko lomoya elikhulu eqweqweni. Le ncwadi yayicacisa ukuba amaphiko omoya anako ukusetyenziselwa ukwenza amandla ombane. Le ncwadi yayikwanika nemiyalelo yokwenza iphiko lomoya.<br>Ngaloo mini, uWilliam wathatha isigqibo sokuba uya kuzisa umbane namanzi kwilali yakhe esebenzisa eli phiko lomoya. | Ndicinga ukuba wathi akubona iphiko lomoya uWilliam, waqonda ukuba anganceda alungise ingxaki enkulu eWimbe! |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Kodwa, akuzange kube lula kuWilliama ukufumana izinto zokusebenza ezazibhalwe encwadini. Bathi abanye abantwana abangangaye besesikolweni wabe uWilliam evumbulula kwiindawo zokulahla ubugoxo. UWilliama wafumana izinto zokusebenza ezivela kubugoxo beteletele, ubugoxo bebhayisekile, imibhobho yeplastiki, kunye namaqhekeza esinyithi. | **Ndihlola imeko** ndithi ukusombulula le ngxaki kwakungekho lula kuWilliam. Wasebenza kakhulu! |
| Ngeentsuku uWilliam awayevumbulula ngazo kwiindawo zobugoxo obulahliweyo, abantu babesithi uyaphambana. Babemenza intlekisa, bemhleka. Kodwa uWilliam akazange awavumele loo mazwi enkohlakalo ukuba eme endleleni yakhe, kuba wayezimisele ukwakha iphiko lomoya. | |
| Ekhaya, uWilliam wayesebenzisa imiyalelo esencwadini kunye naso zonke izixhobo zokusebenza awayezifumene ukwakha iphiko lomoya lakhe. Ngobunye ubusuku, wathi ekugqibeleni wabeka umbhobho omncinci weplastiki endaweni efanelekileyo laza iphiko lomoya lajikeleza. | |
| Esi sixhobo siyilwe nguWilliam senza amandla awoneleyo okukhanyisa iibhalbhu ezine ze sidlale nonomathotholo owawusendlwini! UWilliam wawusebenzisela ukufunda ebusuku lo mbane xa kumnyama phandle. Izibane endlwini yakhe zamenza waziva ekhululekile. | Wowu! UWilliam usebenze wasebenza esakha iphiko lomoya elincinci. **Ndihlola imeko** ndithi ungumntu onengqondo ekrelekrele. |
| Kodwa uWilliam wayefuna ukwenza ngaphezulu kunokuzisa umbane kwelakhe ikhaya – uWilliam wayefuna ukuqinisekisa ukuba bonke abantu belali yakhe banombane namanzi okunkcenkceshela izityalo zabo. UWilliam wasebenza nzima esakha iphiko lomoya elikhulu embindini waseWimbe. Ngokusebenzisa amandla avela kwiphiko lakhe lesibini wampompa amanzii kumsele onzulu. Lo msele wathetha ukuba abantu abangamafama aseWimbe babengasayi kulinda mvula ukuze bankcenkceshele izityalo zabo – izityalo zabo zazisoloko zifumana amanzi! | UWilliama wayesazi ukuba abanye abantu belali yakhe babehlupheka njengaye. Ndicinga ukuba oku kwamenza uWilliam **ahlole imeko** athi kwakungalunganga ukuzinceda yedwa; wayefanele ukunceda nabamelwane bakhe! |
| Emva kweminyaka embalwa, kwafika intatheli eWimbe yaza yabhala ibali likaWilliam kwiphephandaba. Abantu abaninzi eMalawi jikelele nehlabathi lafunda ngombono ongumangaliso kaWilliam. | Abanye abantu kwihlabathi jikelele balihlola iphiko lomoya likaWilliam. Abantu abaninzi abangamaziyo bafanele ukuba bacinga ukuba ukrelekrele kakhulu, kuba bamhlawulela ukuba abuyele esikolweni! |

IVEKI 5

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| UWilliam wenza intetho kwividiyo ecacisa into ayenzileyo, ukuze abantu behlabathi jikelele bakwazi ukusebenzisa umbono wakhe! Ekugqibeleni abantu angabaziyo bachukumiseka ngendlela engumangaliso bubugcisa bukaWilliam baza bamhlawulela ukuba abuyele esikolweni agqithele naseYunivesithi! | |
| UWilliam usasebenza nzima eqinisekisa ukuba bonke abantu bayafikelela kumbane namanzi. | |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| Lanika ntoni amandla iphiko lomoya lokuqala likaWilliam? | Lanika amandla iibhalbhu ezine kunye nonomathotholo endlwini. |
| Lanika ntoni amandla iphiko lomoya lesibini likaWilliam? | Lanika amandla umsele onzulu olungele ilali iphela. |
| **Imibuzo efuna isizathu** | **Iimpendulo ezililindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze uWilliam afune ukulungisa ingxaki yombane kwindawo yakhe yokuhlala? | • Kuba wayefuna ukufunda ebusuku.<br>• Kuba wayefuna ukuqinisekisa ukuba onke amafama afumanela izityalo zawo amanzi.<br>• Kuba wayefuna ukunceda wonke umntu kwindawo ahlala kuyo – hayi yena yedwa. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ______________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 5.**
2. Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6. Cacisa uMsebenzi **wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye imisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

Imizuzu 15

### ISIGAMA SOMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha :
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- indlala
- imbalela
- ukulamba

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Uyandidinga –nam ngokunjalo | *Khomba omnye kabini uze ubeke isandla kuwe esifubeni* |
| Xa ndixakekile – bambisana nam | *Kekelisa intloko uvule izandla unge uxakiwe , dibanisa izandla zakho esinye sijonge phezulu esinye ecaleni zibambane* |
| Xa uxakekile – ndibambisane nawe | *Khomba omnye ukekelise intloko uvule izandla unge uxakiwe, dibanisa izandla zakho esinye sijonge phezulu esinye ecaleni zibambane* |
| Sidibanis'iintloko – silibal'ezezolo | *Yisa intloko phambili unge uza kuyidibanisa neyomnye, uphose ngesandla ngasemva* |
| Sidibanis'iintloko – sijonge phambili | *Yisa intloko phambili unge uza kuyidibanisa neyomnye, misa iminwe yokukhomba yomibini ukhombe ngayo phambi kwakho* |

IVEKI 5

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI

**1** Yohlula abafundi babe ngamaqela amancinane.

**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.

**3** Xelela abafundi bacinge ngebali eliza kungena kwimifanekiso.

**4** Nika abafundi umzuzu ube mnye okanye ibe mibini becinga ngokwakha ibali .

**5** Okulandelayo umfundi ngamnye kwiqela makabelane ngebali lakhe alakhileyo.



6 Khumbuza abafundi ukuba ibali ngalinye kumele linike umdla kwaye lihambelane nemifanekiso!
7 Cela abafundi babelane kwaye bamamelame amabali abo.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

## Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

### NDIYENZA

1 Biza isandi**: nkq**
2 Biza igama: **inkqayi**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/nkq/-/a/-/y/-/i/**
4 Biza isandi sokuqala: **/i/**
5 Biza isandi sesibini kweli gama: **/nkq/**
6 Biza isandi sesithathu kweli gama: **/a/**
7 Biza isandi sesine kweli gama: **/y/**
8 Biza isandi sokugqibela: **/i/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **inkqayi**
10 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa izandi usakha eli gama **/i/-/ nkq /-/a/-/y/-/i/** = **inkqayi**
11 Okulandelayo, biza ilungu lokuqala kweli gama: **/in/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/kqa/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/yi/**
14 Yenza umfuziselo ukhomke uhlanganisa amalungu usakha eli gama: **/in/-/kqa/-/yi/** = **inkqayi**

### SIYENZA

1 Biza isandi: **nkq**
2 Biza igama: **inkqubela**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/nkq/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/u/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/b/**
7 Buza abafundi: ngubani isandi sesihlanu kweli gama? **/e/**
8 Buza abafundi: ngubani isandi sesitandathu kweli gama? **/l/**
9 Buza abafundi: ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/a/**
10 Cela abafundi bohlule igamangokwezandi zalo ezahlukeneyo: **/i/-/ nkq /-/u/-/b/-/e/-/l/-/a/**
11 Bhala igama elipheleleyo: **inkqubela**

12 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa izandi usakha eli gama **/i/**-/ **nkq** /-/**u**/-/**b**/-/**e**/-/**l**/-/**a**/ = **inkqubela**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? **/in/**
14 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/kqu/**
15 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/be/**
16 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokugqibela kweli gama? **/la/**
17 Xelela abafundi bahlanganise amalungu bakhe eli gama: **/in**/-/**kuq**/-/**be**/-/**la/** = **inkqubela**

### UYENZA


1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u- nz**
2 Abafundi mababhale amanani 1 -4.
3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **nkqonkqo**
   2 **inkqayi**
   3 **inkqubela**
   4 **nkqonkqoza**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi eso kufundwa ngaso.
5 Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo, bhala amagama ebhodini ukrwele isandi umgca ngaphantsi.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepensile enombala.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________




## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

## Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibaniso: **nkq**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.

**4** Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
**5** Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
**6** Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
**7** Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.




**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukubhala:

30 imizuzu

### Idrafti

**ISIHLOKO:** Cinga ngelinye lamabali anengxaki owafundlieyo kulo nyaka.Bhalela umhlobo wakho okanye isizalwana sakho umxelela ngale ngxaki nendlela esonjululwe ngayo apha ebalini.

**UMSEBENZI:** Bhala umhlathi ube nezivakalizi ezili -10.

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

……..endimthandayo

Sifunda ngokusombulula ingxaki .Bendifuna ukukuxelela……….

Kweil bali……

Ingxaki………….

Bendifuna ukukuxelela ngeli bali ngoba…..

Ndicinga……….

Ndifunde……….

Ngothando


…………………

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala iplani le ubuyenze ngoMvulo ebhodini.



**YENZA UMFUZISELO UBONISA UKUDRAFTA (NDIYENZA)**

1. Khumbuza abafundi ngeplani oyenze ngoMvulo.
2. Funda iplani yakho njengoko ibhaliwe ebhodini.
3. Funda isakhelo sokubhala.
   Babonise indlela yokugcwalisa isakhelo sokubhala njengalapha:
   ……..endimthandayo
   **Sifunda ngokusombulula ingxaki. Bendifuna ukukuxelela** ngebali endilifundileyo elithi *uTimeo unceda usapho lwakhe.* **Kweil bali** usapho lukaTimeo lufumana ukuxhaphazeka. **Ingxaki** yeyokuba luyakhathazeka. UTimeo uthatha isigqibo sokuba alwenze luzive ngcono ngokubiza umhlangano wosapho aze amamele iingxaki zabo. **Bendifuna ukukuxelela ngeli** bali ngoba ndiyayithanda indlela uTimeo awazixazulula ngayo iingxaki zosapho lwakhe. **Ndicinga** ukuba wenza umsebenzi omhle kakhulu ngokumamela. Wonke umntu waziva engcono kakhulu. **Ndifunde** ukuba ngamanye amaxesha ukuthetha nokumamela kuyanceda.
   Ngothando
   …………………



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 5.**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 5

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukutshintsha Isandi

Imizuzu 15

### NDIYENZA......

1 Baxelele ukuba namhlanje siza kufunda ukujonga umahluko kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngabafundi abangcono.
2 Bhala la magama mabini ebhodini: **intsila, intsika**
3 Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha: **intsi<u>la</u>, intsi<u>ka</u>**
4 Cacisa umahluko ku: **/ la /** no **/ ka /** ezi zandi zibizwa ngokwahlukileyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

### SIYENZA...

#### ISIQENDU SOKU 1

1 Bhala la magama mabini ebhodini: **intselo, intsila**
2 Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3 Biza umfundi eze ngaphambili aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama: **intse<u>lo</u>** , **intsi<u>la</u>**
4 Baxelele umahluko kumagama.

#### ISIQENDU SESI 2

1 Bhala eli gama ebhodini: **intselo**
2 Buza abafundi: **Sesiphi isandi onokusitshintsha nesi sandi ukwakha igama elitsha?**
3 Bhala iimpendulo zabafundi usenza uluhlu ebhodini: **inqw<u>elo</u>, intsw<u>elo</u>, ingx<u>elo</u>, idl<u>elo</u>**

### WENZE...

1 Bhala eli gama ebhodini: **intsila**
2 Yalela abafundi benze amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela kwigama.
3 Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4 Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
**z<u>ila</u>, ch<u>ila</u>, ig<u>ila</u>, b<u>ila</u>, l<u>ila</u>**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Isifundo Sesibini


**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYAHLOLA IMEKO**

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>Iphiko lomoya likaWilliam elingumangaliso</u>** | **PHAMBI KOKUFUNDA**<br>Kwihlabathi jikelele abantu basebenzisa amaphiko omoya ukudala umbane. Sibona njalo amaphiko omoya ecaleni kweendawo ezinamanzi, kuba abantu baseMzantsi Afrika amaxesha amaninzi bayawasebenzisa la maphiko ukunika amandla iimpompo zabo zamanzi! Ndiyacinga ingaba eli bali liza kuthetha ngombane okanye ngamanzi na? |
| Eli bali lisekwe kwibali eliyinyaniso likaWilliam Kamkwamba. UWilliam wasebenzisa ubugcisa bakhe wanceda abanye abantu ngexesha lobunzima! | |
| UWilliam wakhulela kwilalana yaseMalawi ebizwa ngokuba yiWimbe. Ngexesha lakhe lobuntwana, kwakungekho mbane kwilali yakhe. Abantu belali kaWilliama babexhomekeke kumanzi emvula ukuze bankcenkceshele izityalo zabo. | |
| Xa wayeneminyaka eli-14 uWilliam, kwabakho imbalela enkulu. Kwakungekho kutya kwaneleyo, abantu elalini bathwaxwa yindlala. Usapho lukaWilliam lwalunokutya okuncinci lufumana isidlwana esincinci ngokuhlwa.<br>UWilliam wanyanzeleka ukuba ayeke isikolo kuba abazali bakhe babengenayo imali yentlawulo yesikolo. | **Ndihlola imeko** ndithi iminyaka eli-14 yayilelona xesha linzima kusizana olunguWilliam. |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ngexesha awayengenzi nto ngalo, uWilliam wayethanda ukuya kwithala leencwadi aye kufunda. Ngenye imini, wafumana incwadi ethi, *Ukusebenzisa Amandla.* Le ncwadi yayinomfanekiso wephiko lomoya elikhulu eqweqweni. Le ncwadi yayicacisa ukuba amaphiko omoya anako ukusetyenziselwa ukwenza amandla ombane. Le ncwadi yayikwanika nemiyalelo yokwenza iphiko lomoya.<br><br>Ngaloo mini, uWilliam wathatha isigqibo sokuba uya kuzisa umbane namanzi kwilali yakhe esebenzisa eli phiko lomoya. | UWilliam wayengakwazi ukuya esikolweni, kodwa wayesiya kwithala leencwadi ukuze azifundela eyedwa. **Ndihlola imeko** ndithi uWilliam wayezimisele ukufunda. |
| Kodwa, akuzange kube lula kuWilliama ukufumana izinto zokusebenza ezazibhalwe encwadini. Bathi abanye abantwana abangangaye besesikolweni wabe uWilliam evumbulula kwiindawo zokulahla ubugoxo. UWilliama wafumana izinto zokusebenza ezivela kubugoxo beteletele, ubugoxo bebhayisekile, imibhobho yeplastiki, kunye namaqhekeza esinyithi. | UWilliam uvumbulula kwindawo yokulahla ubugoxo noxa abantu bemenza intlekisa. Oku kundinceda **ekuhloleni imeko** ndithi uWilliam ngumntu ozimiselayo. |
| Ngeentsuku uWilliam awayevumbulula ngazo kwiindawo zobugoxo obulahliweyo, abantu babesithi uyaphambana. Babemenza intlekisa, bemhleka. Kodwa uWilliam akazange awavumele loo mazwi enkohlakalo ukuba eme endleleni yakhe, kuba wayezimisele ukwakha iphiko lomoya. | |
| Ekhaya, uWilliam wayesebenzisa imiyalelo esencwadini kunye naso zonke izixhobo zokusebenza awayezifumene ukwakha iphiko lomoya lakhe. Ngobunye ubusuku, wathi ekugqibeleni wabeka umbhobho omncinci weplastiki endaweni efanelekileyo laza iphiko lomoya lajikeleza. | UWilliam wazama izixhobo zokusebenza ezininzi. Izinto ezininzi awazizamayo azizange zisebenze. Kodwa akazange anikezele lula! |
| Esi sixhobo siyilwe nguWilliam senza amandla awoneleyo okukhanyisa iibhalbhu ezine ze sidlale nonomathotholo owawusendlwini! UWilliam wawusebenzisela ukufunda ebusuku lo mbane xa kumnyama phandle. Izibane endlwini yakhe zamenza waziva ekhululekile. | |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Kodwa uWilliam wayefuna ukwenza ngaphezulu kunokuzisa umbane kwelakhe ikhaya – uWilliam wayefuna ukuqinisekisa ukuba bonke abantu belali yakhe banombane namanzi okunkcenkceshela izityalo zabo. UWilliam wasebenza nzima esakha iphiko lomoya elikhulu embindini waseWimbe. Ngokusebenzisa amandla avela kwiphiko lakhe lesibini wampompa amanzii kumsele onzulu. Lo msele wathetha ukuba abantu abangamafama aseWimbe babengasayi kulinda mvula ukuze bankcenkceshele izityalo zabo – izityalo zabo zazisoloko zifumana amanzi! | UWilliam wayezimisele ukunceda hayi yena kuphela koko nabanye, ndiyakwazi **ukuhlola imeko nditsho** kuba uWilliam wakha iphiko lomoya lomntu wonke elalini! |
| Emva kweminyaka embalwa, kwafika intatheli eWimbe yaza yabhala ibali likaWilliam kwiphephandaba. Abantu abaninzi eMalawi jikelele nehlabathi lafunda ngombono ongumangaliso kaWilliam.<br><br>UWilliam wenza intetho kwividiyo ecacisa into ayenzileyo, ukuze abantu behlabathi jikelele bakwazi ukusebenzisa umbono wakhe! Ekugqibeleni abantu angabaziyo bachukumiseka ngendlela engumangaliso bubugcisa bukaWilliam baza bamhlawulela ukuba abuyele esikolweni agqithele naseYunivesithi! | |
| UWilliam usasebenza nzima eqinisekisa ukuba bonke abantu bayafikelela kumbane namanzi. | UWilliam usabonakala ezimisele ukusombulula iingxaki ze ancede abanye abantu. |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Zaziyintoni iingxaki ezazijongene noWilliam kweli bali? | • Ilali yakhe yayingenambane.<br>• Ilali yakhe yayithwaxwa yindlala.<br>• Kwafuneka ayeke isikolo.<br>• Wayengazifumani izinto ezifanelekileyo zokusebenza ukwakha iphiko lomoya lakhe. |
| Wabuyela njani esikolweni ekugqibeleni uWilliam? | Abantu angabaziyo bambhatalela intlawulo yesikolo emva kokufunda ngephiko lomoya lakhe. |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Yintoni eyenzeka kweli bali esincede ukuba **sihlole imeko** sithi uWilliam unengqondo ekrelekrele kwaye uyazimisela? | • UWilliam waqhuba ezifundisa efunda noxa ephumile esikolweni.<br>• UWilliam wabona umfanekiso wephiko lomoya waze wathatha isigqibo sokulakha.<br>• UWilliam wazingela izixhobo zokwakha iphiko lomoya lakhe kwindawo yokulahla ubugoxo.<br>• UWilliam wagubhulula kwindawo yokulahla ubugoxo noxa abantu babemenza intlekisa.<br>• UWilliam akazange ayeke ngephiko lomoya elinye elincinane – wakha iphiko lomoya elikhulu ukunceda wonke umntu! |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 5.**
2 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- ukuchukumiseka
- oncomekayo
- wahlekwa
- intatheli

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Uyandidinga –nam ngokunjalo | *Khomba omnye kabini uze ubeke isandla kuwe esifubeni* |
| Xa ndixakekile – bambisana nam | *Kekelisa intloko uvule izandla unge uxakiwe , dibanisa izandla zakho esinye sijonge phezulu esinye ecaleni zibambane* |
| Xa uxakekile – ndibambisane nawe | *Khomba omnye ukekelise intloko uvule izandla unge uxakiwe, dibanisa izandla zakho esinye sijonge phezulu esinye ecaleni zibambane* |
| Sidibanis'iintloko – silibal'ezezolo | *Yisa intloko phambili unge uza kuyidibanisa neyomnye, uphose ngesandla ngasemva* |
| Sidibanis'iintloko – sijonge phambili | *Yisa intloko phambili unge uza kuyidibanisa neyomnye, misa iminwe yokukhomba yomibini ukhombe ngayo phambi kwakho* |

IVEKI 5

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala ifreyimu yengxoxo ebhodini
i. Kweli bali …….
ii. UWilliam usombulula ingxaki………
UWilliam singamchaza njengomntu oncomekayo ngoba……….

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwifreyimu yengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

**4** Abafundi baza kunikana amathuba kumaqela bephendula imibuzo kwifreyimu yengxoxo.

5 Abafundi mabakunike inzolo.
6 Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.
7 Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Ukufumana Amagama

Bhala itheyibhuli yakho ebhodini enezandi esezifundiwe kwakunye namagama nezandi ebezifundwe kwisifundo sangoLwesiBini noLwesiThathu.

| nts | nkq | i |
|---|---|---|
| l | a | e |
| z | n | y |
| o | b | k |

**YENZA UMFUZISELO**

1 Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: **/ nts /** no **/ nkq /**
2 Hlaziya zonke iizandi namagama akhiwe ngokuhlanganiswa ebhodini.
3 Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4 Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso seveki ngolu hlobo: **/i/-/nts/-/e/-/l/-/o/** = **intselo**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise u: **/ nts / okanye u / nkq /**
6 Bonisa abafundi ukwenza amanye amagama njengo: **/y/-/o/-/y/-/e/-/l/-/e/** = **yoyele**

**ABAFUNDI BAYENZA**

1 Xelela abafundi bavule iincwadi zabo babhale isihloko: **nts, nkq**
2 Yalela abafundi babhale amagama, banike imizuzu emithathu ukwakha amagama.
3 Banike abafundi imizuzu emi 3 ukufumana ze bakhe amagama kangangoko banako.
4 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
5 Bonisa abafundi iindlela zokwakha la magama:
**Intsila, intsika, intselo, ezantsi, nkqonkqo, inkqayi, nkqonkqoza, yona, zoba, unyaka, inzolo**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA / YENZA ISIGQIBO NGOKUFUNDA IBALI**

**ISISHWANKATHELO SEBALI ESIBHALIWEYO**

1 Phambi kokuba siqale isifundo, bhala esi sihloko silandelayo, imibuzo, neziqali zivakalisi ebhodini.
2 Funda imibuzo nabafundi, ucacisa apho kukho imfuneko.
3 Yalela abafundi baguquke bathethe besabelana ngeempendulo zabo.
4 Yalela abafundu bavule iincwadi zabo, babhale umhla nesihloko ze baphendule imibuzo.
5 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela, jonga iimpendulo nabafundi ze abafundi bazikorekishe.

**IPHIKO LOMOYA LIKAWILLIAM ELINGUMMANGALISO**

1 Wakhulela phi uWilliam?
***UWilliam wakhulela ……***
2 UWilliam wakufundela phi ukwakha iphiko lomoya?
***UWilliam ufunde ukwakha iphiko lomoya e……..***
3 Ucinga ukuba ungumntu onjani uWilliam? Ngoba?
***Ndicinga uWilliam ungumntu…….ngoba…***

**IPHIKO LOMOYA LIKAWILLIAM ELINGUMMANGALISO**

1 Wakhulela phi uWilliam?
***UWilliam wakhulela eWimbe / eMalawi***
2 UWilliam wakufundela phi ukwakha iphiko lomoya?
***UWilliam ufunde ukwakha iphiko lomoya encwadini.***
3 Ucinga ukuba ungumntu onjani uWilliam? Ngoba?
***Ndicinga uWilliam ungumntu ozimiseleyo ngoba wafumana indlela yokuzisa umbane kwilali yakhe.***

IVEKI 5

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ______________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 5.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki imizuzu 15

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

# IBanga 3
# IKOTA 3
# Iveki 6

# UMXHOLO:
# Ukusombulula iingxaki

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: imifanekiso neentetho zabantu abadumileyo nabasombululi zingxaki abadumileyo njengo William Kamkwamba no Kelvin Doe.
5. Yenza uphando nakwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: phanda imifanekiso yabantu abatsha abadumileyo abenze umahluko ekuhlaleni njengo William noKelvin.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 30- 32, Masenzeni

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 36 Masifunde

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 37- 39 Masenzeni

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso:** womntu okunceda ukusombulula ingxaki zakho!

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### YAZISA UMXHOLO: UJONGA ULWAZI ABANALO

1 Bonisa abafundi umfanekiso ongaphandle, kwiNcwadi eNkulu yebali: **UKelvin Doe: UDJ Focus**
2 Xelela abafundi ukuba siyaqhubeka nomxholo wethu: **Ukusombulula iingxaki**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Zeziphi iingxaki esizibonileyo kumabali esiwafundileyo kulo nyaka?
   b Zisonjululwe njani ezi ngxaki?
   c Zeziphi ezinye indlela ozaziyo zokusombulula ingxaki?
   d Zeziphi ezinye indlela ezimbi ozaziyo zokusombulula?
   e Kutheni kubalulekile ukusombulula iingxaki?

### AMAGAMA ASEKWELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha :
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
- gxila
- ibhetri
- uyilo

IVEKI 6

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Uyandidinga –nam ngokunjalo | *Khomba omnye kabini uze ubeke isandla kuwe esifubeni* |
| Xa ndixakekile – bambisana nam | *Kekelisa intloko uvule izandla unge uxakiwe , dibanisa izandla zakho esinye sijonge phezulu esinye ecaleni zibambane* |
| Xa uxakekile – ndibambisane nawe | *Khomba omnye ukekelise intloko uvule izandla unge uxakiwe, dibanisa izandla zakho esinye sijonge phezulu esinye ecaleni zibambane* |
| Sidibanis'iintloko – silibal'ezezolo | *Yisa intloko phambili unge uza kuyidibanisa neyomnye, uphose ngesandla ngasemva* |
| Sidibanis'iintloko – sijonge phambili | *Yisa intloko phambili unge uza kuyidibanisa neyomnye, misa iminwe yokukhomba yomibini ukhombe ngayo phambi kwakho* |

## Ukubhala Ngesandla

Imizuzu 15

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla nesihloko: **Izivakalisi isinye ukuya kwisininzi**

2 Okulandelayo abafundi mababhale amanani u 1-5 ecaleni komgca, betsiba imigca phakathi kwamanani.

3 Biza izivakalisi kwisinye ngolu hlobo lungezantsi. Abafundi mababhale izivakalisi ecaleni kwenani elichanelekileyo.

**Izivakalisi Isinye ukuya kwisininzi**

1 Impuku itya isonka samasi.
2 Intwala ibeka amaqanda.
3 Indoda ibuxabisile ubomi bayo.
4 Umfazi mhle.
5 Igusha itya ingca.
6 Intlanzi itya umnyiki.

4 Okulandelayo, yalela abafundi babhale izivakalisi kwakhona kwisininzi.

5 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo, ubiza izandi ze ucacise indlela yokubhala ngokudibanisa.

6 Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo: apho kukho utshintsho khona

7 Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo:

**Izivakalisi Isinye ukuya kwisininzi**

1 Impuku itya isonka samasi.
Iimpuku zitya isonka samasi

2 Intwala ibeka amaqanda.
Iintwala zibeka amaqanda.

3 Indoda ibuxabisile ubomi bayo.
Amadoda abuxabisile ubomi.

4 Umfazi mhle.
Abafazi bahle
5 Igusha itya ingca
Iigusha zitya ingca.
6 Intlanzi itya umnyiki.
Iintlanzi zitya iminyiki

8 Yalela abafundi bacinge ngezipateni xa befunda okanye bebhala.
9 Yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ________________________________

Amagama: ________________________________

________________________________

Isivakalisi: ________________________________

________________________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1. Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2. Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **UKelvin Doe: UDj Focus**
3. Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4. Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5. Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6. Funda ibali kube kanye, ungemi.

## Ukubhala:

Imizuzu 30

### Ukuhlela

**ISIHLOKO:** Cinga ngelinye lamabali anengxaki owafundileyo kulo nyaka.Bhalela umhlobo wakho okanye isizalwana sakho umxelela ngale ngxaki nendlela esonjululwe ngayo apha ebalini.

**UMSEBENZI:** Bhala umhlathi ube nezivakalizi ezili -10.

**UKULUNGISELELA:**

- Bhala itshekhilisti yokuhlela ebhodini phambi kokuqala ngesifundo.
- Bhala idrafti yakho ibe nempazamo enye ukuya kwezimbini phambi kokuqala ngesifundo.

**ITSHEKHILISTI YOKUHLELA:**


1. Ingaba ndibhale ingathi ndithetha nomntu?
2. Ingaba ndiyishwankathele ingxaki yeli bali?
3. Ingaba ndibhale iingcinga zam ngendlela esonjululwe ngayo ingxaki?
4. Ingaba ndisibhalile isibuliso nesiphelo kule leta (…..endimthandayo) (Ngothando…..)?
5. Ingaba ndinazo izivakalisi ezili-10?
6. Ingaba ndiwapele onke amagama kakuhle?
7. Ingaba zonke izivakalisi zam ziqala ngonobumba omkhulu?
8. Ingaba zonke izivakalisi zam ziphela ngesingxi okanye uphawu lokukhuza?

#### YENZA UMFUZISELO WENKQUBO YOKUHLELA (NDIYENZA)

1. Fundela abafundi itshekhlisti yokuhlela ukhwaze.
2. Fundela abafundi idrafti yakho ukhwaze.
3. Jonga itshekhlisti yakho, ujonge nedfrafti yakho ukuba ichanekile okanye kufuneka wenze izilungiso okanye uphucule ukubhala.
4. Yenza umfuziselo ubonisa le nkqubo kubafundi.

#### ABAFUNDI BAZALISA INKQUBO YOKUHLELA (UYENZA)

1. Banike incwadi zokubhala.
2. Abafundi mabafumane iidrafi zabo ezincwadini.
3. Xelela abafundi bajonge itshekhlisti yokuhlela ze benze izilungiso okanye ukuphucula okufunekayo.
4. Njengokuba abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe ingxoxwana.
5. Lungisa iimpazamo ezifanayo kumbhalo wabafundi.
6. Abafundi mabakunike inzolo ubhale zonke iimpazamo ebhodini. Bonisa abafundi indlela yokulungisa ezi mpazamo.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 6.**
2 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo woku1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: krw**
2 Biza igama: **krwe**
3 Cazulula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/krw/-/e/**
4 Biza isandi sokuqala: **/krw/**
5 Biza isandi sesibini kweli gama: **/e/**
6 Bhala igama elipheleleyo: **krwe**
7 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa izandi usakha eli gama **/krw/-/e/** = **krwe**
8 Okulandelayo, biza ilungu lokuqala kweli gama: **/krwe/**
9 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa amalungu usakha eli gama: **/krwe/** = **krwe**

**SENZE**

1 Biza isandi: **krw**
2 Biza igama: **ikrwala**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama: **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/krw/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/l/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/a/**
8 Bhala igama elipheleleyo: **ikrwala**
9 Cela abafundi bohlule igama ngokwezandi zalo ezahlukeneyo: **/i/-/krw/-/a/-/l/-/a/**
10 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: **/i/-/ krw /-/a/-/l/-/a/** = **ikrwala**
11 Buza abafundi: N gubani ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/krwa/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokugqibela kweli gama? **/la/**
14 Xelela abafundi bahlanganise amalungu bakhe eli gama: **/i/-/krwa/-/la/** = **ikrwala**

**UYENZA**

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u**- **ny**
2 Abafundi mababhale amanani 1 -3.
3 Bizela la magama alandelayo:
    1 **krwe**
    2 **ikrwala**



IVEKI 6

   3 **krwela**
   4 **ikrwada**

4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi eso kufundwa ngaso.
5 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
6 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la amagama ngokubhala ngokudibaniso kwisifundo esilandelayo.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala oonobumba abancinci ngomdibaniso: **krw**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ebekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.



krwela

ikrwada

Ikrwala likrwela umgca.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Ufundo Lokuqala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA:**


| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UKelvin Doe: UDJ Focus** | Namhlanje siza kuqhuba **sidibanisa iimeko** phakathi kweli bali nebali esilifunde kwiveki ephelileyo elingecebo elingumangaliso lephiko lomoya likaWilliam. Siza kucinga ngamabali ayeleleyo. |
| Eli bali lisekwe phezu kwebali eliyinyaniso lika Kelvin Doe. UKelvin Doe ligcisa elinguvulindlela elasebenzisa ubuchule bendalo nokuzimisela ukunceda abantu bendawo yakhe. | Ndiyakwazi **ukudibanisa iimeko** nencwadi esifunde ngoWilliam. Eli bali kunye nebali elingoWilliam ngamabali ayinyaniso. Omabini angabantu abasebenzisa ubugcisa babo ukunceda abanye abantu. |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| UKelvin wazalelwa eFreetown, eSierra Leone. Ekukhuleni kwakhe indawo awayehlala kuyo eFreetown yayineengcingo ezininzi zokuhambisa amandla ombane kodwa zazingazisi mbane kumakhaya amaninzi abantu. Izibane zazikhanya mhlawumbi, kanye ngeveki. Amaxesha amaninzi abantu babehlala ebumnyameni. | Bobabini uWilliam noKevin babengenambane kumakhaya abo ekukhuleni kwabo! |
| UKelvin wathi eneminyaka eli-10 kuphela, wathatha isigqibo sokuba iya kuba nguye oya kusombululela abamelwane bakhe ingxaki yombane. UKelvin waqala ngokuqokelela intsimbi nesinyithi esilahliweyo, izinto zokusebenza ezophukileyo zaza zalahlwa kunye nezixhobo ezisebenza ngombane ezophukileyo. wayegqogqa kuyo yonke imigqomo yaseFreetown ekhangela nantoni na anokuyifumana ukuze azifundise. | Ndingakwazi **ukudibanisa enye imeko** phakathi kuka Kevin noWilliam – bobabini bathatha isigqibo sokuba iya kuba ngabo abazisa umbane kwiindawo abahlala kuzo! |
| Emva koko, uKevin wayechitha iiyure ezininzi ehlanganisa iindawana kwizixhobo zombane ezaphukileyo ukuze zibuye zisebenze kwakhona. Wazifundisa ubunjineli ngokuzama elinga aphazame efunda, enika umgqalasela ongumangaliso. | UKevin noWilliam bobabini bazifundisa ubunjineli! Bobabini bafanele ukuba ngabantu abatsha abazimiseleyo. |
| Wathi xa ene-13 leminyaka uKevin, wabe enze ibhetri esebenzise izixhobo ezilahliweyo eziquka isoda, iasidi, isinyithi kunye neteyipu. Le bhetri yayomelele ngokwaneleyo ukuba ikhanyise amakhaya kwingingqi yakhe ize imncede kumsebenzi wakhe omtsha awayewenza. | Bobabini uWilliam noKevin bazisa ukukhanya kumakhaya abo nakumakhaya abamelwane babo! |
| Emva koko uKelvin weva ngenkampu yamagcisa ayila izinto eyayisenziwa nguDavid Sengeh. UDavid wacela umngeni kubantu abatsha ukuba bacinge ngezona ngxaki zinzima zijongene neendawo abahlala kuzo ze beze nezisombululo.<br><br>UKelvin wathatha isigqibo sokuba ulutsha lwendawo yakhe ludinga ilizwi. UKelvin waqokelela abanye benza iqela baza bafaka isicelo kwinkampu ukuze badibanise benze konke ababeza kukudinga ukuze bamise isikhululo sosasazo ngonomathotholo. 'Ukuba sinesikhululo sosasazo, singaxoxa ngemiba edla umzi kwindawo esihlala kuyo nakwiSierra Leone iphela,' wacacisa njalo uKevin. | Ndiyakwazi **ukudibanisa iimeko** kuWilliam noKevin kuba bobabini basebenzisa izakhono zabo ukunceda ekwenzeni ngcono iindawo abahlala kuzo. Abazange basebenzise ubunjineli babo bancede obabo ubomi. |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
| --- | --- |
| Kwinkampu kaDavid, uKevin wenza itransmitha yakhe nezinye izixhobo ezifunekayo ukusasazela isikhululo sosasazo sendawo yakhe. | UKevin noWilliam bobabini basebenza bezalisekisa izidingo kwiindawo ababehlala kuzo. UKevin wenza yonke into eyayifuneka kwisikhululo sosasazo kuba wayekholelwa ukuba abantu bendawo yakhe badinga oko. UWilliam wenza yonke into efunekayo ukumpompa amanzi ezityalo zabalimi kuba wabona ukuba abantu badinga oko. |
| Wathi akuba enze yonke into efunekayo, uKelvin waququzela kwakho abasebenzi abasisigxina. Isikhululo sakhe sosasazo saqalisa ukusasaza iindaba, ukufunda izimvo zabantu neembono zabo kwimiyalezo ebhaliweyo, saza sadlala nomculo. Kunomathotholo uKevin waziwa ngokuba nguDJ Focus. Igama likaKevin lobuDJ lisuka kwinkolelo yakhe yokuba ngokumilisela ingqondo, nayiphina into entsha ingenziwa! | |
| Isikhululo sosasazo esingumangaliso sikaKevin sisakhiwo sobugcisa kanye esasifunwa nguDavid. Injongo eyintloko kaDavid yayikukuphuhlisa amawaka waka abantu abatsha ababephupha ngokusombulula iingxaki kwiindawo abahlala kuzo. UDavid wayekholelwa ukuba uKevin wayenazo izakhono nothando olunzulo lwentakazelelo yokutshintsha ingomso labemi baseSierra Leone. Isikhululo sosasazo selinge lobugcisa sikaKevin sakhokhelela ekubeni aphumelele ibhaso eliphambili kwinkampu kaDavid yehlobo. | UDavid wathabatheka bubugcisa bukaKevin. Unondaba kunye nabantu behlabathi jikelele bathabatheka bubugcisa bukaWilliam. Bobabini bangabantu abatsha ababukwayo. |
| UDavid wamthatha ngoku uKevin njengomninawa wakhe. Wayefuna ukunceda uKevin anabise ingqondo nezakhono zakhe ngokusebenza nezinye iinjineli. UDavid wancedisa ukuze uKevin abe yinxalenye yenkqubo yeenjineli ezikhethiweyo kwiYunivesithi yaseMelika eyaziwa ngokuba yiMIT. | Ndiyakwazi **ukudibanisa iimeko**. Bobabini uWilliam noKevin baba nethamsanqa lokuba baqatshelwe ngabantu ze bancedwe ukuze bafumane amathuba athe chatha emfundo! |
| UKevin wayeneminyaka eli-16 ubudala engoyena mntu mncinane wakhe wamenyelwa kule program. Yayikokokuqala uKevin ephuma eSierra Leone. UKevin walithanda eli thuba lokusebenza neenjineli ezinamava aze afunde kuzo. Kodwa, wayekhumbula kakhulu ekhaya – ngakumbi umama wakhe. | |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Kudliwano-ndlebe, uKevin wathi, 'ukuzingisa nothando olunentakazelelo zezona zinto ziphambili zokunkcenkceshela zivuselele ubugcisa bendalo.'<br><br>Kude kube nanamhla, uKevin uthe gqolo esebenzisa ukuzingisa nothando olunentakazelelo ukuqhuba isikhululo sakhe sosasazo, ukwenza izinto ezintsha, nokunceda ekwenzeni ubomi bosapho lwakhe, obabantu bendawo ahlala kuyo kunye nelizwe lakhe libe ngcono. | Bobabini uWilliam noKevin basasebenza ukuphucula ubomi babanye abantu! |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Wakhulela phi uKevin? | Wakhulela eFreetown, eSierra Leone. |
| Yayingubani isiqhulo sikaKevin kwisikhululo sakhe sosasazo? | Isiqhulo sakhe yayinguDJ Focus. |
| **Imibuzo efuna isizathu** | **Iimpendulo ezililindelekileyo** |
| Ungadibanisa ziphi iimeko phakathi kukaWilliam kunye noKevin? | • Bobabini bazifundisa ubunjineli.<br>• Bobabini bakhula ngaphandle kombane.<br>• Bobabini bathatha isigqibo sokusombulula ingxaki yombane kwiindawo ababehlala kuzo.<br>• Bobabini babenobugcisa bendalo bengabantu ababukwayo.<br>• Njl njl. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ______________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 6.**
2. Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6. Cacisa uMsebenzi **wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye imisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

Imizuzu 15

### ISIGAMA SOMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha :
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- okufanayo
- ukukhumbula ekhaya
- uyilo

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Uyandidinga –nam ngokunjalo | *Khomba omnye kabini uze ubeke isandla kuwe esifubeni* |
| Xa ndixakekile – bambisana nam | *Kekelisa intloko uvule izandla unge uxakiwe , dibanisa izandla zakho esinye sijonge phezulu esinye ecaleni zibambane* |
| Xa uxakekile – ndibambisane nawe | *Khomba omnye ukekelise intloko uvule izandla unge uxakiwe, dibanisa izandla zakho esinye sijonge phezulu esinye ecaleni zibambane* |
| Sidibanis'iintloko – silibal'ezezolo | *Yisa intloko phambili unge uza kuyidibanisa neyomnye, uphose ngesandla ngasemva* |
| Sidibanis'iintloko – sijonge phambili | *Yisa intloko phambili unge uza kuyidibanisa neyomnye, misa iminwe yokukhomba yomibini ukhombe ngayo phambi kwakho* |

IVEKI 6

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI

**1** Yohlula abafundi babe ngamaqela amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
**3** Xelela abafundi bacinge ngebali eliza kungena kwimifanekiso.
**4** Nika abafundi umzuzu ube mnye okanye ibe mibini becinga ngokwakha ibali .
**5** Okulandelayo umfundi ngamnye kwiqela makabelane ngebali lakhe alakhileyo.



6 Khumbuza abafundi ukuba ibali ngalinye kumele linike umdla kwaye lihambelane nemifanekiso!
7 Cela abafundi babelane kwaye bamamelame amabali abo.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

## Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

### NDIYENZA

1 Biza isandi**: rhw**
2 Biza igama: **rhweba**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/rhw/-/e/-/b/-/a/**
4 Biza isandi sokuqala: **/rhw/**
5 Biza isandi sesibini kweli gama: **/e/**
6 Biza isandi sesithathu kweli gama: **/b/**
7 Biza isandi sokugqibela: **/a/**
8 Bhala igama elipheleleyo: **rhweba**
9 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama **/rhw/-/e/-/b/-/a/** = **rhweba**
10 Okulandelayo, biza ilungu lokuqala kweli gama: **/rhwe/**
11 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/ba/**
12 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa amalungu usakha eli gama: **/rhwe/-/ba/** = **rhweba**

### SIYENZA

1 Biza isandi: **rhw**
2 Biza igama: **umrhwebi**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/u/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/ m /**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/rhw/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/e/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sesihlanu kweli gama? **/b/**
8 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/i/**
9 Cela abafundi bohlule igama ngokwezandi zalo ezahlukeneyo: **/u/-/ m /-/rhw/-/e/-/b/-/i/**
10 Bhala igama elipheleleyo: **umrhwebi**
11 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa izandi usakha eligama **/u/-/ m /-/rhw/-/e/-/b/-/i/** = **umrhwebi**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? **/um/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/rhwe/**

14 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/bi/**

15 Xelela abafundi bahlanganise amalungu bakhe eli gama: **/um/-/rhwe/-/bi/** = **umrhwebi**

### UYENZA

1. Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u- nw**
2. Abafundi mababhale amanani 1 -5.
3. Bizela la magama alandelayo:
   1. **rhweba**
   2. **umrhwebi**
   3. **rhwaphiliza**
4. Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ekufundwa ngaso.
5. Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo, bhala amagama ebhodini ukrwele umgca ngaphantsi kwesandi.
6. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepensile enombala.
7. Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________



## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

## Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1. Fundisa abafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **rhw**
2. Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/amagama/nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ebekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## Ukubhala: 30 imizuzu

### Ukushicilela Nokwabelana

**ISIHLOKO:** Cinga ngelinye lamabali anengxaki owafundileyo kulo nyaka.Bhalela umhlobo wakho okanye isizalwana sakho umxelela ngale ngxaki nendlela esonjlulwe ngayo apha ebalini.

**UMSEBENZI:** Bhala umhlathi ube nezivakalizi ezili -10.

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

……..endimthandayo

Sifunda ngokusombulula ingxaki .Bendifuna ukukuxelela……….

Kweil bali……

Ingxaki………….

Bendifuna ukukuxelela ngeli bali ngoba…..

Ndicinga……….

Ndifunde……….

Ngothando

…………………

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala iplani le ubuyenze ngoMvulo ebhodini.




#### YENZA UMFUZISELO UBONISA UKUDRAFTA (NDIYENZA)

1 Khumbuza abafundi ukuba ngoMvulo usebenzise itshekhilisti yokuhlela wahlela iidrafti.
2 Xelela abafundi ukuba namhlanje siza kushicilela ze sabelane ngemibhalo yethu.
3 Bonisa abafundi indlela yokubhala kwakhona umbhalo wakho ube nesihloko nomhla.

#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOSHICILELO (UYENZA)

1 Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala okanye amaphepha eA4 ukubhala ileta zabo
2 Yalela abafundi babhale umhla nesihloko: **Ileta engokusombulua ingxaki** : iDrafti
3 Abafundi mababhale umbhalo wakho kwakhona ngaphandle kwempazamo.
4 Abafundi bangafaka umzobo ukuba banexesha **ekupheleni kweleta.**
5 Khumbuza abafundi ngezixhobo abanokuzisebenzisa ukubanceda xa bebhala.
6 Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe iingxoxwana nabo batsala nzima.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 6.**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukutshintsha Isandi

Imizuzu 15

**NDIYENZA……**

1 Baxelele ukuba namhlanje siza kufunda ukujonga umahluko omncinane kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngabafundi abangcono.
2 Bhala la magama mabini ebhodini: **ikrwala, krwela**
3 Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha **ikrwala, krwela**
4 Cacisa umahluko ku: **/ala/** no **/ela/** ezi zandi zibizwa ngokwahlukeneyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

**SIYENZA…**

**ISIQENDU SOKU 1**

1 Bhala la magama mabini ebhodini: **rhweba, umrhwebi**
2 Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3 Biza umfundi eze ngaphambili aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama: **rhweba, umrhwebi**
4 Baxelele umahluko kumagama.

**ISIQENDU SESIBINI**

1 Bhala eli gama ebhodini: **krwela**
2 Buza abafundi: **Sesiphi isandi onokusitshintsha nesi: cela, dela, mamela, sela, isela**

**UYENZA…**

1 Bhala eli gama ebhodini: **rhweba**
2 Yalela abafundi benze amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela kwigama.
3 Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4 Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
**ukuhleba, inxeba, cheba, uceba**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ________________________________________

Amagama: ________________________________________

________________________________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Isifundo Sesibini

**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYAKWAZI UKUDIBANISA IIMEKO**

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UKelvin Doe: UDJ Focus** | Namhlanje. Siza kuqhuba sithelekise ibali likaWilliam nelikaKevin. Namhlanje siza kuqhuba sicinga ngendlela uWilliam noKevin *abohluke ngayo.* |
| Eli bali lisekwe phezu kwebali eliyinyaniso lika Kelvin Doe. UKelvin Doe ligcisa elinguvulindlela elasebenzisa ubuchule bendalo nokuzimisela ukunceda abantu bendawo yakhe. | |
| UKelvin wazalelwa eFreetown, eSierra Leone. Ekukhuleni kwakhe indawo awayehlala kuyo eFreetown yayineengcingo ezininzi zokuhambisa amandla ombane kodwa zazingazisi mbane kumakhaya amaninzi abantu. Izibane zazikhanya mhlawumbi, kanye ngeveki. Amaxesha amaninzi abantu babehlala ebumnyameni. | UKelvin noWilliam bakhulela kwiindawo ezahlukileyo. UWilliam ukhulele kwilali encinane eMalawi, ngelixa uKelvin yena ekhulele kwisixeko esikhulu iSierra Leone. |
| UKelvin wathi eneminyaka eli-10 kuphela, wathatha isigqibo sokuba iya kuba nguye oya kusombululela abamelwane bakhe ingxaki yombane. UKelvin waqala ngokuqokelela intsimbi nesinyithi esilahliweyo, izinto zokusebenza ezophukileyo zaza zalahlwa kunye nezixhobo ezisebenza ngombane ezophukileyo. wayegqogqa kuyo yonke imigqomo yaseFreetown ekhangela nantoni na anokuyifumana ukuze azifundise. | Ndiyakhumbula ukuba uWilliam naye wayegubhulula ekhangela oko wayekudinga. UWilliam wenziwa intlekisa, kodwa kukhangeleka ngathi akukho mntu wakhe wahleka uKevin njengoko wayegqogqa emigqomeni. |
| Emva koko, uKevin wayechitha iiyure ezininzi ehlanganisa iindawana kwizixhobo zombane ezaphukileyo ukuze zibuye zisebenze kwakhona. Wazifundisa ubunjineli ngokuzama elinga aphazame efunda, enika umgqalasela ongumangaliso. | Bobabini uKevin noWilliam bazifundisa ubunjineli, kodwa uWilliam wafunda incwadi. UKevin wasebenzisa ukuzama uphazame ubuye ulungise. |


IVEKI 6

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Wathi xa ene-13 leminyaka uKevin, wabe enze ibhetri esebenzise izixhobo ezilahliweyo eziquka isoda, iasidi, isinyithi kunye neteyipu. Le bhetri yayomelele ngokwaneleyo ukuba ikhanyise amakhaya kwingingqi yakhe ize imncede kumsebenzi wakhe omtsha awayewenza. | UKevin noWilliam bezisa umbane kwiindawo abahlala kuzo kodwa ngeendlela ezahlukileyo – uKevin wenza ibhetri, waza uWilliam yena wenza iphiko lomoya. |
| Emva koko uKelvin weva ngenkampu yamagcisa ayila izinto eyayisenziwa nguDavid Sengeh. UDavid wacela umngeni kubantu abatsha ukuba bacinge ngezona ngxaki zinzima zijongene neendawo abahlala kuzo ze beze nezisombululo.<br><br>UKelvin wathatha isigqibo sokuba ulutsha lwendawo yakhe ludinga ilizwi. UKelvin waqokelela abanye benza iqela baza bafaka isicelo kwinkampu ukuze badibanise benze konke ababeza kukudinga ukuze bamise isikhululo sosasazo ngonomathotholo. 'Ukuba sinesikhululo sosasazo, singaxoxa ngemiba edla umzi kwindawo esihlala kuyo nakwiSierra Leone iphela,' wacacisa njalo uKevin. | Bobabini uWilliam noKevin basebenzisa izakhono zabo ukujongana neemfuno abazibona kwiindawo zabo. Noxa iimfuno abazibonayo zazohlukile. |
| Kwinkampu kaDavid, uKevin wenza itransmitha yakhe nezinye izixhobo ezifunekayo ukusasazela isikhululo sosasazo sendawo yakhe. | |
| Wathi akuba enze yonke into efunekayo, uKelvin waququzela kwakho abasebenzi abasisigxina. Isikhululo sakhe sosasazo saqalisa ukusasaza iindaba, ukufunda izimvo zabantu neembono zabo kwimiyalezo ebhaliweyo, saza sadlala nomculo. Kunomathotholo uKevin waziwa ngokuba nguDJ Focus. Igama likaKevin lobuDJ lisuka kwinkolelo yakhe yokuba ngokumilisela ingqondo, nayiphina into entsha ingenziwa! | UWilliam noKelvin bamilisela ingqondo ekwenzeni izinto ezahlukileyo. Ndicinga ukuba oku kubangwa kukuba ngamnye kubo wabona isidingo esohlukileyo kwindawo ahlala kuyo. Abantu bendawo kaWilliam babejongene nembalela kwaye bedinga ukunkcenkceshela izityalo. Kodwa, uKelvin yena wayehlala esixekweni apho abantu bangalimiyo khona. Endaweni yoko, wabona ukuba abantu badinga ukuhlala befumana ulwazi bexoxa ngezimvo neembono zabo. |
| Isikhululo sosasazo esingumangaliso sikaKevin sisakhiwo sobugcisa kanye esasifunwa nguDavid. Injongo eyintloko kaDavid yayikukuphuhlisa amawaka waka abantu abatsha ababephupha ngokusombulula iingxaki kwiindawo abahlala kuzo. UDavid wayekholelwa ukuba uKevin wayenazo izakhono nothando olunzulo lwentakazelelo yokutshintsha ingomso labemi baseSierra Leone. Isikhululo sosasazo selinge lobugcisa sikaKevin sakhokhelela ekubeni aphumelele ibhaso eliphambili kwinkampu kaDavid yehlobo. | |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| UDavid wamthatha ngoku uKevin njengomninawa wakhe. Wayefuna ukunceda uKevin anabise ingqondo nezakhono zakhe ngokusebenza nezinye iinjineli. UDavid wancedisa ukuze uKevin abe yinxalenye yenkqubo yeenjineli ezikhethiweyo kwiYunivesithi yaseMelika eyaziwa ngokuba yiMIT. | Bobabini uWilliam noKevin bafumana uncedo kwabanye. UKevin wafumana umntu kwindawo ahlala kuyo owamnceda ukuba afumane imfundo ethe chatha. Kodwa abantu abanceda uWilliam babevela kwihlabathi jikelele. |
| UKevin wayeneminyaka eli-16 ubudala engoyena mntu mncinane wakhe wamenyelwa kule program. Yayikokokuqala uKevin ephuma eSierra Leone. UKevin walithanda eli thuba lokusebenza neenjineli ezinamava aze afunde kuzo. Kodwa, wayekhumbula kakhulu ekhaya – ngakumbi umama wakhe. | |
| Kudliwano-ndlebe, uKevin wathi, 'ukuzingisa nothando olunentakazelelo zezona zinto ziphambili zokunkcenkceshela zivuselele ubugcisa bendalo.'<br><br>Kude kube nanamhla, uKevin uthe gqolo esebenzisa ukuzingisa nothando olunentakazelelo ukuqhuba isikhululo sakhe sosasazo, ukwenza izinto ezintsha, nokunceda ekwenzeni ubomi bosapho lwakhe, obabantu bendawo ahlala kuyo kunye nelizwe lakhe libe ngcono. | Ekugqibeleni, bobabini uWilliam noKevin bangabantu ababukwayo abenza iindawo abahlala kuzo zangcono ngeendlela zabo ezibalulekileyo! |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| Kwakutheni ukuze uKevin afune ukwakha isikhululo sosasazo? | Kuba wayecinga ukuba abantu bendawo yakhe babedinga indawo yokwabelana nokuxoxa ngeembono nezimvo zabo. |
| Kwakutheni ukuze uWilliam akhe iphiko lomoya kwindawo awayehlala kuyo? | Kuba kwakukho imbalela abantu bedinga amanzi ukuze kukhule ukutya kwabo. |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Lahluke njani eli bali kwibali likaWilliam? | • UKevin noWilliam babona izidingo ezahlukileyo kwiindawo zabo.<br>• UKevin noWilliam bakhula kwiindawo ezahlukileyo.<br>• UKevin noWilliam bazifundisa ubunjineli ngeendlela ezahlukileyo.<br>• Njl njl. |

IVEKI 6



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 6.**
2 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- Ukusebenzisa de ufumane isisombululo
- ukukhangela nokuqokelela okulahliweyo
- ukuphuhlisa

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Uyandidinga –nam ngokunjalo | *Khomba omnye kabini uze ubeke isandla kuwe esifubeni* |
| Xa ndixakekile – bambisana nam | *Kekelisa intloko uvule izandla unge uxakiwe , dibanisa izandla zakho esinye sijonge phezulu esinye ecaleni zibambane* |
| Xa uxakekile – ndibambisane nawe | *Khomba omnye ukekelise intloko uvule izandla unge uxakiwe, dibanisa izandla zakho esinye sijonge phezulu esinye ecaleni zibambane* |
| Sidibanis'iintloko – silibal'ezezolo | *Yisa intloko phambili unge uza kuyidibanisa neyomnye, uphose ngesandla ngasemva* |
| Sidibanis'iintloko – sijonge phambili | *Yisa intloko phambili unge uza kuyidibanisa neyomnye, misa iminwe yokukhomba yomibini ukhombe ngayo phambi kwakho* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala ifreyimu yengxoxo ebhodini
i. Eli bali lingo ….
Ii. Ndicinga uKelvin u……ngoba…….
iii. Eli bali liyahambelana nomxholo 'Ukusombulul iingxaki 'ngoba…….

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwifreyimu yengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

**4** Abafundi baza kunikana amathuba kumaqela bephendula imibuzo kwifreyimu yengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

IVEKI 6

6 Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.
7 Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Ukufumana Amagama

Bhala itheyibhuli yakho ebhodini enezandi esezifundiwe kwakunye namagama nezandi ebezifundwe kwisifundo sangoLwesiBini noLwesiThathu.

| | | |
|---|---|---|
| **krw** | **rhw** | **e** |
| **l** | **a** | **d** |
| **b** | **i** | **m** |
| **u** | **p** | **h** |
| **z** | **l** | **u** |

#### YENZA UMFUZISELO

1 Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: **/ krw /** no **/rhw /**
2 Hlaziya zonke iizandi namagama akhiwe ngokuhlanganiswa ebhodini.
3 Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4 Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso seveki ngolu hlobo: **/krw/-/e/-/l/-/a/ = krwela**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise u: **/ krw / okanye u /rhw /**
6 Bonisa abafundi ukwenza amanye amagama njengo: **/i/-/m/-/b/-/a/-/l/-/i/= imbali**

#### ABAFUNDI BAYENZA

1 Xelela abafundi bavule iincwadi zabo babhale isihloko: **krw, rhw**
2 Yalela abafundi babhale amagama, banike imizuzu emithathu ukwakha amagama.
3 Banike abafundi imizuzu emi 3 ukufumana ze bakhe amagama kangangoko banako.
4 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
5 Bonisa abafundi iindlela zokwakha la amagama:
**krwe, ikrwala, krwela, ikrwada, rhweba, umrhwebi, rhwaphiliza, iduma, ihamile, biza, bhala, dloba**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA / YENZA ISIGQIBO NGOKUFUNDA IBALI**

**UKUBALISA OKANYE UKUBHALA ISISHWANKATHELO NGEBALI ELIFUNDIWEYO**

1. Cacisa ukuba namhlanje siza kucinga *ngeyona ndawo ibalulekileyo apha ebalini*.
2. Siza kuphinde sifanise siphinde sithelekise amabali amabini.
3. Bhala ifreyimu yesishwankathelo sebali ebhodini.
4. Abafundi mabasebenzise ifreyimu ukuphendula imibuzo:
   **Eli bali lingo**… (Izivakalisi ezi – 2 ukuya kwezi -3)
   **Into efanayo phakathi kukaWilliam noKelvin ………..**
   **Into eyahlukileyo phakathi kukaWilliam noKelvin …………..**
5. Cacisa ukuba abafundi abazukwazi ukubhala/ ukubalisa ngakho konke okwenzeka ebalini kwawufuneka bekhethe iindawo ezibalulekileyo.
   Yenza umfuziselo ubonisa owakho umzekelo yithi: ***Eli bali lingo****Kelvin Doe owazifundisa ubunjineli ngokuzisa ukukhanya kwikhaya lakhe.* **Into efanayo phakathi kukaWilliam noKelvin** *kukuba bobabini bazifundisa ukwenza umbane.* **Into eyahlukileyo phakathi kukaWilliam noKelvin** *kukuba bakufunda ukwenza umbane ngendlela ezahlukeneyo.* ***Ndicinga ndithanda ibali likaKelvin****ngenxa yokuba wakhwazi ukuvula isitishi sosasazo.*
6. Nika abafundi ixesha lokucinga ngetekisi.
7. Xelela abafundi ukuba **mabaguquke bathethe** besabelana ngabakushwankathileyo nomhlobo. **Abafundi mababhale n iingcinga zabo besebenzisa ifreyimu yokubhala.**
8. Abafundi mabakunike inzolo.
9. Biza umfundi om-1 ukuya kwaba-2 babelane neklasi ngeengcinga zabo.
10. Shwankathela ibali ngolu hlobo: ***Eli bali lingo****Kelvin Doe .Owazifundisa ukwenza umbane ze wakha bhetri yombane, wavula nesitishi sosasazo .***Into efanayo phakathi kukaWilliam noKelvin** *kukuba bobabini banceda ukufezekisa izidingo zalapho babehlala khona.* **Into eyahlukileyo phakathi kukaWilliam noKelvin** *kukuba babona izidingo ezahlukukileyo ukunceda abantu basekuhlaleni.* ***Sithanda ibali likaWilliam ngoba ngaphandle*** kukaWilliam ilali yayiza kutshabalala. UWilliam wasindisa ilali.

IVEKI 6

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ______________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 6.**
2. Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki imizuzu 15

1. Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2. Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3. Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4. Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   - a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   - b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   - c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   - d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   - e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   - f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   - g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   - h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5. Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: Imidlalo enemiqathango elula abantwana abanokuyifunda bayidlale.
5. Yenza uphando nakwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: phanda ngeendlela onokufunda ngazo ukuba yincutshe kwinto entsha.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zikwimeko elungileyo.
8. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 40 Masifunde

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 41 Masenzeni

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 42, Masifunde & 43Masibhale

**Umsebenzi 4: Bhala kwidayari** ngento entsha ofuna ukuyifunda.

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI ABANALO

1 Bonisa abafundi umfanekiso wedayari kaMandu, kwiNcwadi eNkulu yebali: **UZandile usebenzisa i-intanethi**
2 Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha: **Ukufunda izinto ezintsha**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Siyifunda njani into entsha?
   b Zintoni ezinye izinto ongathanda ukuzifunda ukuzenza?
   c Ngubani ongakunceda ukufunda izinto ezintsha?

### AMAGAMA ASEKWELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha :
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
- Phanda
- intanethi
- ulwazi

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wee sihlobo sam - khawundihlebele | *Khweba ngesandla ubambe indlebe unge uyisondeza komnye* |
| Wena wenza njani - xa ufun'ulwazi | *Vula izandla unyuse amagxa unge uxakiwe* |
| Hlala phantsi ndikucacisele | *Bonisa ngesandla ukuhlalisa umntu phantsi ulingise umntu othethayo* |
| Kukho umalume ongakhethi bani | *Khomba unikine intloko* |
| Kuthwa xa ebizwa yena nguGuguli | *Khomba ulingise umntu ocofa iselfowuni* |
| Ucofa nje iqhosha ibuye impendulo | *Vula isandla ulingise umntu ocofa amaqhosha eselfowuni* |

IVEKI 7

## Ukubhala Ngesandla

Imizuzu 15

1. Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla nesihloko.
2. Okulandelayo abafundi mababhale amanani u 1-5 ecaleni komgca.
3. Bhala esi sivakalisi silandelayo ebhodini ecaleni kwenani 1: **Nditya amaqhashu ndisele isiselo esibandayo nabahlobo bam ngekhefu.**
4. Bhala ezi zimelabizo zilandelayo kwinani isi-2 ukuya kwi-4.
   2. yena
   3. bona
   4. thina
5. Yalela abafundi babhale izivakalisi kwakhona beqala ngegama elinikiweyo.
6. Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo, ubiza izandi ze ucacise indlela yokubhala ngokudibanisa.
7. Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo: apho kukho utshintsho khona
8. Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo:
9. Nditya amaqhashu ndisele isiselo esibandayo nabahlobo bam ngekhefu.
10. Utya amaqhashu asele isiselo esibandayo nabahlobo bakhe ngekhefu.
11. Batya amaqhashu basele isiselo esibandayo nabahlobo babo ngekhefu.
12. Sitya amaqhashu sisele isiselo esibandayo nabahlobo bethu ngekhefu.
13. Yalela abafundi ukuba bathathe ipensile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

Isivakalisi: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

## Ngaphambi Kokufunda

### INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

1. Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2. Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **UZandile usebenzisa i-intanethi**
3. Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4. Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.

5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6 Funda ibali kube kanye, ungemi.

## Ukubhala:

Imizuzu 30

### Ukuyila Nokuhlela

**ISIHLOKO:** Bhalela umhlobo wakho okanye isizalwana sakho ileta ngokufunda izinto ezintsha.Umhlathi wokuqala uzakuba ngamava akho ekufundeni izinto ezintsha. Umhlathi wesibini uza kuba ngento entsha ofuna ukuyifunda.

**UMSEBENZI:** Bhala izivakalisi ezili-10 kwimihlathi emibini.

**UBUGCISA BOKUYILA**: Bhala uluhlu.

**UKULUNGISELELA: Bhala uluhlu**

#### YAZISA NGESIHLOKO SOKUBHALA

1 **B**onisa abafundi ukuba ababhali **bayacinga phambi kokuba babhale**
2 Cacisa iimbono zakho, ngohlalutyo lwencwadi ngolu hlobo:
*Ndifunde ukusebenzisa ikhamera. Ndizifundiseile! Ndingathanda ukufunda ukuthetha isiFrench. Ndicinga kufuneka ndifumane umhlohli okanye i-App!*

#### UMFUZISELO WOKUPHENDULA (NDIYENZA )


1 Yiba nesicwangciso sokuyila ukubhala kwelinye lamacala ebhodi yakho.
2 Bonisa abafundi indlela yokwenza uluhlu ngokuphendula imibuzo.
3 Gqibezela ukuyila kwelinye icala lebhodi

IVEKI 7

| **Imibuzo eplaniweyo** | **iPlani** |
|---|---|
| **Umhlathi woku-1**<br>**1** Ufunde ntoni?<br>**2** Ufunde njani?<br>**3** Waziva njani emva kokufunda obu buchule?<br>**4** Ufunde ntoni ngokufunda izinto ezintsha?<br>**Umhlathi wesi -2**<br>**1** Yintoni into entsha ongathanda ukuyifunda? Ngoba<br>**2** Uza kuyifunda njani lento intsha?<br>**3** Ucinga ukuba uza kuziva njani emva kokufunda?<br>**4** Sesiphi isifundo oza kusithatha **kula mhlathi wokuqala** esiza kunceda ngoku? | **Umhlathi woku-1**<br>**1** Ukusebenzisa ikhamera. Nento ezininzi ngokufota.<br>**2** Ndithenge incwadi ndaze ndazifundisa emva koko ndaziqhelanisa ndade ndayincutshe<br>**3** Ndaziva ndonwabe kakhulu. Ndazibona ndikhula nangakumbi kubuchule bam.<br>**4** Ndifunde ukuba kufuneka uzinike ikthuba uziqhelanise xa ufunda nantoni na entsha.<br>**Umhlathi wesi -2**<br>**1** SisiFrench. Ndiyaluthanda olu lwimi. Ndicinga kubaluekile ukufunda iilwimi ezininzi.<br>**2** Ndiza kusebenzisa i-App efowunini yam.<br>**3** Ndicinga kuza kuba mnandi kwaye iza kundenza ndizimisele kuba iza kufuna ixesha elininzi lam.<br>**4** Ndifunde ukuba ukufunda into entsha kuthatha ixesha nokuziqhelanisa. Ndiza kuyikhumbula lonto ukuze ndizinike ixesha ukuziqhelanisa nokufunda isiFrench! |

## ABAFUNDI BASEBENZISA UBUGCISA BOKWENZA ISICWANGCISO (UYENZA)

1. Abafundi mabavale amehlo bacinge ngento abayifundileyo nangento entsha abaceba ukuyifunda.
2. Xelela abafundi **baguquke bathethe** nomlingane besabelana ngeengcinga zabo.
3. Bonisa abafundi ifreyimu yokuyila ebhodini, abafundi mabasebenzise le freyimu yokuyila ukwenza umsebenzi wabo njengoko ubuwenzile.
4. Banike incwadi zokubhala.
5. Xelela abafundi ukuba babhale iingcinga zabo – **bangakopi** ezakho.
6. Njengokuba abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe ingxoxwana.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 7.**
2 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo woku1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: ngq**
2 Biza igama: **ngqo**
3 Cazulula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/ngq/**-/**o/**
4 Biza isandi sokuqala kweli gama: **/ngq/**
5 Biza isandi sesibini kweli gama: **/o/**
6 Bhala igama elipheleleyo: **ngqo**
7 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa izandi usakha eli gama **/ngq/**-/**o/= ngqo**
8 Okulandelayo, biza ilungu lokuqala kweli gama: **/ngqo/**
9 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa amalungu usakha eli gama: **/ngqo/** = **ngqo**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **ngq**
2 Biza igama: **ingqayi**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/**-/**ngq/**-/**a/**-/**y/**-/**i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama: **/i/**
5 Biza isandi sesibini kweli gama: **/ngq/**
6 Biza isandi sesithathu kweli gama: **/a/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama: **/y/**
8 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama: **/i/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ingqayi**
10 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa izandi usakha eli gama **/i/**-/**ngq/**-/**a/**-/**y/**-/**i/** = **ingqayi**
11 Okulandelayo, biza ilungu lokuqala kweli gama: **/ing/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/qa/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/yi/**
14 Yenza ymfuziselo ukhombe uhlanganisa amalungu usakha eli gama: **/ing/**-/**qa/**-/**yi/** = **ingqayi**

**UYENZA**

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u- ngq**
2 Abafundi mababhale amanani 1 -5.
3 Bizela la magama alandelayo:

   1. **ngqo**
   2. **ingqayi**
   3. **ingqina**
   4. **ingqiniba**
   5. **ingqambu**
   6. **ingqondo**
4. Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanekileyo ze bakrwelel umgca ngaphantsi kwesandi eso kufundwa ngaso.
5. Kwimizuzu emibini yokugqibela yesifundo bhala ngokuchanekileyo amagama ebhodini uze ukrwele umgca ngaphantsi kwesandi ekujoliswe kuso.
6. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
7. Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la amagama ngokubhala ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________


Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1. Fundisa bafundi ukubhala oonobumba abancinci ngokudibanisa: **ngq**
2. Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi <u>mabakrwele umgca ngaphantsi</u> kwesandi esi bekufundwa ngaso okanye kwizivakalisi abazibhalileyo.



# Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

## Ufundo Lokuqala

### UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIKHANGELA KWITEKISI


| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>UZandile usebenzisa i-intanethi</u>**<br>UZandile wayewathanda amaqunube. Kodwa amaqunube ayebiza kakhulu evenkileni!<br>Ngenye imini, umama kaZandile wayekhangela imbewu yethanga. Umama wajikela kwelinye icala leraki ekhangela le mbewu.<br>Waza uZandile wabona ipakethi yembewu yamaqunube!<br>'Mama, singayithenga le mbewu? Ndiyacela yini!'wacenga njalo.<br>Umama wajonga ixabiso, lalingama: R28 'Kowu! Ayibizi kancinci!' watsho.<br>Kodwa wanqwala intloko wayithatha lo mbewu. | **Wafumana ntoni uZandile evenkileni?** Oo! Wafumana ipakethi yembewu yamaqunube ukuze azilimele amaqunube akhe ekhaya. |
| Ekhaya umama kaZandile wamnika ipakethi yembewu yamaqunube. 'Andizange ndakhe ndawatyala ngaphambili!' watsho umama. 'Kuya kufuneka uziqondele indlela yokuwakhulisa efanelekileyo.'<br>'Kanti azifani zonke izityalo?'Wabuza uZandile.<br>'Izityalo ezahlukileyo zifuna izinto ezahlukileyo,' wacacisa umama wakhe.<br>'Ezinye izityalo zifuna intwana yelanga kanti ezinye izityalo zilifuna kakhulu ilanga. Ezinye izityalo zifuna intwana yamanzi kanti ezinye zifuna amanzi amaninzi!' | **Zifuna ntoni izityalo ukuze zikhule?** Ndiyabona, ezinye izityalo zifuna intwana yelanga kanti ezinye zifuna ilanga kakhulu kunye namanzi. Kodwa zonke izityala zifuna ilanga namanzi ukuze zikhule. |
| UZandile wayengafuni ukusebenzisa imbewu yamaqunube ngendlela engafanelekanga, kuba yayibiza kakhulu!<br>'Ndingaqinisekisa njani ukuba amaqunube am akhula ngendlela efanelekileyo?' wacinga efuna ukwazi uZandile. | **Ingaba uZandile ucinga ngantoni?** Oo! UZandile ucinga ukuba ingaba yeyiphi indlela efanelekileyo yokutyala akhulise imbewu yamaqunube. |
| UZandile waphuma phandle. Wabona ummelwane wabo uGogo Minah, egcakamele ilanga. 'Molo Gogo,' watsho.<br>'Ewe,' waphendula ebulisa naye uGogo Minah.<br>'Gogo wakha wawatyala wawalima na amaqunube?'Wabuza uZandile.<br>'Hayi, andizange ndawalima mzukulwana,' watsho. | **Ubuza ntoni uZandile kuGogo uMinah?** UZandile ubuza uGogo uMinah ukuba wakhe wawatyala wawakhulisa na amaqunube. |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ngosuku olulandelayo ukuphuma kwecawe, uZandile wabona umhlobo kadade wabo, uLindi. 'Molo Lindi,' wabulisa.<br>'Molo Zandile,' waphendula ebulisa uLindi.<br>'Ingaba wakhe wawatyala wawakhulisa amaqunube?' wabuza uZandile.<br>'Yho, hayi andizange. Ndiyaxolisa!' watsho. | **Ubuza ntoni uZandile kuLindi?** UZandile ubuza ukuba ingaba uLindi wakhe watyala walima amaqunube na? |
| Ngobo busuku, udade boZandile omdala, uSonto, wafowuna eseRhawutini. Umama wadlulisela ifowuni kuZandile.<br>'Yintoni entsha endingayaziyo?' wabuza uSonto.<br>'Akukho nto ingako. Umama undithengele ipakethi yembewu yamaqunube! Ndifuna ukutyala ndiwakhulise, kodwa andazi ukuba kwenziwa njani,' watsho.<br>'Ungafumana nantoni kwi-intanethi!' watsho uSonto. 'Sebenzisa ifowuni kamama,' watsho. Ndiza kuthengela idatha.' | **Uthetha nabani uZandile efowuni?** Oo! Uthetha noSonto, udade wabo omdala, efowunini. |
| Ngobo busuku, uMama wavulela uZandile i-intanethi. 'USonto ukuthumelele idatha,' watsho uMama, waza wanika uZandile ifowuni.<br>Phezulu ephepheni kwakubhalwe 'Google'<br>'Ndenze njani ke ngoku?' wabuza uZandile.<br>'Chwetheza ubhale lento uyifunayo apha,' wacacisa uMama.<br>UZandile wachwetheza wabhala: Ndityala ndiwakhulise njani amaqunube. Waza wacofa iqhosha lokukhangela. | **Wakhangela ntoni uZandile kwi-Intanethi?** Oo! UZandile wakhangela indlela yokutyala ukhulise amaqunube. |
| Emva kwemizuzwana embalwa, kwavela uluhlu lweevidiyo namanqaku. UZandile wacofa ku 'dlala' kwividiyo. | **Zingaphi iimpendulo ezikhoyo zombuzo kaZandile?** Oo, ndiyabona, zine iimpendulo zalo mbuzo. |
| Njengoko uZandile wayebukele ividiyo, wafunda izinto ezininzi.<br>Wafunda ukuba izityalo zamaqunube zifuna iiyure ezisi-8 zelanga yonke imihla.<br>Wafunda ukuba ezi zityalo zifuna amanzi amaninzi.<br>Wafunda ukuba kuza kufuneka alinde ubuncinane iiveki ezi-4 phambi kokuba afumane isiqhamo. | **Ufunda ntoni uZandile ngamaqunube nelanga?** Oo! Ufunda ukuba amaqunube afuna ilanga iiyure ezisi-8 yonke imihla. |
| Ngosuku olulandelayo ukuphuma kwesikolo, uZandile waya phandle nembewu yakhe. | **Wazi njani uZandile ukuba ityalwa njani imbewu yakhe?** Wafunda ukuba kwenziwa njani kwividiyo ekwi-intanethi! Jonga – uyayazi into amakayenze! |

IVEKI 7

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Watyala imbewu kwindawo ebetha ilanga esitiyeni. Wayilima imbewu kwiinkonkxa, ngohlobo awyebone ngalo kwividiyo. Wayinkcenkceshela imbewu.<br>Yayingathi alifiki ixesha lokuvela kwesiqhamo! | |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Wathengelwa ntoni uZandile ngumama wakhe evenkileni? | Wamthengela ipakethi yembewu yamaqunube. |
| Wasebenzisa ntoni uZandile ukufunda indlela yokutyala ukhulise imbewu yamaqunube? | Wasebenzisa ifowuni kamama wakhe. Wasebenzisa uGoogle. Wasebenzisa i-intanethi |
| Wafunda ntoni uZandile ngezinto ezifunwa ngamaqunube ukuze akhule? | • Wafunda ukuba amaqunube afuna iiyure ezisi-8 zelanga yonke imihla.<br>• Wafunda ukuba ezi zityalo zifuna amanzi amaninzi.<br>• Wafunda ukuba kuya kufuneka elinde ubuncinane iiveki ezi-4 ukuze afumane isiqhamo. |
| **Imibuzo efuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Wayifunda njani uZandile indlela yokutyala akhulise imbewu yamaqunube? | • Wakhangela kwi-intanethi.<br>• Udade wabo uSonto wamthumelela idatha efowunini kamama wakhe. Waza yena wasebenzisa i-intanethi.<br>• Wabukela ividiyo eyayimbonisa indlela yokutyala akhulise imbewu yamaqunube. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ____________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 7.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6 Cacisa uMsebenzi **wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye imisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

Imizuzu 15

### ISIGAMA SOMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha :
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi


**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- izixhobo
- inqaku
- ithala leencwadi
- ukuboleka

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wee sihlobo sam - khawundihlebele | *Khweba ngesandla ubambe indlebe unge uyisondeza komnye* |
| Wena wenza njani - xa ufun'ulwazi | *Vula izandla unyuse amagxa unge uxakiwe* |
| Hlala phantsi ndikucacisele | *Bonisa ngesandla ukuhlalisa umntu phantsi ulingise umntu othethayo* |
| Kukho umalume ongakhethi bani | *Khomba unikine intloko* |
| Kuthwa xa ebizwa yena nguGuguli | *Khomba ulingise umntu ocofa iselfowuni* |
| Ucofa nje iqhosha ibuye impendulo | *Vula isandla ulingise umntu ocofa amaqhosha eselfowuni* |

IVEKI 7

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI

**1** Yohlula abafundi babe ngamaqela amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
**3** Xelela abafundi bacinge ngebali eliza kungena kwimifanekiso.
**4** Nika abafundi umzuzu ube mnye okanye ibe mibini becinga ngokwakha ibali .
**5** Okulandelayo umfundi ngamnye kwiqela makabelane ngebali lakhe alakhileyo.
**6** Khumbuza abafundi ukuba ibali ngalinye kumele linike umdla kwaye lihambelane nemifanekiso!



7 Cela abafundi babelane kwaye bamamelame amabali abo.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: xhw**
2 Biza igama: **ixhwili**
3 Cazulula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/xhw/-/i/-/l/-/i/**
4 Biza isandi sokuqala kweli gama: **/i/**
5 Biza isandi sesibini kweli gama: **/xhw/**
6 Biza isandi sesithathu kweli gama: **/i/**
7 Biza isandi sokugqibela: **/l/**
8 Say the fifth sound of the word: **/i/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ixhwili**
10 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama **/i/-/xhw/-/i/-/l/-/i/ = ixhwili**
11 Biza ilungu lokuqala kweli gama: **/i/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/xhwi/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/li/**
14 Yenza umfuziselo ukhombe uhlangisa amalungu usakha eli gama: **/i/-/xhwi/-/li/ = ixhwili**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **xhw**
2 Biza igama: **xhwi**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama: **/xhw/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/i/**
5 Cela abafundi bahlule eli gama ngokwezakhi zalo ezahlukeneyo: **/xhw/-/i/**
6 Bhala igama elipheleleyo: **xhwi**
7 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama **/xhw/-/i/ = xhwi**
8 Buza abafundi: Nguani ilungu lokuqala kweli gama? **/xhwi/**
9 Xelela abafundi mahlanganise amalungu bakhe eli gama: **/xhwi/ = xhwi**

**UYENZA**

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u**- **xhw**
2 Abafundi mababhale amanani 1 -5 ecalen komgca.

3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **xhwi**
   2 **ixhwili**
   3 **ixhwane**
   4 **ixhwele**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi eso kufundwa ngaso.
5 Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo, bhala amagama ebhodini ukrwele isandi umgca ngaphantsi.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepensile enombala.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________


Amagama: ____________________

____________________

## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibaniso: **xhw**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi <u>mabakrwele umgca ngaphantsi</u> kwesandi ebekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.



IVEKI 7

## Ukubhala:

30 imizuzu

### Idrafti

**ISIHLOKO:** Bhalela umhlobo wakho okanye isizalwana sakho ileta ngokufunda izinto ezintsha.Umhlathi wokuqala uzakuba ngamava akho ekufundeni izinto ezintsha. Umhlathi wesibini uza kuba ngento entsha ofuna ukuyifunda.

**UMSEBENZI:** Bhala izivakalisi ezili-10 kwimihlathi emibini.

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

…endimthandayo

Ndibhala ukukuxelela nge……..

Ndifunde uku…….

Ukufunda into entsha kwaku………ngoba….

Ndifunde ukuba…

Okulandelayo,ndifuna ukufunda ………ngoba……

Ndiza…

Ndicinga ukuba…

Ngoku ndiyazi ukuba …

Ngothando

…

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala iplani le ubuyenze ngoMvulo.




#### YENZA UMFUZISELO UBONISA UKUDRAFTA (NDIYENZA)

1 Khumbuza abafundi ngeplani oyenze ngoMvulo.
2 Funda iplani yakho njengoko ibhaliwe ebhodini.
3 Funda isakhelo sokubhala.
4 Babonise indlela yokugcwalisa i ifreyimu yokubhala usebenzisa iplani yakho ngolu hlobo:
**Nicki endimthandayo**
**Ndibhala ukukuxelela ngela xesha ndafunda** ukusebenzisa ikhamera. **Ndifunde l**ukhulu ngpkusebenzisa ikhamera. Ndifunde ukusebenzisa ikhamera encwadini. **Ukufunda into entsha** kwaku ngamava amnandi ngoba ndazibona ndiphucuka kakhulu ukusebenzisa ikhamera. **Ndifunde ukuba** kuthatha ukuzimisela ukufunda into entsha.

**Okulandelayo, ndifuna ukufunda ukuthetha isiFrench ngoba** kubalulekile ukwazi iilwimi. **Ndiza** kusebenzisa iApp ukufunda olu lwimi.**Ndicinga ukuba** kuza kuba mnandi ukufunda isiFrench.
**Ngoku ndiyazi** ukuba kuza kufuneka ndizimisele kakhulu.
Ufuna ukufunda ntoni?
**Ngothando**
Gugu

## ABAFUNDI BAGQIBEZELA UKWENZA IDRAFTI (UYENZA)

1 Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala**, okanye iphepha iA4 ukubhala ileta le baziyinika lowo bambhaleleyo**
2 Yalela abafundi babhale umhla nesihloko: **Ileta engokufunda into entsha : iDrafti**
3 Abafundi mabaye kwisicwangciso sangoMvulo bacinge ngezimvo zabo.
4 Abafundi mabazalise ifreyimu yokubhala besebenzisa esa sicwangciso sabo.
5 Abafundi bangazongeza izivakalisi okanye izimvo zabo ukuba banexesha.
6 Khumbuza abafundi ngezixhobo abanokuzisebenzisa ukubanceda xa bebhala.
7 Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe **iingxoxwana** nabo batsala nzima.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 7.**
2 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo:

Imizuzu 15

### Ukutshintsha Isandi

**NDIYENZA……**

1. Baxelele ukuba namhlanje siza kufunda ukujonga umahluko kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngabafundi abangcono.
2. Bhala la magama mabini ebhodini: **ixhwele, ixhwili**
3. Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha: **ixhwele, ixhwili**
4. Cacisa umahluko ku: **/e/** no **/i/** ezi zandi zibizwa ngokwahlukileyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

**SIYENZA…**

**ISIQENDU SOKU 1**

1. Bhala la magama mabini ebhodini: **ingqina, ingqayi**
2. Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3. Biza umfundi eze ngaphambili aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama: **ingqina, ingqayi**
4. Baxelele umahluko kumagama.

**ISIQENDU SESI 2**

1. Bhala eli gama ebhodini: **ingqina**
2. Buza abafundi: **Sesiphi isandi onokusitshintsha nesi sandi ukwakha igama elitsha?**
3. Bhala iimpendulo zabafundi usenza uluhlu ebhodini: **tywina, gcina, qina,**

**UYENZA…**

1. Bhala eli gama ebhodini: **ixhwele**
2. Yalela abafundi benze amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela kwigama.
3. Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4. Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
   **ngcwele, ikrele, yoyele, iwele**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Isifundo Sesibini


**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIKHANGELA KWITEKISI**

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>UZandile usebenzisa i-intanethi</u>**<br><br>UZandile wayewathanda amaqunube. Kodwa amaqunube ayebiza kakhulu evenkileni!<br><br>Ngenye imini, umama kaZandile wayekhangela imbewu yethanga. Umama wajikela kwelinye icala leraki ekhangela le mbewu.<br><br>Waza uZandile wabona ipakethi yembewu yamaqunube!<br><br>'Mama, singayithenga le mbewu? Ndiyacela yini!'wacenga njalo.<br><br>Umama wajonga ixabiso, lalingama: R28 'Kowu! Ayibizi kancinci!' watsho.<br><br>Kodwa wanqwala intloko wayithatha lo mbewu. | **Kwakutheni ukuze uZandile afune ukuthenga imbewu yamaqunube?** UZandile ufuna ukuzityalela azikhulisele awakhe amaqunube. Uyawathanda, kodwa abiza kakhulu xa ewathenga. |
| Ekhaya umama kaZandile wamnika ipakethi yembewu yamaqunube. 'Andizange ndakhe ndawatyala ngaphambili!' watsho umama. 'Kuya kufuneka uziqondele indlela yokuwakhulisa efanelekileyo.'<br><br>'Kanti azifani zonke izityalo?'Wabuza uZandile.<br><br>'Izityalo ezahlukileyo zifuna izinto ezahlukileyo,' wacacisa umama wakhe.<br><br>'Ezinye izityalo zifuna intwana yelanga kanti ezinye izityalo zilifuna kakhulu ilanga. Ezinye izityalo zifuna intwana yamanzi kanti ezinye zifuna amanzi amaninzi!' | **Kutheni umama kaZandile engakwazi ukumnceda atyale imbewu yakhe yamaqunube?** Oo! Umama kaZandile akazange wakha walima amaqunube ngaphambili. Akayazi indlela efanelekileyo yokukhulisa loo mbewu. |
| UZandile wayengafuni ukusebenzisa imbewu yamaqunube ngendlela engafanelekanga, kuba yayibiza kakhulu! | **Kutheni uZandile engafuni ukusebenzisa imbewu yakhe ngendlela engafanelekanga?** Oo! Ndiyabona – kuba Ibiza kakhulu. |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'Ndingaqinisekisa njani ukuba amaqunube am akhula ngendlela efanelekileyo?' wacinga efuna ukwazi uZandile. | |
| UZandile waphuma phandle. Wabona ummelwane wabo uGogo Minah, egcakamele ilanga. 'Molo Gogo,' watsho.<br>'Ewe,' waphendula ebulisa naye uGogo Minah.<br>'Gogo wakha wawatyala wawalima na amaqunube?'Wabuza uZandile.<br>'Hayi, andizange ndawalima mzukulwana,' watsho. | **Ngubani uGogo uMinah?** Oo! UGogo uMinah ngummelwane kaZandile. |
| Ngosuku olulandelayo ukuphuma kwecawe, uZandile wabona umhlobo kadade wabo, uLindi. 'Molo Lindi,' wabulisa.<br>'Molo Zandile,' waphendula ebulisa uLindi.<br>'Ingaba wakhe wawatyala wawakhulisa amaqunube?' wabuza uZandile.<br>'Yho, hayi andizange. Ndiyaxolisa!' watsho. | **Ngubani uLindi?** Oo! uLindi ngumhlobo kadade wabo. |
| Ngobo busuku, udade boZandile omdala, uSonto, wafowuna eseRhawutini. Umama wadlulisela ifowuni kuZandile.<br>'Yintoni entsha endingayaziyo?' wabuza uSonto.<br>'Akukho nto ingako. Umama undithengele ipakethi yembewu yamaqunube! Ndifuna ukutyala ndiwakhulise, kodwa andazi ukuba kwenziwa njani,' watsho.<br>'Ungafumana nantoni kwi-intanethi!' watsho uSonto. 'Sebenzisa ifowuni kamama,' watsho. Ndiza kuthengela idatha.' | **Umnceda njani uSonto, uZandile?** USonto uxelela uZandile ukuba angayifumana impendulo kwi-intanethi. Uthi uza kumthumelela idatha ukuze uZandile asebenzise ifowuni kamama wabo**.** |
| Ngobo busuku, uMama wavulela uZandile i-intanethi. 'USonto ukuthumelele idatha,' watsho uMama, waza wanika uZandile ifowuni.<br>Phezulu ephepheni kwakubhalwe 'Google'<br>'Ndenze njani ke ngoku?' wabuza uZandile.<br>'Chwetheza ubhale lento uyifunayo apha,' wacacisa uMama.<br>UZandile wachwetheza wabhala: Ndityala ndiwakhulise njani amaqunube. Waza wacofa iqhosha lokukhangela. | **Kutheni umama kaZandile emvulela i-Intanethi uZandile?** Oo! Kufanele ukuba kungenxa yokuba uSonto uthumelele uZandile idatha ukuze akhangele indlela yokutyala akhulise imbewu yakhe ngendlela efanelekileyo. |
| Emva kwemizuzwana embalwa, kwavela uluhlu lweevidiyo namanqaku. UZandile wacofa ku 'dlala' kwividiyo. | **Uyenza idlale njani ividiyo uZandile efowunini kamama?** Oo! UZandile ucofa iqhosa lokudlala – elifana nonxantathu. |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Njengoko uZandile wayebukele ividiyo, wafunda izinto ezininzi.<br>Wafunda ukuba izityalo zamaqunube zifuna iiyure ezisi-8 zelanga yonke imihla.<br>Wafunda ukuba ezi zityalo zifuna amanzi amaninzi.<br>Wafunda ukuba kuza kufuneka alinde ubuncinane iiveki ezi-4 phambi kokuba afumane isiqhamo. | **Ufunda ntoni uZandile ngamaqunube namanzi?** Oo! Ufunda ukuba amaqunube afuna amanzi amaninzi. |
| Ngosuku olulandelayo ukuphuma kwesikolo, uZandile waya phandle nembewu yakhe.<br>Watyala imbewu kwindawo ebetha ilanga esitiyeni. Wayilima imbewu kwiinkonkxa, ngohlobo awyebone ngalo kwividiyo. Wayinkcenkceshela imbewu.<br>Yayingathi alifiki ixesha lokuvela kwesiqhamo! | **Kwakutheni ukuze uZandile atyale imbewu yakhe kwindawo eselangeni esitiyeni?** Oo! Kungenxa yokuba le yenye yezinto azifunde kwividiyo ebeyibukele. |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| Kutheni uMama engamncedi uZandile ukutyala akhulise amaqunube? | Kuba akazange akhe awalime ngaphambili. |
| Kwakutheni ukuze uZandile ayityale imbewu idwele ngemigca ebukekayo? | Kuba wakubona oko kwividiyo awayeyibukele. |
| Uyifumene njani idatha yokusebenzisa i-intanethi uZandile? | Udade wabo umthumelele idata efowunini kamama wakhe ukuze ayisebenzise. |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kutheni esebenzisa i-intanethi uZandile? | • Kuba ufuna ukufunda indlela yokulima imbewu yamaqunube.<br>• Kuba akukho mntu ambuzileyo othe wayazi indlela yokutyala akhulise imbewu yamaqunube.<br>• Kuba ungafunda nantoni na kwi-intanethi. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 7.**
2 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 7

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- idatha
- cofa
- iphepha iskrolela

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wee sihlobo sam - khawundihlebele | *Khweba ngesandla ubambe indlebe unge uyisondeza komnye* |
| Wena wenza njani - xa ufun'ulwazi | *Vula izandla unyuse amagxa unge uxakiwe* |
| Hlala phantsi ndikucacisele | *Bonisa ngesandla ukuhlalisa umntu phantsi ulingise umntu othethayo* |
| Kukho umalume ongakhethi bani | *Khomba unikine intloko* |
| Kuthwa xa ebizwa yena nguGuguli | *Khomba ulingise umntu ocofa iselfowuni* |
| Ucofa nje iqhosha ibuye impendulo | *Vula isandla ulingise umntu ocofa amaqhosha eselfowuni* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala ifreyimu yengxoxo ebhodini
i. Eli bali……
ii. Ukuba bendinokusebenzisa i-intanethi bendiza kuphanda….
iii. Eli bali liyahambelana nomxholo '**Ukufunda izinto ezintsha** '….

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwifreyimu yengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

**4** Abafundi baza kunikana amathuba kumaqela bephendula imibuzo kwifreyimu yengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.

**7** Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.

**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Ukufumana Amagama

Bhala itheyibhuli yakho ebhodini enezandi esezifundiwe kwakunye namagama nezandi ebezifundwe kwisifundo sangoLwesiBini noLwesiThathu.

| ngq | xhw | o |
|---|---|---|
| i | a | n |
| y | b | m |
| u | d | l |
| e | k | h |

#### YENZA UMFUZISELO

1. Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: **/ngq/** no **/xhw/**
2. Hlaziya zonke iizandi namagama akhiwe ngokuhlanganiswa ebhodini.
3. Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4. Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso seveki ngolu hlobo: **/nqq/**-**/o/** = **ngqo**
5. Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise u: **/ngq/ okanye u /xhw/**
6. Bonisa abafundi ukwenza amanye amagama njengo: **/y/**-**/o/**-**/n/**-**/a/** = **yona**

#### ABAFUNDI BAYENZA

1. Xelela abafundi bavule iincwadi zabo babhale isihloko: **ngq, xhw**
2. Yalela abafundi babhale amagama, banike imizuzu emithathu ukwakha amagama.
3. Banike abafundi imizuzu emi 3 ukufumana ze bakhe amagama kangangoko banako.
4. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
5. Bonisa abafundi iindlela zokwakha la magama:
   **ngqo, ingqayi, ingqina, ingqiniba, ingqambu, ingqondo, xhwi, ixhwili, ixhwane, ixhwele, yona, kama, bheka, dloba, hlola**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

IVEKI 7

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA / YENZA ISIGQIBO NGOKUFUNDA IBALI**

**BHALA ISISHWANKATHELO**


1. Phambi kokuba siqale isifundo, bhala esi sihloko silandelayo, imibuzo, neziqali zivakalisi ebhodini.
2. Funda imibuzo nabafundi, ucacisa apho kukho imfuneko.
3. Yalela abafundi **baguquke bathethe** besabelana ngeempendulo zabo.
4. Yalela abafundu bavule iincwadi zabo, babhale umhla nesihloko ze baphendule imibuzo.
5. Kwimizuzu emihlanu yokugqibela, jonga iimpendulo nabafundi ze abafundi bazikorekishe

**UZANDILE USEBENZISA I-INTANETHI**

1. Umama kaZandile wathenga eyiphi iimbewu?
   ***Umama ka Zandile wathenga…..***
2. Chaza into ibenye eyinyani uZandile ayifunde kula vidiyo yeYoutube wayibukelayo?
   ***Wafunda……***
3. Ngubani owacebisa Zandile ukuba aphande ngokukhulisa amanqunube kwi-intanethi?
   ***…asebenzisa i-intanethi.***

**UZANDILE USEBENZISA I-INTANETHI - IMPENDULO**

1. Umama ka Zandile wathenga eyiphi imbewu?
   ***Umama ka Zandile wathenga mbewu yamaqunube.***
2. Chaza into ibenye eyinyani uZandile ayifunde kula vidiyo yeYoutube wayibukelayo?
   ***Wafunda ukuba amaqunubue afuna amanzi amaninzi.***
3. Ngubani owacebisa Zandile ukuba aphande ngokukhulisa amanqunube kwi-intanethi?
   ***Usisi wakhe wamcebisa ukuba asebenzisa i-intanethi.***



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 7.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.



## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki imizuzu 15

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1 Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2 Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3 Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4 Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: abazali babafundi mababhele izivakalisi ezimbalwa bebalisa ngexesha apho bafunda into entsha bechaza namagingxigingxi abadibene nawo.
5 Yenza uphando nakwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo, umzekelo: phanda ngendlela yokulawula ukudideka xa ufunda into entsha. Njengoko ukufunda into entsha kufuna ukuba ubani alindele ukungaphumeleli kuqala nokwenza iimpazamo ezininzi. Nceda abafundi ekuqondeni onke la magingxigingxi.
6 Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7 Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 44 & 45 Masenzeni

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 46 & 47 Masibhale

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 48 & 49 Masenzeni

**Umsebenzi 4: Bhala kwidayari** ngexesha apho wazama into entsha waze awaphumelela.

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI ABANALO

1 Bonisa abafundi umfanekiso ongaphandle kwiqweqwe, leNcwadi eNkulu yebali: **Ngubani uKatherine Johnson?**
2 Xelela abafundi ukuba siyaqhubeka nomxholo: **Ukufunda izinto ezintsha**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Zeziph izixhobo esinokuzisebenzisa ukufunda izino ezintsha?
   b Kutheni sifunda izinto ezintsha?
   c Yintoni eyenza ukufunda izinto ezintsha kube mandi, kuchwayitise?
   d Yintoni enzima ngokufunda izinto ezintsha?

### AMAGAMA ASEKWELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha :
   Point- Khomba igama
   Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
   - isazi seenkwenkwezi
   - ugqirha wezibalo
   - ubukroti

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wee sihlobo sam - khawundihlebele | *Khweba ngesandla ubambe indlebe unge uyisondeza komnye* |
| Wena wenza njani - xa ufun'ulwazi | *Vula izandla unyuse amagxa unge uxakiwe* |
| Hlala phantsi ndikucacisele | *Bonisa ngesandla ukuhlalisa umntu phantsi ulingise umntu othethayo* |
| Kukho umalume ongakhethi bani | *Khomba unikine intloko* |
| Kuthwa xa ebizwa yena nguGuguli | *Khomba ulingise umntu ocofa iselfowuni* |
| Ucofa nje iqhosha ibuye impendulo | *Vula isandla ulingise umntu ocofa amaqhosha eselfowuni* |

IVEKI 8

## Ukubhala Ngesandla

Imizuzu 15

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla nesihloko: **Amagama isinye ukuya kwisininzi.**
2 Okulandelayo abafundi mababhale amanani u 1-5 ecaleni komgca, betsiba imigca phakathi kwamanani.
3 Biza la magama alandelayo kwisinye. Abafundi mababhale igama ecaleni kwenani elichanelekileyo: **Amagama isinye ukuya kwisininzi**
   1 Ikhamera
   2 Umntu
   3 Umabonakude
   4 Umnxeba
   5 Iziko
4 Okulandelayo, yalela abafundi babhale amagama kwakhona kwisininzi.
5 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo, ubiza izandi ze ucacise indlela yokubhala ngokudibanisa.
6 Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo.
7 Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo: **Amagama isinye ukuya kwisininzi**
   1 Ikhamera
     Iikhamera
   2 Umntu
     Umntu
   3 Umabonakude
     Oomabonakude
   4 Umnxeba
     Iiminxeba
   5 Iziko
     Amaziko
8 Yalela abafundi bacinge ngezipateni xa befunda okanye bebhala.
9 Yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

Isivakalisi: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1. Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2. Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **Ngubani uKatherine Johnson?**
3. Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4. Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5. Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6. Funda ibali kube kanye, ungemi.

## Ukubhala: Imizuzu 30

### Ukuhlela

**ISIHLOKO:** Bhalela umhlobo wakho okanye isizalwana sakho ileta ngokufunda izinto ezintsha.Umhlathi wokuqala uzakuba ngamava akho ekufundeni izinto ezintsha. Umhlathi wesibini uza kuba ngento entsha ofuna ukuyifunda.

**UMSEBENZI:** Bhala izivakalisi ezili-10 kwimihlathi emibini.

**UKULUNGISELELA:**

- Bhala itshekhlisti yokuhlela ebhodini phambi kokuqala ngesifundo.
- Bhala idrafti yakho ibe nempazamo enye ukuya kwezimbini phambi kokuqala ngesifundo.

**ITSHEKHLISTI YOKUHLELA:**


1. Ingaba ndibhale ingathi ndithetha nomntu?
2. Ingaba umhlathi wam wokuqala ubhalwe kwixesha elidlulileyo?
3. Ingaba umhlathi wam wesibini ubhalwe kwixesha elizayo?
4. Ingaba ndisibhalile isibuliso nesiphelo kule leta (…..endimthandayo) (Ngothando…..)?
5. Ingaba ndinazo izivakalisi ezili-10?
6. Ingaba ndiwapele onke amagama kakuhle?
7. Ingaba zonke izivakalisi zam ziqala ngonobumba omkhulu?
8. Ingaba zonke izivakalisi zam ziphela ngesingxi okanye uphawu lokukhuza?

## YENZA UMFUZISELO WENKQUBO YOKUHLELA (NDIYENZA)

1. Fundela abafundi itshekhlisti yokuhlela.
2. Fundela abafundi idrafti yakho ukhwaze.
3. Jonga itshekhlisti yakho, ujonge nedfrafti yakho ukuba ichanekile okanye kufuneka wenze izilungiso okanye uphucule ukubhala.
4. Yenza umfuziselo ubonisa le nkqubo kubafundi.

## ABAFUNDI BAZALISA INKQUBO YOKUHLELA (UYENZA)

1. Banike incwadi zokubhala. Abafundi bakhangele iidrafti zabo ezincwadini.
2. Xelela abafundi bajonge itshekhlisti yokuhlela ze benze izilungiso.
3. Njengokuba abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe ingxoxwana – qinisekisa ukuba usebenza neqela elitsha kumsebenzi ngamnye.
4. Lungisa iimpazamo ezifanayo kumbhalo wabafundi.
5. Abafundi mabakunike inzolo ubhale zonke iimpazamo ebhodini.
6. Bonisa abafundi indlela yokulungisa ezi mpazamo



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 8.**
2 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo woku1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: ndl**
2 Biza igama: **indlu**
3 Cazulula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/**-**/ndl/**-**/u/**
4 Biza isandi sokuqala kweli gama: **/i/**
5 Biza isandi sesibini kweli gama: **/ndl/**
6 Biza isandi sesithathu kweli gama: **/u/**
7 Bhala igama elipheleleyo: **indlu**
8 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa izandi usakha eli gama: **/i/**-**/ndl/**-**/u/** = **indlu**
9 Okulandelayo, biza ilungu lokuqala kweli gama: **/in/**
10 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/dlu/**
11 Yenza umfuziselo uhlanganise amalungu usakha eli gama: **/in/**-**/dlu/** = **indlu**

**SENZE**

1 Biza isandi: **ndl**
2 Biza igama: **indlovu**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama: **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/ndl/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/o/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama: **/v/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sesihlanu kweli gama: **/u/**
8 Cela abafundi bahlule eli gama ngokwezakhi zalo ezahlukeneyo: **/i/**-**/ndl/**-**/o/**-**/v/**-**/u/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **indlovu**
10 Yenza umfuziselo ukhombe Bonisa uhlanganisa izandi usakha eli gama **/i/**-**/ndl/**-**/o/**-**/v/**-**/u/**= **indlovu**
11 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? **/in/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/dlo/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/vu/**
14 Cela abafundi bahlanganise amalungu bakhe eli gama: **/in/**-**/dlo/**-**/vu/**= **indlovu**

**UYENZA**

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi** u- **ndl**
2 Abafundi mababhale amanani 1- 5 ecaleni komgca.

3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **indlu**
   2 **indlovu**
   3 **indlela**
   4 **indlala**
   5 **indlebe**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi eso kufundwa ngaso.
5 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
6 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la amagama ngokubhala ngokudibaniso kwisifundo esilandelayo.

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________


______________________________


## Ukubhala Ngesandla:

Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala oonobumba abancinci ngokudibaniso: **ndl**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ebekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.



indlela

indlala

indlebe

Inde indlela eya kulandlu iphakathi.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

Isivakalisi: ____________________

____________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Ufundo Lokuqala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYAKHANGELA KWITEKISI**

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>Ngubani uKatherine Johnson?</u>**<br>*UKatherine G. Johnson akazange avume ukuba iimbono zoluntu zibe ngumlinganiselo wesini sakhe nebala lakhe xa wayenyusa imida ekunokufikelelwa kuyo ngumntu.' NguMongameli uBarack Obama, ngowama-2015* | |


| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ngabusuku buthile obabufudumele, uGeeta notata wakhe babehleli emva kwendlu bejonge phezulu bebuka inyanga eyayibengezela, izele.<br><br>'Ndifuna ukuya enyangeni ngenye imini! Ndifuna ukujinga emoyeni kungabikho nto inditsalela phantsi.!' Watsho uGeeta ngathi uyaphupha.<br><br>'Andifuni kucinga ngawe udubula usiya emajukujukwini ngerokethi!'uMnumzana uKapoor wahleka watsho. 'Mhlawumbi kufuneka ufane noKatherine Johnson endaweni yale uyicingayo.'<br><br>'Ngubani uKatherine Johnson?'wabuza uGeeta.<br><br>'UKatherine yingcungela kasozibalo. Akazange aye enyangeni kodwa akukho mntu wayenokuya enyangeni ngaphandle kwakhe,' wacacisa njalo uMnumzana uKapoor. | ***Yayingubani*** *uKatherine Johnson? Ndifunda apha ukuba wayengusozibalo.* |
| 'Ndafunda into yokuba uKatherine emncinane wayebala yonke into,' uMnumazana uKapoor wachazela uGeeta. 'Wayebala izitya ekhabhatini yakhe. Wayebala inani lamanyathelo awathathayo ukuya esikolweni. Wade wazama ukubala inani leenkwenkwezi esibhakabhakeni!<br><br>UGeeta wajonga iinkwenkwezi ezaziphezulu esibhakabhakeni waqala ukuzibala. Kwindawana encinane esibhakabhakebi wabala wafumana iinkwenkwezi ezili – 100. 'Isibhakabhaka kufanele ukuba samthatha ubomi bakhe bonke!' wahleka watsho uGeeta. | *Wafunda ntoni uMnumzana Kapoor ngoKatherine? Oo! Wafunda ukuba esengumntwana omncinane wayebala yonke into.* |
| 'UKatherine wangena kwisikolo semfundo ephakamileyo eneminyaka eli-10 kuphela. Khawufane ucinge ukuba wena ubuza kuqala kwisikolo semfundo ephakamileyo!' watsho uMnumzana Kapoor.<br><br>Waza wangena eYunivesithi eneminyaka eli-14! Wayeyibala kakhulu iMathematika bade ooprofesa kwafuneka bamenzele ikhosi eyodwa yena yedwa.' | *Waqala* ***nini*** *uKatherine kwisikolo semfundo ephakamileyo? Ndifunda ukuba wayeneminyaka eli-10 kuphela ukuqala kwakhe kwisikolo semfundo ephakamileyo.* |
| UGeeta wazama ukucinga ngokuya kwisikolo semfundo ephakamileyo endaweni yokuya kwigreyidi yesi- Waba nomfanekiso wakhe ehleli edesikeni enkulu, yesikolo semfundo ephakamileyo kunye nabantwana abadala.<br><br>Andiqondi ukuba ndikulungele ukuya kwisikolo semfundo ephakamileyo okwangoku!' watsho. | |

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| ‘UKatherine wayefuna ukuba ngumphandi nzulu weMathematika. Wayenengqondo ekrelekrele kakhulu eqeqeshwe ngokufanelekileyo. Kodwa, ngexesha awayethweswa ngalo isidanga eYunivesithi, kwakusenzima ngakumbi kubantu ababhinqileyo ukuba banikwe ithuba lomsebenzi ololo hlobo ngenxa yocalucalulo ababejongene nalo,’ watsho uMnumzana Kapoor. | ***Kwakutheni*** *ukuze kube nzima kuKatherine ukufumana umsebenzi njengomphandi ongusozibalo? Ndifunda ukuba kwakungenxa yokuba wayejongene nocalucalulo oluninzi njengomntu obhinqileyo omnyama.* |
| ‘Yintoni ucalucalulo?’wabuza uGeeta kutata wakhe.<br><br>‘Uyabona, ucalucalulo kuxa abantu bephathwa ngendlela engafanelekanga ngenxa yento abangenakuyitshintsha – njengohlanga kunye nesini.’<br><br>UKatherine waphathwa ngokungathi akanangqondo krelekrele njengabanye abantu ngenxa yebala nesini sakhe.’<br><br>UGeeta wacinga ngexesha uMalcolm wayeqhula ngokuba akasayi kuze abe yincutshe njengaye kwiMathematika kuba eyintombazana. ‘Ucalucalulo aluthandeki,’ watsho, ‘kwaye asiyonyani – ndandisoloko ndifumana amanqaku angcono kumsebenzi wam wasekhaya kwiMathematika!’ | *Wayephethwe* ***njani*** *uKatherine? Ndifunda ukuba wayephethwe ngathi akanangqondo ikrelekrele njengabanye abantu ngenxa yebala nesini sakhe.* |
| ‘Kwaye khawufane ucinge ukuba uMalcolm wayezamile ukuthatha umsebenzi wakho wasekhaya abhale igama lakhe kuwo!’ waqhuba uMnumzana Kapoor. ‘Ukuqala kwakhe ukusebenzela u-NASA uKatherine, ibikwilicandelo lezamajukujuku, wayenikwe uxanduva lokubhala iingxelo. Bathi ke abantu abangamadoda bafumane konke ukunconywa ngomsebenzi wakhe. Wayengavumelekanga ukuya kwiintlanganiso kunye namadoda asebenza nawo. UKatherine kwakufuneka ecacisele abantu ngalo lonke ixesha ukuba naye uyinxalenye. Ekugqibeleni, wafumana imvume yokuba igama lakhe livele kwiingxelo zakhe, waza wayinxalenye yeentlanganiso.’<br><br>UGeeta wazama ukuba nomfanekiso-ngqondweni kaMalcolm esiba umsebenzi wakhe wasekhaya ebhala igama lakhe kuwo. Waba nomfanekiso katitshala wabo, uMnumzana Payi, encoma uMalcolm ngokusebenza kwakhe nzima. ‘Ukuba ndandinguKatherine ndandiyakufuna … ukhwaza ndenze embi ingxolo! Watsho uGeeta. | Wacalucalulwa **njani** uKatherine e-NASA? Ndifunda ukuba wayengaphathwa ngendlela efanayo nabantu abangamadoda ababesebenza apho. Wayengavumelekanga ukuba abhale igama lakhe kwiingxelo ezibhalwe nguye, okanye aye kwiintlanganiso zalapho! |

IVEKI 8

| iTekisi | UFundo lokuQala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'Noxa kwakukho loo miqobo, uKatherine wayengomnye wabantu abanengqondo ekrelekrele e-NASA. Wanceda ukubala indlela yokuya komntu wokuqala emajukujukwini. Wanceda ukucwangcisa umzila owothathwa xa bebhabha okokuqala ukuya eNyangeni, kunye nezinye ihambo zasemajukujukwini emva koko. Kwathi emva kokuba ethathe umhlala-phantsi, uKatherine wathetha ngokuphandle ngokubaluleka kokufundwa kweMathematiki ngabo bonke abantwana.' Watsho uMnumzana Kapoor. 'Ngoko mna, ndicinga ukuba ebeya kufuna ufunde iMathematiki kunokuya enyangeni, nawe!' wahleka watsho uMnumzana Kapoor. | Wenza **ntoni** uKatherine emva kokuba ethathe umhlala-phantsi? Ndifunda ukuba wathetha ngokubaluleka kokufundwa kwemathematiki ngumntu wonke! |
| 'Lixesha lokulala!'watsho uGeeta. UGeeta wajonga phezulu ezinkwenkwezini kwakhona kwakanye. Waba nomfanekiso-ngqondweni kaKatherine Johnson ebala indlela eya apho. Emva koko, walandela utata wakhe wangena ngaphakathi. | |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| Yayingubani uKatherinre Johnson? | UKatherine Johnson wayengusozibalo owayesebenzela i-NASA. |
| Wayeneminyaka emingaphi uKatherine Johnson ukuqala kwakhe kwisikolo semfundo ephakamileyo? | Wayeneminyaka eli-10 kuphela ukuqala kwakhe kwisikolo semfundo ephakamileyo. |
| **Imibuzo efuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Wajongana njani uKatherine Johnson nocalucalulo? | • Kwakunzima kuye ukufumana umsebenzi noxa wayenengqondo ekrelekrele eqeqeshwe ngokufanelekileyo.<br>• Waphathwa ngokungathi akanangqondo ikrelekrele njengabanye abantu kuba wayengumntu obhinqileyo omnyama.<br>• Amadoda e-NASA azama ukuthatha konke ukunconywa kweengxelo zakhe. Wayengavumelekanga ukubhala igama lakhe kuzo.<br>• Wayengavumelekanga ukuya ezintlanganisweni namadoda asebenza nawo. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ___________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 8.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6 Cacisa uMsebenzi **wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye imisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 8

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali


Imizuzu 15

### ISIGAMA SOMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha :
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- amandla omoya
- ucalucalulo
- ayilunganga

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wee sihlobo sam - khawundihlebele | *Khweba ngesandla ubambe indlebe unge uyisondeza komnye* |
| Wena wenza njani - xa ufun'ulwazi | *Vula izandla unyuse amagxa unge uxakiwe* |
| Hlala phantsi ndikucacisele | *Bonisa ngesandla ukuhlalisa umntu phantsi ulingise umntu othethayo* |
| Kukho umalume ongakhethi bani | *Khomba unikine intloko* |
| Kuthwa xa ebizwa yena nguGuguli | *Khomba ulingise umntu ocofa iselfowuni* |
| Ucofa nje iqhosha ibuye impendulo | *Vula isandla ulingise umntu ocofa amaqhosha eselfowuni* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI



1 Yohlula abafundi babe ngamaqela amancinane.
2 Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
3 Xelela abafundi bacinge ngebali eliza kungena kwimifanekiso.
4 Nika abafundi umzuzu ube mnye okanye ibe mibini becinga ngokwakha ibali .
5 Okulandelayo umfundi ngamnye kwiqela makabelane ngebali lakhe alakhileyo.
6 Khumbuza abafundi ukuba ibali ngalinye kumele linike umdla kwaye lihambelane nemifanekiso!
7 Cela abafundi babelane kwaye bamamelame amabali abo.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: ntl**
2 Biza igama: **intlaka**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/ntl/-/a/-/k/-/a/**
4 Biza isandi sokuqala kweli gama: **/i/**
5 Biza isandi sesibini kweli gama: **/ntl/**
6 Biza isandi sesithathu kweli gama: **/a/**
7 Biza isandi sesine kweli gama: **/k/**
8 Biza isandi sokugqibela kweli gama: **//a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **intlaka**
10 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eli gama **/i/-/ntl/-/a/-/k/-/a/** = **intlaka**
11 Okulandelayo, biza ilungu lokuqala kweli gama: **/in/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/tla/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/ka/**
14 Yenza umfuziselo uhlanganise amalungu usakha eli gama: **/in/-/tla/-/ka/** = **intlaka**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **ntl**
2 Biza igama: **intlama**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama: **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/ntl/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/m/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama**? /a/**
8 Cela abafundi bahlule eli gama ngokwezandi zalo ezahlukeneyo: **/i/-/ntl/-/a/-/m/-/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **intlama**
10 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa izandi usakha eli gama **/i/-/ntl/-/a/-/m/-/a/** = **intlama**
11 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? **/in/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/tla/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/ma/**
14 Xelela abafundi bahlanganise amalungu bakhe eli gama: **/in/-/tla/-/ma/** = **intlama**

**UYENZA**

1. Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u- ntl**
2. Abafundi mababhale amanani u 1 -5.
3. Bizela la magama alandelayo:
   1. **intlaka**
   2. **intlama**
   3. **intloko**
   4. **intluva**
   5. **intliziyo**
4. Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenanani elichanelekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi eso kufundwa ngaso.
5. Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo, bhala amagama ebhodini ukrwele isandi umgca ngaphantsi.
6. Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepensile enombala.
7. Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1. Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **ntl**
2. Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwisandi esi bekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## Ukubhala: 30 imizuzu

### Ukushicilela Nokwabelana

**ISIHLOKO:** Bhalela umhlobo wakho okanye isizalwana sakho ileta ngokufunda izinto ezintsha.Umhlathi wokuqala uzakuba ngamava akho ekufundeni izinto ezintsha. Umhlathi wesibini uza kuba ngento entsha ofuna ukuyifunda.

**UMSEBENZI:** Bhala izivakalisi ezili-10 kwimihlathi emibini.

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

Kulo nyaka, ndifunde…..

Eli libali lingo….

Ndithande….

Andithandanga….

Ndicinga eli bali ngelibhetele ukuba…..

Ndicinga u…..angalithanda eli bali kuba….

Ekugqibeleni ndicinga…


**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala iplani le ubuyenze ngoMvulo ebhodini.

#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOSHICILELO (NDIYENZA)

1. Khumbuza abafundi ukuba ngoMvulo usebenzise itshekhlisti yokuhlela ukuhlela iidrafti.
2. Xelela abafundi ukuba namhlanje siza kushicilela ze sabelane ngemibhalo yethu.
3. Bonisa abafundi ukuba indlela yokubhala kwakhona umbhalo wakho ube nesihloko nomhla.

#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOSHICILELO (UYENZA)

1. Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala**, okanye iphepha iA4 ukubhala ileta le baziyinika lowo bambhaleleyo**
2. Yalela abafundi babhale umhla nesihloko**: Ileta engokufunda into entsha**
3. Abafundi mababhale umbhalo wabo kwakhona kakuhle ngaphandle kweempazamo.
4. Abafundi bangafaka umzobo ukuba banexesha.
5. Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe iingxoxwana nabo batsala nzima.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 8.**
2. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Ukutshintsha Isandi

**NDIYENZA......**

1 Baxelele ukuba namhlanje sizakufunda ukujonga umahluko kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngabafundi abangcono.
2 Bhala la magama mabini ebhodini: **intlama, intlaka**
3 Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha: **intlama, intlaka**
4 Cacisa umahluko ku: **/ma/** no **/ka/** ezi zandi zibizwa ngokwahlukileyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

**SIYENZA...**

**ISIQENDU SOKU 1**

1 Bhala la magama mabini ebhodini: **indlala, indlela**
2 Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3 Biza umfundi eze ngaphambili aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama: **indlala, indlela**
4 Baxelele umahluko kumagama.
5 **Isiqendu sesi 2**
6 Bhala eli gama ebhodini: **indlala**
7 Buza abafundi: **Sesiphi isandi onokusitshintsha nesi sandi ukwakha igama elitsha?**
8 Bhala iimpendulo zabafundi usenza uluhlu ebhodini: **igqala, indlala, nqwala, utywala, ikrwala**

**WENZE...**

1 Bhala eligama ebhodini: **indlela**
2 Yalela abafundi benze amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela egameni
3 Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4 Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
**dela, cela, sela, isela, mamela, mela**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## Ukufunda Notitshala: Isifundo Sesibini

Imizuzu 15


**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYAKHANGELA KWITEKISI**

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| <u>**Ngubani uKatherine Johnson?**</u><br>*UKatherine G. Johnson akazange avume ukuba iimbono zoluntu zibe ngumlinganiselo wesini sakhe nebala lakhe xa wayenyusa imida ekunokufikelelwa kuyo ngumntu.' NguMongameli uBarack Obama, ngowama-2015* | |
| Ngabusuku buthile obabufudumele, uGeeta notata wakhe babehleli emva kwendlu bejonge phezulu bebuka inyanga eyayibengezela, izele.<br>'Ndifuna ukuya enyangeni ngenye imini! Ndifuna ukujinga emoyeni kungabikho nto inditsalela phantsi.!' Watsho uGeeta ngathi uyaphupha.<br>'Andifuni kucinga ngawe udubula usiya emajukujukwini ngerokethi!'uMnumzana uKapoor wahleka watsho. 'Mhlawumbi kufuneka ufane noKatherine Johnson endaweni yale uyicingayo.'<br>'Ngubani uKatherine Johnson?'wabuza uGeeta.<br>'UKatherine yingcungela kasozibalo. Akazange aye enyangeni kodwa akukho mntu wayenokuya enyangeni ngaphandle kwakhe,' wacacisa njalo uMnumzana uKapoor. | ***Kwakutheni*** *ukuze uMnumzana Kapoor afune uGeeta afane noKatherine Johnson? Oo! Ndicinga ukuba kungenxa yokuba ubona ukuba kungangcono uGeeta abe ngusozibalo kunokuba ngusomajukujuku. Kukhuselekile kakhulu!* |
| 'Ndafunda into yokuba uKatherine emncinane wayebala yonke into,' uMnumazana uKapoor wachazela uGeeta. 'Wayebala izitya ekhabhatini yakhe. Wayebala inani lamanyathelo awathathayo ukuya esikolweni. Wade wazama ukubala inani leenkwenkwezi esibhakabhakeni! | ***Kwakutheni*** *ukuze uKatherine abale yonke into? Oo!* ***Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali*** *ndithi, kuba wayeyithanda imathematiki esemncinane kakhulu.* |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| UGeeta wajonga iinkwenkwezi ezaziphezulu esibhakabhakeni waqala ukuzibala. Kwindawana encinane esibhakabhakebi wabala wafumana iinkwenkwezi ezili – 100. 'Isibhakabhaka kufanele ukuba samthatha ubomi bakhe bonke!' wahleka watsho uGeeta. | |
| 'UKatherine wangena kwisikolo semfundo ephakamileyo eneminyaka eli-10 kuphela. Khawufane ucinge ukuba wena ubuza kuqala kwisikolo semfundo ephakamileyo!' watsho uMnumzana Kapoor.<br><br>Waza wangena eYunivesithi eneminyaka eli-14! Wayeyibala kakhulu iMathematika bade ooprofesa kwafuneka bamenzele ikhosi eyodwa yena yedwa.' | *Sazi* ***njani*** *ukuba uKatherine wayenengqondo ekrelekrele? Oo, ndiyakwazi* ***ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali*** *ndithi, wayengqondo ekrelekrele kakhulu kuba waqala kwisikolo semfundo ephakamileyo emncinane kakhulu, kwaye wenzelwa ikhosi yakhe eyodwa eyunivesithi.* |
| UGeeta wazama ukucinga ngokuya kwisikolo semfundo ephakamileyo endaweni yokuya kwigreyidi yesi- Waba nomfanekiso wakhe ehleli edesikeni enkulu, yesikolo semfundo ephakamileyo kunye nabantwana abadala.<br><br>Andiqondi ukuba ndikulungele ukuya kwisikolo semfundo ephakamileyo okwangoku!' watsho. | ***Kwakutheni*** *ukuze uGeeta azame ukwenza umfanekiso-ngqondweni wakhe ekwisikolo semfundo ephakamileyo? Oo! ndiyakwazi* ***ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali*** *ndithi, ufanele ukuba uyintanga kaKatherine ngokuya wayeqala isikolo semfundo ephakamileyo!* |
| 'UKatherine wayefuna ukuba ngumphandi nzulu weMathematika. Wayenengqondo ekrelekrele kakhulu eqeqeshwe ngokufanelekileyo. Kodwa, ngexesha awayethweswa ngalo isidanga eYunivesithi, kwakusenzima ngakumbi kubantu ababhinqileyo ukuba banikwe ithuba lomsebenzi ololo hlobo ngenxa yocalucalulo ababejongene nalo,' watsho uMnumzana Kapoor. | ***Kutheni*** *kwakumele ukuba lula kuKatherine ukuba anikwe umsebenzi? Kuba wayenengqondo ekrelekrele eqeqeshwe ngokufanelekileyo. La manqaku ayemele ukwenza nabani afune ukumqesha!* |
| 'Yintoni ucalucalulo?'wabuza uGeeta kutata wakhe.<br><br>'Uyabona, ucalucalulo kuxa abantu bephathwa ngendlela engafanelekanga ngenxa yento abangenakuyitshintsha – njengohlanga kunye nesini.'<br><br>UKatherine waphathwa ngokungathi akanangqondo krelekrele njengabanye abantu ngenxa yebala nesini sakhe.'<br><br>UGeeta wacinga ngexesha uMalcolm wayeqhula ngokuba akasayi kuze abe yincutshe njengaye kwiMathematika kuba eyintombazana. 'Ucalucalulo aluthandeki,' watsho, 'kwaye asiyonyani – ndandisoloko ndifumana amanqaku angcono kumsebenzi wam wasekhaya kwiMathematika!' | *Ulungcamle* ***njani*** *uKatherine ucalucalulo? Walungcamla ucalucalulo kuMalcolm xa wathi amantombazana awakho bukhali kwimathematiki njengamakhwenkwe. Olo hlobo lwempatho yinto eyayijongana noKatherine lonke ixesha.* |

| iTekisi | UFundo LwesiBini (Ukucinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'Kwaye khawufane ucinge ukuba uMalcolm wayezamile ukuthatha umsebenzi wakho wasekhaya abhale igama lakhe kuwo!' waqhuba uMnumzana Kapoor. 'Ukuqala kwakhe ukusebenzela u-NASA uKatherine, ibikwilicandelo lezamajukujuku, wayenikwe uxanduva lokubhala iingxelo. Bathi ke abantu abangamadoda bafumane konke ukunconywa ngomsebenzi wakhe. Wayengavumelekanga ukuya kwiintlanganiso kunye namadoda asebenza nawo. UKatherine kwakufuneka ecacisele abantu ngalo lonke ixesha ukuba naye uyinxalenye. Ekugqibeleni, wafumana imvume yokuba igama lakhe livele kwiingxelo zakhe, waza wayinxalenye yeentlanganiso.'<br><br>UGeeta wazama ukuba nomfanekiso-ngqondweni kaMalcolm esiba umsebenzi wakhe wasekhaya ebhala igama lakhe kuwo. Waba nomfanekiso katitshala wabo, uMnumzana Payi, encoma uMalcolm ngokusebenza kwakhe nzima. 'Ukuba ndandinguKatherine ndandiyakufuna … ukhwaza ndenze embi ingxolo! Watsho uGeeta. | **Kwakutheni** ukuze uGeeta abe wayenokufuna ukungxola akhwaze kakhulu? Oo! Kufanele ukuba kungenxa yokuba ucalucalulo luchukumisa umxhelo ngendlela embi. UGeeta unomfanekiso-ngqondweni wendlela uKatherine afanele ukuba wayeziva ngayo e-NASA*!* |
| 'Noxa kwakukho loo miqobo, uKatherine wayengomnye wabantu abanengqondo ekrelekrele e-NASA. Wanceda ukubala indlela yokuya komntu wokuqala emajukujukwini. Wanceda ukucwangcisa umzila owothathwa xa bebhabha okokuqala ukuya eNyangeni, kunye nezinye ihambo zasemajukujukwini emva koko. Kwathi emva kokuba ethathe umhlala-phantsi, uKatherine wathetha ngokuphandle ngokubaluleka kokufundwa kweMathematiki ngabo bonke abantwana.' Watsho uMnumzana Kapoor. 'Ngoko mna, ndicinga ukuba ebeya kufuna ufunde iMathematiki kunokuya enyangeni, nawe!' wahleka watsho uMnumzana Kapoor. | |
| 'Lixesha lokulala!'watsho uGeeta. UGeeta wajonga phezulu ezinkwenkwezini kwakhona kwakanye. Waba nomfanekiso-ngqondweni kaKatherine Johnson ebala indlela eya apho. Emva koko, walandela utata wakhe wangena ngaphakathi. | ***Kwakutheni*** *ukuze uGeeta acinge ngoKatherine xa ejonge enyangeni? Oo! Kungenxa yokuba uKatherine nguye owabala indlela yokuba oosomajukujuku baye kufika apho!* |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| UMnumzana Kapoor ufuna uGeeta afane nabani? | Ufuna uGeeta afane noKatherine Johnson. |
| Ngubani owamfaka uGeeta kwimeko yocalucalulo? | UMalcolm wafaka uGeeta kwimeko yocalucalulo. |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze utata kaGeeta afune ukuba afane noKatherine Johnson? | • Kuba akafuni uGeeta antinge esiya enyangeni ngerokethi – endaweni yoko angathanda xa esenza imathematiki endaweni yoko.<br>• Mhlawumbi kungenxa yokuba wacinga ukuba uKatherine Johnson ungumntu obukwayo.<br>• Mhlawumbi wayefuna uGeeta alwe ucalucalulo njengohlobo uKatherine Johnson awenza ngalo. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ______________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 8.**
2. Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1**.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2**.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 8

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- ityala
- indumiso
- bala

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wee sihlobo sam - khawundihlebele | *Khweba ngesandla ubambe indlebe unge uyisondeza komnye* |
| Wena wenza njani - xa ufun'ulwazi | *Vula izandla unyuse amagxa unge uxakiwe* |
| Hlala phantsi ndikucacisele | *Bonisa ngesandla ukuhlalisa umntu phantsi ulingise umntu othethayo* |
| Kukho umalume ongakhethi bani | *Khomba unikine intloko* |
| Kuthwa xa ebizwa yena nguGuguli | *Khomba ulingise umntu ocofa iselfowuni* |
| Ucofa nje iqhosha ibuye impendulo | *Vula isandla ulingise umntu ocofa amaqhosha eselfowuni* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala ifreyimu yengxoxo ebhodini
i. Kweli bali ….
ii. UKatherine ……
iii. Into enye endiyifundileyo kukuba……

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwifreyimu yengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

**4** Abafundi baza kunikana amathuba kumaqela bephendula imibuzo kwifreyimu yengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.

**7** Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.

**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukufumana Amagama

Imizuzu 15

Bhala itheyibhuli yakho ebhodini enezandi esezifundiwe kwakunye namagama nezandi ebezifundwe kwisifundo sangoLwesiBini noLwesiThathu.

| ndl | ntl | h |
|---|---|---|
| i | a | l |
| e | u | v |
| o | k | z |
| y | m | b |

### YENZA UMFUZISELO

1 Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: / **ndl** / no / **ntl** /
2 Hlaziya zonke iizandi namagama akhiwe ngokuhlanganiswa ebhodini.
3 Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4 Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso seveki ngolu hlobo: **/i/-/ndl/-/a/-/l/-/a/** = **indlala**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise u: **/ ndl / okanye u / ntl /**
6 Bonisa abafundi ukwenza amanye amagama njengo: **/l/-/u/-/m/-/a/** = **luma**

### ABAFUNDI BAYENZA

1 Xelela abafundi bavule iincwadi zabo babhale isihloko: **ndl, ntl**
2 Yalela abafundi babhale amagama, banike imizuzu emithathu ukwakha amagama.
3 Banike abafundi imizuzu emi 3 ukufumana ze bakhe amagama kangangoko banako.
4 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
5 Bonisa abafundi iindlela zokwakha la magama:
**indlu, indlovu, indlela, indlala, indlebe, intlaka, intlama, intloko, intluva, intliziyo, luma, kubi, bhekela, hleba**

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

IVEKI 8

## Ukufunda Notitshala: Emva Kokufunda

Imizuzu 15

### UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA / KHANGELA KWITEKISI

#### ISISHWANKATHELO SEBALI ESIBHALIWEYO


1. Phambi kokuba siqale isifundo, bhala esi sihloko silandelayo, imibuzo, neziqali zivakalisi ebhodini.
2. Funda imibuzo nabafundi, ucacisa apho kukho imfuneko.
3. Yalela abafundi **baguquke bathethe** besabelana ngeempendulo zabo.
4. Yalela abafundu bavule iincwadi zabo, babhale umhla nesihloko ze baphendule imibuzo.
5. Kwimizuzu emihlanu yokugqibela, jonga iimpendulo nabafundi ze abafundi bazikorekishe.

#### NGUBANI UKATHERINE JOHNSON?

1. UKatherine wasiqala phi isikolo samabanga aphezulu?
   **Isikolo samabanga aphezulu *wasiqala ……***
2. Kwakutheni ukuze uKatherine aqale isikolo samabanga aphezulu esemncinci kakhulu?
   **Waqala isikolo samabanga aphezulu esemncinci ngoba…….**
3. *UKatherine wajongana njani nocalucalulo?*
   ***UKatherine wajongana nocalucalulo……***

#### NGUBANI UKATHERINE JOHNSON? IIMPENDULO

1. UKatherine wasiqala phi isikolo samabanga aphezulu?
   **Isikolo samabanga aphezulu *wasiqala eneminyaka elishumi.***
2. Kwakutheni ukuze uKatherine aqale isikolo samabanga aphezulu esemncinci kakhulu?
   **Waqala isikolo samabanga aphezulu esemncinci ngoba wayekrele-krele kakhulu.**
3. *UKatherine wajongana njani nocalucalulo?*
   ***UKatherine wajongana nocalucalulo ngela xesha kwakunzima ukufumana umsebenzi/ ngela xesha amadoda ayengamvumeli ukuba afake igama lakhe kwiirepoti.***



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ______________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 8.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.



## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki imizuzu 15

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe okungazukusebenza, kule Kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza bamagama nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: imifanekiso yabantu kwihlabathi lonke ukuze nizo kuxoxa ngokwahlukana kwethu ngendlela ezininzi, umzkl: ubuhlanga, amazwe esiphuma kuwo, ulwimi esizithethayo njl njl.
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo, umzekelo: phanda ngendlela apho ungenza iklasi yakho ilungele bonke abafundi abasuka kwindawo ezahlukeneyo uthethe nabafundi ngokwahlukana/ ukungafani kwabantu ngandlela zonke.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.
8. Lungisa amaqela akho okufunda ancediswa ngutitshala xa kuyimfuneko.
9. Cwangcisa uhlolo lwakho olungekho sesikweni noluse sikweni lweveki.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 50 & 51 Masenzeni

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 52, Masifunde

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 53 Masibhale

**Umsebenzi 4: Bhala kwidayari** ngento ibenye ebalulekileyo ngawe ekwenza ibe nguwe usixelela nesizathu sokuba ibaluleke.

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### UKWAZISA NGOMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI ABANALO

1 Bonisa abafundi umfanekiso kaTrevor Noah kwiNcwadi eNkulu yebali: **UTrevor Noah, ilovane**
2 Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha**: Ungubani?**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Bhala inkcazo ngobume bakho/ ngobuwena
   b Zintoni izinto ezichaza ubume bethu / ubuthina?
   Nceda abafundi ukuba baqonde ukuba bangobani, izinto /okanya amagama abawasebenzisayo ukuzichaza, inkolo, ubuhlanga, amasiko, isini, ulwimi lwasekhaya, iintsapho esiphuma kuzo konke oku kubalulekile xa sizichaza ukuba singobani.
   c Jonga abanye abafundi apha eklasini uyakwazi ukubabona ukuba bangobani?

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   Point- Khomba igama
   Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
   - Ubume
   - ulovane
   - ngokwahlukileyo

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Ndakuzijonga ndizibhencabhence | *Jonga ngapha kwegxalaba lakho lasekunene nelasekhohlo* |
| Ndibon'umangaliso wendal'othandekayo | *Beka izandla zozibini esifubeni kwicala lasekhohlo* |
| Ndibalulekile kwaye ndikhethekile | *Zalathe ngesandla uze umise izandla zozibini phambi kwakho unge uyazibuka* |
| Nawe ukwanjalo ukubaluleka | *Yalatha komnye uze umise izandla zakho phambi kwakho unge uyazibuka* |
| Noxa singafani ngamnye unexabiso | *Yalatha kuwe walathe komnye unikine intloko uze umise izandla zakho unge uyazibuka* |

IVEKI 9

## Ukubhala Ngesandla

Imizuzu 15

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla nesihloko: **Izivakalisi Isinye ukuya kwisininzi**
2 Okulandelayo abafundi mababhale amanani isi1-5 ecaleni komgca, betsiba imigca phakathi kwamanani.
3 Biza izivakalisi kwisinye ngolu hlobo lungezantsi. Abafundi mababhale iizivakalisi ecaleni kwenani elichanelekileyo
**Izivakalisi isinye ukuya kwisininzi**
   1 Ikhamera yawa etafuleni.
   2 Umntu ulahlekile.
   3 Ndinomabonakude omkhulu.
   4 Umnxeba awusebenzi.
   5 Iziko limdaka.
4 Okulandelayo, yalela abafundi babhale izivakalisi kwakhona kwisininzi.
5 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo, ubiza izandi ze ucacise indlela yokubhala ngokudibanisa.
6 Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo: apho kukho utshintsho khona.
7 Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo :
**Izivakalisi isinye ukuya kwisininzi**
   1 Ikhamera yawa etafuleni.
   Iikhamera ziwile etafuleni.
   2 Umntu ulahlekile.
   Abantu balahlekile.
   3 Ndinomabonakude omkhulu.
   Ndinoomabonakude abakhulu.
   4 Umnxeba awusebenzi.
   Iiminxeba ayisebenzi.
   5 Iziko limdaka.
   Amaziko amdaka.
8 Yalela abafundi bacinge ngezipateni xa befunda okanye bebhala.
9 Yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

Isivakalisi: ____________________

____________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Ngaphambi Kokufunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1. Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2. Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **UTrevor Noah, ilovane.**
3. Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4. Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5. Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6. Funda ibali lonke kube kanye, ungemi.

## Ukubhala: Imizuzu 30

### IsiCwangciso neDrafti

**ISIHLOKO:** Bhala inkcazo ngobume bakho/ ngobuwena.

**UMSEBENZI:** Bhala izivakalisi ezili-10 ezizakungena kula ncwadi: Amabali ngobume bethu.

**UBUGCISA BOKWENZA ISICWANGCISO:** Yenza imephu yengqondo

**YAZISA ISIHLOKO SOKUBHALA.**

1. Bonisa abafundi ukuba **uyacinga phambi kokuba ubhale.**
2. Cacisa iimbono zakho ngebali ngolu hlobo:
   *Ndiyinkwenkwe. Ulwimi lwam lwasekhaya yiKirundi. NdingowaseMzantsi Afrika naseBurundi Izinyanya zam ziphuma kwilali encinci yaseBurundi. Ndiyalithanda isiko lwethu lokubetha amagubu kwimibiyozo /kwimicimbi ekhethekileyo. Ndihlala eMzantsi Afrika ndithetha isiZulu nesiNgesi.*

**UMFUZISELO WOBUGCISA BOKUCWANGCISA (NDIYENZA)**

1. Zoba ifreyimu yokubhala kwelinye lamacala ebhodi yakho.
2. Bonisa abafundi indlela yokwenza uluhlu ngokuphendula imibuzo.
3. Zalisa iplani kwelinye icala lebhodi.

| **iMephu yengqondo** | | |
|---|---|---|
| Yintoni ulwimi lwakho lwasekhaya? | Yintoni ubuzwe bakho? (Ilizwe ozalelwe kulo?) | Yintoni inkcubeko yakho? |
| Yintoni inkolo yakho? | **Ibali lam** | Yintoni isini sakho? |
| Ulolupha uhlanga? | Ingaba zikhona ezinye izinto ezibalulekileyo ngobunguwe? | Yeyiphi into ebalulekileyo ngobunguwe? Ngoba? |

| **iMephu yengqondo** | | |
|---|---|---|
| yiKirundi | Ndingowase Mzantsi Afrika. | yiBurundi |
| Andinayo | **Ibali lam** | ndiyinkwenkwe |
| Ndimnyama | Ndithetha isiFrench, isiZulu kunye nesiNgesi. Ndiyakuthanda ukuthatha iilwimi ezahlukeneyo.<br>Ndithanda ukudlala nebhola ekhatywayo. | Ukuba namazwe amabini: iBurundi noMzantsi Afrika |

## ABAFUNDI BASEBENZISA UBUGCISA BOKWENZA ISICWANGCISO (UYENZA)

1. Xelela abafundi bavale amehlo bacinge ngazo zonke izinto ezibenza babe ngabantu abangabo.
2. Xelela abafundi **baguquke bathethe** nomlingane besabelana ngeengcinga zabo.
3. Bonisa abafundi ifreyimu yokubhala ebhodini, abafundi mabasebenzise le freyimu ukwenza umsebenzi wabo njengoko ubuwenzile.
4. Banike iincwadi zokubhala.
5. Xelela abafundi ukuba babhale iingcinga zabo **– bangakopi** ezakho.
6. Njengokuba abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe **ingxoxwana**




## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ______________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 9.**
2 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo woku1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **Umsebenzi wangoMvulo wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 9

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

## Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: ngq**
2 Biza igama: **ingqayi**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/**-/**ngq**/-/**a**/-/**y**/-/**i/**
4 Biza isandi sokuqala: **/i/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/ngq/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/a/**
7 Biza isandi sesine: **/y/**
8 Biza isandi sokugqibela: **/i/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ingqayi**
10 Yenza umfuziselo ukhombe xa uhlanganisa izandi usakha eli gama **/i/**-/**ngq**/-/**a**/-/**y**/-/**i**/ = **ingqayi**
11 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/in/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/gqa/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/yi/**
14 Yenza umfuziselo ukukhombe xa ukuhlanganisa amalungu egama usakha igama: **/in**/-/**gqa**/-/**yi**/ = **ingqayi**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **ngx**
2 Biza igama: **ingxaki**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/ngx/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi esilandelayo? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine ? **/k/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela? **/i/**
8 Cela abafundi bahlahlele igama ngokwesandi ngasinye: **/i/**-/**ngx**/-/**a**/-/**k**/-/**i/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ingxaki**
10 Yenza umfuziselo wokukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eli gama **/i/**-/**ngx**/-/**a**/-/**k**/-/**i**/ = **ingxaki**
11 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? : **/in/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/gxa/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama?: **/ki/**
14 Baxelele abafundi bahlanganise amalungu bakhe igama: **/in**/-/**gxa**/-/**ki**/ = **ingxaki**

### UYENZA

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u- ngq, ngx**
2 Abafundi mababhale amanani 1 -10.
3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **ngqo**
   2 **ingqayi**
   3 **ingqina**
   4 **ingqiniba**
   5 **ingqambu**
   6 **ngxe**
   7 **ingxaki**
   8 **ingxelo**
   9 **ingxam**
   10 **ingxokolo**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanekileyo ze bakrwelel umgca ngaphantsi kwesandi eso kufundwa ngaso.
5 Kwimizuzu emibini yokugqibela yesifundo bhala ngokuchanekileyo amagama ebhodini uze ukrwele umgca ngaphantsi kwesandi ekujoliswe kuso.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la amagama ngokubhala ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ ukubhala izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala oonobumba abancinci ngokudibanisa: **ngq, ngx**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15


## Ufundo Lokuqala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYACINGA / NDIZITHATHELA ISIGQIBO**

| Itekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UTrevor Noah, ulovane** | **Ndiyacinga ingaba** kutheni esi sihloko sithelekisa uTrevor Noah nelovane? |
| **UTrevor Noah, ulovane**<br>Wakhe weva ngoTrevor Noah? Liqhula lodumo elingumbhali waseMzantsi Afrika. UTrevor ubhale incwadi ethi, 'Born a Crime' ingenzima awakhula ngayo ngexesha loMbuso wacalucalulo. | |
| Ngexesha loMbuso wocalucalulo, abantu beentlanga ezahlukileyo kwakufuneka bohluliwe. Yayikukwaphula umthetho ukuthi abantu abohluke ngebala babe nabantwana kunye okanye batshate. Kodwa ke, abantu abahluke ngebala babethi ngamanye amaxesha bathandane babe nabo nabantwana. | |
| Umama kaTrevor wayengumntu omnyama, engumXhosa. Umama kaTrevor wophula imithetho engalunganga yoMbuso wocalucalulo. Waya kuhlala kwindawo yaseRhawutini eyayibekelwe abamhlophe kuphela. Wahlangana apho notata kaTrevor. Wayeyindoda emhlophe evela eSwirtzerland. Bafumana uTrevor, umntwana weentlanga ezixubeneyo. Ngelo xesha lalilibi kunene, uTrevor kwakunzima ukuba amkeleke gingci! Wayengavunyelwa ukuba abe kwiindawo zabantu abamhlophe. Wayengavunyelwa nokuba abe kwiindawo zabantu abamnyama. Kwaye yayinguye kuphela kusapho lwakhe owayeluhlanga oluxutyiweyo. | **Ndiyacinga ingaba** kunjani xa wonke umntu kusapho lwakho engafani nomnye? Kufanele ukuba kunzima ukuziva usithi gingci kulo! |
| Ebuntwaneni bakhe uTrevor, abazali bakhe ngamanye amaxesha babemsa epakini. Kodwa babesazi ukuba bangasengxakini ukuba amapolisa ayenokufumanisa ukuba balusapho. Ngoko ke xa besiya epakini, babesenza ngathi abazani! | **Ndiyacinga ingaba** kwakunjani kumntwana omncinci? **Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali ndithi** kufanela ukuba kwakumenza abhideke! |
| Ngenye imini uTrevor esengumntwana omncinci kakhulu, wakhwaza esithi, 'Tata!' wabaleka esiya kutata wakhe. Utata wakhe wayesoyika ukuba kungenzeka into embi. Wambaleka umntwana wakhe. Kodwa umntwana onguTrevor yena wacinga ukuba kuyadlalwa, waza wamleqa apho epakini, ekhwaza 'Tata!' | |

| Itekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| UTrevor wayechitha ixesha elininzi kumakhulu wakhe eSoweto. Ngelo xesha, kwakuvumeleke abantu abamnyama kuphela ukuba bahlale eSoweto. Usapho lukaTrevor lwalunexhala lokuba xa enokubonwa ngamapolisa, angazama ukumohlutha kusapho lwakhe. Ngoko ke uTrevor wayengavumelekanga ukuba adlale esitalatweni kunye nabanye abantwana!<br><br>UTrevor wakhe waziva edikiwe efuna ngamandla ukudlala nabanye waza womba umngxuma wokuthubeleza phantsi kocingo olubiyele indlu yakowabo! | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uTrevor wayengenabo abahlobo abangangaye kuba wayengavumelekanga ukuba adlale phandle. Kufanele ukuba oko kwakusenza ukuba kube nzima ukuziva eyinxalenye. |
| UTrevor wafunda ukuba ulwimi yayisisixhobo esibaluleke kakhulu ukwakha iibhulorho nabantu abohlukileyo kuye. UTrevor wakhe wathi akufunda iilwimi, 'waguquka walilovane'. Ngamanye amazwi, uTrevor wafumanisa ukuba xa ethetha ulwimi lomntu othile, bayalibala ukuba ukhangeleka ngendlela eyahlukileyo kunabo. Ulwimi lwalumnceda azive eyinxalenye kwiindawo ezininzi apho wayekhangeleka ngokwahlukileyo khona. | Kwakunzima kuTrevor ukuziva eyinxalenye yabanye ngokulula. Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, ukuthetha iilwimi ezininzi ezahlukileyo kwamnceda uTrevor azive eyinxalenye yabantu! |
| Xa uTrevor wayeneminyaka elishumi, uMbuso wocalucalulo waphela. UTrevor waya kwisikolo semfundo ephakamileyo esikhulu esinabantwana abangaphezu kwewaka. Kwisikolo sikaTrevor kwakukho abantwana beBala, amaNdiya, amaTshayina, abaMnyama nabaMhlophe. Kodwa kubo bonke abantwana besikolo sakhe uTrevor yayinguye yedwa umntwana oluhlanga oluxutyiweyo. Wayeba nengxaki yokwazi ukuba makahlale nabani ngexesha lekhefu. | **Ndiyacinga ingaba** uziva njani xa uthi wakubhekabheka ufumanise ukuba wahlukile kumntu wonke? Kukhangeleka ngathi kwakunzima kuTrevor ukuziva eyinxalenye kwabanye. |
| Ngoko ke, uTrevor waqala ishishini. Wayeqokelela imali kwabanye abantwana aye kubathengela ukutya esikroxweni. Ngenxa yeshishini lakhe, uTrevor wathetha namaqela onke abantwana basesikolweni sakhe. UTrevor wafunda indlela yokuthi gingci kwabanye ngokuqhula enze abantu bahleke. Ukuba ngumntu owenza izinto ezingaqhelekanga kwamnceda uTrevor abe lilovane elilunga kwindawo yonke! | |
| Kubomi bakhe bonke, uTrevor wayeziva njengevezandlebe ngeendlela ezininzi ezahlukileyo. UTrevor wafumana iindlela ezininzi ezahlukileyo zokuba amkeleke. Waqaphela waza wajonga abantu. Wafunda iilwimi zabo. Wafunda indlela yokwenza zonke iindidi zabantu ezahlukileyo. Ukwahluka kuko okwanceda uTrevor abe liqhula lodumo lalemihla! | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, kubomi bukaTrevor, ngamanye amaxesha wayengaziva eyinxalenye kwabanye. Loo maxesha amnceda uTrevor wangumntu anguye udumileyo nophumeleleyo namhlanje. |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Wazalwa ngaliphi ixesha uTrevor? | UTrevor wazalwa ngexesha loMbuso wocalucalulo. |
| Wayehlala phi umakhulu kaTrevor? | Wayehlala eSoweto. |
| Wenza ntoni uTrevor ukuzama ukuba yinxalenye kwabanye? | • Wafunda iilwimi ezininzi.<br>• Waqala ishishini esikolweni.<br>• Wafunda ukuhlekisa abantu. |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze uTrevor kube nzima kuye ukuziva eyinxalenye kwabanye? | • Kuba wayekhangeleka ngokwahlukileyo kumntu wonke kusapho lwakhe.<br>• Kuba wayengavumelekanga ukudlala nabanye abantwana, kuba wayenokuthathwa ngamapolisa.<br>• Kuba kwisikolo semfundo ephakamileyo, yayinguye yedwa umntwana wohlanga oluxutyiweyo. Wayeziva engathi gingci lula kwamanye amaqela abantwana esikolweni. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ______________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda** 9.
2. Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6. Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2**.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

Imizuzu 15

**ISIGAMA SOMXHOLO**

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- isini
- ubuhlanga
- inkolo
- yeyakho

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Ndakuzijonga ndizibhencabhence | *Jonga ngapha kwegxalaba lakho lasekunene nelasekhohlo* |
| Ndibon'umangaliso wendal'othandekayo | *Beka izandla zozibini esifubeni kwicala lasekhohlo* |
| Ndibalulekile kwaye ndikhethekile | *Zalathe ngesandla uze umise izandla zozibini phambi kwakho unge uyazibuka* |
| Nawe ukwanjalo ukubaluleka | *Yalatha komnye uze umise izandla zakho phambi kwakho unge uyazibuka* |
| Noxa singafani ngamnye unexabiso | *Yalatha kuwe walathe komnye unikine intloko uze umise izandla zakho unge uyazibuka* |

**UBUGCISA BOKUBALISA IBALI**



**1** Yohlula bafundi babe ngamaqela amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
**3** Xelela abafundi bacinge ngebali elihambelana gingci nemifanekiso.
**4** Nika abafundi umzuzu okanye emibini bacinge ngezimvo zabo.
**5** Okulandelayo umfundi ngamnye makafumane ithuba lokwabelana nabanye ngombono wakhe webali.
**6** Bakhumbuze abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abe mnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso.

7 Khumbuza abafundi abafundi banikane indlebe kumabali abo.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: nxw**
2 Biza igama: **unxweme**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/u/-/nxw/-/e/-/m/-/e/**
4 Biza isandi sokuqala: **/u/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/nxw/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/e/**
7 Biza isandi sesine: **/m/**
8 Biza isandi sokugqibela: **/e/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **unxweme**
10 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa izandi usakha eli gama **/u/-/nxw/-/e/-/m/-/e/= unxweme**
11 Okulandelayo biza ilungu lokuqala kweli gama: **/un/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/xwe/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/me/**
14 Yenza umfuziselo ukhomba xa uhlanganisa amalungu usakha igama: **/un/-/xwe/-/me/** = **unxweme**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **nkx**
2 Biza igama: **inkxaso**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama? **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/nkx/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/s/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/o/**
8 Cela abafundi bahlule igama ngokwezandi zalo ezahlukeneyo: **/i/-/nkx/-/a/-/s/-/o/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **inkxaso**
10 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa izandi usakha eli gama **/i/-/nkx/-/a/-/s/-/o/** = **inkxaso**
11 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? **/in/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/kxa/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/so/**
14 Xelela abafundi bahlanganise amalungu bakhe eli gama: **/in/-/kxa /-/so/ =inkxaso**

### UYENZA

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u- nxw, nkx**
2 Abafundi mababhale amanani 1 -4 ecalen komgca.
3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **unxweme**
   2 **nkxu**
   3 **inkxaso**
   4 **inkxalabo**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi eso kufundwa ngaso.
5 Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo, bhala amagama ebhodini ukrwele isandi umgca ngaphantsi.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepensile enombala.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

## Ukubhala oonobumba /amagama/ ukubhala izivakalisi ngokudibaniso

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibaniso: **nxw, nkx**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ebekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

Isivakalisi: ____________________

____________________

## Ukubhala:

Imizuzu 30

### Idrafti

**ISIHLOKO:** Bhala inkcazo ngobume bakho/ ngobuwena.

**UMSEBENZI:** Bhala izivakalisi ezili-10 ezizakungena kula ncwadi: Amabali ngobume bethu.

**UBUGCISA BOKWENZA ISICWANGCISO:** Yenza imephu yengqondo

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

*Zininzi izinto ezichaza ubume bam……*

*Ndizalelwe…*

*Ndingum…..*

*Inkcubeko yam …*

*Into ebalulekileyo eyenziwa luhlanga lwam….*

*Ndithetha…*

*Esi sakhono sibaluleke kakhulu kubume bam kuba*

*Ubume bam…*

*Abafundi bangasebenzisa ezi ziqali zivakalisi ngendlela elungele bona. Bangazi jika jika ngohlobo abafuna ukuzibhala ngalo. Eziqalayo zingaqhibela njl njl!*

**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala ebhodini isicwangciso obusenze ngoMvulo.

IVEKI 9

**YENZA UMFUZISELO UBONISA INKQUBO YOKWENZA IDRAFTI (NDIYENZA)**

1. Khumbuza abafundi ngesicwangciso obusenze ebhodini ngoMvulo.
2. Funda isicwangcisoi sakho njengoko sibhaliwe ebhodini.
3. Okulandelayo, funda ifreyimu yakho yokubhala nabafundi.

**4** Yenza umfuziseko ubonisa indlela yokuzalisa ifreyimu yokubhala ngolu hlobo:
*Zininzi izinto ezichaza ubume bam.* ***Ndizalelwe eMzantsi*** *Afrika. Ndiphinde* ***ndibe ngum*** *Burundi kuba abazalo bam nezizalwane zam ziphuma eBurundi. Ngoko ke* ***inkcubeko*** *yam yeyaseBurundi.* ***Into ebalulekileyo eyenziwa luhlanga lwam*** *kukubetha amagubu xa sibhiyozela imicimbi neminyhadala yethu. Isakhono sokubetha igubu sibaluleke kakhulu kubume bam kuba abazali bam bawabetha kwakunye nokhokho bam bawetha ukuya kwiminyaka emikhulu ngasemva. Kubalulekile kum kuba ndiyakuthanda ukubetha igubu. Kundenze ndizive khethekileyo.* ***Ndithetha isiKirundi, isiFrench, isiNgesi nesiZulu. Esi sakhono sibaluleke kakhulu kubume bam kuba*** *ndiyakwazi ukuthatha iilwini ezahlukeneyo kubantu abahlukeneyo. Ubume bam bundenza ndibe ngumntu owahlukileyo kunabanye!*

## ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOKWENZA IDRAFTI (UYENZA)

**1** Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala.
**2** Yalela abafundi babhale umhla nesihloko**: Ndingubani?: Idrafti**
**3** Abafundi mabakhangele isicwangciso sangoMvulo bacinge ngento abaza kuyibhala.
**4** Abafundi mabazalise ifreyimu yokubhala besebenzisa Izicwangciso zabo.
**5** Abafundi bangafaka ezinye izivakalisi ukuba banexesha.
**6** Khumbuza abafundi ngezixhobo abanokuzisebenzisa ukubancenda xa bebhala.
**7** Njengoko abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo uncede abo batsala nzima.

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukutshintsha Isandi

Imizuzu 15

**NDIYENZA......**

1. Baxelele ukuba namhlanje siza kufunda ukujonga umahluko kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngabafundi abangcono.
2. Bhala la magama mabini ebhodini: **ingqayi, ingqina**
3. Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha : **ingqayi, ingqina**
4. Cacisa umahluko ku: **/ayi/** no **/ina/** ezi zandi zibizwa ngokwahlukeneyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

**SIYENZA...**

**ISIQENDU SOKU-1**

1. Bhala la magama mabini ebhodini: **inkxaso, inkxalabo**
2. Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3. Biza umfundi eze ngaphambili, aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama **inkxaso, inkxalabo**
4. Baxelele umahluko kumagama.

**ISIQENDU SESI-2**

1. Bhala eli gama ebhodini: **nkxu**
2. Buza abafundi: **Sesiphi isandi onokusitshintsha nesinye sandi ukwakha igama elitsha?**
3. Bhala iimpendulo zabafundi usenza uluhlu ebhodini:
4. **Nwabu, ishushu, itutu, inunu**

**UYENZA ...**

1. Bhala eli gama ebhodini: **ingqiniba**
2. Yalela abafundi benze amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela egameni
3. Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4. Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
   **nxiba, tsiba**

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

Isifundo Sesibini


### IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYACINGA /NDIZITHATHELA ISIGQIBO

| Itekisi | Ufundo lwesibini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UTrevor Noah, ulovane** | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngolwazi endinalo** ndithi uTrevor ufana nelovane kuba ilovane litshintsha umbala kwiindawo ezahlukileyo. Oko kufana noTrevor kuba uyakwazi ukutshintsha ulwimi aluthethayo neziqhulo zakhe zifanele abantu abahlukileyo kwiindawo ezahlukileyo! |
| **UTrevor Noah, ulovane**<br><br>Wakhe weva ngoTrevor Noah? Liqhula lodumo elingumbhali waseMzantsi Afrika. UTrevor ubhale incwadi ethi, 'Born a Crime' ingenzima awakhula ngayo ngexesha loMbuso wacalucalulo. | |
| Ngexesha loMbuso wocalucalulo, abantu beentlanga ezahlukileyo kwakufuneka bohluliwe. Yayikukwaphula umthetho ukuthi abantu abohluke ngebala babe nabantwana kunye okanye batshate. Kodwa ke, abantu abahluke ngebala babethi ngamanye amaxesha bathandane babe nabo nabantwana. | **Ndiyacinga ingaba** kutheni incwadi kaTrevor ze ibizwe ngendlela ethi 'Ukuzalwa ululwaphulo mthetho?' kufanele ukuba kungenxa yokuba kwakungekho mthethweni ngela xesha ukuba abazali bakhe babe kunye baze babe nosana. |
| Umama kaTrevor wayengumntu omnyama, engumXhosa. Umama kaTrevor wophula imithetho engalunganga yoMbuso wocalucalulo. Waya kuhlala kwindawo yaseRhawutini eyayibekelwe abamhlophe kuphela. Wahlangana apho notata kaTrevor. Wayeyindoda emhlophe evela eSwirtzerland. Bafumana uTrevor, umntwana weentlanga ezixubeneyo. Ngelo xesha lalilibi kunene, uTrevor kwakunzima ukuba amkeleke gingci! Wayengavunyelwa ukuba abe kwiindawo zabantu abamhlophe. Wayengavunyelwa nokuba abe kwiindawo zabantu abamnyama. Kwaye yayinguye kuphela kusapho lwakhe owayeluhlanga oluxutyiweyo. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, wonke umntu kusapho lukaTrevor wahlukile komnye. |
| Ebuntwaneni bakhe uTrevor, abazali bakhe ngamanye amaxesha babemsa epakini. Kodwa babesazi ukuba bangasengxakini ukuba amapolisa ayenokufumanisa ukuba balusapho. Ngoko ke xa besiya epakini, babesenza ngathi abazani! | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, ufele lolusu lukaTrevor lwalunokuwabonisa amapolisa ukuba abazali bakhe babe kunye. Oku kwakungekho semthethweni ngelo xesha. Ngoko ke ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, ukuba uTrevor waye kunye nabazali bakhe, wayenokufaka wonke umntu engxakini. |

| Itekisi | Ufundo lwesibini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ngenye imini uTrevor esengumntwana omncinci kakhulu, wakhwaza esithi, 'Tata!' wabaleka esiya kutata wakhe. Utata wakhe wayesoyika ukuba kungenzeka into embi. Wambaleka umntwana wakhe. Kodwa umntwana onguTrevor yena wacinga ukuba kuyadlalwa, waza wamleqa apho epakini, ekhwaza 'Tata!' | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, umtwana onguTrevor wayengaqondi! Kufanele ukuba kwakunzima kubazali bakaTrevor ukucacisa imithetho engalunganga yoMbuso wocalucalulo kuTrevor emncinci. |
| UTrevor wayechitha ixesha elininzi kumakhulu wakhe eSoweto. Ngelo xesha, kwakuvumeleke abantu abamnyama kuphela ukuba bahlale eSoweto. Usapho lukaTrevor lwalunexhala lokuba xa enokubonwa ngamapolisa, angazama ukumohlutha kusapho lwakhe. Ngoko ke uTrevor wayengavumelekanga ukuba adlale esitalatweni kunye nabanye abantwana!<br><br>UTrevor wakhe waziva edikiwe efuna ngamandla ukudlala nabanye waza womba umngxuma wokuthubeleza phantsi kocingo olubiyele indlu yakowabo! | |
| UTrevor wafunda ukuba ulwimi yayisisixhobo esibaluleke kakhulu ukwakha iibhulorho nabantu abohlukileyo kuye. UTrevor wakhe wathi akufunda iilwimi, 'waguquka walilovane'. Ngamanye amazwi, uTrevor wafumanisa ukuba xa ethetha ulwimi lomntu othile, bayalibala ukuba ukhangeleka ngendlela eyahlukileyo kunabo. Ulwimi lwalumnceda azive eyinxalenye kwiindawo ezininzi apho wayekhangeleka ngokwahlukileyo khona. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, ulwimi lwamnceda uTrevor walilulwane, kuba lwamnceda ukuba alunge kuyo yonke indawo! UTrevor wayekwazi ukusebenzisa ulwimi azive eyinxalenye. |
| Xa uTrevor wayeneminyaka elishumi, uMbuso wocalucalulo waphela. UTrevor waya kwisikolo semfundo ephakamileyo esikhulu esinabantwana abangaphezu kwewaka. Kwisikolo sikaTrevor kwakukho abantwana beBala, amaNdiya, amaTshayina, abaMnyama nabaMhlophe. Kodwa kubo bonke abantwana besikolo sakhe uTrevor yayinguye yedwa umntwana oluhlanga oluxutyiweyo. Wayeba nengxaki yokwazi ukuba makahlale nabani ngexesha lekhefu. | |
| Ngoko ke, uTrevor waqala ishishini. Wayeqokelela imali kwabanye abantwana aye kubathengela ukutya esikroxweni. Ngenxa yeshishini lakhe, uTrevor wathetha namaqela onke abantwana basesikolweni sakhe. UTrevor wafunda indlela yokuthi gingci kwabanye ngokuqhula enze abantu bahleke. Ukuba ngumntu owenza izinto ezingaqhelekanga kwamnceda uTrevor abe lilovane elilunga kwindawo yonke! | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, ishishini likaTrevor lamnceda ukuze abe lilulwane. Ishishini lakhe lamnika isizathu sokuthetha nabo bonke abantu ze abenze bahleke. |

| Itekisi | Ufundo lwesibini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Kubomi bakhe bonke, uTrevor wayeziva njengevezandlebe ngeendlela ezininzi ezahlukileyo. UTrevor wafumana iindlela ezininzi ezahlukileyo zokuba amkeleke. Waqaphela waza wajonga abantu. Wafunda iilwimi zabo. Wafunda indlela yokwenza zonke iindidi zabantu ezahlukileyo. Ukwahluka kuko okwanceda uTrevor abe liqhula lodumo lalemihla! | Oo! Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, ukwahluka kwamnceda uTrevor waliqhula lodumo, kuba kwafuneka efunde ukuhlekisa abantu abohlukileyo. |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Wakhulela phi uTrevor? | Wakhulela eRhawutini. |
| Yintoni **onokuzithathela isigqibo ngayo ngokulandela ibali** uthi yayinzima ebomini bukaTrevor? | Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali ndithi kwakunzima kuTrevor uku... |
| Laliyintoni ishishini likaTrevor? | Wayeqokelela ibali ebantwini abathengele ukutya esikroxweni. |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Ucinga ukuba kutheni eli bali libizwa ngokuba 'Ilovane elinguTrevor Noah'? | • Kuba uTrevor kwafuneka efunde ukuthi gingci kwindawo yonke, njengelovane.<br>• Kuba uTrevor wafunda ukuba iilwimi ziyamnceda ukuba afane nelovane athi gingci kwindawo yonke.<br>• Kuba ukuhlekisa abantu kwamnceda uTrevor walilovane wathi gingci kwindawo yonke.<br>• Kuba ishishini likaTrevor lamnceda afane nelovane. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala   Imizuzu 30

**AMAQELA: ______________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 9.**
2 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- ngokungekho semthethweni
- ulwaphulo mthetho
- iqhula

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Ndakuzijonga ndizibhencabhence | *Jonga ngapha kwegxalaba lakho lasekunene nelasekhohlo* |
| Ndibon'umangaliso wendal'othandekayo | *Beka izandla zozibini esifubeni kwicala lasekhohlo* |
| Ndibalulekile kwaye ndikhethekile | *Zalathe ngesandla uze umise izandla zozibini phambi kwakho unge uyazibuka* |
| Nawe ukwanjalo ukubaluleka | *Yalatha komnye uze umise izandla zakho phambi kwakho unge uyazibuka* |
| Noxa singafani ngamnye unexabiso | *Yalatha kuwe walathe komnye unikine intloko uze umise izandla zakho unge uyazibuka* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala ifreyimu yengxoxo ebhodini:
Eli bali lingo…
Into enye endiyifunde kweli bali …….
Eli bali liyangena kumxholo 'Ungubani'ngoba……..

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo ebhodini.

**3** Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

**4** Abafundi mabanikane amathuba kumaqela bephendula umbuzo ngamnye wengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.

**7** Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.

**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Ukufumana Amagama

Imizuzu 15

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo kwithemu.

| | | |
|---|---|---|
| **ngq** | **xhw** | **ngx** |
| **a** | **t** | **u** |
| **ntw** | **tyw** | **nxw** |
| **l** | **e** | **h** |
| **nty** | **nkx** | **nts** |
| **i** | **b** | **o** |
| **nkq** | **krw** | **rhw** |
| **d** | **m** | **s** |

### BONISA ABAFUNDI

1 Hlaziya izandi ezisebhodini
2 Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini.

### ABAFUNDI BENZE

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala
2 Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3 Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako
4 Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumsebenzi wabo
5 Cela abafundi bakunike amagama abawakhileyo, wabhale ebhodini

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

IVEKI 9


## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA/ YENZA UMFANEKISO-NGQONDWENI**

**UKUBALISA OKANYE UKUBHLALA ISISHWANKATHELO SEBALI**

1. Abafundi baza kucinga *ngeyona ndawo ibalulekieyo ebalini*.
2. Abafundi baza **kucinga ngemeko yabo ebadibanisa** nebali.
3. Ibali ngalinye liza kuwongwa ngamaqaku ama-Ukuba ibali lakho sililithandile uza kuwafumana onke la manqaku, ukanti ukuba asilithandanga siza kunika i-0.
4. Bhala isishwankathelo sebali ebhodini.
5. Abafundi mabasebenzise le freyimu ukuphendula imibuzo:
   **Eli bali lingo** … (izivakalisi ezi 2-3)
   **UTrevor Noah ufaniswa nolovane ngoba…**
   **Ndifunde …**
   **Kwinkwenkwezi ezi- 5, ibaIi lakho ndilinika …ngoba…**
6. Cacisa ukuba abafundi abazukwazi ukubhala/ ukubalisa ngakho konke okwenzeka ebalini –kwawufuneka bekhethe iindawo ezibalulekileyo.
   Yenza umfuziselo ubonisa abafundi bakho ngolu hlobo:
   ***Eli bali* lingo** *Trevor Noah, oliiqhula elidumileyo. Eli bali lisixelela ngobomi bakhe basebuntwaneni.* ***Trevor Noah ufaniswa nolovane*** *kuba uyakwazi ukumelana neemeko ezimngqongileyo.****Ndifunde*** **ukuba** *uTrevor wazalwa phantsi kolwaphulo mthetho. Kurhulumente wengcinezelo abazali bakhe babengavumelekanga ukuba bathandane kuba babenobuhlanga obungafaniyo.* ***Kwinkwenkwezi ezi- 5, eIi bali ndilinika isi i-5 kuba*** *ndiyamthanda uTrevor Noah!*
7. Nika abafundi ixesha lokucinga *ngeyona ndawo ibalulekileyo ebalini*.
8. Xelela abafundi ukuba **mabaguquke bathethe** besabelana ngeembono zabo. Abafundi mababhale isishwankathelo besebenzisa ifreyimu yokubhala.
9. Abafundi mabakunike inzolo.
10. Biza umfundi om-1 ukuya kwaba-2 babelane neklasi ngeengcinga zabo. Shwankathela ibali ngolu hlobo: ***Eli bali* lingo** *Trevor Noah, nendlela akhule angayo.* ***Sifunde ukuba*** *uTrevor wazalwa phantsi kolwaphulo mthetho.****UTrevor Noah ufaniswa nolovane*** *kuba uyakwazi ukujika amelane neemeko ezimngqongileyo.Ulovana sisilwanyana esithi sizitshintsha –tshintshe amabala* ***Sifunde ukuba*** *uTrevor wachitha ixesha elininzi nomakhulu wakhe eSoweto. Umakhulu wakhe wayenexhala lokuba angathathwa kuba wayenolusu olukhakanyayo kakhulu.****Kwinkwenkwezi ezi- 5, eIi bali ndilinika isi i-5 kuba*** *ndiyamthanda uTrevor Noah!*



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ______________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 9.**
2 Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacisele iklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.



## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki imizuzu 15

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5 Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## Ukulungisa Igumbi Lokufundela /Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe okungazukusebenza, kule Kota ukuze ukwazi ukukusebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza bamagama nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: Bhala inkcazo emfutshane ngawe ukuze abafundi bayifunde.
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo, umzekelo: phanda ngendlela abafundi bangabona ze bamelane nabantu abacalucalula abanye (ngobuhlanga, isini njl njl )
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci ezahlulwe ngokwamabakala okufunda ezifundwa namaqela, neencwadi zokufunda zethala eklasini zikwimeko ephucukileyo.
8. Lungisa amaqela akho okufunda ancediswa ngutitshala xa kuyimfuneko.
9. Cwangcisa uhlolo lwakho olungekho sesikweni noluse sikweni lweveki.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala OKANYE ngela xesha wenza uhlolo kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 54 & 55 Masenzeni

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 56 & 57, Masibhale

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yesi 2: iPhepha lama 58 Masifunde

**Umsebenzi 4: Bhala kwidayari** ngento ibenye oyithandayo ngokuba nguwe.

# Ngomvulo

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### UKWAZISA NGOMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI ABANALO

1 Bonisa abafundi umfanekiso kaOlivier kwiNcwadi eNkulu yebali: : **UMzantsi Afrika ngowethu sonke**
2 Xelela abafundi ukuba siqhubekeka nomxholo: **Ungubani?**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Cinga ngexesha ndlela apho ukuba ngabantu esingabo kusisebenzelayo?
   b Cinga ngendlela apho abantu adibana nokucalucalulwa okanye ukuhlukunyezwa ngenxa yokuba bengabo?
   c Kutheni kubalulekile nje ukwammkela abantu ngohlobo abalulo?

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   Point- Khomba igama
   Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi yesiGama soMxholo.
   - inkcubeko
   - iBurundi
   - imibhiyozo

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Ndakuzijonga ndizibhencabhence | *Jonga ngapha kwegxalaba lakho lasekunene nelasekhohlo* |
| Ndibon'umangaliso wendal'othandekayo | *Beka izandla zozibini esifubeni kwicala lasekhohlo* |
| Ndibalulekile kwaye ndikhethekile | *Zalathe ngesandla uze umise izandla zozibini phambi kwakho unge uyazibuka* |
| Nawe ukwanjalo ukubaluleka | *Yalatha komnye uze umise izandla zakho phambi kwakho unge uyazibuka* |
| Noxa singafani ngamnye unexabiso | *Yalatha kuwe walathe komnye unikine intloko uze umise izandla zakho unge uyazibuka* |

## Ukubhala Ngesandla

Imizuzu 15

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala babhale umhla nesihloko.
2 Okulandelayo abafundi mababhale amanani u 1-5 ecaleni komgca.
3 Bhala esi sivakalisi silandelayo ebhodini ecaleni kwenani 1: **Utitshala wakhe umfundisa ukubhala ngokucocekileyo**
4 Bhala ezi zimelabizo zilandelayo kwinani isi-2 ukuya kwi-4.
   2 yena
   3 mna
   4 bona
5 Yalela abafundi babhale izivakalisi kwakhona beqala ngegama elinikiweyo.
6 Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yenza izilungiso ebhodini, bhala amagama ngokuchanelekileyo,
7 Yalela abafundi bakuxele iipatheni abazibonayo : apho kukho utshintsho khona
8 Krwela umgca kwipatheni ngolu hlobo:
9 Utitshala wakhe umfundise ukubhala ngokucocekileyo.
10 Utitshala wakhe umfundise ukubhala ngokucocekileyo.
11 Utitshala wam undifundise ukubhala ngokucocekileyo.
12 Utitshala wabo ubandifundise ukubhala ngokucocekileyo
13 Yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

## Ngaphambi Kokufunda

### INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2 Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **<u>UMzantsi Afrika ngowethu sonke</u>**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4 Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.

5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo.
6 Funda ibali lonke kube kanye, ungemi.

## Ukubhala:

Imizuzu 30

### Ukuhlela

**ISIHLOKO:** Bhala inkcazo ngobume bakho/ ngobuwena.

**UMSEBENZI:** Bhala izivakalisi ezili-10 ezizakungena kula ncwadi: Amabali ngobume bethu.

**UKULUNGISELELA:**

- Bhala uluhlu lokuhlela ebhodini phambi kokuqala ngesifundo.
- Bhala idrafti yakho ibe nempazamo enye ukuya kwezimbini phambi kokuqala ngesifundo.

**ULUHLU LOKUYILA:**

1. Ingaba ndiynikile inkcazo ngam?
2. Ingaba wonke umhlathi uchaza mna?
3. Ingaba ndinezivakalisi ezili-10?
4. Ingaba ndiwapele ngokuchanekileyo onke amagama?
5. Ingaba zonke izivakalisi zam ziqala ngonobumba omkhulu?
6. Ingaba zonke izivakalisi zam ziphela ngesingxi okanye uphawu lokukhuza?

#### YENZA UMFUZISELO WENKQUBO YOKUHLELA (NDIYENZA)

1. Fundela abafundi itshekhlisti yokuhlela.
2. Fundela abafundi idrafti.
3. Jonga itshekhlisti, ujonge nedfrafti yakho ukuba ichanekile okanye kufuneka wenze izilungiso okanye uphucule ukubhala.
4. Yenza umfuziselo ubonisa le nkqubo kubafundi.

#### ABAFUNDI BAZALISA INKQUBO YOKUHLELA (UYENZA)

1. Banike iincwadi zokubhala.
2. Abafundi mabafumane iidrafi zabo zomsebenzi wokubhala.
3. Xelela abafundi bajonge itshekhlisti yokuhlela ze benze izilungiso.
4. Njengokuba abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe ingxoxwana-qinisekisa ukuba usebenza neqela elahlukileyo kumsebenzi ngamnye.
5. Lungisa iimpazamo ezifanayo kumbhalo wabafundi.
6. Bonisa abafundi indlela yokulungisa ezi mpazamo.
7. Njengokuba abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe **ingxoxwana.**

# Ngolwesibini

## Izandi Nezandi Zopelo: 15 imizuzu

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: nts**
2 Biza igama: **intsila**
3 Calula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/nts/-/i/-/l/-/a/**
4 Biza isandi sokuqala kweli gama: **/i/**
5 Biza isandi sesibini kweli gama: **/nts/**
6 Biza isandi sesithathu kweli gama: **/i/**
7 Biza isandi sesine kweli gama: **/l/**
8 Biza isandi sokugqibela kweli gama: **/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **intsila**
10 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eli gama **/i/-/nts/-/i/-/l/-/a/** = **intsila**
11 Okulandelayo, biza ilungu lokuqala kweli gama: **/in/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/tsi/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/la/**
14 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa amalungu usakha eli gama: **/in/-/tsi/-/la/** = **intsila**

**SENZE**

1 Biza isandi: **krw**
2 Biza igama: **ikrwala**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama: **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/krw/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/l/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/a/**
8 Bhala igama elipheleleyo: **ikrwala**
9 Cela abafundi bohlule igama ngokwezandi zalo ezahlukeneyo: **/i/-/krw/-/a/-/l/-/a/**
10 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama: **/i/-/ krw /-/a/-/l/-/a/** = **ikrwala**
11 Buza abafundi: N gubani ilungu lokuqala kweli gama? **/i/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/krwa/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokugqibela kweli gama? **/la/**
14 Xelela abafundi bahlanganise amalungu bakhe eli gama: **/i/-/krwa/-/la/** = **ikrwala**

### UYENZA

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi** u- **nts, krw**
2 Abafundi mababhale amanani 1- 8 ecaleni komgca.
3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **intsila**
   2 **intsika**
   3 **intselo**
   4 **ezantsi**
   5 **krwe**
   6 **ikrwala**
   7 **krwela**
   8 **ikrwada**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenani elichanekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi eso kufundwa ngaso.
5 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo.
6 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokwakha la amagama ngokubhala ngokudibaniso kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

## Ukubhala oonobumba /amagama/ izivakalisi ngokudibanisa

1 Fundisa bafundi ukubhala oonobumba abancinci ngokudibaniso: **nts, krw**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi ebekufundwa ngaso okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

*Ikrwala likrwela umgca.*

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

Isivakalisi: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Ufundo Lokuqala


**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIZITHATHELA ISIGQIBO**

| Itekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UMzantsi Afrika ngowethu sonke**<br><br>Abantu abahlala eMzantsi Afrika banezinyanya okanye izizalwana ezazivela kwiindawo ezininzi ezahlukileyo. Elinye ilizwe abantu abaseMzantsi Afrika abavela kulo yiBurundi. Abantu abaninzi bemka eBurundi bebaleka imfazwe eyathatha iminyaka eli-13.<br><br>IBurundi lilizwe elincinane kwiMpuma yeAfrika. Isixeko esiyintloko yiBujumbura. Olona lwimi luthethwa ngabaninzi kuthiwa yiKirundi. Igubu iKaryenda ligubu elivela eBurundi lenkcubeko yabo. La magubu abo abethwa ngemibhiyozo ebalulekileyo njengomugamuro (umbhiyozo wamazimba) neminye imicimbi baluleke ngokukodwa. | |
| 'Phantse luSuku lwezeNkcubeko. Ngomso siza kubhiyozela zonke iinkcubeko ezikhoyo eMzantsi Afrika kunye namasiko!' uMnumzana uDube wachaza. 'Leliphi isiko elibaluleke ngokukodwa kwinkcubeko yakho?' | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, abantwana eklasini bachwayitile kuba bezakwabelana ngamasiko abawathandayo. La masiko ayinxalenye yabantu abangabo. |

| Itekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| UIthabeleng waphakamisa isandla sakhe. 'Ndithanda xa ingumcimbi obalulekileyo ze mna nomama wam sinxibe izishweshwe!!' watsho.<br>'Oo! Ndithanda umxhentso Indlamu kweyam inkcubeko,' watsho uFunani. | |
| UOlivier wahlala ethe cwaka esitulweni sakhe. Wayecinga ngamagubu ayiKaryenda abethwa ngamadoda kwimibhiyozo eBujumbura. 'Ndiyacinga ingaba mna ndivumelekile ukubhiyozela amasiko am njengomBurundi ngoSuku lweNkcubeko?' wacinga njalo. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, inkcubeko kaOlivier yeyaseBurundi. Akazi ukuba uvumelekile ukubhiyozela eli cala lobuyena ngoSuku lweNkcubeko. |
| Yakhala intsimbi ekupheleni kosuku. 'Ningalibali ukuba umntu unxiba nantoni yenkcubeko yakhe ngomso sibhiyozele onke amasiko ethu eMzantsi Afrika!' wachaza uMnumzana Dube.<br>'Ingaba ndivumelekile mna ukunxiba ipagne yam? Wazicingela engazi uOlivier. | **Ndiyacinga ingaba** uOlivier uzakuthatha isigqibo sokunxiba into ebonisa inkcubeko yakhe yaseBurundi okanye hayi? |
| UOlivier wayekhathazekile ngumcimbi wesinxibo soSuku lweNkcubeko kwade kwalixesha lokulala. | |
| Ngobo busuku, uOlivier waphupha ngeklasi yakhe ngoSuku lweNkcubeko. Bonke abantwana babenxibe iimpahla zabo sesintu. Kodwa yena wayengakhangeleki njengabanye. Wayeme embindini wegumbi ngelixa bonke abanye bemkhomba bemhleka.<br>'Yintoni leya?' wagigitheka uIthabeleng.<br>'AsiyoyaseMzantsi Afrika!' watsho uFunani!<br>'UOlivier akangowalapha!' wachaza uMnumzana Dube. | Oo! **ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uOlivier unexhala lokuba baza kucinga ntoni abanye xa enxibe iimpahla ezilisiko eBurundi. Ndicinga ukuba unexhala lokuba abanye baza kuthi akangommi woMzantsi Afrika wenene. |
| Iphupha elibi likaOlivier laphazanyiswa ngutata wakhe emshukumisa ngokuthambileyo.<br>'Olivier, lixesha lesikolo,' watsho uMnumzana Buyoya.<br>'Andifuni ukuya esikolweni namhlanje,' waphendula watsho uOlivier.<br>'Kuba kutheni, yintoni ingxaki?' wabuza uMnumzana Buyoya.<br>'Namhlanje luSuku lweNkcubeko esikolweni. UMnumzana Dube uthe ze sinxibe impahla sibhiyozele inkcubeko yethu yaseMzantsi Afrika. Kodwa mna eyam inkcubeko asiyiyo eyaseMzantsi Afrika,' watsho uOlivier. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uOlivier akazazi ukuba makanxibe ntoni kuba inkcubeko yakhe asiyiyo eyaseMzantsi Afrika. Unexhala lokuba isinxibo sakhe asihambelani noSuku lweNkcubeko yaseMzantsi Afrika. |

| Itekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'Ewe, inkcubeko yakho isenokungabi yeyaseMzantsi Afrika, kodwa unayo inkcubeko yakho ebalulekileyo neyodwa. USuku lweNkcubeko lolokubhiyozela bonke abemi boMzantsi Afrika – oko kuquka abemi boMzantsi Afrika beenkcubelo zonke!' watsho uMnumzana Buyoya ngelizwi elithambileyo.<br><br>'Linda apha!' watsho. | |
| Utata kaOlivier wabuya wangena egumbini ephethe ipagne endala waza wancedisa uOlivier ayinxibe. 'Ngoku ukhangeleka ukulungele ukubetha igubu lakho iKaryenda!' watsho uMnumzana Buyoya. | |
| UOlivier wazibuka isinxibo sakhe saseBurundi esipilini. Kodwa uncumo lwakhe lwacima msinya. 'Ndakuthini ukuba kukho othe andinguye omnye wabo? Waba nexhala.<br><br>'Uze umxelele ukuba uMzantsi Afrika ngowethu sonke. Ungummi waseMzantsi Afrika oziqhayisayo onenkcubeko yaseBurundi!' uMnumzana Buyoya wamchazela. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uMnumzana Buyoya ufuna uOlivier azi ukuba angaziqhayisa nobuyena baseBurundi kunye nobuyena baseMzantsi Afrika. |
| UOlivier wayebhekabheka njengoko wayesiya kwigumbi lakhe lokufundela. Wazilungiselela ukukhonjwa ahlekwe. Waphindaphinda intetho katata wakhe engqondweni: 'UMzantsi Afrika ngowethu sonke. Ndingummi waseMzantsi Afrika oziqhayisayo onenkcubeko yaseBurundi.' | **Ndicinga ukuba** esi sehlo simnceda uOlivier aqonde ukuba kwamkelekile ukuba nezinto ezininzi ezahlukileyo eziyinxalenye yobuwena. |
| Kodwa akuzange kubekho namnye othi uOlivier akanguye omnye wabo.<br><br>Wowu! Ndiyasithanda isinxibo sakho,' watsho uIthabeleng.<br><br>'Ndifuna ukufunda ngenkcubeko yakho!' watsho uFunani.<br><br>'Zonke iinkcubeko zethu zezalapha!' wachaza uMnumzana Dube. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, koko kwafunyanwa nguOlivier kubonakala ukuba kunganzima xa uziva ukuba ubuwena bahlukile kokwabanye. |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Luvela phi usapho lukaOliver? | Luvela eBurundi. |
| Luhlala phi usapho lukaOlivier ngoku? | Luhlala eMzantsi Afrika. |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze uOlivier angafuni ukuya esikolweni? | • Kuba wayecinga ukuba uSuku lweNkcubeko lwalwenzelwe ukubhiyozela iinkcubeko ezithile.<br>• Kuba wayengazi ukuba angasinxiba isinxibo senkcubeko yakhe yaseBurundi.<br>• Kuba wayeziva ngathi akayonxalenye yabanye.<br>• Kuba wayesoyika ukuba abanye abantwana bangamenza into yokuhlekisa okanye bamxelele ukuba akayonxalenye yabo. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ____________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 10**.
2. Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **Umsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela.**
6. Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2**.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela

IVEKI 10

# Ngolwesithathu

## Imisebenzi Ye-Orali

Imizuzu 15

### ISIGAMA SOMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama.
- isiko
- ngokwesiko
- lifa lemveli

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
| --- | --- |
| Ndakuzijonga ndizibhencabhence | *Jonga ngapha kwegxalaba lakho lasekunene nelasekhohlo* |
| Ndibon'umangaliso wendal'othandekayo | *Beka izandla zozibini esifubeni kwicala lasekhohlo* |
| Ndibalulekile kwaye ndikhethekile | *Zalathe ngesandla uze umise izandla zozibini phambi kwakho unge uyazibuka* |
| Nawe ukwanjalo ukubaluleka | *Yalatha komnye uze umise izandla zakho phambi kwakho unge uyazibuka* |
| Noxa singafani ngamnye unexabiso | *Yalatha kuwe walathe komnye unikine intloko uze umise izandla zakho unge uyazibuka* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI



**1** Yohlula bafundi babe ngamaqela amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
**3** Xelela abafundi bacinge ngebali elihambelana gingci nemifanekiso.
**4** Nika abafundi umzuzu okanye emibini bacinge ngezimvo zabo.
**5** Okulandelayo umfundi ngamnye makafumane ithuba lokwabelana nabanye ngombono wakhe webali.
**6** Bakhumbuze abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abe mnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso.
**7** Khumbuza abafundi abafundi banikane indlebe kumabali abo.
**8** Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Hlaziya Izandi, Ukwahlukanisa Nokwakha Amagama

**NDIYENZA**

1 Biza isandi**: xhw**
2 Biza igama: **ixhwili**
3 Cazulula/ hlahlela / hlukanisa igama ngokwesandi ngasinye: **/i/-/xhw/-/i/-/l/-/i/**
4 Biza isandi sokuqala kweli gama: **/i/**
5 Biza isandi sesibini kweli gama: **/xhw/**
6 Biza isandi sesithathu kweli gama: **/i/**
7 Biza isandi sokugqibela: **/l/**
8 Say the fifth sound of the word: **/i/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ixhwili**
10 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama **/i/-/xhw/-/i/-/l/-/i/** = **ixhwili**
11 Biza ilungu lokuqala kweli gama: **/i/**
12 Biza ilungu lesibini kweli gama: **/xhwi/**
13 Biza ilungu lesithathu kweli gama: **/li/**
14 Yenza umfuziselo ukhombe uhlangisa amalungu usakha eli gama: **/i/-/xhwi/-/li/** = **ixhwili**

**SIYENZA**

1 Biza isandi: **ntl**
2 Biza igama: **intlama**
3 Buza abafundi: Ngubani isandi sokuqala kweli gama: **/i/**
4 Buza abafundi: Ngubani isandi sesibini kweli gama? **/ntl/**
5 Buza abafundi: Ngubani isandi sesithathu kweli gama? **/a/**
6 Buza abafundi: Ngubani isandi sesine kweli gama? **/m/**
7 Buza abafundi: Ngubani isandi sokugqibela kweli gama? **/a/**
8 Cela abafundi bahlule eli gama ngokwezandi zalo ezahlukeneyo: **/i/-/ntl/-/a/-/m/-/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **intlama**
10 Yenza umfuziselo ukhombe uhlanganisa izandi usakha eli gama **/i/-/ntl/-/a/-/m/-/a/** = **intlama**
11 Buza abafundi: Ngubani ilungu lokuqala kweli gama? **/in/**
12 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesibini kweli gama? **/tla/**
13 Buza abafundi: Ngubani ilungu lesithathu kweli gama? **/ma/**
14 Xelela abafundi bahlanganise amalungu bakhe eli gama: **/in/-/tla/-/ma/** = **intlama**

### UYENZA

1 Abafundi mabathathe iincwadi zabo babhale umhla nesihloko: **amagama anesandi u- xhw**, **ntl**
2 Abafundi mababhale amanani u 1 -9.
3 Bizela la magama alandelayo:
   1 **xhwi**
   2 **ixhwili**
   3 **ixhwane**
   4 **ixhwele**
   5 **intlaka**
   6 **intlama**
   7 **intloko**
   8 **intluva**
   9 **intliziyo**
4 Abafundi mababhale amagama ecaleni kwenanani elichanelekileyo ze bakrwele umgca ngaphantsi kwesandi eso kufundwa ngaso.
5 Kwimizuzu emibini phambi kokuba siphele isifundo, bhala amagama ebhodini ukrwele isandi umgca ngaphantsi.
6 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo ngepensile enombala.
7 Xelela abafundi ukuba baza kufunda indlela yokubhala la magama ngokudibanisa kwisifundo esilandelayo.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## Ukubhala Ngesandla: Imizuzu 15

### Ukubhala oonobumba /amagama/ ukubhala izivakalisi ngomdibaniso

1 Fundisa bafundi ukubhala ngoonobumba abancinci ngokudibanisa: **xhw**, **ntl**
2 Yenza umfuziselo wokubhala (u)oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonobumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi kwakhona ukubhala oonobumba namagama ebhodini.

## Ukubhala: Imizuzu 30

### Ukushicilela Nokwabelana

**ISIHLOKO:** Bhala inkcazo ngobume bakho/ ngobuwena.

**UMSEBENZI:** Bhala izivakalisi ezili-10 ezizakungena kula ncwadi: Amabali ngobume bethu.

**IFREYIMU YOKUBHALA:**

*Zininzi izinto ezichaza ubume bam……*

*Ndingu…..*

*Ndithetha…*

*Inkcubeko yam …*

*Isiko lam elibalulekileyo...*

*Into ebalulekileyo ngam…..*

*Ndingum…….*

*Abafundi bangasebenzisa ezi ziqali zivakalisi ngendlela elungele bona. Bangazi jika jika ngohlobo abafuna ukuzibhala ngalo. Eziqalayo zingaqhibela njl njl!*


**UKULUNGISELELA:** Phambi kokuba uqale ngesifundo sokubhala, bhala ebhodini isicwangciso obusenze ngoMvulo.

#### YENZA UMFUZISELO UBONISA INDLELA YOKUSHICILELA (NDIYENZA)

1. Khumbuza abafundi ukuba ngoMvulo usebenzise itshekhlisti yokuhlela idrafti.
2. Xelela abafundi ukuba namhlanje siza kushicilela ze sabelane ngemibhalo yethu.
3. Bonisa abafundi indlela yokuphinda ubhale umbhalo wakho nesihloko nomhla.

#### ABAFUNDI BAGQIBEZELA INKQUBO YOSHICILELO (UYENZA)

1. Nika abafundi iincwadi zabo zokubhala**.**
2. Yalela abafundi babhale umhla nesihloko**: Ndingubani?**
3. Abafundi mababhale umbhalo wabo kwakhona ngaphandle kwempazamo.
4. Abafundi bangafaka umzobo ukuba banexesha.
5. Ngelixa abafundi bebhala hamba hamba phakathi kwabo ubambe iingxoxwana nabatsala nzima.



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha LoMsebenzi wokuFunda 10.**
2 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekuufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 10

# Ngolwesine

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Ukutshintsha Isandi

**NDIYENZA......**

1 Baxelele ukuba namhlanje siza kufunda ukujonga umahluko kumagama. Oku kusinceda ukuba sibe ngabafundi abangcono.
2 Bhala la magama mabini ebhodini: **ixhwele, ixhwili**
3 Yenza umfuziselo ubonisa ukufumana umahluko njengalapha : **ixhwele, ixhwili**
4 Cacisa umahluko ku: **/le/** no **/li/** ezi zandi zibizwa ngokwahlukeneyo, kodwa yonke enye into kula magama iyafana!

**SIYENZA...**

**ISIQENDU SOKU 1**

1 Bhala la magama mabini ebhodini: **indlala, indlela**
2 Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
3 Biza umfundi eze ngaphambili aze akrwele umgca ebonisa umahluko kula magama: **indlala, indlela**
4 Baxelele umahluko kumagama.

**ISIQENDU SESI 2**

1 Bhala eli gama ebhodini: **intlaka**
2 Buza abafundi: **Sesiphi isandi onokusitshintsha nesi sandi ukwakha igama elitsha?**
3 Bhala iimpendulo zabafundi usenza uluhlu ebhodini: **faka, iwaka, unyaka**

**UYENZA...**

1 Bhala eli gama ebhodini: **indlela**
2 Yalela abafundi bakhe amagama kangangoko banako, betshintsha isandi esinye kuphela egameni
3 Biza abafundi beze ngaphambili babhale amagama abo ebhodini.
4 Jonga igama ngalinye, ucacisa isandi eso sitshintshiweyo.
**mela, mamela, isela, cela, xela, vela, bhekela**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala:

Imizuzu 15

### Isifundo Sesibini


**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIZITHATHELA ISIGQIBO**

| Itekisi | Ufundo lwesibini (Cinga ngokuvakalayo) |
| --- | --- |
| **<u>UMzantsi Afrika ngowethu sonke</u>**<br>Abantu abahlala eMzantsi Afrika banezinyanya okanye izizalwana ezazivela kwiindawo ezininzi ezahlukileyo. Elinye ilizwe abantu abaseMzantsi Afrika abavela kulo yiBurundi. Abantu abaninzi bemka eBurundi bebaleka imfazwe eyathatha iminyaka eli-13.<br>IBurundi lilizwe elincinane kwiMpuma yeAfrika. Isixeko esiyintloko yiBujumbura. Olona lwimi luthethwa ngabaninzi kuthiwa yiKirundi. Igubu iKaryenda ligubu elivela eBurundi lenkcubeko yabo. La magubu abo abethwa ngemibhiyozo ebalulekileyo njengomugamuro (umbhiyozo wamazimba) neminye imicimbi baluleke ngokukodwa. | |
| 'Phantse luSuku lwezeNkcubeko. Ngomso siza kubhiyozela zonke iinkcubeko ezikhoyo eMzantsi Afrika kunye namasiko!' uMnumzana uDube wachaza. 'Leliphi isiko elibaluleke ngokukodwa kwinkcubeko yakho?'<br>UIthabeleng waphakamisa isandla sakhe. 'Ndithanda xa ingumcimbi obalulekileyo ze mna nomama wam sinxibe izishweshwe!!' watsho.<br>'Oo! Ndithanda umxhentso Indlamu kweyam inkcubeko,' watsho uFunani. | UOlivier unenkcubeko aziqhayisa ngayo, kodwa ayiveli eMzantsi Afrika. Ndiyacinga ingaba yiloo nto ethule engabelani nabanye? |
| UOlivier wahlala ethe cwaka esitulweni sakhe. Wayecinga ngamagubu ayiKaryenda abethwa ngamadoda kwimibhiyozo eBujumbura. 'Ndiyacinga ingaba mna ndivumelekile ukubhiyozela amasiko am njengomBurundi ngoSuku lweNkcubeko?' wacinga njalo. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uOlivier uyayithanda inkcubeko yakhe kwaye uyaziqhayisa ngayo – kodwa unexhala lokuba ayithi gingci kwigumbi lakhe lokufundela laseMzantsi Afrika. |

| Itekisi | Ufundo lwesibini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Yakhala intsimbi ekupheleni kosuku. 'Ningalibali ukuba umntu unxiba nantoni yenkcubeko yakhe ngomso sibhiyozele onke amasiko ethu eMzantsi Afrika!' wachaza uMnumzana Dube.<br><br>'Ingaba ndivumelekile mna ukunxiba ipagne yam? Wazicingela engazi uOlivier. | UOlivier akangomBurundi kuphela – ukwangummi woMzantsi Afrika. Inkcubeko yakhe ivela eBurundi. **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali**, ndithi uOlivier uziva ebhidekile ngento ethethwa luSuku lweNkcubeko kuye. |
| UOlivier wayekhathazekile ngumcimbi wesinxibo soSuku lweNkcubeko kwade kwalixesha lokulala. | |
| Ngobo busuku, uOlivier waphupha ngeklasi yakhe ngoSuku lweNkcubeko. Bonke abantwana babenxibe iimpahla zabo sesintu. Kodwa yena wayengakhangeleki njengabanye. Wayeme embindini wegumbi ngelixa bonke abanye bemkhomba bemhleka.<br><br>'Yintoni leya?' wagigitheka uIthabeleng.<br><br>'AsiyoyaseMzantsi Afrika!' watsho uFunani!<br><br>'UOlivier akangowalapha!' wachaza uMnumzana Dube. | Usizana olunguOlivier lunephupha elibi loSuku lweNkcubeko. **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, unexhala ngendlela yokuba zihlangana njani iimeko zakhe ezimbini zobuyena ude aphuphe kakubi. **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, unexhala kakhulu ngendlela athi gingci ngayo kwabanye. |
| Iphupha elibi likaOlivier laphazanyiswa ngutata wakhe emshukumisa ngokuthambileyo.<br><br>'Olivier, lixesha lesikolo,' watsho uMnumzana Buyoya.<br><br>'Andifuni ukuya esikolweni namhlanje,' waphendula watsho uOlivier.<br><br>'Kuba kutheni, yintoni ingxaki?' wabuza uMnumzana Buyoya.<br><br>'Namhlanje luSuku lweNkcubeko esikolweni. UMnumzana Dube uthe ze sinxibe impahla sibhiyozele inkcubeko yethu yaseMzantsi Afrika. Kodwa mna eyam inkcubeko asiyiyo eyaseMzantsi Afrika,' watsho uOlivier.<br><br>'Ewe, inkcubeko yakho isenokungabi yeyaseMzantsi Afrika, kodwa unayo inkcubeko yakho ebalulekileyo neyodwa. USuku lweNkcubeko lolokubhiyozela bonke abemi boMzantsi Afrika – oko kuquka abemi boMzantsi Afrika beenkcubelo zonke!' watsho uMnumzana Buyoya ngelizwi elithambileyo.<br><br>'Linda apha!' watsho. | Utata kaOliver unceda uOlivier aqonde ukuba ungumBurundi ekwanguye nommi waseMzantsi Afrika – ukukho mfuneko yokuba akhethe kwezi zimbini. Oku kufanele ukuba kumenza uOlivier alive ixhala lihlile kakhulu! |
| Utata kaOlivier wabuya wangena egumbini ephethe ipagne endala waza wancedisa uOlivier ayinxibe. 'Ngoku ukhangeleka ukulungele ukubetha igubu lakho iKaryenda!' watsho uMnumzana Buyoya. | |

| Itekisi | Ufundo lwesibini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| UOlivier wazibuka isinxibo sakhe saseBurundi esipilini. Kodwa uncumo lwakhe lwacima msinya. 'Ndakuthini ukuba kukho othe andinguye omnye wabo? Waba nexhala.<br><br>'Uze umxelele ukuba uMzantsi Afrika ngowethu sonke. Ungummi waseMzantsi Afrika oziqhayisayo onenkcubeko yaseBurundi!' uMnumzana Buyoya wamchazela. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uOlivier uyasithanda isinxibo sakhe kuba uyancuma xa ezibona esipilini. Kodwa usenexhala lento eza kucingwa ngabanye. |
| UOlivier wayebhekabheka njengoko wayesiya kwigumbi lakhe lokufundela. Wazilungiselela ukukhonjwa ahlekwe. Waphindaphinda intetho katata wakhe engqondweni: 'UMzantsi Afrika ngowethu sonke. Ndingummi waseMzantsi Afrika oziqhayisayo onenkcubeko yaseBurundi.' | Utata kaOliver unceda uOlivier azive enokuziqhayisa ngobuyena. |
| Kodwa akuzange kubekho namnye othi uOlivier akanguye omnye wabo.<br><br>Wowu! Ndiyasithanda isinxibo sakho,' watsho uIthabeleng.<br><br>'Ndifuna ukufunda ngenkcubeko yakho!' watsho uFunani.<br><br>'Zonke iinkcubeko zethu zezalapha!' wachaza uMnumzana Dube. | Ndiyakwazi **ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, abafundi beklasi kaOlivier bamenza azive njenowamkelekileyo eklasini yakhe. Oku kufanele ukuba kulithoba kakhulu ixhala! |

| Imibuzo | Iimpendulo ezilindelekileyo |
|---|---|
| Yintoni inkcubeko kaOlivier? | Inkcubeko yakhe yeyaseBurundi. |
| Kwenzeka ntoni ephupheni likaOlivier? | Wonke umntu wayehlekisa ngaye/ Wonke umntu wayemkhomba emhleka./ Utitshala wakhe wamxelela ukuba akanguye omnye wabo. |
| **Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze uOlivier anxibe ipagne yakhe? | • Kuba inkcubeko yakhe yeyaseBurundi ngoko ke wanxiba ipagne ngoSuku lweNkcubeko.<br>• Kuba utitshala wakhe waxelela abafundi ukuba ze banxibe isinxibo esibonisa inkcubeko yabo ngoSuku lweNkcubeko.<br>• Kuba ipagne sisinxibo senkcubeko yakhe.<br>• Kuba utata wakhe wamnceda abe nolwazi lokuqonda kakuhle ukubhiyozela zonke iinkcubeko ezahlukileyo zoMzantsi Afrika.<br>• Kuba waqonda ukuba angaziqhayisa ngobuyena nenkcubeko yakhe noxa ingaveli eMzantsi Afrika. |



## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 10**
2 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe woku1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi2**.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi We-Orali

Imizuzu 15

### AMAGAMA ASEKWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
Point- Khomba igama
Act - bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
Tell - xela (cacisa igama) umzkl: uthando
Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama
- yeyakho
- umnyhadala
- isihlobo

| Umbongo okanye ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Ndakuzijonga ndizibhencabhence | *Jonga ngapha kwegxalaba lakho lasekunene nelasekhohlo* |
| Ndibon'umangaliso wendal'othandekayo | *Beka izandla zozibini esifubeni kwicala lasekhohlo* |
| Ndibalulekile kwaye ndikhethekile | *Zalathe ngesandla uze umise izandla zozibini phambi kwakho unge uyazibuka* |
| Nawe ukwanjalo ukubaluleka | *Yalatha komnye uze umise izandla zakho phambi kwakho unge uyazibuka* |
| Noxa singafani ngamnye unexabiso | *Yalatha kuwe walathe komnye unikine intloko uze umise izandla zakho unge uyazibuka* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala ifreyimu yengxoxo ebhodini:
i.Eli bali lingo…
ii.Into enye endiyifunde kweli bali …….
iii.Eli bali liyangena kumxholo 'Ungubani'ngoba……..

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo ebhodini.

**3** Yohlula abafundi babe **ngamaqela abo amancinci**.

**4** Abafundi mabanikane amathuba kumaqela bephendula umbuzo ngamnye wengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.

**7** Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.

**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi Nezandi Zopelo: Imizuzu 15

### Ukufumana Amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo kwithemu.

| | | |
|---|---|---|
| **ngq** | **xhw** | **ndl** |
| **a** | **t** | **o** |
| **ntl** | **ngq** | **xhw** |
| **e** | **y** | **i** |
| **ntw** | **nty** | **nts** |
| **m** | **u** | **b** |
| **l** | **d** | **h** |
| **n** | **k** | **v** |

#### BONISA ABAFUNDI

1. Hlaziya izandi ezisebhodini
2. Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini.

#### ABAFUNDI BENZE

1. Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala
2. Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3. Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako
4. Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumsebenzi wabo
5. Cela abafundi bakunike amagama abawakhileyo, wabhale ebhodini

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## Ukufunda Notitshala: Imizuzu 15

### Emva Kokufunda

**UBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA/ YENZA UMFANEKISO-NGQONDWENI**

**UKWENZA UMZOBO UBALISA IBALI**

1. Hlalisa abafundi phantsi neencwadi zabo okanye iphepha elingabhalwanga kunye nepensile nekrayoni.
2. Cacisela abafundi ukuba **baza kubhala bazobe** ngendlela umlinganiswa acinga ngayo okanye aziva ngayo ebalini.
3. Yenza **umfuziselo ngendlela okhetha umlinganiswa ze udibanisa imeko** ngendlela acinga naziva ngayo umzkl: UOlivier uhleli egumbini lokufundela uyacinga ukuba ingaba abanye abafundi baza kunxiba ntoni ngola suku lokubhiyozela inkcubeko. Akazi ukuba makathini.
4. Zoba umfanekiso wakho **ebhodini kaModise ehleli eklasini elaqaza.**
5. Yenza **umfuziselo** ufaka ilifu lokucinga kumzobo wakho nesivakalisi esi 1-2ngaphakathi ngolu hlobo: ingaba wonke umntu uziva njengam?
6. Okulandelayo, xelela abafundi ukuba baza kwenza umfanekiso-ngqondweni ngento eyenzeka ebalini.
7. Okulandelayo xelela abafundi ukuba baza kukhetha umlinganiswa ze badibanisa imeko kunye nezabo ngendlela acinga naziva.
8. Cela abafundi bavale amehlo bakhululeke. Bafundele ibali kwakhona kube kanye.
9. Abafundi mabavule amehlo bazobe imifanekiso abanayo engqondweni.
10. Abafundi **mabaguquke bathethe**, besabelana ngemizobo yabo nomlingani.

## Ukufunda Ngamaqela Ancediswa Ngutitshala Imizuzu 30

**AMAQELA:** ____________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 10.**
2. Mabatyhile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacisele iklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli- 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2**.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

imizuzu 15

1. Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2. Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi LwaseKhaya noLwimi Olongezelelweyo LokuQala.
3. Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane iimpendulo zabo neklasi.
4. Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   - a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   - b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke?**
   - c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   - d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   - e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   - f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   - g **Ukuphucule njani ukufunda kule veki?**
   - h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
5. Okokugqibela xelela abafundi bacinge ngezinto zibe mbini abazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki, abaza kuzixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weeveki zonke, uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*